- Izithuthi ezikhethekileyo kunye nemirhumo yenombolo yemvume yobuqu: Ezi ntlawulo zilawulwa yiNRTA. Iirhafu ezimiselwe nguMphathiswa wezoThutho kwaye kusebenze ukususela kowoku-1 kweyoMdumba ku-2003 ayikatshintshi.
- Iintlobontlobo zemirhumo: Le mirhumo ilawulwa nguMthetho weNdlela zoThutho eNtshona Kapa, we-1998 kunye neNRTA. Iirhafu ezimiselwe nguMphathiswa wezoThutho nezisebenze ukususela kowoku-1 kuTshazimpunzi ku-2010 azikatshintshi.
- Imirhumo yemvume esebenzayo: Le mirhumo ilawulwa yiNLTA. Imirhumo imiselwe nguMphathiswa wezoThutho yaza yaqala ukusebenza ngowe-17 kweyoMnga wama-2009 ayikatshintshi.
- Imirhumo yeenkonzo zokuhambisa izithuthi zephondo: (imithwalo engaqhelekanga). Ezi ntlawulo zilawulwa yiNRTA.

Inkcitho yenkqubo

Itheyibhile yesi-3 ibonelela ngeenkukacha ezongezelekileyo kwinkcitho yenkqubo.

T Itheyibhile yesi-3: Inkcitho ngokweNkqubo nganye

Igama lenkqubo	2018/2019			2017/2018		
	Ulwabiwo lokugqibela R'000	Eyona nkcitho R'000	(Ngaphezu)/ ngaphantsi kwenkcitho R'000	Ulwabiwo lokugqibela R'000	Eyona nkcitho R'000	(Ngaphezu)/ ngaphantsi kwenkcitho R'000
Ulawulo	196 359	194 823	1 536	174 981	172 753	2 228
Izibonelelo zeMisebenzi yoLuntu	1 919 926	1 910 819	9 107	1 866 836	1 842 558	24 278
Izibonelelo zezoThutho	3 529 135	3 526 655	2 480	3 438 947	3 429 381	9 566
Imisebenzi yezoThutho	1 325 089	1 325 087	2	1 212 071	1 211 596	475
Imithetho yezoThutho	842 634	841 049	1 585	801 912	794 428	7 484
IiNkqubo eziSekelwe kuLuntu	55 878	55 875	3	53 841	52 904	937
Iyonke	7 869 021	7 854 308	14 713	7 548 588	7 503 620	44 968

I-DTPW ichthe ama-99.8 eepesenti kulwabiwo-mali lwayo kunyaka ophantsi kohlaziyo. Kunyaka-mali odluleyo, ukuchithwa kwemali yolwabiwo-mali ibingama-99.4 eepesenti. Ukukhula kweyona kwenkcitho, xa kuthelekiswa nenkcitho yonyaka odlulileyo, sisi-4.67 seepesenti.

Isibonelelo seMbuyekezo yabaSebenzi (iCOE) yachithwa ngokupheleleyo nesixa-mali kuphela se-R32 000.00 esishiyeke kwiVoti.

Izizathu zonxaxho kwezinye izinto zenkcitho zichazwe ngokweNkqubo nganye apha ngezenzi.

Inkqubo yoku-1: Ulawulo

Kugqitywe ukuba, endaweni yokuhlaziywa kwezicwangciso zothutho oludibeneyo (ii-ITP), uhlaziyo olupheleleyo lwee-ITP luze kwenziwa. Olu hlaziyo lwenziwe ngexesha lonyaka-mali wama-2018/19 nowama-2019/20.

Inkqubo yesi-2: Izibonelelo zeMisebenzi yoLuntu

Inani elincinci leengxelo zovavanyo lwemeko yesakhiwo laqalwa lwaza lwagqitywa ngaphezu kokuba bekucwangcisiwe, kwaye kubekho ukuchithwa ngaphantsi kwisibonelelo seendlela zokuhanjiswa kwenkonzo engenye ngenxa yokunyuka kwini lezithuba zomsebenzi ezizalisiweyo.

Inkqubo yesi-3: Izibonelelo sezoThutho

Oomasipala abawafakanga amabango ezibonelelo zabo zolwakiwo nolondolozo lweziseko ezingundoqo zezothutho ngexesha lonyaka-mali wama-2018/19. Oku kukhokelele ekuchithweni okumiselweyo kwiNkqubo zeentlawulo zodluliselo njengoko oomasipala bengakhange baziphumeze iiprojekthi zesibonelelo njegoko bekucwangcisiwe.

Inkqubo yesi-5: ImiMiselo yezoThutho

Kubekho ukuchithwa ngaphantsi kubonelelo lwesabelo sengqesho yemali yezothutho lwezithuthi zikarhulumente.

4.4 Utshintshelo nonatyiselo

Utshintshelo

Itheyibhile yesi-4 ibonelela ngeenkukacha kutshintshelo oluqale kunyaka ophantsi kohlaziyo.

Itheyibhile yesi-4: Utshintshelo lowama-2018/19

Elona Candelo isuka kulo	Ukuya	R'000	Isizathu
1. Ulawulo	4. Imisebenzi yezoThutho	8 904	UMbindi weDatha.
2. Izibonelelo zeMisebenzi yoLuntu	3. Izibonelelo zezoThutho	8 882	Unikezelo lwezibonelelo zendlela ngokukhawulezileyo.
	4. Imisebenzi yezoThutho	1 673	UMbindi weDatha.
	5. Imithetho yezoThutho	37 983	Imirhumo ye-arhente ehlawulwa koomasipala ngenxa yokugqithisa kwemali yemirhumo yemvume yokuqhuba.
	6. IiNkqubo eziSekelwe kuLuntu	2 093	Uqeqesho nophuhliso lwabafundi ngezakhono ze-EPWP.
		112	Izixhobo zekhompyutha.
3. Izibonelelo zezoThutho	1. Ulawulo	4 297	Ukulungelelaniswa kwakhona kweCOE.
	2. Izibonelelo zeMisebenzi yoLuntu	500	Ukulungelelaniswa kwakhona kweCOE.
	4. Imisebenzi yezoThutho	856	Ukulungelelaniswa kwakhona kweCOE.
	5. Imithetho yezoThutho	614	Ukulungelelaniswa kwakhona kweCOE.
		107	Isibonelelo sekhefu lomhlala-phantsi samagosa ezendlela.
6. IiNkqubo eziSekelwe kuLuntu	5. Imithetho yezoThutho	1 933	Ukulungelelaniswa kwakhona kweCOE.

Unatyiselo

Itheyibhile yesi-5 ibonelela ngeenkukacha kunatyiselo olucelwe ukususela ngowama-2017/18 ukuya kowama-2018/19.

Ittheyibhile yesi-2: Unatyiselo olucelwe ukususela Rollovers requested from 2017/18 to 2018/19

Inkqubo	R'000	Injongo
Inkqubo yesi-2: Izibonelelo zeMisebenzi yoLuntu	4 700	Ukukhusela amaziko asibhozo oPhuhliso lwezeNtlalontle kumaziko okhathalelelo lwabantwana nolutsha (iiCYCC) kunye neshumi lamaziko oLawulo lweNtshona Kapa nolawulo lwamaziko e-ofisi ngokwemiqathango yesiCwangciso sokuQhubeka kweShishini laManzi.
	5 683	Ukugqityezelwa kolwakiwo lwegumbi lokulala kwiZiko loKhathalelo laBantwana noLutsha, eClanwilliam.
	3 388	Ukubonelela ngeendlela ezizezinye zokuhanjiswa kweenkonzo kwiziseko ezingundoqo zeMpilo nezeMfundo.
	4 000	Ukubonelela ngokunyuka kwamaxabiso erhafu epropati.
Inkqubo yesi-3: Izibonelelo zezoThutho	6 048	Ukubonelela ngoncedo lwezemali kuMasipala waseSwarthland ngeprojekthi yebhulorho eMalmesbury.
Iyonke	23 819	

4.5 Ukugcinwa ingeniso

Ittheyibhile yesi-6 ibonelela ngeenkukacha zokugcinwa kwengeniso ukususela ngowama-2017/18 ukuya kowama-2018/19.

Ittheyibhile yesi-6: Ukugcinwa kwengeniso ukususela ngowama-2017/18 ukuya kowama-2018/19

Inkqubo	R'000	Injongo
Inkqubo yoku-1: Ulawulo	1 000	Ukufumana iinkonzo zomvavanyi wobungakanani bokwakha ithala leencwadi lezicwangciso zokunika amaxabiso kunye nephepha lesaziso sobuninzi bezivumelwano zokwakha zeSebe.
Inkqubo yesi-2: Izibonelelo zeMisebenzi yoLuntu	12 500	Ukubonelela ngolondolozo olucwangcisiweyo kwizakhiwo zephondo jikelele.
	3 160	Ukubonelela ngekhefu lomhlala-phantsi (i-R0.660 m), imirhumo yezomthetho (i-R1.5 m) noomatshini nezixhobo zabasebenzi abatsha (i-R1 m).
Inkqubo yesi-3: Izibonelelo zezoThutho	3 781	Iza kusetyenziswa nguMasipala weSithili seGarden Route ukuphendula kumonakalo womilo eKynsna kweyeSilimela wama-2017.
Inkqubo yesi-4: iMisebenzi yezoThutho	9 000	Ukubonelela ngophuhliso oluthe kratya lweZiko lezoThutho eliHlanganisiweyo eliphucula ukusebenza ngokukuko, ukusebenza ngempumelelo kunye nokwenza ingxelo ngokusetyenziswa kweenkcukacha ezintsha.
	3 666	Ngokukhusela kunye nongenelelo ngoncedo lweziseko ezingundoqo zikaloliwe elunxwemeni lwaseGlencairn.
Inkqubo yesi-5: Imimiselo yezoThutho	445	Ukubonelela ngekhefu lomhlala phantsi (i-R0.219 m), amabango ngakurhulumente (R0.048 m), ilahleko yengozi yesithuthi (R0.172 m) kunye nemirhumo yomnikelo (R0.006 m).
	3 038	Ukubonelela ngesixhobo sokuphefumla.
	5 282	Ukubonelela ngetekhnoloji yezithuthi yamagosa ezendlela (R3.617 m), iyunifomu yokujikeleza kwabafundi (R0.604 m) njengenxalenye yenkqubo yokhuseleko yeSebe, izixhobo zokuphefumla ezilahwayo (R0.161 m) kunye nophuhliso lweNkqubo yokuSebenza koLawulo lezoMthetho (R0.9 m).

Inkqubo	R'000	Injongo
	30 000	Iza kusetyenziselwa ukunyusa umrhumo we-arhente ohlawulelwa oomasipala malunga nokuqokelelwa kwemirhumo yemvume yezithuthi.
Iyonke	71 872	

4.6 Inkcitho engagunyaziswanga, etenxileyo nengenanzuzo

Izizathu zenkcitho engagunyaziswanga, etenxileyo nengenanzuzo nenkcitho nechongwe ngowama-2018/19, izixa-mali ezichaphazelekayo, kunye namanyathelo athatyathiweyo ukunqanda ukungenzeki kwakhona koku, zichaziwe apha ngezantsi.

Inkcitho engagunyaziswanga

Inombolo yefayile	Inkcazelo	Isixa-mali	Amanyathelo olungiso
-	-	Asikho	-

Inkcitho engenanzuzo neyilahleko

Inombolo yefayile	Inkcazelo	Isixa-mali	Amanyathelo olungiso
-	-	Asikho	-

Inkcitho etenxileyo

Itheyibhile engezantsi ibonisa amatyala avelayo ngowama-2018/19.

Inombolo yefayile	Inkcazelo	Isixa-mali	Amanyathelo olungiso
FC 3/6/1/4/152	Ukungathobeli iMiyalelo yezeMali-ukugqitha kwimida evunyiweyo.	R 640.00	Kuthunyelwe kubudlelwane bezabasebenzi ukuze kuthathwe amanyathelo oluleko.
FC 3/6/1/4/153	Ukungathotyelwa kweNkqubo yokuThenga ngokuKhethekileyo kunye ne-NTI 3 yama-2017/18, umhlathi wesi-4.18	R447 450.00	Kuthunyelwe kubudlelwane bezabasebenzi ukuze kuthathwe amanyathelo oluleko.

4.7 Izicwangciwo zexesha elizayo zeDTPW

Olu wiso-mthetho nemicimbi yomgaqo-nkqubo zizakuqaliswa:

- UMthetho woLawulo lwee-Asethi ezingaShenxiswayo waseNtshona Kapa kunye nemimiselo yawo uqulunqelwa ukufakwa endaweni yoMthetho woLawulo loMhlaba waseNtshona Kapa;
- Umthetho wezoThutho lweNdllela wePhondo leNtshona Kapa uza kulungiswa ukubonelelwa koMphathiswa ukwenza imimiselo equka uthinjo;
- UMthetho siSekelo osaYilwayo wezoThutho loLuntu lwaseNtshona Kapa uza kuphuhlisa;
- Umgaqo-nkqubo oHlaziyiweyo wokuThatha inxaxheba koLuntu kwiiProjekthi zeZibonelelo; kunye;
- NesiCwangciso sobuChwephesha bale mihla siza kuphuhlisa.

Ukongeza, iDTPW iza:

- Kuqhubeka ngophunyezo lweNkqubo yeBhasari yeMasakh'iSizwe;
- Kukhusela isiseko see-asethi zephondo zeendlela kunye nezakhiwo zokwakha kangangoko kunokwenzeka kwinqanaba ngalinye lobomi bazo ngokugxila ekusombululeni ukusilela kulondolozo ukuze kuqhubeke ukuzisa ixabiso kubemi beNtshona Kapa;
- Kuqhubeka ngokuphuhlisa isiCwangciso seNdawo yokuHlala eVeleleyo;
- Kuphuhlisa iNkqubo yoLawulo lweNkcukacha zee-Asethi eziHlanganeyo ukuphucula ulawulo lwee-asethi zephondo;
- Kuqhubeka ukuphumeza iNkqubo yezoThutho oluZinzileyo lwePhondo ejongene nokukhawulelana neemfuno zokuhamba kwezothutho ekubekeni phambili oomasipala;
- Kuqhubeka nokuphakamisa izinga lezinto ezintsha nobuchwepheshe obutsha kwicandelo lezothutho, i-ITIH, kananjalo nolawulo lwee-asethi ezingashenxiswayo ukuphucula ngempumelelo kananjalo nokuqokelela ngokukhawuleza iinkcukacha ezithe kratya zolawulo; kunye
- Nokuqhubeka ukomeleza ngakumbi ubuchule kunye nobugcisa ngaphakathi kwiSebe.

UbuHlakani Phakathi kukaRhulumente namaShishini aBucala (iiPPP)

Ii-PPP zixhasa amacandelo karhulumente kunye nawabucala ukuba basebenzisane kunye ukuxhasa kunye nokwakha izibonelelo. IiPPPs zilawulwa ngumMiselo ka-Nondyebo we-16 kunye ne-PFMA. Umjikelezo weprojekthi yePPP uqulethe amanqanaba amane kunye nokuvunywa nguNondyebo kaZwelonke (uNT) kufuneka kufumaneka kuwo onke amanqanaba njengoko kubonisiwe apha ngezantsi.

Inqanaba lokuvunywa	Inkcazelo
TA I	Ukuvunywa kwesifundo sokufezekisa iprojekthi nguNT.
TA II A	Ukuvunywa kwamaxwebhu entengiso, kuquka uyilo lwesivumelwano sePPP nguNT.
TA II B	Ukuvunywa kwengxelo ebonisa ukusetyenziswa kwesigqibo seePPP kuvavanyo lokunika amaxabiso, bakholiseke njani ngesiniki maxabiso esifunekayo, kunye nezinye iinkcukacha ezifunwa nguNT.
TA III	Ukuvunywa kwesivumelwano sePPP nguNT esiqinisekisa ukuba iprojekthi iyahambelana nomMiselo kaNondyebo we-16.

Qaphela: Ishedyuli yezivumelwano zikaNT zoBambiswano lwamaQumrhu oLuntu nawaBucala

Iprojekthi	Inqanaba lokuvunywa nguNondyebo				Izimvo
	TA I	TA IIA	TA IIB	TAIII	
iChapman's Peak Drive				X	I-Chapman's Peak Drive iyaqhubeka ukusebenza njengendlela yerhafu ngokumalunga noMthetho weeNalela zeRhafu eNtshona Kapa, we-1999 (uMthetho we-11 we-1999). Imvume yesivumelwano isebenza kude kube ngowama-2033.

Ubambiswano kwiPropati

Kwicandelo lophuhliso lwepropathi, eyona ndawo iphambili yayikukusetyenziswa kwe-asethi zobuchule ezibekwe embindini. Iindawo zabasunguli beGadi/i-Artscape neSomerset zachongwa ngenjongo yokuphuhlisa iindawo zokuhlala.

Inkqubo-sikhokelo evunyiweyo yokuphuhliswa kweGadi yaBasunguli, ukucandwa ngokutsha komhlaba kunye nesicwangciso sendawo eyoneleyo iyanelisile imiqathango yecandelo lama-136 (4) (11) leNkqubo yoLawulo loPhuhliso (iDMS) okuthetha ukuba ukucandwa kwemida yangoku kweShishini Jikelele (iGB7) kwakunye nokusuka okunxulumene noko kunye nokuvunywa kweBhunga kusebenza ngokusisigxina. Umbono oyilwayo kunye nemeko ezahlukeneyo zokusetyenziswa komhlaba ziyaphuhliswa ukuze zinikwe iKhabhinethi ngenkxaso yayo kwindlela eya phambili.

Isicelo sokwabiwa ngokutsha komhlaba weSomerset Precinct samkelwa kweyoKwindla wama-2019. Nangona kunjalo, imiba emibini ithe yanegalelo ekulibazisekeni kwenkqubo yocwangciso: ukuhlala ngokungekho mthethweni kwindawo eyayifudula isisiza seHelen Bowden's Home, kunye nebango lobunini bomhlaba weNkonzo yeLebhu yezeMpilo kaZwelonke (iNHLS) malunga nepropathi. Inkqubo yomthetho yokugxotha okanye yokufudusa abahlali ngokungekho mthethweni iyaqhubeka, kananjalo nenkqubo yokubuyisa ipropathi yeNHLS.

Iprojekthi yoTshintsho lweZinto

Itheyibhile engezantsi ibonelela ngesishwankathelo senqanaba eliphezulu lwemeko yangoku yeprojekthi yotshintsho lwezinto yeDTPW.

Iprojekthi	Izimvo
Iprojekthi eyiModeli yokuPhila Ngcono (iBLMEP) –uTshintsho lweZinto eConradie	IsiVumelwano sokuFumaneka koMhlaba noPhuhliso (iLADA) lweBLMEP eConradie sigqityiwe saza satyikitywa ngawo onke amaqela kweyeDwarha wama-2018. KweyomNga yowama-2018 uRhulumente weNtshona Kapa wagqiba ekubeni angahlali kwiLADA, saza isixeko saseKapa sagqiba ekunikeleni ngenkxaso-mali kwiprojekthi yesiBonelelo soPhuhliso loZinziso lweeDolophu (USDG). Zonke izinto ezandulelayo ezinemiqathango zeLADA zafezekiswa, kwaye ipropathi yenziwa ukuba ifumaneke ngokusesikweni kumakhi. Umsitho osemthethweni wokuguqula isoyi wenzeka ngowe-16 kweyoMqungu wama-2019.

4.8 Imisebenzi eyekiweyo

Akubangakho misebenzi ingagqitywanga kwingxelo.

4.9 Imisebenzi emitsha ecetywayo

Akubangakho misebenzi mitsha okanye ecetywayo kwingxelo.

4.10 Ulawulo lweNtengo (impahla neenkonzelo)

Akubangakho zibizi maxabiso zingacelwanga ezigqityiweyo kunyaka ophantsi kohlaziyo.

Iinkqubo zokusebenza ezisemgangathweni (iSOP), itemplate kunye nezixhobo zikhona ukunciphisa umngcipheko wenkcitho etenxileyo ngokuyilwa nokumiliselwa kolawulo lomcuphi, lokulungisa kunye nothintelo kubathunywa beSCM beAO kunye nabathunywa abahamba nabo. Kukho ukubekwa esweni okuqhubekayo kwempahla kunye nolawulo lweenkonzo ngovavanyo lokuthobela.

Indlela entsha yentengiso yokhenketho neendawo zokuhlala iye yaphunyezwa njengeniyathelo lethutyana lokuhlengahlengisa inkqubo yentengo, de kube lixesha apho uMgaqo-nkqubo oXananazileyo woHambo neNdawo yokuHlala ugqitywa nguNondyebo wePhondo.

Isivumelwano esitsha somgangatho wempahla neenkonzelo uphuhlisiwe kwaye sele sisetyenziswa kwiSebe. Kungokunje iphantsi koqwalaselo lweenkonzo zezoMthetho malunga nokufaka isicelo kuye wonke uRhulumente weNtshona Kapa ngokuvunywa nguNondyebo WePhondo.

Abathunywa beSCM ye-AO baphononongiwe, baya kulungelelaniswa neMiyalelo kaNondyebo wePhondo omtsha xa sele ikhutshiwe, emva kokuba kugqityiwe kukhutshelwe kwiSebe kunyaka-mali wama-2019/20.

Eyona mingeni ingundoqo enxulumene neSCM ibandakanya:

- Inyaniso yokuba inkqubo yoLawulo lweMali eHlanganiswe ngokuxananazileyo isephantsi kophuhliso;
- Ukunqongophala kwenkqubo esemgangathweni yolawulo lweprojekthi ilungiselelwe iSebe;
- Inyaniso yokuba inkqubo-sikhokelo yowiso-mthetho yeSCM iphantsi koqwalaselo kunye nemingcipheko yolawulo lotshintsho olunokubakho kunxulumano; kunye
- Nophunyezo loVimba weNkcukacha zabaThengisi phantsi koLawulo oluyiNtloko lukaZwelonke (iCSD) neziphumo zayo kubanikezeli beenkonzo nako nokontraktha.

Le miceli mngeni ixhalabise ngokukodwa, ngenxa yokuba iSebe linika iinkonzelo zonikezelo- kunye neprojekthi. Le mingeni yancitshiswa okwethutyana ngo:

- Yilo lwezixhobo ezisemgangathweni kunye neetemplate;
- Setyenziso lombane neenkonzelo zawo;
- Ukuphunyezwa okungaphaya kokusetyenziswa kwenkqubo ethile yoLawulo lweProjekthi yeShishini, ngokusekwe kwiimfuno zeNkqubo yokuLawulwa kokuNikezelwa kweziSeko (i-IDMS);
- Ukujongana nemiceli mngeni efunyanwa kwiCSD kwimeko ngemeko.

4.11 Izipho kunye neminikelo efunyenwe ngohlobo oluvela kumaqela angahambelaniyo

Akukho zipho naminikelo efunyenweyo kumaqela angahambelaniyo.

4.12 Ukhululo nokumka kwemali okufunyenwe kuNondyabo kaZwelonke

Umgangatho wemali oququlweyo uxolela isebe ekurekhodweni kwengeniso yerhafu. Oku kuthetha ukuba, iSebe akufuneki longeze naziphi na izinto ezifunyanwayo okanye ezihlawulwayo ezinje ngenzala okanye ezinye iintlawulo ezinxulumene ngqo nokuhlululwa okanye ukuqokelelwa kwerisithi yerhafu.

4.13 Izehlo emva komhla wokunika ingxelo

Ngexesha lentetho yohlahlo-lwabiwo mali lowama-2018/19 ngomhla wama-21 kweyoMdumba wama-2018, uMphathiswa wezeMali ubhengeze ukuba iRhafu yeXabiso eloNgezelelweyo (iVAT) kwizinto ezirhafelwayo kunye neenkonzozo ziya kunyuka ukusuka kwiipesenti ezili-14 ukuya kwiipesenti kwezili-15 ukususela ngomhla woku-1 kuTshazimpunzi wama-2018. Ukunyuka kweVAT kubenefuthe le-R27 m kwiingxelo zemali ye-DTPW.

4.14 Ezinye

Ayiko eminye imiba kwiingxelo.

4.15 Imibulelo

Ngomhla wesi-3 kweyeNkanga wama-2018, iSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu lafumana iZiko lokuPhuculwa kweNkonzo kaRhulumente (iCPSI) "Ukusetyenziswa ngobuchule kweTekhnoloji yeeNkcukacha zoNxibelelwano (i-ICT) yokuHanjiswa kweNkonzo ngokukuko" kumsitho we-16 woNyaka weNkonzo zoLuntu eTshwane. Iwonga limele ulwamkelo oluzimeleyo lwamagalelo enziwe liSebe le-ITIH ekuphuculeni ukhuseleko ezindleleni nolawulo lwezothutho eNtshona Kapa.

UMphathiswa wePhondo uDonald Grant unikezele ngamabhaso enkonzo ende kubasebenzi abaneminyaka eli-10, engama-20, engama-30 nengama-40 bezinikele emsebenzini:

Iindidi	Iminyaka eli-10	Iminyaka engama-20	Iminyaka engama-30	Iminyaka engama-40	Iyonke
Inani labaxhamli	184	30	67	4	285

Ngelixa kuqatshelwa ukuba lisoloko likhona ithuba lokwenza ngakumbi, abasebenzi abaninzi basebenza iiyure ezinde kwaye bezama ngamandla ukuxhasa iSebe kwiinzame zalo zokubonelela ngenkonzo ekumgangatho wehlabathi kubantu beNtshona Kapa, indlela eqhubekayo yokwenza ngcono nangakumbi. Oku kuzimesela kuxatyiswe nyani kwaye kuyancomeka.

Senza umbulelo nokuncoma ngokungazenzisiyo kuMphathiswa wePhondo uGrant ngobunkokeli bakhe ngexesha lakhe e-ofisini. ISebe limnqwenelela okuhle kodwa kwiinzame zakhe zexesha elizayo.

liNgxelo zeMali zoNyaka ezichazwe kumaphepha wama-248 ukuya kuma-349 ngokwenjenje zamkelwe.



JT Gooch

IGosa eliPhendulayo

ISebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu

Umhla: wama-30 kweyeThupha wama-2019

5 Ingxelo yoxanduva nengqinisekiso yokuchaneka kweNgxelo yoNyaka

Ngokolwazi lwam nenkolelo yam, ndiyakuqinisekisa oku kulandelayo:

- Zonke iinkcukacha nezixa zemali ezidaluliweyo kuyo yonke leNgxelo yoNyaka ziyavumelana.
- INgxelo yoNyaka iphelele, ichanekile kwaye ayinamakhwiniba.
- INgxelo yoNyaka ilungiselelwe ngokwezikhokelo zeNgxelo yoNyaka ezikhutshwe nguNT.
- IiNgxelo zeMali zoNyaka (iCandelo E) zilungiswe ngokolungiselelo lomgangatho wemali kwaye iziseko nezikhokelo ezifanelekileyo zikhutshiwe nguNT.
- U-AO unoxanduva lokulungisa iiNgxelo zeMali zoNyaka kwaye izigqibo zenziwe kwezinkcukacha.
- U-AO unoxanduva lokumisela nokuphunyezwa kwenkqubo yolawulo lwangaphakathi eyilelwe ukunikeza ngengqiniseko eyiyo njengemfezeko nokufaneleka kolwazi lokusebenza, iiNgxelo zeMali yoNyaka kunye, ngokuhambelana nesiseko solawulo oluvumelanayo neZiko leeNkonzo zeNtsebenziswano (iCSC) kwiSebe leNkulumbuso (iDotP), ngokwenkcukacha zabasebenzi (iHR).
- Abaphicothi bangaphandle bayabandakanywa ekuvezeni olwabo uluvo oluzimeleyo kwiiNgxelo zeMali zoNyaka.
- Ngokolwam uluvo, iNgxelo yoNyaka ibonisa ngobulungisa bemisebenzi, ulwazi ngomsebenzi, ulwazi lwabasebenzi kuye nemicimbi yemali yeSebe kunyaka-mali ophela ngowama-31 kweyoKwindla ku-2019.

Owenu ozithobileyo



JT Gooch

IGosa eliPhendulayo

ISEbe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu

Umhla: wama-30 kweyeThupha wama-2019

6 Isishwankathelo sesicwangciso

6.1 Umbono

I-Sebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu (iDTPW) yamkela umbono kaRhulumente waseNtshona Kapa njengoko kuqulathiwe kwiQhinga lesiCwangciso sePhondo ukususela ku-2014 ukuya kuma-2019:

“Ithuba elivuleleke kuluntu lonke”.

Umbono weDTPW uhambelana nombono kaRhulumente weNtshona Kapa:

“Ukukhokela ekuhambiseni izibonelelo nokunxulumene neenkonzozikarhulumente”.

6.2 Umnqophiso

“I-DTPW ihambisa izibonelelo neenkonzozikarhulumente ukukhuthaza uqoqosho loluntu oluneziphumo nolukhuselekileyo, uluntu oluxhotyisiweyo noluhlangeneyo”.

6.3 Iimpawu zentsulungeko

I-DTPW ivumelana ngokupheleleyo nezona mpawu zentsulungeko zeWCGI:



Caring

Ukukhathala



Competence

Ubuchule



Accountability

Uxanduva



Integrity

Imfezeko



Responsiveness

Ukuphendula

Zonke ezi mpawu zentsulungeko zixhaswe kukusebenzisana. Inkcazelo ecace ngokupheleleyo kokuthethwa luphawu ngalunye lwentsulungeko iyalandela.

Itheyibhile yesi-3: Iimpawu zentsulungeko kunye neengxelo zokuziphatha zephondo

Iimpawu zentsulungeko	Ingxelo yokuziphatha
Ukukhathala	<p>Siyakwenza iinzame zokuziqonda iimfuno zoluntu kwaye sithathe ingqalelo.</p> <p>Siyakubonisa intlonipho kwabanye.</p> <p>Siyakuphatha abasebenzi ngaphezu kokuba bengabasebenzi nje kwaye siyakubaxabisa njengabantu.</p> <p>Siyakuvelana nabasebenzi</p> <p>Siyakugxininisa kwimbonakalo entle yendawo yokusebenza.</p> <p>Siyakunika isigxeko esakhayo xa kuyimfuneko oko.</p>

Iimpawu zentsulungeko	Ingxelo yokuziphatha
Ubuchule	<p>Siyakwenza iinzame zokuqinisekisa ukuba abasebenzi banako ukwenza imisebenzi abonyulelwe ukuba bayenze, ukuba bazifake engqondweni iimpawu zentsulungeko zeDTPW, kwaye basoloko bezama ukubalaseka.</p> <p>Siyakuzisebenzela iziphumo kwanokujoliswe kuko ngomsebenzi osemgangathweni, ngokohlahlo-mali, kwaye ngexesha elililo.</p> <p>Sisaza kwenza iinzame zokufumana ezona ziphumo zincomekayo ukukhonza bonke abantu baseNtshona Kapa.</p> <p>Siyakusebenzisana ukuze sihlangebazine neemfanelo ezisemthethweni kwaneembophelelo zegunya lethu lonyulo.</p>
Uxanduva	<p>Siziqonda ngokupheleleyo iinjongo zethu, iindima, esikwabelweyo, noxanduva. Sizibophelele ekuhambiseni zonke iimveliso ekuvunyelwene ngazo ngexesha elifanelekileyo.</p> <p>Siyakuqinisekisa ngokuthatha uxanduva kumntu ngamnye ngomoya wokuthembana kwanokugcina iimbophelelo zethu.</p> <p>Ngokomntu ngamnye siyakuthatha uxanduva lobumnini kwiziphumo zomsebenzi wethu kwaye sizivume iziqhamo zokungakwenzi oko.</p>
Imfezeko	<p>Siyakufuna ukuqonda nangaphezulu okuyinyani kuso sonke isimo kwaye sisebenze ngemfezeko ngawo onke amaxesha.</p> <p>Siyakunyaniseka, sibonise intlonipho, kwaye senze okuhle ngokweempawu zentsulungeko</p> <p>Siyakwenza okufanelekileyo nokuthembekileyo ngawo onke amaxesha, senze oko sithe siyakukwenza.</p> <p>Siyakusebenza ngemfezeko ngawo onke amaxesha kwaye sibengumzekelo omhle, ukuqinisekisa ukuba asilwenzi urhwaphilizo.</p>
Inguqu	<p>Sifuna ukuphumeza iingcamango ezintsha, sidale amathuba enkonzo etshintshantshintshayo kwanenkonzo ephucukileyo.</p> <p>Sizama ukuba ngoongqondongqondo abacinga nzulu abanako ukuqubisana nemingeni kwanamathuba kwiinkalo zonke.</p> <p>Singabemi ababikayo nabanakho ukuvelela zonke iinkalo kwanokufumana amacebo kwizisombululo.</p> <p>Sibaxabisile abasebenzi bethu abazibuzayo izinto esizenzayo ngenjongo zokuhlaziya, zokugcina nokuphucula ezo zinto.</p> <p>Sibeka imeko apho iingcinga ezintsha zikhuthazwayo kwaye zivuzwayo.</p> <p>Siyaziqonda iimpazamo ezenziwe ngentembeko, kwaye siyabavumela abasebenzi ukuba bafunde nto kuzo.</p> <p>Sisombulula iingxaki ngokumbambiseneyo ukuqonda iinjongo zesicwangciso zombuthoWe seek to implement new ideas, create dynamic service options and improve services.</p>
Ukuphendula	<p>Siyakuzithatha nzulu izimvo zoluntu, silumamele kwaye silive ilizwi labantu (simamele kakhulu kwaye sithethe kancinci).</p> <p>Siyakuphendula kuzo zonke iimeko ngexesha elifanelekileyo, sisoloko sizibuza ukuba ingaba yimpendulo eyiyo na, apho sense okungalunganga, kwaye singenza njani ukuze sibonelele ngenkonzo engcono.</p> <p>Siyakubandakanya ngentsebenziswano omnye nomnye, abethu abachaphazelekayo, kwanoonondaba, ukubanika iinkcukacha ezipheleleyo.</p> <p>Sisebenzela ukuba nezona ziphumo zingcono kubantu esibakhonzayo kwaye siyakusebenza ngengxelo esiyifumanayo.</p>

7 Umthetho namanye amagunya

Igunya leDTPW lisuka kuMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, we-1996, (emva koku ubizwa ngokuba nguMgaqo-siseko) kunye noMgaqo-siseko weNtshona Kapa,

wama-1997 (UMthetho woku-1 wama-1998). Amanye amagunya avumelana naxanduva, ngelixa amanye aluxanduva kuphela lweendawo zikarhulumente wephondo. La magunya, kwanalawo avela kumthetho nakwimigaqo-nkqubo esebenzayo, athiwe thaca kwelicandelo.

Umsebenzi	Uwiso-mthetho
Ezothutho	<p>UMthetho woLawulo lokuGweba aMatyala oThutho lwezeNdlela we-1998 (uMthetho wama-46 we-1998) (i-AARTO)</p> <p>Ukhuthaza umgangatho woThutho lwezeNdlela ukubonelela ngenkqubo yokunqanda ulwaphulo-mthetho kwezoThutho lwendlela; iququzelela isigwebo solwaphulo-mthetho; ixhasa utshutshiso lwaboni ngokuhambelana nemithetho kazwelonke neyephondo ngokubhekiselele kuthutho lwendlela; iphumeza inkqubo yokusilela kwamanqaku; ibonelela ngokusekwa kwe-arhente yokulawula inkqubo; ibonelela ngokusekwa kwebhodi ukumela i-arhente; kwaye ikwabonelela ngokunxulumene nemiba yoku.</p>
	<p>UMthetho weNtengiso eCaleni kweNdlela noPhuhliso lweRibhini, we-1940 (uMthetho wama-21 we-1940)</p> <p>Ufuna iDTPW ilawule umboniso weentengiso ngaphandle kweedolophu ezithile kwimimandla ebonakala kwiindlela ezazisiweyo zephondo; kunye nokufaka okanye ukushiya oomatshini abangasetyenziswayo okanye abalahlwayo; kwaye kwakhiwe, ulwakhiwo, okanye kubekwe izakhiwo nezinye izinto ecaleni kweendlela ezithile ezaziwayo ephondweni; kunye nofikelelo kumhlaba othile ukusuka kwiindlela ezinjalo.</p>
	<p>UMthetho woMhlaba wezoThutho kaZwelonke, wama-2009 (uMthetho wesi-5 wama-2009)</p> <p>Ubonelela ngenkqubo yenguqu nohlengahlengiso lweNkqubo yoMhlaba wezoThutho kaZwelonke oqalwe nguMthetho woTshintsho loMhlaba wezoThutho kaZwelonke, wama-2000 (uMthetho wama-22 wama-2000) ngokusebenzisa:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Uqulunqo nophunyezo lomgaqo-nkqubo womhlaba wezoThutho wephondo kunye nesicwangciso; • ukucwancisa, ukuququzelela, nokwenziwa lula kwemisebenzi yomhlaba wezoThutho; • intsebenziswano phakathi koomasipala; kunye • unxibelelwano namanye amasebe karhulumente.
	<p>UMthetho weNdlela yezoThutho kaZwelonke, 1996 (uMthetho wama-93 we-1996)</p> <p>I-DTPW, neLungu leBhunga elisisiGqeba (iMEC) [uMphathiswa wePhondo] njengomthetho okhethekileyo, kufuneka uqinisekise ukuba yonke imisebenzi enxulumene nobhaliso kunye nonikezelo lwamaphepha-mvume ezithuthi, ukulungela komqhubi ukuvavanywa nokulungela kesithuthi ukuvavanyo kuyenziwa. Ukongeza, iDTPW inoxanduva lokulawula iziganeko ezithatha indawo kwiindlela zikawonkewonke.</p> <p>I-NRTA ilawula ubhaliso nonikezelo lwamaphepha-mvume ezithuthi, abavelisi, abakhi kunye nabangenisi; ukulungela komqhubi; umsebenzisi wokulungela; ukhuseleko endleleni; izalathisi zoThutho lwendlela; imiqathango yesantya; iingozi kunye neengxelo zeengozi; ukuqhuba kakubi okanye ukungahoyi; ukungakhathali; ukuqhuba phantsi kwempembelelo zotywala okanye ukusebenzisa iziyobisi ezidakumbisayo; kwakunye namatyala ezothutho lweendlela ezintlobontlobo.</p>

<p>Umsebenzi</p>	<p>Uwiso-mthetho</p>
	<p>UMthetho weNkqubo-sikhokelo yeziQinisekiso kaZwelonke wama-2008 (uMthetho wama-67 wama-2008) (iNQF) Ubonelela ngophuhliso oluphambili, ukusekwa nokulawulwa kweNkqubo-sikhokelo yeziQinisekiso kaZwelonke (NQF). Unxulumano ne: iinkqubo zemfundo okanye iinkqubo zokufunda ezikhokelela kwiziqinisekiso okanye inxalenye-yeziqinisekiso ezinikelwayo kwiRiphabliki ngamaziko emfundo; kunye nababoneleli bophuhliso lwezakhono.</p>
	<p>UMthetho weNtsebenziswano oLawula uThutho lwezeNdlela, we-1999 (uMthetho wama-20 we-1999) Ubonelela, ngokomdla woluntu, ngentsebenziswano noququzelelo lweqhinga lesicwangciso, ulawulo, ukwenze lula, kunye nonyanzeliso-mthetho malunga nemiba yezothutho lwendlela kuzwelonke, kwiphondo, kunye neendawo zasekuhlaleni zikarhulumente; ukulawula ukukhutshwa kwekontrakti zeenkono zothutho lwendlela; ibonelela ngokungeniswa kotyalo-mali labucala kuthutho lwezendlela kwaye, ekupheleni, ibonelela ngokusekwa kweRTMC neminye imicimbi emalunga noko.</p>
	<p>UMthetho wezoThutho lweNdlela,we-1977 (uMthetho wama-74 we-1977) Ubonelela ngolawulo lwezinye iintlobo ezithile zothutho lwendlela kunye neminye imicimbi emalunga noko.</p>
	<p>UMthetho oLawula ezoThutho lweNdlela kwiPhondo laseNtshona Kapa, wama-2012 (uMthetho wesi-6 wama-2012) Ulawula imicimbi ethile yezothutho lwendlela kwiphondo.</p>
<p>IMisebenzi yoLuntu noLawulo loMhlaba</p>	<p>UMthetho woLungiso-Mthetho wezoThutho lweNdlela eNtshona Kapa (uMthetho wesi-8 we-1996) (iWCRTA) Wenza isibonelelo sokusekwa kolawulo wezoThutho lwephondo kunye nokubhaliswa kweeteksi ezincinci, abasebenzisi, kunye nezithuthi.</p>
	<p>UMthetho weNdlela eHlawulelwayo eNtshona Kapa, we-1999 (uMthetho we-11 we-1999) Ubonelela ngerhafu yeendlela zikawonkewonke kwisebe eNtshona Kapa kunye nokucwangcisa, ukuyila, ukwazisa, ulwakhiwo, ukusebenza, ulawulo, ukumisela, ukugcina, kunye nobuyiselo esimeni kweendlela ezihlawulelwayo kwiphondo.</p>
	<p>UmMiselo weeNdlela zaseKapa, we-1976 (UmMiselo we-19 we-1976) Ubonelela ekubeni iphondo libenomthetho owodwa kuncitshiso lokwakhiwa kwemigca eziimitha ezi-5,0 nezingama-95 echaphazela iindawo ezininzi zeendlela ezazisiweyo, kwaye inikezela ngoluhlu lwendlela ezizezinye/zotshintsho (icandelo lesi-4). Amabango anje avame ngokufunyanwa kumasipala wesithili ngokomthetho wendawo ekuthethwa ngayo ngokusebenzisa iNjineli yeeNdlela zeSithili (iDRE), kodwa basenokuyifumana kundlunkulu weDTPW.</p>
<p>IMisebenzi yoLuntu noLawulo loMhlaba</p>	<p>UMthetho wokuLawula ii-Asethi ezingaShenxiswayo zikaRhulumente, wama-2007 (uMthetho we-19 wama-2007) Ukhuthaza iinjongo zohanjiso lwenkonzo zikarhulumente ngokusebenzisa ulawulo olululo lwee-asethi ezingashenxiswayo abazisebenzisayo okanye abazilawulayo. I-GIAMA imisela uxanduva kumsebenzisi nakwabo bangabagcini apho, kwiNtshona Kapa, iyiDTPW yezeMisebenzi yoLuntu yePhondo.</p>
	<p>UMthetho weMigqo yeZakhiwo neMigangatho yeZakhiwo kaZwelonke, we-1977 (uMthetho we-103 we-1977) Ufuna iDTPW, njengomgcinini nomlawuli wendawo yolwakhiwo eNtshona Kapa, ukuqinisekisa ukuba zonke izakhiwo kunye nomsebenzi wolwakhiwo kumhlaba karhulumente uhambelana nomthetho.</p>

Umsebenzi	Uwiso-mthetho
	<p>UMthetho weZixhobo zeLifa lemveli kaZwelonke, we-1999 (uMthetho wama-25 we-1999)</p> <p>Wazisa ngendibaniselwano nangenkqubo yentsebenziswano yolawulo lwezixhobo zelifa lemveli likazwelonke, ibeke phantsi imigaqo yokulawula ilifa lemveli elilawula izixhobo, wazisa ngenkqubo yendibaniselwano echongiweyo, uvavanyo nolawulo lwezixhobo zelifa lemveli, kwaye yenza amaphondo abenako ukunisela amagunya elifa lemveli emalamkele amandla okukhusela nokulawula izintlu ezithile zezixhobo zelifa lemveli. Ufuna iDTPW ilawule umhlaba ochongelwe uphuhliso okanye uvelise imisebenzi kuquko kwiimvavanyo lwempembelelo yelifa lemveli (ii-HIA) (apho oku kufunwa nguMthetho) kwanenkqubo evunyiweyo ukugcina iinkalo zelifa lemveli zomhlaba okuthethwa ngawo.</p>
	<p>UMthetho oLawula uMhlaba waseNtshona Kapa, we-1998 (uMthetho wesi-6 we-1998)</p> <p>Ubonelela ngokufumana umhlaba ongashenxiswayo kwanalowo uselungelweni ukuba urhafa kwiWCG, kunye nolawulo lwemicimbi yeziganeko. I-DTPW nokuthi njalo ijongane nokuhlaziya ii-asethi nobhaliso lomhlaba, ukuthenga umhlaba owongezelelekileyo onokuthi ufuneke, kwaye uvuselele okanye uphuhlise ngokutsha umhlaba ongasasetyenziswayo.</p>
Ngokuxananazileyo	<p>UMthetho oSekelwe kwiMigaqo yeNgqesho, we-1997 (uMthetho wama-75 we-1997)</p> <p>Unika isiphumo kwinkqubo zamsebenzini ezilungileyo ngokubhekisele kwicandelo 23 (1) loMgaqo-siseko ngokuseka nokwenza isibonelelo somthetho wemigaqo yengqesho, kwanalapho kuhambelana nezibophelelo zeRiphabliki njengelungu likarhulumente loMbuthe wabaSebenzi beZizwe.</p>
	<p>UMthetho oSekelwe kwiMigaqo yeNgqesho, we-1997 (uMthetho we-1997) : NgokomMiselo woMphathiswa we-4: i-EPWP, igazethe yowesi-4 kuCanzibe wama-2012</p> <p>Uqulethe umgangatho wemimiselo nemiqathango kubasebenzi abaqeshwe kwimisebenzi yokuqala yeprojekti ye-EPWP.</p>
	<p>UMthetho woPhuhliso lwaBamyama kwezoQoqosho (iBBBEE), wama-2003 (uMthetho wama-53 wama-2003)</p> <p>Useka isisekelo lomthetho okhuthaza i-BBBEE: oxhobisa uMphathiswa ukukhupha iikhowudi zokusebenza kakuhle kunye nokupapasha imiqulu yenguqu; kwanokuseka iBhunga leeNgcebiso zokuXhotyiswa kwaBamnyama kwezoQoqosho.</p>
	<p>UMthetho woKhuphiswano, wama-1998 (uMthetho wama-89 we-1998)</p> <p>Ubonelela ngokusekwa kweKhomishoni yoKhuphiswano ejongene nophando, ulawulo novavanyo lwemisebenzi ethintelayo, ukusebenzisa kakubi isikhundla somsebenzi, abahlanganisi, ukuseka iNkundla yamatyala yoKhuphiswano ejongene nokulamla imicimbe enjalo; ukuseka uKhuphiswano lweNkundla yeziBheno; kwanemicimbi ehambelana noko.</p>
	<p>UMthetho weBhodi yoPhuhliso kwiCandelo lezoKwakha, wama-2000 (uMthetho wama-38 wama-2000)</p> <p>Useka iBhodi yoPhuhliso kwiCandelo lezoKwakha (iCIDB), enoxanduva, phakathi kwezinye izinto, ukuphuhlisa icandelo lophuculo lohanjiso lwezibonelelo kuluntu lwaseMzantsi Afrika; ukusebenza nabachaphazelekayo ukuzinza ukukhula kwamashishini ezokwakha kwanokusebenza ngcono kwabasebenzi, oonokotraktha namagcisa; ukumisela ezona zenzo zingcono zokusebenza nokubeka imigangatho kazwelonke; kunye nokukhuthaza ukuqheleka kunye nemigangatho yemimiselo esesikweni ukuhambisa imisebenzi yezokwakha neekotrakta.</p>

Umsebenzi	Uwiso-mthetho
	<p>UMthetho wokuKhusela abaThengi, wama-2008 (uMthengi wama-68 wama-2008)</p> <p>Umisa esona sisekelo sokhuselo kubathengi. Yonke eminye imithetho ebonelela ngokhuselo lwabathengi (okuqheleke kwicandelo elithile) kufuneka kufundwe kunye noMthetho ukuqinisekisa ukhuseleko olukumgangatho oqhelekileyo. UMthetho uhambelana nabo bonke abarhwebi bempahla neenkondo.</p>
	<p>UMthetho woFikelelo kuLawulo lweZakhiwo zoLuntu neziThuthi, we-1985 (uMthetho wama-53 we-1985)</p> <p>Ubonelela ngokhuselo lwezakhiwo ezithile zoluntu kunye nezithuthi kwanokhuseleko lwabantu bazo okanye lwazo, kunye nemicimbi emalunga noko.</p>
	<p>UMthetho weNkqubo yolwaphulo-Mthetho, we-1977 (uMthetho wama-51 we-1977)</p> <p>Yenza ubonelelo lweenkqubo nemicimbi enxulumeneyo kwiinkqubo zolwaphulo-mthetho.</p>
	<p>UMthetho weCandelo leNgeniso (iDORA) (yoNyaka)</p> <p>Umthetho wonyaka wePalamente onika, phakathi kokunye, ukwahlula okulinganayo kwingeniso ekulindeleke ukuba iphakanyiswe kuzwelonke phakathi kwamacandelo kazwelonke, wephondo, nakwimimandla kaRhulumente kunye neZibonelelo zeMimiselo kumaphondo ukuqinisekisa iinjongo zomgaqo-nkqubo karhulumente. Kuqhubela phambili ukukhuthaza ukuqikelela nokuqinisekiswa ngokubhekiselele kulo lonke ulwabiwo kumaphondo kunye nakoomasipala ukwenzela ukuba ezolawulo zikwazi ukucwangcisa uhlahlo lwabiwo-mali kwiminyaka emininzi.</p>
	<p>UMthetho kamakuLinganwe kwezeNgqesho, 1998 (UMthetho 55 ka-1998)</p> <p>Ijolise ekufezekiseni ukulingana kwindawo yokusebenzela: okoku-1) ukukhuthaza amathuba alinganayo kunye nempatho efanelekileyo kwimisebenzi ngokupheliswa kocalucalulo olubi; kunye nokwesi-2) ukuphunyezwa kwamanyathelo okuqinisekisa ukulungiswa kwengqesho okujongene nabo bonyuliveyo, ukuze kuqinisekise ukulingana kwabo kuzo zonke iindidi zomsebenzi kunye namazinga kubasebenzi.</p>
	<p>UMthetho woLawulo lweMipu, wama-2000 (uMthetho wama-60 wama-2000)</p> <p>Ukuseka inkqubo epheleleyo, efanelekileyo yokulawula imipu nemicimbi enxulumene nayo.</p>
	<p>UMthetho weSakhelo soBudlelwane boRhulumente, wama-2005 (uMthetho we-13 wama-2005)</p> <p>Ukubonelela: ngokusekwa kwenkqubo-sikhokelo sorhulumente kazwelonke, oorhulumente bephondo, noorhulumente bendawo ukukhuthaza ubudlelwane boorhulumente; iinkqubo kunye neendlela zokuququzelela ukulungiswa kweengxabano zikarhulumente; nemiba ehambelana nayo.</p>
	<p>UMthetho woBudlelwane bezeMisebenzi neNgqesho, we-1995 (uMthetho wama-66 we-1995) (iLRA)</p> <p>Inika amandla iDTPW ukuphucula uphuhliso loqoqosho, ubulungisa bezentlalakahle, uxolo kwezasebenzi, kunye nokwentando yesininzi kwindawo yokusebenzela ngokuphumelelisa injongo yalo Mthetho ekuqa: ukubonelela ngesakhelo apho abasebenzi kunye nemibutho yabo yabasebenzi, abaqeshi kunye nemibutho yabaqeshi banokubambisana ukuxoxisana ngokuchonga umvuzo, imiqathango kunye nemeko yengqesho kunye neminye imiba yomdla; ukuxazulula iingxabano zabasebenzi ngoku-fanelekileyo; kunye nokubonelela ngenxaxheba yabasebenzi ekuthathweni kwezigqibo kwindawo yokusebenzela.</p>

Umsebenzi	Uwiso-mthetho
	<p>URhulumente weNgingqi: uMthetho weeNkqubo zoMasipala, 2000 (uMthetho wama-32 wama-2000)</p> <p>Ubonelela ngemimiselo, iinkqubo kunye neendlela ezifunekayo ukwenzela ukuba oomasipala baqhubele phambili ngokubhekiselele ekuphuculweni kwentlalo yoluntu, kwaye baqinisekise ngokufikelela kwiinkonzo ezibalulekileyo nezifikeleleka kubo bonke; uchaza uhlobo lomthetho kamasipala njengoko kubandakanywa noluntu lwasekuhlaleni kummandla kamasipala, usebenza ngokubambisana nopolitiko kwanolawulo lukamasipala; unikela ngeendlela apho amagunya kunye nemisebenzi kamasipala asetyenziswa ngayo kwaye esenziwa; ubonelela uluntu ngokuthatha inxaxheba; umisela inkqubo-sikhokelo elula nelungiselela iinkqubo eziphambili zokucwangcisa, ukulawula ukusebenza, ukuxhotyiswa kwemithombo kunye nokutshintshwa kwenkqubo eyenza ukuxhasa ingcamango yolawulo lwengingqi; unikela ngenkqubo-sikhokelo yolawulo loluntu kunye nokuphuhliswa kwabasebenzi; ukuxhobisa abahlwempuzekileyo nokuqinisekisa ukuba oomasipala bafaka iintlawulo zenkonzo kunye nemigaqo-nkqubo yokulawulwa kwemali-mboleko ethatha izidingo zabo ngokubhekiselele kwizibonelelo zokunikezela ngeenkonzo, izivumelwano zokuhanjiswa kweenkonzo kunye neenkonzo zezithili. Unikezela ngolawulo lwamatyala kunye nokuqokelela amatyala; kwaye useka inkqubo-sikhokelo yenkxaso, ukubeka esweni kunye nokubeka umgangatho kwelinye inqanaba likarhulumente ukwenzela ukuba kwakhiwe ngokukhawuleza urhulumente wengingqi ibe yi-arhente yokuphuhliselela phambili, ekwazi ukudibanisa imisebenzi eqhubekayo yazo zonke iindawo zikaRhulumente ekuphuculweni koluntu nakwezoqoqosho loluntu ngokuvisisana nemeko yendalo yengingqi.</p>
	<p>UMthetho woLawulo lweNdalo kaZwelonke, we-1998 (uMthetho we-107 we-1998)</p> <p>Ukubonelela ngentsebenziswano yolawulo lwendalo ngokumisela imimiselo yokwenza izigqibo kwimicimbi echaphazela indalo, amaziko akhuthaza ubambiswano, kunye neenkqubo zokuququzelela imisebenzi yendalo eyenziwe ngamaziko karhulumente; kwaye unikeza ngemiba enxulumene noko.</p>
	<p>UMthetho wezeMpilo noKhuseleko eMsebenzini, we-993 (uMthetho wama-85 we-1993)</p> <p>Ufuna iDTPW, njengomgcini-mlawuli kunye nomgunyazisi wolwakhiwo lwendalo, ukuqinisekisa ukuba yonke imisebenzi yokwakha nomsebenzi wokwakhiwa kwesakhiwo sikarhulumente, kungakhathaliseki ukuba wenziwa ngubani na, iyavumelana nale mithetho kwaye izakhiwo zihlala zihambelana noko ngonaphakade.</p>
	<p>UMthetho weNkqubo-sikhokelo soMgaqo-nkqubo wokuKhetha iNkqubo yeNtengo, wama-2000 (uMthetho wesi-5 wama-2000)</p> <p>Ulungiselela ukuba ilungu likarhulumente kufuneka lichonge umgaqo-nkqubo wokuthenga ngokukhethekileyo kunye nokuphumeza inkqubo yeenkcukacha ezikhethiweyo ezinokuthi zibandakanye ukuvumelana nabantu, okanye iindidi zabantu, ababekade behlelekile ngumthetho wobandlululo, ngokwebala, isini okanye ukuphila ngokukhubazeka.</p>
	<p>UMthetho oThintela noLwa iZenzo zoRhwaphilizo, wama-2004 (uMthetho we-12 wama-2004)</p> <p>Ubonelela ngokuqiniswa kwamanyathelo okukhusela nokulwa izenzo zorhwaphilizo.</p>
	<p>UMthetho oKhuthaza uFikelelo kuLwazi, wama-2000 (uMthetho wesi-2 wama-2000) (IPAIA)</p> <p>Ukhuthaza inkcubeko yokuzibonakalisa ngokucacileyo kunye nokuziphendulela kumaziko karhulumente kunye namaziko abucala ngokuthatha inxaxheba kwilungelo lokufikelela kulwazi (oluvezwe kwicandelo lama-32 lomGaqo-siseko), nokukhuthaza uluntu aphobanako ukufikelela kwiinkcukacha ngokufanelekileyo ukuze bakwazi ngakumbi ukusebenzisa nokukhusela ngokuphelelelyo onke amalungelo abo.</p>

Umsebenzi	Uwiso-mthetho
	<p>UMthetho oKhuthaza uLawulo loBulungisa, wama-2000 (uMthetho wesi-3 wama-2000) (iPAJA)</p> <p>Unika amandla kwicandelo lama-33 lomGaqo-siseko elibonelela ngelungelo lokuba wonke umntu unalo ulawulo lwezenzo ezisemthethweni, ezifanelekileyo, kunye nenkqubo efanelekileyo. Nabani na onamalungelo akhe axhatshazwe kakubi ngumsebenzi wolawulo unelungelo lokunikwa izizathu. I-PAJA ijongene nomthetho wolawulo jikelele kwaye ibophelela lonke ulawulo kuwo onke amanqanaba karhulumente.</p>
	<p>UMthetho woKhuselo lweeNkcukacha zoBuqu, wama-2013 (uMthetho wesi-4 wama-2013)</p> <p>Ukukhuthaza ukukhuselwa kolwazi lobuqu oluququzelelwe ngamacandelo karhulumente kunye namaziko abucala; wazisa ngemiqathango ethile ukwenzela ukuba kusekwe ubuncinane okufunekayo ngokuhanjiswa kolwazi lobuqu; ubonelela ngokusekwa koMlawuli woLwazi ukusebenzisa amandla athile kunye nokwenza imisebenzi ethile ngokwalo Mthetho kunye ne-PAIA; ubonelela ngokukhutshwa kweendlela zokuziphatha; ubonelela ngamalungelo abantu malunga nokunxibelelana kwekhompyutha kunye neendlela ezenziwe ngokuzenzekelayo zokuthatha izigqibo; ulawula ukuhamba kweenkcukacha zomntu ngamnye kwimida yeRiphabhulikhi; kwaye unikeza imiba enxulumene noko.</p>
	<p>UMthetho wokuLondoloza wePhondo kunye neeRekhodi zeNkonzo zaseNtshona Kapa, wama-2005 (uMthetho wesi-3 wama-2005)</p> <p>Ugcina ilifa lemveli kulondolozo ukuze lusetyenziswa nguRhulumente kunye nabantu baseMzantsi Afrika, kwaye ukhuthaza ulawulo olufanelekileyo, oluphendulayo, urhulumente oselubala ngokolawulo olululo kunye nokunakekelwa kweerekhodi zikaRhulumente.</p>
	<p>UMthetho woLawulo lweMali yoLuntu, wama-1999 (uMthetho woku-1 wama-1999)</p> <p>Uxhasa ukungafihlisi, ukuthatha uxanduva, kunye nokuphathwa kakuhle kwengeniso, inkcitho, ii-asethi kunye namatyala eDTPW.</p>
	<p>UMthetho weeNkonzo zoLuntu, we-1994 (Isibhengezo se-103 esishicilelwe kwiGazethi kaRhulumente ye-15791 ngowesi-3 kweyeSilimela we-1994)</p> <p>Lo ngumthetho oyintloko ophethe ulawulo loluntu. Unika isikhokelo solawulo kunye nesisebenzayo kumasebe karhulumente ngokubonelela ngezikhokelo malunga nokuqeshwa kunye nokusetyenziswa kwezibonelelo zabasebenzi, iimeko zokuqeshwa, imiqathango ye-ofisi, ukuqeqeshwa, umhlala-phantsi kunye nokukhutshwa kwamalungu enkonzo karhulumente, kunye nemiba enxulumene noko.</p>
	<p>UMthetho oPhethe uLawulo lukaRhulumente, wama-2014 (uMthetho we-11 wama-2014)</p> <p>Ukukhuthaza izithethe ezisisiseko nemigaqo ephethe ulawulo loluntu ngokubhekiswe kwicandelo le-195 (1) loMgaqo-siseko; unikezela ngokudluliselwa kunye nokuxhaswa kwabasebenzi ekulawuleni uluntu; ulawula ukuqhuba ishishini noRhulumente; unikezela amandla okuphuhlisa kunye noqeqesho; unikezela ngokusekwa kweSikolo sikaRhulumente sikaZwelonke; unikezela ngokusetyenziswa kobuchwepheshe bolwazi kunye noqhagamshelwano kuluntu; kwaye ubonelela uMphathiswa ekubekeni imigangatho nemimiselo yolawulo loluntu.</p>

Umsebenzi	Uwiso-mthetho
	<p>UMthetho woPhuhliso lweZakhono, we-1998 (uMthetho wama-97 we-1998) Ukubonelela ngesiseko esisemthethweni sokuqulunqa nokuphumeza kuzwelonke, kwicandelo nezicwangciso zendawo yokusebenzela ukuphuhlisa nokuphucula izakhono kwindawo yokusebenzela nasekuhlanganiseni ezo zicwangciso kwiNQF. Njengomqeshi okhokelayo, iDTPW kufuneka iqinisekise ukuthotyelwa kwemisebenzi yomqeshi ngokwesivumelwano somsebenzi kunye nokuqinisekisa ukuphunyezwa kwesivumelwano kwindawo yomsebenzi. Ngokusebenzisa i-EPWP, iDTPW iphumeza inkqubo zokuphuhliswa kwabafundi kunye neenkqubo zokuphuhlisa izakhono kubathathi nxaxheba kwiinkalo ezinxulumene nobugcisa.</p>
	<p>UMthetho wooNomathotholo, we-1952 (uMthetho wesi-3 we-1952) Ulawula imisebenzi woomathotholo kunye nemiba ehambelana noko.</p>
	<p>UMthetho woLungiso, uMiselo woCwangciso lokuSetyenziswa koMhlaba, wama-2009 (uMthetho woku-1 wama-2009) Ulawula ucwangciso lokusetyenziswa komhlaba eNtshona Kapa kunye nemiba enxulumene noko.</p>
	<p>UMthetho wokuBekwa-esweni nokuXhasa ooMasipala eNtshona Kapa, wama-2014 (uMthetho wesi-4 wama-2014) Unika amandla kumacandelo le-154 (1) nele-155 (6) omGaqo-siseko ngokwenza amalungiselelo angaphezulu eendlela zokuxhasa oomasipala, ukuphuhlisa nokuqinisa amandla oomasipala, kwanokuphucula ukusebenza kwabo. Kwakhona unika amandla kwicandelo le-106 (1) loRhulumente wezeKhaya: uMthetho weNkqubo zikaMasipala ngokubonelela ngokubeka iliso lokukrokrela ukungasebenzi kakuhle nokulawula gwenxa koomasipala, kunye nemicimbi ehambelana noko.</p>

Eyona nto iphambili, imigaqo-nkqubo nezicwangciso zikazwelonke nezephondo kunye nezicwangciso ezichazwe ngezantsi kwisikhokelo se-DTPW ekukhutshweni kweembopheleleko zayso.

Umsebenzi	Imigaqo-nkqubo
Ezothutho	<p>IsiCwangciso soLungiselelo lweNtlawulelo yoThutho kaZwelonke, sama-2005 Sinciphisa iindleko zentlawulelo yoThutho lwangaphakathi elizweni ngokusebenzisa inkqubo yeendleko ezisuka kukunyuka kwempumelelo, intembeko, kunye nokuhla kwamaxesha otshintshelo, ngaloo ndlela unikezela umthengi ukhetho olufanelekileyo phakathi kwendlela nomzila kaloliwe.</p>
	<p>IsiCwangciso sezoThutho loLuntu lukaZwelonke sama-2007 Esi sicwangciso sityhalwa kukubaluleka kwezinto ezimbini, ezizezi:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukuphuculwa kwendlela ekwenziwa ngayo ekhawulezileyo, ejolise ekuboneleleni ngeendlela ezintsha, ezisebenzayo, kunye nothutho lwezithuthi zoluntu ezikhuselekileyo kunye nabaqhubi abanezakhono; kunye • Nokuhlanganiswa ngokukhawuleza konxibelelwano lwezothutho loluntu olujolise ekuphuhliseni nasekuphuculiseni izisombululo ezihlangeneyo zothutho loluntu.
	<p>IsiCwangciso soKhuseleko eziNdeleleni kuZwelonke, ngowama-2009 ukuya kowama-2015 Izigqibo zorhwebo ngemiba yokukhuselwa kwendlela ngendibaniselwano nangokuququzelela izicwangciso ezahlukeneyo zokukhuselwa kwendlela, izakhiwo kunye namangenelelo abo bonke abathathi-nxaxheba kunye ne-arhente kwinqanaba lokukhusela indlela.</p>

Umsebenzi	Imigaqo-nkqubo
	<p>IsiCwangciso soKhuselo lweNdlela kuZwelonke, ngowama-2011 ukuya kowama-2020</p> <p>Sazisa ngenyathelo olulungelelanisiweyo lukazwelonke ukuphucula imfundo nokunyanzeliswa ngokubhekiselele kukuziphatha kakubi ekusebenziseni iindlela ngokuhambelanayo neendlela ezilungileyo zamazwe ngamazwe kunye neziphakamiso ezivela kuMbutsho wezeMpilo kwiHlabathi kumazwe asakhlulayo.</p>
	<p>IsiCwangciso sezoThutho lwaMaphandle kuZwelonke, sama-2007</p> <p>Sinikezela ngesikhokelo kuzo zontathu iindawo zikarhulumente ekujonganeni nemingeni yokuhamba kunye nokufikeleleka ekuhambeni okwenzeka kwiindawo zamaphandle ngendlela edibeneyo, elungelelanisiweyo, ehambelanayo. Ezi zicwangciso zezityhalo zibini ziphambili zezi: ukukhuthaza kokulungelelaniswa kweendawo zasemaphandleni kunye nentsebenziswano yokuphuhlisa; kunye nokuphuhlisa nemfuno-ephendulayo ezixhathisayo, neenkqubo zothutho kwasemaphandleni oluzinzileyo.</p>
	<p>IPhepha leNgcaciso loMgaqo-nkqubo wezoThutho kaZwelonke, we-1996</p> <p>Iintengiso ngeendlela ezikhuselekileyo, ezithembekileyo, ezichanekileyo, ezisebenzayo, ezifanelekileyo, lwemisebenzi yothutho ehlangene ngokupheleleyo kunye nezibonelelo. Ezi zimele zihlangabezane neemfuno zabathengi kunye nahamba ngeendlela ezixhasa izicwangciso zikaRhulumente kwezoqoqosho nophuhliso lwentlalo kwangaxeshanye zibenendalo kwanooqoqosho oluzinzileyo.</p>
	<p>IPhepha leNgcaciso loMgaqo-nkqubo wezoThutho lwePhondo, we-1997</p> <p>Ukwakhela kwisiseko esakhiwe liPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo wezoThutho kaZwelonke ngokubonelela ngeenkukacha zongenelo oluthile olujongene neemfuno namathuba eNtshona Kapa; kwaye nokuqonda ubuchule bangoku kunye nekamva elabelwe amaphondo kunye namanye amacandelo karhulumente phantsi komGaqo-siseko.</p>
	<p>Izikhokelo Zokufikelela kwiiNdlela</p> <p>Inikeza ngezikhokelo zokuncedisa iinjini kunye nabacwangcisi, kunye nabaphuhlisi bezakhiwo, ukuphucula imigangatho yokufikelela kwendlela.</p>
	<p>IsiCwangciso zeZibonelelo zeZiseko zoMzantsi Afrika (iRISFSA)</p> <p>Inikeza izikhokelo zokuhlaziywa komgaqo-nkqubo weendlela zoMzantsi Afrika; kwaye uncedisa iindlela zamagosa ukuba luhlaziywe kwakhona uthungelwano olukhoyo.</p>
	<p>IsiCwangciso soKhuseleko lweNdlela kwiPhondo leNtshona Kapa, sama-2005</p> <p>Sikhuthaza ukukhuseleka kwimeko yendlela ekukhuthazeni ukhuseleko lwezendlela kulo lonke iphondo lijolise kwiindlela zikazwelonke neyephondo; kwaye unoxanduva loqeqesho olusisiseko lwawo onke amagosa ezothutho eziqeshwe ephondweni ukuze kuqinisekise ngokufana kunye nobugcisa.</p>
	<p>INgxelo yoMgaqo-nkqubo kwezoThutho lweMfuno eziKhethekileyo zaBakhweli (iiSNP), yama-2009</p> <p>Ibeka uxanduva oluthile kwiDTPW :</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukukhuthaza ukufikeleleka kweziseko zengingqi kunye nokubonelela ngoqeqesho kubaqhubi kunye nabasebenzi ekusebenziseni ngokufanelekileyo nabantu abaneemfuno ezizodwa; • Ukuxhasa ukunikezelwa kweenkonzo zolwazi ngezothutho zomntu wonke jikelele; • Ngokubambisana neSebe likaZwelonke lezoThutho , ukulungiselela nokupapasha iimfuno ezikhokelwayo zokuhamba kwezithuthi zikawonkewonke ezifikelelekayo; • Ukuqinisekisa ukuba zonke izibonelelo zothutho loluntu zifumana abantu abaneemfuno ezizodwa; kwaye • Ukuqinisekise ukuba zonke iinkonzo zothutho zoluntu kweli phondo zihamba ngokufanelekileyo nokusebenza kwezibonelelo ezifikelelekileyo kude kube zonke iinkonzo ezithengwayo zifikeleleke kunye / okanye enye inkonzo yokuphendula imfuno ekhoyo.

Umsebenzi	Imigaqo-nkqubo
IMisebenzi yoLuntu noLawulo lweZakhiwo	<p>UMgaqo-nkqubo wokuFumana wePhondo laseNtshona Kapa Abagcini bezikhokelo, phakathi kwabanye, ekufunyanweni kwee-asethi ezingenakushenxiswa; ukhuthaza kwaye ucacisa imigaqo kunye neenkqubo ezifanayo.</p>
	<p>IPhepha leNgcaciso likaRhulumente kuLawulo lweePropati zePhondo laseNtshona Kapa, lama-2004 Unika inkqubo-sikhokelo yokukhokela imisebenzi ephathelele kwiipropati ezicwangcisiweyo zeWCG kunye nezinye iipropati ezisetyenzisiwayo; kwaye ihlanganisa ulungelelaniso kunye nemisebenzi yolawulo lwepropati yabanye abathathi-nxaxheba kuluntu ephondweni.</p>
	<p>INKqubo-sikhokelo seziSeko ezingundoqo yeNtshona Kapa, yama- 2013 Ukulungelelanisa ucwangciso, ukuhanjiswa, kunye nokulawulwa kwezibonelelo ezibonelelwe ngabo bonke abachaphazelekayo (urhulumente kazwelonke, urhulumente wephondo, urhulumente wengingqi, iinkampani ezayame kurhulumente kunye namacandelo abucala) kunye ne-ajenda yeqhinga kunye nombono wephondo.</p>
INKqubo yeMisebenzi yoLuntu eYandisiweyo	<p>IziKhokelo kuPhunyezo lwe-EPWP Injongo ye-EPWP kukudala amathuba emisebenzi yexeshana kunye neyexesha eliphakathi kwabahlwempuzekileyo nabangasebenziyo njengenxalenye yesicwangciso sephondo sokulwa nobuhlwempu. La mathuba omsebenzi adityaniswe noqeqesho lokunyusa ingqesho kubaxhamli abanezakhono eziphantsi kwimarike yengqesho esemthethweni. Inkqubo ijolise amathuba kwizibonelelo, kwindalo, kwinkcubeko, nakumacandelo oluntu nangengowakarhulumente.</p>
	<p>IziKhokelo zokuPhunyezwa kweNkonzo yolutsha lukaZwelonke (iNYS) Ubonelela ngokuba ukuphunyezwa kweenkqubo zolutsha kuluxanduva lwawo onke amaziko karhulumente. Uxanduva lokucwangcisa, ukulungelelanisa, nokuqalisa izicwangciso ezifanelekileyo kunye neendlela ezintsha zokuphuhlisa ulutsha ngoko zihlala ngokulinganayo kunye neKhomishoni yoLutsha lukaZwelonke kunye namasebe karhulumente ngamnye kumacandelo kazwelonke nawephondo.</p>
Ngokuxananazileyo	<p>IQhinga lesiCwangciso sePhondo (PSP), sama-2015/16 ukuya kuma-2019/20 Ukukhetha ezona Njongo zesiCwangciso seWCG kwixesha langoku lokhetho, ukubeka iziphumo ezifunwayo kwixesha eliphakathi (iminyaka emihlanu). Ezi njongo zibonisa iimfuno kunye nezinto eziphambili zorhulumente wephondo kwanokubambisana zikhuthaza ukusebenzisana okuphucukileyo kunye nokuphuculwe kumacandelo likarhulumente eNtshona Kapa.</p>
	<p>Inkqubo-sikhokelo yokuBekwa esweni nokuVavanywa neManyuwali yeSebe Ichaza iinkqubo zokubeka iliso nokuvavanya kunye nezixhobo ezikhoyo kwiinkonzo ezijoliswe kwiziphumo zolawulo lwenkonzo karhulumente.</p>
	<p>UMgaqo-nkqubo woLawulo lweeRekhodi zeSebe Unika isiseko kwinkcubeko yentlanganisela yoxanduva lokulawulwa kweenkcukacha neerekhodi njengeemfuno ezibalulekileyo zokuhanjiswa kweenkonzo ezifanelekileyo.</p>
	<p>UMgaqo-nkqubo we-E-Mobility yaseNtshona Kapa Umgaqo-nkqubo oxananazileyo kusetyenziso lwamakhadi edatha yeminxeba ephathwayo ngenjongo ezisemthethweni. Ilawula kwaye imisela neenkqubo zokufumana, ukubonelela kunye nokusetyenziswa kwamakhadi eenkcukacha kwiWCG kunye namasebe ayo nokuphathwa ngokufanelekileyo nokuchanekileyo kwale nkonzo ebalulekileyo.</p>

Umsebenzi	Imigaqo-nkqubo
	<p>INKqubo yoLawulo loTshintsho loRhulumente waseNtshona Kapa Iinjongo zokufezekisa iziphumo ezilinganiselwe ukuququzelelwa kwamacandelo akwiinkqubo ezibhekiselele kwimicimbi ehamba phambili kunye namasebe olawulo ngalunye ngokwamagosa asebenzayo; kwaye ilawula ukuphunyezwa kwePSP ngokubanzi kuyo yonke iWCG. IDeshibhodi yeProjekthi eLawulayo sisixhobo solawulo lweenkcukacha zenkqubo.</p> <p>IPhepha leNgcaciso kulawulo lwezaBasebenzi, le-1997 Ugxininisa kwindima ebalulekileyo ekuphuhliseni nasekuguquleni umthamo wabasebenzi ukwenzela ukuhlangabezana neenjongo zokunikezelwa kweenkonzo ezifanelekileyo kunye nokuguqula inkonzo yoluntu.</p>

8 Ubume bequmrhu ngokowama-31 kweyoKwindla wama-2019

Inkqubo-sikhokelo embaxa yobume bequmrhu le-DTPW ivezwe kumaphepha amane alandelayo ale ngxelo.

9 Amaqumrhu anika ingxelo kuMphathiswa wePhondo

Nangona iSebe lingenaxanduva lalo naliphi na iqumrhu loluntu, lisebenza iqumrhu lorhwebo lwezoThutho lweziThuthi zikaRhulumente (iGMT) kulawulo lwalo.

Itheyibhile yesi-4: Amaqumrhu anika ingxelo kuMphathiswa wePhondo

Igama lequmrhu	Igunya lomthetho	Ubudlelwane bezemali	Uhlobo lomsebenzi
yiGMT	Isahluko se-19 seMimiselo kaNondyabo.	I-GMT isebenza njengequmrhu lokurhweba ngokweSahluko se-19 seMimiselo kaNondyabo. U-AO weSebe ukwayi-AO yequmrhu lorhwebo. U-AO wenza ingxelo kuMphathiswa wePhondo.	Ukunikezelwa kweziThuthi zikaRhulumente kwiinkonzo zabaxhasi ngeenjongo zokuhanjiswa kweenkonzo.

Icandelo B: IiNkcukacha zoMsebenzi

1 Ingxelo yoMphithoci-zincwadi Jikelele: Iinjongo ezimiselwe kwangaphambili

Umphicothi-zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika (i-AGSA) uqhube indlela yophicotho olululo lweenkcukacha zomsebenzi ukubonelela ngophicotho olugqibeleleyo kumsebenzi onxamnye neenjongo ezimiselwe kwangaphambili kwingxelo yolawulo. Injongo yovavanyo yayikufumanisa iziphumo ezichazwe kwiingxelo zokusebenza ezichaziweyo kodwa kungabikho ukuqokelela ubungqina bokuvakalisa ukuqinisekiswa okanye ukubonisa uluvo okanye ukugqiba kule miba kwingxelo yophicotho.

Jonga kwiphepha lama-240 kwiingxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele, epapashwe njengakwiCandelo E: IiNkcukacha zeMali.

2 Isishwankathelo sokusebenza kwesebe

2.1 Imeko yokuhanjiswa kwenkonzo

Iinkonzo eziphambili zeSebe zezi:

Iinkonzo eziphambili	Imisebenzi ephambili
Iinkonzo zoLawulo	<ul style="list-style-type: none">Kukubonelela ngenkxaso ecwangcisiweyo, umgaqo-nkqubo nokusebenzayo ngaphakathi kweSebe.Kukubonelela ngeenkonzo zokulawulwa kwemali kunye nokunikezelwa kweenkonzo kwiSebe.Kukuncedisa oomasipala ukuphuhlisa izicwangciso zezothutho ezihlangeneyo (ii-ITP).Kukuququzelela uphuhliso lwamacebo nemigaqo-nkqubo yephondo nezincwangciso zesebe.Kukulawula inkqubo yoPhuhliso lobuGcisa (i-PDP) ukuphuhlisa izakhono ezinqabileyo kwezothutho, amacandelo ezobume bolwakhiwo nobunjinieli.Kukubonelela ngeebhasari kwabo bafundayo kwezothutho, ubunjinieli kunye neenkalo zobume bolwakhiwo.
Iinkonzo zeZiseko ezingundoqo zeMisebenzi yoLuntu	<ul style="list-style-type: none">Kukufumana nokulahla ii-asethi ezingashenxiswayo.Kukuqinisekisa ngokusefeyenziswa okusemgangathweni kwezakhiwo zephondo.Kukuqeshisa ngempahla ukubonelela ngendawo yokuhlala.Kukubonelela ngeenkonzo zendawo yokuhlala kumaqhumrhu amesebe ephondo.Kukwakha nokulondoloza impilo, imfundo kunye nezixhobo zokwakha jikelele.Kukudala amathuba omsebenzi kunye noxhotyiso kwezoqoqosho ngokubonelela ngeziseko ezingundoqo.

Iinkonzo eziphambili	Imisebenzi ephambili
Iinkonzo zeZiseko ezingundoqo zezoThutho	<ul style="list-style-type: none"> • Kukwakha, ukulungisa nokugcina uthungelwano lweendlela zephondo. • Kukubonelela ngeenkqubo zokufundisa ngomsebenzi noqeqesho kubafundi abanezidanga. • Kukubonelela ngoqeqesho lokuqeqeshelwa umatshini wedizili. • Kukubonelela ngeenkqozo zenkxaso yobugcisa. • Kukudala amathuba omsebenzi kunye noxhotyiso kwezoqoqosho ngokubonelela ngeziseko ezingundoqo.
Iinkonzo zeMisebenzi yezoThutho	<ul style="list-style-type: none"> • Kukulawula nokubeka iliso kwiinkonzo zenkxaso eyodwa yezothutho loluntu • Kukulungelelanisa nokuququzelela ukhuseleko lwezothutho loluntu emhlabeni kunye neenkqubo zokuthobela. • Kukuvavanya, ukuncedisa nokuxhobisa oomasipala ngokuhamba kwezothutho lomhlaba. • Kukuxhasa uphunyezo lwe-NMT.
Iinkonzo zoMthetho wezoThutho	<ul style="list-style-type: none"> • Kukubonelela ngeenkqozo zobhaliso lwezithuthi neenkqozo zemvume ngokusebenzisa oomasipala. • Kukubonelela ngeenkqozo zokuvavanya ukulungela kwezithuthi ukuba sendleleni. • Kukukhupha iimvume zokuqhuba kubaqhubi abanezakhono ngokusebenzisa oomasipala. • Kukukhupha iimvume kwizithuthi ezithwala imithwalo engaqhelekanga nezehlo kwindlela zikawonkewonke. • Kukubonelela ngeenkqozo zokulawula imithwalo egqithisileyo kwiindlela zephondo nezikazwelonke. • Kukubonelela ngeenkqozo zokunikezelwa kweemvume zokuqhuba kubasebenzisi bezithuthi. • Kukubhalisa abaqhubi beeteksi kunye nemibutho. • Kukuphumeza nokuququzelela iinkqubo zokhuseleko ezindleleni. • Kukubonelela ngeenkqozo zokusombulula iingxabano kwicandelo lezothutho loluntu. • Kukubonelela ngonyanzeliso lomthetho kwiindlela zoluntu lwephondo nezikazwelonke.
Iinkqubo eziSekelwe kuLuntu	<ul style="list-style-type: none"> • Kukulungelelanisa i-EPWP. • Kukuququzelela iinkqubo ukuphuhlisa oonokotraktha abasekhasayo. • Kukubonelela ngamathuba ophuhliso lwezakhono ezinxulumene nolwakhwiwo, kubandakanya uqeqesho lwezakhono zobugcina.

Imiceli-mngeni ephambili yokuhanjiswa kwenkonzo

Ngethuba lonyaka ophantsi kohlaziyo, inani lemiceli-mngeni ibenefuthe kuhanjiso lwenkonzo yeDTPW:

- Ukuphazamiseka kwenkonzo kunye nokusilela kokusebenza kwinkqubo kaloliwe yabakhweli:
 - Kubange uxinzelelo olongezelelekileyo kwezinye iindlela zothutho loluntu nokunyuka kwamanani kuthutho lwezendlela;
 - Kuchaphazele ukhuseleko lwabakhweli;
 - Kube negalelo kwintlupheko yezoqoqosho lwabakhweli; kunye
 - Nokukhokelela kwilahleko yobomi nee-asethi zomzila kaloliwe.

- Ukunyuka ngokukhawuleza kwemigushuzo yokuhanjiswa kweenkonzo kulonyaka uphelileyo kubenefuthe elimandla ekusebenzeni kweebhasi ngokuthi kutshiswe iibhasi nokuhamba ixesha elide noluthe lwanefuthe elibi ekugcinweni kwamaxesha amiselweyo.
- Udushe olunxulumene neembambano kushishino lweeteksi kukhuseleko lwabakhweli nasekusebenzeni ngokukuko kwenkqubo yezothutho loluntu.
- Iziphithiphithi kwicandelo lezothutho loluntu ngokunxulumene neGIPTN.
- Iziphithiphithi zoluntu kwiziza zolwakhiwo ezithe zacothisa uhanjiso lweziseko ezingundoqo zoluntu.
- Ibango loluntu lomhlaba ophethwe yiWCG kwiindawo ezikumbindi weKapa ukuba usetyenziselwe iinjongo zezindlu ezifikelelekayo.
- Ukunyuka okunokubakho kwiirhafu, iinkonzo nezinye iintlawulo zikamasipala kulindeleke ukuba zibe nefuthe kuhanjiso lweenkonzo:
 - Oomasipala bayasokola kumanqanaba ngamanqanaba, kubandakanya ukuswela amandla, izakhono nokukwazi ukugcina isiseko esaneleyo senkxaso-mali. Oomasipala basebenzisa ukunyuka kweerhafu zeenkono zikamasipala kunye neerhafu zepropathi ukunyusa isiseko sabo senkxaso-mali. ISebe, lilo elisesichengeni sokwenyuka kwamaxabiso angentla kwezi ndleko. Amanyathelo okunciphisa imbelela aphunyezwe ngoomasipala nawo aya kuba nefuthe kwiirhafu zepropathi nakwiinkonzo zikamasipala.
- Ukuphuhlisa kwezakhiwo ezitsha zezindlu kunye neendawo zoderhu lweevenkile ezindaweni ezikude kwezoqoqosho nezalathelwe uphuhliso kwaye umsebenzi uye wabeka uxinzelelo olukhulu kwiimfuno eziye zatshintshelwa kwiimpahla kunye neenkono zoluntu.

ISebe lichatshazelwe kukuhambelana nemithetho eyongezelelweyo yocwangciso lwepropathi kwiindawo zikamasipala. Apho ngaphambili, izicwangciso bezingeniswa njengentlonelo, izicelo ezicwangciswe ngokucacileyo ngoku kufuneka zingenisiwe kwaye zamkelwe. Oku kunempembelelo kwimithombo yesebe nakunikezelo lweenkonzo kuba izicelo zezilungiso zocando lwemida nokucandwa komhlaba kufuneka zingeniswe ukuze kuvumeleke ukusetyenziswa kwangoku komhlaba wephondo. Iinzame ezimanyeneyo ziya kwenziwa ukunxibelelana noomasipala ukuqinisekisa ukuba unikezelo lweenkonzo aluphazanyiswa. Nangona kunjalo, ukuthathela ingqalelo ubungakanani beprofayile yayo yepropat, iDTPW ilindele ukuba ibenakho ukuhlawula iindleko ezinkulu ukuthobelana neenkqubo nezicelo ezizizo zokucetywa kwedolophu.

Ukongeza, iSebe lijongene nokunqongophala okumandla komhlaba kwiindawo ezithile apho kufuneka khona iinkonzo zonikezelo lwezibonelelo, ngakumbi kwezemfundo nakwimpilo.

INtshona Kapa iphuma kwimbelela etshabalalisayo kwaye le ngxaki ikwenze kwacaca ukuba iimpembelelo zotshintsho lwemozulu sele zivakala, kwaye kukho isidingo esikhulu sokugcina izibonelelo ezinqabileyo. Iimpawu zibonisa ukuba iphondo liza kuya lisanda ngokwanda lokunqongophala kwamanzi, nokuba umbane ungabiza kakhulu kwaye unqongophele kunethuba eliphakathi. ISebe lityale imali ngokonga amanzi, amandla kunye nezinye izixhobo ezinokuphinda zisebenze.

Abasebenzi be-ofisi yeNjineli yeeNdlela zeSithili sasePaarl yeDTPW baceliwe ukuba bahambise iilitha ezili-112 000 zamanzi aselwayo kwiidolophu ezimbini zaseNtshona Kapa ezithwaxwa yimbalela ngexesha leeholide zowama-2018. Abasebenzi abaneempephamvume zokuqhuba nezokusebenza bachongiwe. Emva kothethwano olufanelekileyo, abasebenzi abathile ababecwangciselwe ukuba sekhefini bathatha amanyathelo okubuyela emsebenzini bezokuhambisa amanzi. Abasebenzi bahambise iilitha ezili-13 000 zeebhotile zeelitha ezimbini eBeaufort West (ngowama-28 kweyomNga); iibhotile ezisi-7 400 zeelitha ezintlanu eLaingsburg (ngowesi-5 kweyomQungu); Ngaphezulu kwama-23 000 sesi-1.5 seelitha zeebhotile ukuya eBeaufort West (ngomhla wama-24 kweyomQungu) neebhotile ezingama-8 000 sesi-1.5 seelitha ukuya eLaingsburg (ngowama-31kweyomQungu).

Impumelelo ephambili yokuhanjiswa kwenkonzo

Inkonzo: Ukulungelelanisa i-EPWP

I-DTPW iyaqhubeka nokulungelelanisa i-EPWP eNtshona Kapa ejolise ekwandiseni inani lamathuba emisebenzi adalekileyo kumaphondo (kuwo onke amabakala karhulumente nakwicandelo elingelilo elikarhulumente), kwaye ijolise ikakhulu kubathathi nxaxheba abangabantu basetyhini, ulutsha nabantu abaphila nokhubazeko (iiPWD).

Amalungiselelo eziko lephondo aye agcinwa ngokusebenzisa iiforamu zephondo ezili-12 ezisebenzayo. Amaqumrhu oluntu angamashumi amane abonelelwe ngenkxaso yezobuchwepheshe ukuphucula umgangatho wolawulo lwawo lwedatha ye-EPWP nokunika ingxelo enxulunyaniswe nokujoliswe kuko kweenjongo zeNkqubo yesi-6.

Inkonzo: Uququzelelo lweenkqubo ukuphuhlisa oonokonstraktha abasakhulayo

Inkqubo yoPhuhliso loNokonstraktha (iCDP) iphumeze iinkqubo eziphambili zoqeqesho ezine.

- Iiseshoni zeenkukacha zokwakha (iCIS) zathiwa thaca koonokonstraktha abali-197 abasakhulayo avela kuyo yonke iNtshona Kapa ngentsebenziswano ne-DTPW SCM, iSebe likaZwelonke leMisebenzi yoLuntu, iNkonzo yeRhafu yoMzantsi Afrika (iSARS), iSebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho (iDEDAT), iCIDB, iBhunga leeNgxoxo loShishino loKwakha, kunye noomasipala bengingqi. Ezi seshoni zeentsuku ezimbini zinike oonokonstraktha abathatha inxaxheba ngeenkukacha abaidingayo zokuqinisekisa ukuba bayayithobela imimiselo karhulumente nemigaqo-nkqubo efaneleyo.
- Oonokonstraktha abangamashumi asibhozo ananye beBanga loku-1 nelesi-2 leCIDB bathathathe inxaxheba kwinkqubo yoqeqesho esekelwe koomasipala yeeveki ezintlanu.
- Oonokonstraktha abangamashumi amane beBanga lolu-1 nelesi-2 abathathe inxaxheba kwinkqubo yoqeqesho ecwangcisiweyo yeenyanga ezili-10 ngemvume yeGunya loQeqesho neMfundo kwezoKwakha (iCETA).
- Inkxaso ephambili yoqeqesho nobeko-liso yabonelelwa koonokonstraktha abangama-20 beBanga lesi-3 nelesi-5 kunyaka ophantsi kohlaziyo.

Ukongeza, ama-93 oonokotshona kwiNtshona Kapa iphela bafumene uqeqesho kumsebenzi wezempilo nokhuseleko (i-OHS). Ezinye izifundo zexeshana zibonelelwe koonokotshona abasakhulayo belukwizakhono ezisisiseko zekhompuyutha ezinje ngeMicrosoft Excel neProjekthi yeMicrosoft.

INkqubo yoLutsha kwiNkqubo yoKwakha (iNYC) yinkqubo kazwelonke ejolise ekuqinisekiseni ngothatho nxaxheba kolutsha olungaphangeliyo kumashishini okwakha nawokwakha. Ulutsha lufakwe kwinkqubo yeenyanga ezili-12 apho lufumana khona izakhono kwiinkalo ezahlukeneyo kwishishini lokwakha elinokuphucula ukubanakho kwabo ukufumana ingqesho okanye ukuzisebenzela. Lulonke ulutsha olungasebenziyo olungama-216 luqalise uqeqesho lwalo lokufundela ngowoku-1 kuTshazimpunzi kowama-2018. KweyoMdumba wama-2019 inani elitsha labantu abatsha abangaqeshwanga abangama-210 liqalise uqeqesho lwabo.

Kunyaka ophantsi kohlaziyo, abantu abatsha abathandathu bagqibe ngempumelelo izifundo zabo zoqeqesho baze bafumana iziqinisekiso zabo zorhwebo kwizicoci-moya nokufaka emkhenkceeni kunye nokutywina.

Inkonzo: Ukudala imisebenzi noxhotyiso kwezoqoqosho ngosetyenziso lwezibonelelo ezingundoqo

Isixhobo soHlolo lweMpembelelo yoXhotyiso (i-EMPIA) yazisa ngokuyila nangenkqubo yokwakha iiprojekthi ezithile zeSebe ezixabisa ngaphezu kwe-R5 m kwakunye kulinganiswa neyona mpembelelo ngokubhekiselele kubantu ababehlelelekile ngokwembali (iHDI). Kunyaka ophantsi kohlaziyo, ii-EMPIA ezili-17 zaqaliswa kwiiprojekthi zeziseko ezingundoqo zesebe ezicwangcisiweyo. Iiprojekthi ezingamashumi amabini zabekwa iliso ngokusetyenziswa kweengxelo zophunyezo okujoliswe kuko luxhotyiso. Iyunithi yaxhasa amacandelo ophunyezo kunye namasebe abo abaxhamli kwiindibano ezingama-65 ezibandakanyekayo kulonyaka ophantsi kohlaziyo.

Indlela i-R192 m iHessequa ephuculwe kutsha nje yenziwe iinyanga ezingama-26. Ilangabezane kwaye yagqitha kokujoliswe kuko koxhotyiso lwengingqi ngokudala amathuba omsebenzi kubantu abangama-260 apho iipesenti ezingama-65 ibingabantu abatsha nama-32 eepesenti ibingabasetyhini. Indledlana esecaleni kwendlela yomelezwa, kwaye indlela yayenziwe yakhuseleka kuthutho lwemihla ngemihla, abahambi ngeenyawo nabaqhubi beebhayisekile.

Inkonzo: Ukubonelela ngoqeqesho kubafundi kwezothutho olunxulumene noomatshini

Ukulungela ezobugcisa, abafundi bangenela uqeqesho isithuba seminyaka emine yoqeqesho nokuziqhelisa olusesikweni, iimviwo ezimiseliweyo, novavanyo oluthe ngqo olwenziwa liGunya loQeqesho neMfundo kwiCandelo leeNkonzo eziNxulumene nobuNjineli neMveliso (iMERSETA). Abafundi abaxhaswe yiDTPW bazimasa uqeqesho kwiNdlu yokusebenzela yooMatshini eBellville baze benze izifundo zeziQinisekiso zikaZwelonke zobuGcisa kwikholeji yokukhanda. Amagcisa okukhanda angamashumi amabini anesine agqibe uqeqesho lwawo ngeNkqubo yoQeqesho ukuza kuthi ga ngoku. Amagcisa amathandathu aphuma kwinkqubo aqashwe ngokusisigxina yiDTPW emva kokuphumelela.

I-Ofisi iDRE e-Oudtshoorn yeDTPW ibonelele ngoqeqesho lwemvume yokuqhuba iKhowudi ye-14 (isithuthi esinzima) kubasebenzi bayo abali-19 abakwiNqanaba lesi-2. Kuphumelele ishumi elinanye, ethe yababonelela ngeyona mfuno isezantsi yesithuba solawulo.

Inkonzo: Ukulawula iNkqubo yoPhuhliso lobuNgcali ukuqubisana nokushokoxeka kwezakhono kwezothutho, ubunjini kunye nakwinkalo yezokwakha

I-PDP iyaqhubeka nokuqinisekisa ukuba bonke abasebenzi abakulungeleyo ukubhaliswa kumabhunga oqeqesho ngokuxhomekeke ekuhlangabezaneni neemfuno ezithile bafumana inkxaso eyimfuneko. Inkqubela phambili ebonakalayo iyenziwa ekuqwalaseleni ukumelwa kwabasetyhini kwimisebenzi yezokwakha eyakhiweyo. Abasetyhini abalishumi elinambini bajoyine inkqubo yePDP: iinjini ezimbini zokukhanda, iinjini ezintathu zombane, iinjini ezimbini zokwakha indlela: ulwakhiwo, abane boyilo lolwakhiwo, kunye nomphathi weprojekthi enye yokwakha. Inkxaso-mali yafunyanwa kwiNgxowa-mali yezaKhono eMsebenzini ukuxhasa abaphononongi bobungakanani benani labagqatswa ukuba bafunde izifundo ezithwele amanqaku ngamaxesha athile kwiBhunga laseMzantsi Afrika leNzululwazi yokuPhonononga ubungakanani (iSACQSP) -i-BSc Honours Degree evunyiweyo ye-BSc kwi-Quantity Surveying. Ikhosi ijilise ekuncediseni abaphononongi bobungakanani ukuhlangabezana neemfuno zobhaliso lobungcali. Inkqubo yandisiwe ukuba iquke ubunjini bokwakhiwa kwendlela: ulwakhiwo kunye ne-OHS. Uqeqesho nophuhliso lwabasebenzi abangama-30 lwaye lwenziwa phantsi kokuzinikela okutyikityiweyo kunye nokuzibophelela.

Iinjini yombane enye, injini yokukhanda enye kunye nenjini yolwakhiwo lwendlela enye ababhaliswe njengeengcali neBhunga lobuNjini loMzantsi Afrika (i-ECOSA) ngokusebenzisa iPDP kunyaka ophantsi kohlaziyo.

Inkalo	Udidi	Zizonke	Uhlanga				Isini	
			A	C	W	I	M	F
Ubunjini	INjini yoMbane	1	1	-	-	-	1	-
	INjini yokuKhanda	1	-	-	1	-	1	-
	INjini yolwakhiwo lweNdlela	1	1	-	-	-	-	1
Zizonke		3	2	-	1	-	2	1

A=Ontsundu; C=Owebala; I=Indiya; W=Omhlophe; F=Obhinqileyo; M=Indoda

Inkonzo: Ukulawula iNkqubo yeziDanga zobuChule bobuNjini (iGPEP) ukuququzelela uqeqesho olufanelekileyo kunye nokugcinwa kwabafundi abaphumeleleyo kwicandelo lezothutho kunye nelobunjini

Ngokuxhaswa kokuhanjiswa kwezibonelelo ezingundoqo, iindlela zeGPEP, zixhaswa ngabasebenzi ukuququzelela ukuqeqeshwa nokugcinwa kwabanezidanga, kuqhubekile kunyaka ophantsi kohlaziyo. Abafundi abanezidanga abalishumi elinesihlanu bahlangabezane neemfuno zobhaliso lobuchule neBhunga lobuNjini boMzantsi Afrika. Iinjini ezilishumi namagcisa amathathu babeqeshwe isigxina kwiSebe loLawulo loThungelwano lweNdlela.

Inkonzo: Ukubonelela ngeebhasari kubafundi abalungele oko ngeNkqubo yeBhasari yeMasakh'iSizwe

INkqubo yeBhasari yeMasakh'iSizwe injonge ekuqubisaneni nokushokoxeka kwezakhono ezingabileyo nezibalulekileyo kwezothutho, kwimeko yolwaxhiwo nakwicandelo lezobunjini kwaye nakweliphi na icandelo iDTWP iyibona njengelona khondo libalulekileyo nelinqabileyo ngokubonelela ngofikelelo kwimfundo ephakamileyo namathuba okufunda.

ISebe linikezele ngeebhasari zeMasakh'iSizwe kubafundi abangama-41 abafunda kumaziko emfundo aphezulu amathathu eNtshona Kapa. UMphathiswa wezoThutho neMisebenzi yoLuntu uDonald Grant kunye neNtloko yeSebe (iHOD) uJacqueline Gooch banikezele ngeziqinisekiso kwabo bafumene iibhasari kumsitho obuseKapa. Bebonke abafundi abali-150 baxhaswa ngonyaka wokufunda wama-2019.

Inkalo	Inani labafumene iibhasari	Uhlanga				Isini	
		A	C	I	W	F	M
Ulwaxhiwo	4	1	1	-	2	3	1
Ubume bolwaxhiwo	10	3	5	1	1	2	8
Ubunjini bolwaxhiwo lweendlela	81	32	36	1	12	29	52
Ubunjini bombane	18	5	9	-	4	5	13
IiJometri	5	1	3	-	1	1	4
Ubunjini bokukhanda oomatshini	26	6	14	1	5	10	16
Izifundo ngezePropati	1	-	1	-	-	1	-
Ukucwangciswa kwedolophu nommandla	1	-	1	-	-	1	0
Izifundo ngezothutho	4	2	1	-	1	2	-
Zizonke	150	50	71	3	26	54	96

A=Ontsundu; C=Owebala; I=Indiya; W=Omhlophe; F=Obhinqileyo; M=Indoda

Inkonzo: Ukubonelela, ukwakha nokugcina indawo yokuhlala yamasebe ephondo

M Amaziko emfundo

Unikezelo lwezibonelelo kumaziko emfundo lubonelelwe phantsi kweVoti yesi-5: iMfundo, lo gama isibonelelo senziwe kwiVoti ye-10: iDTPW izakwenza umsebenzi wokuphumeza i-arhente yeSebe leMfundo leNtshona Kapa (iWCED).

I-DTPW yenze igalelo ngokubonelela ngeziseko ezingundoqo zokuphucula iziphumo zemfundo eNtshona Kapa (iNjongo yesiCwangciso-ahinga sePhondo [iPSG] yesi-2), ngelixa ikwanefuthe kwiPSG1: "Ukudala amathuba okukhula nemisebenzi". Ngenxa yoku, isikolo esitsha saseKraaifontein siphumelele kweyomNga wama-2018 sibonelela ngezixhobo zabafundi abali-1 240 ukusuka kwiBanga lesi-8 ukuya kwiBanga le-12. Esi sikolo sinamagumbi okufundela angama-28 abandakanya:

- Amagumbi ama-4 okufundela eBanga labasaQalayo;
- Igumbi lelebhu lobunzululwazi eli-1;

- Amagumbi okufundela eengcali ama-3 (iziko lezinto ezininzi zemidiya kunye namagumbi ama-2 okufundela aneenjongo ezininzi); kunye
- Neholo nebloko yolawulo.

Ingxelo ezimeleyo iqinisekile ukuba lamanani alandelayo eNjongo yokuThatha inxaxheba kwiKontraktha (iCPG) zifezekisiwe kulwakhiwo lwale projekthi:

- lipesenti ezili-18 zexabiso lokwakha zichithwe koonokontraaktha abancinci bamashishini eBBE ekujoliswe kuwo (amashishini amnyama) iikontraktha (ekujoliswe kuko: iipesenti ezili-12);
- lipesenti ezili-11 lexabiso lokwakha zichithwe kubaboneleli ngeenkono bamashishini ekujoliswe kuwo eBBE(ekujoliswe kuko: iipesenti ezisi-8);
- lipesenti ezi-4 zabasebenzi bendawo abangenabuchule nabangaqeqeshwanga kangako (ekujoliswe kuko: iipesenti ezi-4);
- Amashumi ama-50 abasebenzi abangenazakhono okanye abangaqeqeshwanga kangako baqeshwa ngunokontraaktha ophambili (ekujoliswe kuko: abasebenzi abangama-40);
- Abafundi abasei-7 beNkonzo yoLutsha kaZwelonke baqeshwa baze balugqiba uqeqesho (ekujoliswe kuko: abafundi beNYS ezine-4); kunye
- Abantu abali-17 bafumene uqeqesho lobugcisa kulawulo kwinkqubo yolwakhiwo isithuba seentsuku ezili-10 (ekujoliswe kuko: abantu abali-12).

Inkqubela phambili efanelekileyo yenziwa ekupheleni konyaka ophantsi kohlaziyo kwezinye iiprojekthi zeziseko zophuhliso zemfundo ezininzi ezisakhiwayo ngoku kwiNtshona Kapa iphela.

Inkqubela phambili efanelekileyo yenziwa ngokwakhiwa kweSikolo samaBanga aPhezulu esitsha saseMyezo Wama Apile eGrabouw. Esi sikolo siza kubonelela ngendawo ekumgangatho ophezulu kubafundi abafikelela kwi-1 250. Abafundi bahlaliswa kumagumbi okufundela okwethutyana kumhlaba omelene neSikolo seSekondari yaseGroenberg ngexa kwakusakhiwa isikolo.

Inkqubela phambili efanelekileyo iyenziwa kulwakhiwo lweSikolo samaBanga aPhezulu esitsha ePhilippi, esiqale kweyoKwindla wama-2018. Isikoko siza kubanako ukungenisa abafundi abali-1 120.

Amaziko empilo

Iziko elitsha loKhathalelo lweMpilo loLuntu leSithili linikezela ngeenkono zezempilo ezisisiseko ezimalunga nama-90 000 ikakhulu abantu abamkela kancinci okanye abangafumani ngeniso abavela eWoodstock, eSalt River, eVredehoek kunye naseKapa.

Uyilo lwekliniki lubandakanya ukuqwalaselwa kwemeko yelifa lemveli lesiza kunye nokulingqongileyo. Inkumbulo yoluntu yeziko neyentlalo yesiza yakhunjulwa ngoncedo lweMyuziyam yaseDistrict Six ngokumiliselwa kobugcisa boluntu kwindawo leyo nakwiindawo eziyingqongileyo.

Iziko litsha ligumbi elinemigangatho emininzi kwaye liqulathe isifo esosulelayo, imitha yonyango kunye neyunithi yonyango olungxamisekileyo kumgangatho ongaphantsi; iyunithi yezifo ezinganyangekiyo kunye neyunithi yezempilo yabasetyhini nabantwana

kumgangatho wokuqala; kunye neyunithi yokuvuselela kunye neyempilo yomlomo kumgangatho wesibini.

Ulwakhiwo lweZiko Phando-nzulu lwenkundla lezobuNzululwazi ngeZifo lase-Observatory luqale ngomhla wama-26 kuTshazimpunzi wama-2017 kwaye kulindeleke ukuba ligqitywe kweyeNkanga wama-2019. Iziko limi kwisango leSibhedlele iGroote Schuur kwaye liza kunikezela ngeziko lale mihla, elenzelwe iinjongo zophando-nzulu elinikezela ngeenkono zophando lwenkundla zeNqanaba lesi-4. Umsebenzi wokwakha oza kwenziwa unobunzima kakhulu kwaye uyilelwe ukuthathela ingqalelo iinkqubo ezijolise ekufunyanweni, ekuhlalutyweni nasekugcinweni kwemfezeko yobungqina obuza kusetyenziswa ngamacandelo enkqubo yezobulungisa kulwaphulo-mthetho.

Iziko elinemigangatho emithathu liza kwenza ukuba umanyano olungcono lomsebenzi weNkonzo yoPhando-nzulu lezobuNzululwazi ngeZifo kunye neNkonzo yeLebhu yezeMpilo kaZwelonke, idityaniswe nezibonelelo zokuxhasa uqeqesho kwizifundo zeYunivesithi yaseKapa kwicandelo.

Uyilo lubandakanya ukukhanya kwendalo ngokuqaqamba kwamagumbi okutyandela izidumbu nentendezezo ethi ivumele ukukhanya obunzulu kwiindawo ezisebenzayo. Iindawo zoluntu ziyilelwe ukudala imeko-bume enoxolo ejolise kwiindawo ezingaphandle eziluhlaza.

Iprojekthi yokuGqitywa kweSibhedlele iVredenburg yenye yeeprojekthi zokuvuselela ezigqityiweyo kutshanje ezilyelwe ukukhawulelana neemfuno ezandayo zezempilo kwiSithili saseWest Coast. Iprojekthi egunyazisiweyo kweyoKwindla wama-2016 kwaye ukugqitywa komsebenzi kucwangciselwe uCanzibe wama-2019.

Le projekthi ibandakanya imisebenzi yesiza, ukuphuculwa kwendawo esele ikho kunye neenkono zenkxaso, indawo yokuhlala yabasebenzi, kunye nesakhiwo solawulo esitsha. Ulwakhiwo olugqityiweyo kutsha nje lubandakanya umsebenzi kulwakhiwo lwezolawulo, indawo yemidlalo yeqonga, iyunithi yoxinzelelo, ilebhu, indawo yokugcina izidumbu, iyunithi yobunzululwazi ngabantwana eneebhedi ezili-12, kunye neenkono zenkxaso (ikhithi, ukucoca, inkunkuma kunye nokuhlamba impahla).

Izakhiwo jikelele

Indawo ephambili ekugxilwe kuyo ngowama-2018/19, ibikukufumana unikezelo lwamanzi okusela kwindawo yokuhlala ye-ofisi yephondo. Ugcino olubalulekileyo lwamanzi lufezekiswe ngokuthi kutshintshwe iinkqubo zokupholisa amanzi kwindawo ezinabanini be-ofisi kumbindi wedolophu yaseKapa, ukufakwa kwakhona kwezindlu zangasese ezinezixhobo zokonga amanzi, kunye nokufakwa kweempompo zoxinzelelo lwamanzi kunye neetanki zokugcina amanzi.

Inkqubo yoPhuculo lwe-Ofisi ibone ukugqitywa ngokuyimpumelelo ukuphuculwa kunombolo-3 kwiSitalato iDorp, indawo yokuhlala kundlunkulu we-DEA neDP, kumgangatho wesi-6 kunombolo-9 kwiSitalato iDorp elihlalisa inxalenye yecandelo leDTPW, kunye nomgangatho we-11 kunombolo-3 weSitalato iDorp eligcina izinto zeDotP. Ulwakhiwo luyaqhubeka lokuphucula umgangatho we-8 nowe-9 kunombolo-9 weSitalato iDorp, umgangatho we-12 kunombolo-4 weSitalato iDorp, kunye nesakhiwo

esitsha ekwabelwana ngaso eMossel Bay, ngelishesha lokwenziwa komhlaba libe litsha kunye nemigangatho yokuqala yeYork Park eGeorge sele iza kugqitywa.

Ukubonelela ngendawo yokuhlala ye-ofisini jikelele ihlala ingumba ophambili kwaye iindlela zongenelelo ezininzi zigqityiwe ngonyaka wama-2018/19, kubandakanywa ukuphuculwa kwendlela nonyuko kwizakhiwo eziphantsi kolawulo lweWCG. Ukongeza kule nkqubo iqhubekayo, iprojekthi ebanzi yokulungiswa kophahla nolondolozo ethatha izakhiwo ze-ofisi ezintandathu eziphantsi kweWCG kumbindi wesixeko saseKapa yagqitywa ngowama-2018/19. Indawo yokuGcina iibhasi ze"GO GEORGE" eGeorge yandisiwe ukuze ibonelele ngeendawo zokupaka iibhasi ezingama-58. Umsebenzi wolondolozo nolwakhiwo wenziwa kumaziko ohlukeneyo eCYCC alawulwa liSebe loPhuhliso lwezeNtlalo kuMmandla weSixeko saseKapa nangaphaya, kwaye oku kuya kuqhubeka kunyaka-mali omtshar.

Ukhuseleko lwezaMandla loMveli Tanci ugxile ekunyukeni kokuthathwa kokuveliswa kwamandla okusebenzisa amandla elanga i-photovoltaic (iPV) eNtshona Kapa. Eyona njongo yayo iphambili kukwandisa igalelo lePV yelanga kunikezelo lombane wephondo ukuya kwi-135 MW ngowama-2020. I-DTPW ikhokela phambili ngokuzibophelela ngaphezulu kwezigidi ezingama-R44 kufakelo lwePV yelanga ezili-14 kwizakhiwo eziphantsi kweWCG ekucingelwa ukuba ziya kukhokelela kulondolozo lwezigidi ezingama-R4 ngonyaka.

Iqela lemveliso yeDTPW liqalise iprojekthi yokuguqula isakhiwo saseMossel Bay esasisaziwa njengeHouse de Klerk sibe sisakhiwo see-ofisi ekwabelwana ngazo zeWCG ekulindeleke ukuba sigqitywe phakathi kowama-2020. Esi sakhiwo siphucukileyo siza kubonelela nge-ofisi yabasebenzi bamasebe ephondo oPhuhliso lwezeNtlalo nezeMfundo (okwangoku egcinwe kwizakhiwo iWillem van Heerden), ezeMpilo (ezigcinwe eDiaz Strand), kunye nezoLimo (ii-ofisi ezintsha). Uyilo olutsha lwangaphakathi luya kubandakanya ii-ofisi kunye neendawo zokusebenzela eziphuculiweyo zamasebe abasebenzisi kunye neenkonzelo ezintsha kunye nokugqitywa kuyo yonke indawo.

UTshintsho lweZinto iConradie BLMEP ijolise ekuncedeni ukujongana nelifa localucalulo lendawo yocwangciso ngokudala indawo efikelekayo, edibeneyo yamathuba ezindlu. Olu phuhliso lucetywayo ePinelands luza kubonelela ngeendawo zokuhlala ezingama-3 602 apho i-1 764 (iipesenti ezingama-49) iyakuba ziyunithi ezifumana inkxaso-mali kwaye intsalela iza kuba yeyentengiso evulekileyo. Kuza kubakho nezikolo ezibini ezitsha, indawo yorhwebo, iipaki kunye neendawo zokuzonwabisa kwaye indawo yokuhlala iya kufumaneka ngezithuthi zikawonke-wonke ngeenkonzelo zebhasi kunye nezololiwe.

Iinjongo zokuphucula i-ofisi zibandakanya ukuphucula ukusetyenziswa ngokukoko kwendawo kwizakhiwo zeWCG, ukuphucula iimeko zokusebenza zabasebenzi, nokwenza izakhiwo zibenokufikeleleka ngokukhululekileyo. Umzekelo kukufakwa kwezityalo zokucoca amanzi amnyama (zogutyulo) ezijika amanzi amnyama abe ngamanzi angwevu asetyenziselwa ukugungxula izindlu zangasese. Oku kunciphisa ukusetyenziswa kwamanzi, kunceda ukonga amanzi axabisekileyo kamasipala, kunye nokunciphisa iindleko zokwakha.

Amaphulo okunciphisa usetyenziso lwamanzi

Emva kweminyaka emibini engaphantsi komndilili wemvula ngowama-2015 nangowama-2016, ekuqaleni kowama-2017, iNtshona Kapa yajongana nowona mbono wokwenene wembalela eyandileyo kunye nomngcipheko wokunqongophala kwamanzi. Ngenxa yobukhulu kunye nobungozi bembalela, iNkulumbuso ibhengeze iNgingqi yePhondo ngomhla wama-23 kuCanzibe ngowama-2017 phantsi kwecandelo lama-41 (1) loMthetho woLawulo lweNtlekele, wama-2002 (uMthetho wama-57 wama-2002) (iDMA). Kungekudala emva koko, iKhabhinethi yeWCG igqibe kwelokuba ixhase ukusekwa kweKomiti eQhubayo yaManzi neSomiso seWCG ukuze iqulunqe isakhelo seziko lokujongana neengxaki zamanzi, phantsi kolawulo loMlawuli-Jikelele, kunye namaqela eeprojekthi azinikeleyo kunye nemijelo yokusebenza. I-DTPW yanikwa uxanduva lokunxibelelanisa izicwangciso zokuqhubekela kweshishini (iiBCP) zamasebe eWCG nama-candelo xa kuthe kwakho ukuphazamiseka kokuhanjiswa kweenkonzo ngenxa yokucela kwamanzi.

Ngokwecandelo lama-25 leDMA, icandelo ngalinye likarhulumente kufuneka lilungiselele isicwangciso solawulo lwentlekele. Ngenxa yamathuba aphezulu kunye neziphumo ezinokubakho zokuncitshiswa okanye ukusilela konikezelo lwamanzi kumaziko eWCG, izicwangciso zokujongana nengxaki zamanzi zazifuneka. Isebe nephondo ngalinye zathatha isicwangciso sentlekele samanzi, bachonga ubungozi bamanzi, bavavanya iinkonzo ezibalulekileyo, kunye namanyathelo okumisela anciphisayo aphathelene nefuthe lentlekele elalinokubakho lamanzi kunikezelo lweenkonzo. Ezi BCP zamanzi zazizihlomelo ezikhethekileyo zamanzi kwiiBCP ezisemthethweni. Isicwangciso esidityanisiweyo esaziwa ngokuba yiBCP yaManzi yePhondo saphuhliswa, kubandakanya nolawulo lwentlekele, ukwenziwa kwezinto kunye nezinto zonxibelelwano.

I-DTPW iseke iqela labameli kwisebe ngalinye kwali-13 leWCG kunye nama-candelo amane ephondo ahleli kunye nomgcini kunye nabameli be-arhente yokuphumeza yeSebe leMisebenzi yoLuntu lePhondo leDTPW. Iinjongo zezi: ukucwangcisa ukuba zeziphi iinkonzo ezibalulekileyo zeWCG ekufuneka zibenokuqhubeka ukuhlangatyezwa ukuba unikezelo lwamanzi lukamasipala luye lwanyanzeleka okanye lwayeka; ukwenza imephu ngendlela iWCG enokuthi ibe negalelo ngayo ukuthintela imeko "yeempompo ezomileyo" ngokunciphisa imfuno yeWCG kunikezelo lwamanzi kamasipala; kunye nokuqinisekisa ukuba iinkonzo ezingundoqo ezichongiweyo zingaqhubeka ukuhanjiswa, nokuba imeko yonikezelo lwamanzi kamasipala injani. Esi sicwangciso siqulathe icala leemfuno kunye nongenelelo lwecala lokubonelela.

Kwicala leemfuno, iDTPW yenze ungenelelo oluninzi lokonga amanzi kwizakhiwo ezahlukeneyo ze-ofisi. Amalinge okonga amanzi nawo enziwe ngamanye amasebe kunye namaqumrhu, ethe, ikunye nezicwangciso zokutshintsha indlela yokuziphatha, zibe negalelo kulondolozo lwamanzi olubalulekileyo olube yimpumelelo ukuza kuthi ga ngoku kunye nokusebenza ngokukuko kwamanzi kunye nokukhawuleza kwamanzi ngoku okungena kwindawo yokuhlala ye-ofisi yeWCG. Umsebenzi wokungena kwamanzi ololuhlobo luya kuqhubeka kwikamva elibonakalayo.

Kwicala lonikezelo, ezona ndawo zibalulekileyo zonikezelo lweenkonzo zeWCG ekufuneka zenziwe ukuba zikhuseleke emanzini ukuze zikwazi ukuqhubeka nokusebenza,

nokuba zithini na imeko zonikezelo lwamanzi kumasipala. La maziko abaluleke kakhulu aquka izibhedlele neeklinikhi ezithile zephondo, unyango lophuhliso lwezintlalo neeCYCC, kunye namaziko awahlukeneyo e-ofisi elikomkhulu yomyalelo oqhubekayo nolawulo lweWCG. La manyathelo okungenelela kwicala lonikezelo ayilelwe ukuqinisekisa ukuba kukho izinto eziyimfuneko zamanzi ezivela kwimithombo eyongezelelweyo yokusela, ukucoceka, kunye neenjongo zokukhusela umlilo. Isibonelelo esongezelekileyo sokufumana amanzi kwimithombo eyongezelelweyo yokuhanjiswa kweenkonzo kumaziko abalulekileyo kukuba oku kuya kunciphisa ibango kubonelelo lukamasipala, ukuze kuzuze abo bahlala bexhomekeke kumanzi kamasipala.

Ukubonelela ngokhuseleko lwamanzi kwezi ndawo zichongiweyo zibalulekileyo, ngowama-2017/18, iDTPW ifumene inkqubo-sikhokelo engxamisekileyo yoonokhontraktha begehhydrology, bokubhola, bokuvavanya isivuno, bokuvavanya umgangatho, bokuxhobisa, bonyango, bokugcina nokubiyela kwakhona. Inkqubo-sikhokelo ikwabonelele ngeenkonzo zeenkcutshe zolwamkelo neemvume, ii-arhente zokhuselo nokhuseleko, kunye nenkqubo yokusebenza kwamanzi kunye nabanikezeli beenkonzo zolondolozo. Iipakethe zoonokhontraktha zeenziwa imiqulwana ukugxila kwiziza ezibaluleke kakhulu. Nje ukuba ukubholwa kugqityiwe, ukuveliswa nomgangatho wamanzi kuvavanyiwe, kwaye uyilo lonyango nobiyelo lwesiza zagqitywa. Eyona ndawo kugxilwe kuyo ngowama-2018/19 ibe kukuphunyezwa kweenkqubo zamanzi ezikule ndawo kunye notshintsho lwendlela yokusebenza nolondolozo lwezi nkqubo. Imeko yangoku yecala lonikezelo lwenkqubo inokushwankathelwa ngolu hlobo lulandelayo:

- Imingxuma eli-167 yokutsala amanzi ebholiweyo kwinkqubo;
- Imingxuma eli-154 yokutsala amanzi (nokokuba ngosele ukhona okanye omntsha) ivavanyelwe impompo ukuqinisekisa imveliso, ukumisela amaqondo empompo azinzileyo, kunye nokumisela amaxabiso okubuyisela kwimeko yesiqhelo;
- Izisombululo zobunjinieli ezingama-63 ziyiliwe kwaye zamkelwa ukuze zisetyenziswe;
- Amaziko angama-61 aneenkqubo zamanzi aphantsi komhlaba ezikhoyo; kunye
- Namaziko angama-29 ahlala ekunikezelo lukamasipala.

Kukho izizathu ezahlukeneyo zokuba kutheni izibonelelo ezingama-29 ziza kuhlala zikunikezelo lukamasipala kangangoko kunokwenzeka: umngcipheko wokunqongophala kwamanzi kwezi ndawo uphantsi kakhulu; kunye/okanye iindleko zonikezelo ezizezinye ziphakame ngokungenakuthelekiswa nanto; kunye/okanye imithombo yamanzi aphantsi komhlaba mincinci okanye ayikho kumgangatho olungileyo. Ukomelela kuchazwa njengobungakanani bombutho ukuze uphile, uziqhelanise kwaye ukhule xa ujongene notshintsho oluvunduzayo nolunzima, kwaye iNkqubo yaManzi yeBCP izamile ukusinda kuphela kukubakho kwee "mpompo ezomileyo", kodwa ikwazi ukuziqhelanisa nobunyani obutsha bokukhawuleza kokufudukela kwabantu ezidolophini kunye nefuthe lotshintsho lwemozulu; kwaye sikhule kumava. Ukutsiba kwamanzi ke ngoko kubandakanya ukomelela (ukubanakho ukumelana nokuphazamiseka ngaphandle kokungaphumeleli okanye ukuphulukana nomsebenzi obalulekileyo); ukubuyela kwimeko yesiqhelo ngokukhawuleza (ukubuyela ngokukhawuleza kwenkqubo ekusebenzeni ngokupheleleyo emva komothuko); ukuba

nezixhobo ezaneleyo(ukubanako nokulungela ukuqokelela abantu abafunekayo, iinkqubo kunye nezinto eziyimfuneko ezikhokelela, ngexesha nasemva kwengxaki); kunye nokubanakho ukuziqhelanisa (oko kukuthi, ukudala amathuba kunye nokuthatha inyathelo kwizifundo ozifundileyo, ukufunda kwiziphumo kunye nokulungelelanisa izicwangciso zezehlo ezizayo).

Inkonzo: Izibonelelo zeziseko ezingundoqo zendlela

I-DTPW iququzelele ucwangciso lothungelwano lwendlela ngothethathethwano oludibeneyo lwesicwangciso olubizwe ngamanyathelo ocwangciso oluhlanganyelweyo (iiJPI) lweSebe likaRhulumente waseKhaya kunye neSebe leMicimbi yokusiNgqongileyo noCwangciso loPhuhliso. Uthethathethwano lomntu ngamnye lwenzekile noomasipala baseSwartland, iDrakenstein, iOverstrand, iMosselbay kunye neQela lokuSebenza lezoThutho eStellenbosch. I-DTPW igcine unxibelelwano oluqhubekayo kunye nabathathi-nxaxheba abaphambili abanjengeCoCT yezoThutho kunye neGunya loPhuhliso lweDolophu kunye ne-Arhente yeeNdelela zikaZwelonke zoMzantsi Afrika (iSANRAL).

Kwinqanaba leprojekthi, iDTPW iqhubekile ngokuququzelela ukuvavanywa kwendalo esingqongileyo kunye nezivumelwano zokuphunyezwa koomasipala nabasemagunyeni kuzwelonke, kubandakanya ii-arhente ezinje ngeSANRAL, iPRASA, uMbane weCoCT, u-Eskom, kunye neSebe likazwelonke leMicimbi yaManzi noCoceko.

Uthungelwano lwendlela oluphangaleleyo luseyinto ebalulekileyo kwiSebe, kunye nexabiso lokulungisa elingaphezulu kwe-R100 bn. Ukubaluleka kwale asethi kuhlumo loqoqosho lweNtshona Kapa kuboniswa yinto yokuba, kulo nyaka-mali kuphela wama-(2018/19), iWCG yabele ama-R3.205 bn kulwakhiwo nolondolozo lwezixhobo zothutho (ezintsha kwaye ezisele zikho), isenza inxenye ebalulekileyo yenkcitho yeDTPW. Uthungelwano luthwele uninzi lwezithuthi kweli phondo kwaye lubonelela ngonxibelelwano oluphambili lwezoqoqosho phakathi koluntu neengingqi.

Umsebenzi uyaqhubeka kwiiprojekthi ezaye zavunywa ngokusekelwe kwigalelo lazo kuhlumo lwezoqoqosho kunye nokudala imisebenzi kwiNgxowa-mali yokuGcina ii-Asset. Ukuphuhliswa kwe-IDZ eSaldanha Bay nokwandiswa kwezibuko lamanzi anzulu kulindeleke ukuba kube negalelo ekunyukeni kweemfuno zothutho lwendlela.

Iprojekthi ezimbini zemisebenzi yendlela kufutshane naseSaldanha ziza kubonelela ngonxibelelwano oluliqilima phakathi koluntu kunye nothungelwano olubanzi lwezoqoqosho nje ukuba zifikelele esiphelweni. Ukwandiswa kwendlela i-R399 kufutshane naseSaldanha ukuya kwiPort Service Corridor kunye nolwakhiwo lonxibelelwano lwegreenfields phakathi kwendlela i-R45 ne-R27 (kulindeleke ukuba igqitywe ekuqaleni kowama-2020) luqhubeke iinyanga.

Iprojekthi yendlela i-R399 ibandakanya ukwakhiwa konojikeleza wendlela omtsha wokudibana kwendlela yaseVredenburg naseSaldanha, ibhulorho ephezu komzila kaloliwe, kunye nendlela entsha enomgca omnye kwicala ngalinye.

Iprojekthi yegreenfields idibanisa indlela i-R45 ne-R27 eya eHopefield kwaye ibandakanya ukudilizwa kwebhulorho eVredenburg, ulwakhiwo lwamacandelo ezendlela nesiphambuka sayo, ukusebenza kwiibhulorho ezahluka-hlukeneyo kunye

nomjelo onqamlezayo, nokwakiwa kwesiphambuka esikhulu ekujikeni kwi-R27 eVredenburg.

Uyilo lokuqala lokuphuculwa kothungelwano lwendlela olujikeleze iN1/N7 yesiPhambuka saseWingfield luqhubekile kunyaka ophantsi kohlaziyo saza isivumelwano sokuqala sabhengezwa. Ukongeza, ukucwangciswa kokuphuculwa kwe-N7 ukuya kwimigangatho yohola wendlela kwagqitywa.

Inkonzo: Ukulawula nokubeka iliso kwizibonelelo nakwiinkqubo zezothutho olukhethekileyo loluntu

Kunyaka ophantsi kohlaziyo, iDTPW iqhubekile nokulawula nokuxhasa iinkonzo zebhasi kwiNdawo yeDolophu yeKapa ngesivumelwano sayo neNkonzo zeBhasi zeGolden Arrow (iGABS). Ukubeka iliso kwinkonzo nge-elektroniki kuyaqhubeka, kuxhobisa iDTPW ukuba iqhubeke nokuphucula inkonzo, kunye nokuqinisekisa intlawulo kumqhubi.

Isibonelelo sixhaswe ngeSibonelelo seMisebenzi yezoThutho loLuntu (iPTOG) ethe yenyuka ngeepesenti ezili-9.5, ngaphantsi kwexabiso kwentlawulo yerhafu yesivumelwano kumqhubi webhasi oxhaswayo - iipesenti ezili-17.52. Oku kubangele ukwehla kwenani leekhilomitha elinokufumana inkxaso-mali, kunye nokwehliswa kwenani leenkono ezibonelelwa ngumsebenzisi. Iziphumo zolu tshintsho zichaphazele iindawo ezinezidingo eziphezulu kakhulu zeenkono. Ukongeza, ukunqunyanyiswa kweenkonzo zeMetrorail kuMda oPhakathi phantse iinyanga ezintathu kube nefuthe elikhulu, kukhokelele ekunyukeni okubonakalayo kwemfuno kwiindlela zebhasi ecaleni kweCentral Line, kubeka uxinzelelo olukhulu ekusetyenzisweni kwebhasi ngexesha leeyure ezixakekileyo.

Ukungaqiniseki kuhlala kusabelwa uxanduva lomsebenzi wenkonzo yebhasi exhaswa ngemali yeCape Metropolitan. Isicelo seSixeko sisaqwalaselwa nguMphathiswa WezoThutho.

Ubambiswano neCoCT ekuxhaseni inkonzo yeDial-a-Ride iyaqhubeka kunyaka ophantsi kohlaziyo kwaye ithathwa njengongenelelo oluyimpumelelo ekujonganeni nezinye zeemfuno zezithuthi zolunye zeeSNP.

Ngokubambisana noMasipala waseGeorge, iDTPW iyaqhubeka nokuhlonipha isivumelwano sayo neGeorge Link (inkampani yabucala yeebhasi equka abo babefudula beqhuba iitekisi kunye nomqhubi webhasi encinci) ukuqhuba inkonzo yeebhasi ze "GO GEORGE". Ukuphuculwa kweziGaba soku-1, esesi-2 nesesi-3 zenkonzo yinkqubo eqhubekayo, kugxilwe ekunyuseni ukuxhaswa kwebhasi kunye nokwandisa ukusebenza ngaphakathi kwenkqubo.

Nangona kuye kwakho ukulibaziseka ekuphunyezweni kweSigaba sesi-4, esizakunceda uluntu lwaseThembaletu, eBorcherds, eLawaaikamp, eConville naseParkdene, ukuphunyezwa kwezigaba kungenxa yokuqalisa ukusukela kowama-2019/20.

Koku kuqatshelwa, kubekho ukwanda kohambo lwabakhweli kwinkonzo esele ikho, malunga ne-14 500 abakhweli ngosuku. Ngokumalunga namanyathelo oqeqesho, iGeorge Link ikhuthaze uqeqesho lokuqhuba kweyeNkanga wama-2018, ngenjongo yokuqeqesha abanye abagqatswa abali-154 abasuka kwicandelo leetekisi, ukuba bakhona, ukuphunyezwa kwezigaba zozibini zeSigaba sesi-4.

Amalinge oqeqesho kurhulumente aqhubekile noqeqesho loncedo lokuqala olwenzelwa abantu abangama-288 (ama-237 eGeorge Link, kunye nabasebenzi bakamasipala abangama-51 kunye nabasebenzi beWCG) kunye nokufikelela jikelele kunye noqeqesho lokhathalelo lwabathengi kubantu abangama-243 (ama-208 eGeorge Link, noomasipala abangama-35 nakubasebenzi beWCG).

Uphuculo oluninzi lwezibonelelo ezingundoqo zeenkondo zeebhasi ze "GO GEORGE" luye lwagqitywa kulo nyaka uphantsi kohlaluty. Oku kubandakanya ukwenziwa kweendawo zokufihla intloko ngeebhasi ezili-175, ezili-107 zazo zifakiwe.

Kubekho izehlo zokonakaliswa kwendawo yokulinda iibhasi, ke iindawo zokulinda eziseleyo ziza kufakwa kuphela kufutshane nokuphunyezwa kwesigaba esilandelayo. Ukwakhiwa kweendlela kwiZitalato zaseCaledon, eMishini, eMerriman naseMall zeenkondo zebhasi sele kuqalile kwaye kucwangciselwe ukugqitywa kunyaka-mali wama-2019/20.

Uphuculo lweNelson Mandela Boulevard eThembaletu luye lwagqitywa. Nangona kunjalo, uMasipala ubandakanyeka kwimpikiswano esemthethweni nonokhontraktha ngezizathu zokuba umgangatho womsebenzi awamkelekanga, kwaye unokhontraktha usishiyile isiza.

IGeorge Link yanikwa imvume yokuthenga iibhasi ezili-18 ezizimitha ezili-12, ezili-10 zazo esele zizisiwe eGeorge.

I-DTPW yahlala isembindini kulawulo kunye nokubeka iliso kuphonyezwa lweenkondo ze "GO GEORGE", iqukumbela ukugunyaziswa nokuphicothwa kweNkqubo yezoThutho yobuNtloka (i-ITS), nokwenza inkqubo phambili ebonakalayo ekuphumezeni inkqubo ye-Automated Fare Collection (i-AFC) kweyeNkanga wama-2018.

I-DTPW ithathe inxaxheba kwiKomiti yoKhuseleko noKhuselo yezoThutho loLuntu, neyasekwa kunyaka-mali ophantsi kohlaziyo. Ngapha koko, inkqubo ehlengahlengisiweyo phakathi kweDTPW noMasipala waseGeorge iyaqhubeka nokubamba iingxoxo malunga nokudluliselwa komsebenzi ukusuka kwiDTPW ukuya kuMasipala.

Inkondo: Ukulungelelanisa nokuququzelela iinkqubo zothotyelo nokhuselo lwezothutho lomhlaba

I-DTPW ibambe uyilo oludibeneyo lwamaphulo okwazisa ngokudinwa kwabaqhubi.

Irekhodi elide lokulandelela leDTPW lokuvelisa abameli belizwe abasebatsha bokhuselo ezindleleni abanokusebenza njengefuthe elakhayo kwiminyaka ezayo ezibabazwe kulempumelelo ilandelayo:

- Abafundi kwizikolo ezilishumi eNtshona Kapa bayimele ngeqhayiya ukhuseleko lweendlela kukhuphiswano lweeNgxoxo zoKhuseleko kwiiNdelela zikaZwelonke noBuchule boThatho nxaxheba kwiMfundo (iPET) obelubanjelwe eRhawutini kweyeDwarha.
- Abafundi beSikolo sabaneZidingo eziZodwa i-Eros baphume kwindawo yesibini kwingxoxo (kudidi lwabaphila ngokhubazeko).

- Isikolo samaBanga aphezulu iSimon's Town baphume kwindawo yesithathu kwiPET (kudidi lwabasedolophini).

Kuthatha indawo ephambili kakhulu kwiDTPW ukuphakamisa ulwazi kwiingozi zemihla ngemihla ezijongene nabantwana ezindleleni, ngakumbi kwabaselula nabasesichengeni. Ulawulo loKhuseleko eziNdlaleni lweDTPW (iRSM) luchonge izikolo ezili-13 ezivela kwiSixeko saseKapa, iSithili se-Overberg kunye neSithili seWest Coast ukuba zithathe inxaxheba kumjikelo wephondo wolu khuphiswano lukazwelonke. Amagosa olawulo loKhuseleko ezindleleni lweDTPW emva koko abelwa ukulungiselela abaphumeleleyo bephondo kumcimbi kazwelonke.

Inkonzo: Ukukhupha iimvume zokuqhuba kubaqhubi abanobuchule

I-DTPW iqhubekile nokusebenza ngokusondeleleneyo noomasipala abagunyazisiweyo ukuphucula imigangatho yeenkonzo abazinika uluntu. Amaziko okuvavanyelwa iimvume zokuqhuba (iiDLTC) abenako ukunciphisa ixesha eliqhelekileyo apho umntu kufuneka alinde ukufumana iphepha-mvume lokufundela ukuqhuba ukuya kwiinyanga ezimbini, kunye nexesha elifunekayo lokufumana iphepha-mvume lokuqhuba ukuya kwiinyanga ezintathu. La maxesha okulinda athathwa njengafanelekileyo njengoko evumela abafaki-zicelo ukuba balulungiselele kakuhle uviwo kwaye banokunciphisa okungathi kubekho kwamazinga aphezulu okusilela okunokudala ukungenziwa komsebenzi nokwanda kwamaxesha okulinda.

I-DTPW iqinisekisa ngezithuthi ezikhuselekileyo nomqhubi wabemi omiselwe ngokusemthethweni ngokuhlola ukuthotyelwa komthetho ekulweni ubumenemene kumaziko ovavanyo lwezithuthi (iiVTS) neeDLTC.

Inkonzo: Ukukhupha iimvume zezithuthi zemithwalo engaqhelekanga nezehlolo kwiindlela zikawonkewonke

I-DTPW iqhubekile nokusombulula nokukhupha iimpepha-mvume zezithuthi zemithwalo engaqhelekanga ngowama-2018/19. Ukuphuhliswa kwenkqubo yokulungelelanisa ukuhlelwa nokubhaliswa kwezithuthi zemithwalo engaqhelekanga kuyaqhubeka.

Inkonzo: Ukubhalisa abasebenzisi beeteksi ezincinci nemibutho

UMgcini zincwadi zobhaliso lwezoThutho wePhondo wongamela iintlanganiso jikelele zonyaka (ii-AGM) zemibutho yeeteksi njengoko kuyimfuneko yoBuncinane boMgangatho woMgaqo-siseko weemanyano noMthetho oLungisiweyo woMthetho wezoThutho loMhlaba weNtshona Kapa. Ngokugqitywa kweemodyuli zobhaliso lwemibutho yeeteksi namalungu njengenxalenye yophuhliso lweNkqubo entsha yoLawulo lwezoThutho yePhondo (iPTRS), inkqubo yokuqinisekisa ubhaliso kunye nobume bokusebenza kwephepha-mvume lamalungu ombutho ukulungiselela ii-AGM yaphuculwa kakhulu kwaye wakhawuleziswa.

ISebe liququzelele ngempumelelo unyulo lwengingqi nolwephondo lwesebe laseNtshona Kapa leBhunga leeTeksi zikaZwelonke laseMzantsi Afrika (iSANTACO).

Izivumelwano zokuqonda phakathi kweDTPW nemibutho yezoshishino emele iiteksi ezincinci, iiteksi zemitha, kunye nabaqhubi beebhasi ezincinci kuqwalaselwe kwakhona ngowama-2018/19.

Inkonzo: Ukubonelela ngeenkono zezisombululo zembambano kwicandelo lezothutho loluntu

Ukusebenza ngokungekho mthethweni kweeteksi kuhlala kungunobangela wenkxalabo. Abasebenzisi ngokungekho mthethweni nokuthintela ngabom ukusebenza kwabasebenzi abasemthethweni kukhokelele ekubeni uMphathi woBhaliso lwezoThutho wePhondo athabathe amanyathelo oluleko ngokuchasene nemibutho emininzi ngokwecandelo lesi-7 (A) (20) loMthetho woLungiso weWCRTA. I-DTPW, ibambisene neNkonzo yaMapolisa oMzantsi Afrika (iSAPS) neGunya lezoTshutshiso kuZwelonke (iNPA), sele bezimisele ukuphanda nokusombulula oyena nobangela wezi ngxabano, kubandakanya ukugqithisa kurhwebo, ukungenela nokuphanga ezindleleni.

Ungquzulwano phakathi kwemibutho yamalungu nabaqhubi abazimanya noMbutho weeTeksi oDibeneyo weCape (iCATA) luye lwanda lwaba bubundlobongela, nenani lamaphulo okudutyulwa kwabantu ababulalayo enxulunyaniswa ngqo nongquzulwano. Kumatyala abandakanya ungquzulwano olunobundlobongela kunye nezinye izenzo zolwaphulo-mthetho, iSAPS yathatha uxanduva lomsebenzi, ngenkxaso evela kumagosa ezindlela nakwezothutho ukuchonga abasebenza ngokusemthethweni nabangekho mthethweni. Kwiindawo zongquzulwano ezifana neDelft kunye neBellville, iSebe libonelele ngeenkono zolamlo. Kumatyala abandakanya izehlo zobundlobongela kwiirensi zeeteksi, kubandakanya nokubulala kunye nokuzama ukubulala, uMgcini zincwadi zobhaliso lwezoThutho wePhondo walungisa izaziso ngokwecandelo lama-91 leNLTA, elenza ukuba uMphathiswa Wezothutho Nemisebenzi Yoluntu abhengeze amanyathelo angaqhelekanga, kubandakanya nokuvalwa kweirensi okanye iindlela.

Inkonzo: Unxibelelwano lokhuseleko ezindleleni

IKhalenda yaseKhaya eKhuselekileyo igcinwe ngempumelelo ngowama-2018/19. Umsebenzi wamaqonga onxibelelwano lwentlalo wenze uqilima lwenkqubo yoqhagamshelwano, kwaye iinombolo zabalandeli bethu kuFacebook, kuTwitter nakwiqonga likaYouTube zabonisa ukukhula okunempilo. Iphulo lomphemeleli kwi-intanethi likwaqalisile ukuvelisa iziphumo ezilungileyo, ukukhula kwabaphulaphuli kunye nokuzibandakanya.

I-DTPW iqhubekile nokusebenzisa isiseko se-asethi yentengiso yokhuseleko ezindleleni ephuhlise kunyaka-mali ophelileyo kuba kwakungekho hlahlo-lwabiwo mali lutsha lophuhliso. Ngelixa ikhaya eliKhuselekileyo lingekabikho semngciphekweni wentengiso, kodwa oku kusenokufuna ukuthathelwa ingqalelo kunyaka-mali olandelayo.

Ividiyo ezintsha zokhuseleko loluntu kunye nephulo likanomathotholo zaphuhliselwa ukudala ulwazi malunga nobuchwephesha obutsha bonyanzeliso mthetho, ngokukodwa uVavanyo lokuphefumliswa ngokungakhethiyo (iRBT), ubungqina bokuvavanywa kotywala ngokuphefumliswa (i-EBAT), kunye ne-ITIH. Uhlahlo-lwabiwo mali olongeziweyo ngexesha leholide yama-2018/19 kudale ukubonwa luninzi lwezi asethi kwi-intanethi, kuxhaswe liphulo likanomathotholo elibanzi ngeli xesha libaluleke kangaka. Iphulo elikwi-intanethi, ngakumbi, lifezekise iziphumo ezonelisayo kwaye lwandise kakhulu ulwazi ngobuchwephesha obutsha.

Ukuvezwa okongeziweyo ngelishesha leholide kuye kwafezekiswa ngesibonelelo sentlalontle esiquzelelwe yi-arhente yemithombo yeendaba yeSebe, evumela

uqhambuko lweenyanga ezimbini zokuboniswa kwentengiso kumabonakude i "Boys" RBT kwiDSTV.

Isebe likwazise ngephulo elitsha elikwi-intanethi le-#PropesForCops kweyomNga wama-2018, ejolise ekukhuthazeni imbonakalo entle yokunyanzeliswa komthetho eNtshona Kapa. Eli phulo liyaqhubeka ukwenza kakuhle kwaye kuveza inkuthazo yothethathethwano oluluncedo.

Umsebenzi wophando woVavanyo lweKhaya oluKhuselekileyo lwesi-4 waqakunjelwa kunyaka-mali ophantsi kohlaziyo, ngohlalutyo olugqitywe ekuqaleni konyaka-mali wama-2019/20. Icandelo elitsha longezwa kuhlalutyo lovavanyo lweDSP ITIH.

Uphando lwakutsha nje lwabahlali luveze ukuba iipesenti ezingama-74 zabaphendulayo zibonise ukuba indawo yabo yindawo engcono yokuhlala kunonyaka ophelileyo. Ezona zizathu ziphambili zinikiweyo ibe ziikhamera ezintsha zokhuselo nenani elinyukayileyo lamagosa onyanzeliso lomthetho eTown 2, eKhayelitsha, ezifakwe phantsi koTshintsho lweZinto kuNcithiso lobuNgozi boTywala. Iikhamera zokhuselo zikhokelele ekubanjweni kwababini kubonwe ngamaqela abeka esweni iikhamera ezisibhozo zokukhusela ezitalatweni eTown 2. KweyeKhala wama-2018, enye yeekhamera zokhuseleko yaveza amadoda amabini ephanga owasetyhini. Abonyanzeliso komthetho baphendula ngokukhawuleza aze amadoda amabini abanjwa.

Inkonzo: Imfundo ngokhuseleko ezindleleni namaphulo okuhlaba ikhwelo

Ungenelelo olumandla lokufundisa ngokhuseleko ezindleleni kunye nokuhlaba ikhwelo namaphulo ajolise kubo bonke abasebenzisi bendlela aqhutywe ezikolweni nakuluntu kwiphondo liphela. Inani leprojekthi ezisekelwe ezikolweni ezifana nokugada ngokujikeleza kwabafundi, iingxoxo zesikolo ngokhuseleko ezindleleni, intetho-ngxoxo kunye neencoko, iNkqubo yoKhuseleko kwezeMfundo eziNdleleni, amaziko oaqesho olunganeno lwezothutho (iiJTTC) kunye neeNdlela zokuThatha inxaxheba kwezeMfundo iyaqhubeka kunyaka ophantsi kohlaziyo. Iinkqubo zamaphepha-mvume kwabafundela ukuqhuba zaziswa kulutsha olukwiminyaka efanelekileyo kwiindawo ezazifudula zisingelwe phantsi ukunceda abathathi-nxaxheba kukhangelo lwabo lomsebenzi. Utshintsho luyaqhubeka ukuphucula ifomathi yenkcazo, isigaba sokuqala ikukwenziwa mfutshane kwenkqubo ukusuka kwiintsuku ezintlanu ukuya kwezintathu, esele ibonakalisile ukuphucuka okubonakalayo kubantu abazimase inkqubo ephelileyo. Amanye amaphulo okhuseleko ezindleleni ajolise kuluntu njengabahambi ngeenyawo, abaqhubi kunye nabakhweli bezithuthi zikawonkewonke.

Amagosa ecandelo lolawulo lweRSM yeDTPW kunye neWCED bagqibe ukumakisha iindlela kwiJTTC entsha kwingingqi yeWCED Metro North. IiJTTC ziindawo ezilinganayo ezilinganiselweyo zendlela apho abafundi bezikolo zamabanga aphantsi banokufunda imikhwa elungileyo yokhuseleko ezindleleni kunye nokusetyenziswa kwendlela ngokufanelekileyo. Kunyaka-mali wama-2018/19, iRSM yaseka iiJTTC eMossel Bay, eGeorge, eWorcester, eCeres, ePrince Albert, nakummandla weMetropolitan waseKapa.

Uninzi lwabantwana abavela kwiindawo ezihlelekileyo kufuneka bahambe ngeenyawo xa besiya esikolweni, kwithala leencwadi, nakundwendwela abahlobo

kunye nosapho. Abafundi bezikolo zamabanga aphantsi babalulekile kujoliso lweRSM kuba ngabona basesichengeni njengabahambi ngeenyawo, kwaye kuba ukufunda imikhwa elungileyo yokhuseleko besebancinci kunika ithuba lokuphila ubomi bonke. Oku kuxhasa injongo yeRSM iyonke yokwazisa ngeengozi zendlela kunye nokubaluleka kwemikhwa elungileyo yokhuseleko ezindleleni phakathi kwabantu ekujoliswe kubo.

Inkonzo: Uqeqesho nophuhliso kwezothutho

ICandelo loLawulo: uQeqesho noPhuhliso lwezeNdlela (eliseGene Louw Traffic College [iGLTC]) kunye noLawulo loMgangatho noVavanyo (iQME) liququzelele iinkqubo zoqeqesho eziqinisekisiweyo zoMvavanyi weZithuthi (i-EOV) kunye naBavavanyi beziqinisekiso zeeMvume zokuQhuba ze-EDL), ngokunjalo njengesiQinisekiso seMfundo noQeqesho oluQhubekayo: uNyanzeliso loMthetho wezoThutho eziNdleleni. Olu ngenelelo lulawulwa liQumrhu loLawulo lweziThuthi eziNdleleni kwakunye neGunya lezeMfundo noQeqesho kwiCandelo lezoKhuselo noKhuseleko (iSASSETA). I-GLTC ikwazile ukugqitha kobe kujoliswe kuko konyaka lwenani labafundi abaqeqeshiweyo, njengoko uqeqesho oluhlaziyiweyo lwe-EDL longezwe kuluhlu lwezifundo, kwaye ikwadlula kobe kujoliswe kuko lwenani labafundi abalugqibe ngempumelelo uqeqesho.

Ikholeji iqhubele phambili ijolise ekwakheni ubudlelwane obusondeleyo neCandelo loLawulo: lokuQinisekiswa kokuThotyelwa kweMithetho yezeNdlela okukhokelele kuqeqesho lwamagosa kwizixhobo ezikhawulezayo. Indlela edibeneyo ilandelwe: iqonga le-e-Learning, kunye nongenelelo lokuqala loqeqesho kwimpahla eyingozi. Uqeqesho oluqhubekayo lubandakanya uqeqesho lokuhlaziya imipu kumagosa, kunye nokuqaliswa kophuhliso lweenkqubo zoqeqesho kusetyenziswa indlela edibeneyo yoMphathi oyiNtloko wePhondo - iiNqununu kunye nabaHloli abaPhezulu bePhondo njengenxalenye yokugxila ekulandeleni ikhondo lomsebenzi. I-GLTC iyaqhubeka ukukhuthaza ubudlelwane kunye nabasemagunyeni apho kuye kwaphelela kuqeqesho lwabaphathi bezithuthi bakaMasipala waseSwartland.

Inkonzo: Unyanzeliso lomthetho wezithuthi

Ngelixa uninzi lwabasebenzisi beendlela zezithuthi zabucala nezoluntu zihambelana nemithetho yendlela, ukuqhubekaka nokungaguquguquki okusebenzayo nokunyanzelisa ukuthotyelwa komthetho kwezothutho kuyakuhlala kuyimfuneko ukujongana nokonyuka okukhawulezileyo kwabaqhubi nezithuthi kuzo zonke iindlela zethu. Ungenelelo olunefuthe kunyanzeliso lomthetho ezindleleni olunje ngokwandiswa kweeDSP, iRBT kunye nokuhanjiswa kweeyunithi ezibubungqina bokuhanjiswa kotywala kuncede ekusombululeni ingxaki yokusela nokuqhuba ezindleleni zethu. ICandelo loLawulo: Unyanzeliso loMthetho weZindlela (iTLE) liphucule ukunyanzeliswa ngokusebenzisa izixhobo ezifumaneka kwi-Integrated Intelligence Hub kunye nezixhobo zayo njengezixhobo eziphathwayo ukufumana idatha yexesha elifanelekileyo. Oku kwenza ukuba kube lula ukuhambisa izixhobo apho kufuneka khona, kunye nokucwangcisa ngokufanelekileyo.

Inkonzo: Ummiselo wenguqu namalinge onyanzeliso

Ukufa ngeengozi ezindleleni

Xa kuthelakiswa nowama-2017/18, iNtshona Kapa ifumene ukwehla okupheleleyo kwabantu ababhubha ezindleleni. Ngelixa uhlobo lomsebenzisi webhayisikile lulo kuphela udidi olubonisa ukwanda kwabantu abaswelekileyo (iipesenti ezingama-36), ukufa kwabahambi ngeenyawo kuhlala kuyinkxalabo enkulu njengeyona nto inegalelo ekubhubheni kwabantu ezindleleni kunyaka wokunika ingxelo. Nangona kunjalo, kuyakhuthaza ukuqaphela ukuba iinkcukacha-manani ezikwitheyibhile engezantsi abonisa ukwehla kweepesenti ezi-5.3 zabantu abaswelekileyo ngowama-2018/19 kolu hlobo luthile lomsebenzisi wendlela.

Kuwo wonke lo nyaka uphelileyo, iDTPW kunye namahlakani ayo bahlala bezinikele ekuphumezeni umsebenzi wokunyanzeliswa komthetho ngokuqhuba amaphulo ahlanganisiweyo ezothutho kunye nokhuseleko ezindleleni ezijolise ekusindiseni ubomi. Ngelixa iDTPW isilele ekufezekiseni umbono wayo kule nkalo: "Akukho mntu makabulawe okanye enzakale kwiindlela zethu", iTLE iyaqhubeka ukwenza inkqubela phambili kwaye ifunde izifundo ezibalulekileyo ezinceda ukulungelelanisa indlela esetyenziswa rhoqo.

Itheyibhile ye-5: Ukufa ezindleleni ukusuka kowama-2017/18 ukuya kowama-2018/19

Umsebenzisi wendlela	2017/18	2018/19	Unxaxho (%)
Umkhweli bhayisikile	16	25	+36
Umqhubi	284	271	-4.6
Umwi kwisithuthi	13	3	-76.9
Umkhweli ngemva kwisithuthuthu	2	2	0
Umqhubi bhayisikile	72	61	-15.3
Abanye	20	4	-80
Umkhweli	362	343	-5.2
Umhambi ngeenyawo	642	608	-5.3
Iyonke	1 411	1 317	-6.6

Imvelaphi: Isebe leNtshona Kapa leeNkonzo zoPhando lwezeMpilo ngeZifo

Izicwangciso zokhuselo lwesithili saseNtshona Kapa

Umbono owazisa iiDSPs ngulo: "Akukho kufa namonzakalo mkhulu kwiindlela zephondo". IiDSP zijolise ekwenzeni oku ngokudibanisa zonke izinto ezinokuthi zibe negalelo kukhuseleko ezindleleni kwisicwangciso esinye esidibeneyo nesimanyeneyo esiphendula kwezona mfuno ziziseko. Ukubeka esweni novavanyo okuqhubayo kwakhelwe kwisicwangciso sokuphumeza ukuze izifundo kumava zibe nokwazisa ngophuhliso lwezicwangciso ezifanayo nezinye izithili zephondo.

Ngenxa yempumelelo yeprojekthi yokulinga e-Overberg eyaqaliswa ngowama-2016, iWCG isebenzisana neCoCT ekuphumezeni iDSP yesibini kwindawo yaseKhayelitsha/Lingeletu West ngowama-2018. Ugxininiso kukhuseleko lwabahambi ngendlela lubonakele ukuba lunegalelo elilodwa ngokubaluleka kule ngingqi.

I-DSP yoNcweme oluseNtshona (eMazantsi), unyanzeliso olumanyanisiweyo, imfundo nesicwangciso sobunjini bokhuseleko ezindleleni kwinxalenye esemazantsi eSithili seWest Coast, yasungulwa kweyeDwarha kunyaka ophelileyo eMorreesburg.

Ii-DSP zoNcweme oluseNtshona (eMantla), iN7 eseMantla kunye neWinelands East zaye zacwangciswa nabo bonke abachaphazelekayo abazinikeleyo ekuthatheni inxaxheba kweli phulo libalulekileyo lowama-2019/20.

Iiyunithi ezihambayo zokuvavanya izithuthi (iiVTU)

IiVTU ezihambayo zixhaswe yiRTMC ukuncedisa iTLE ukwenza uvavanyo lwasecaleni kwendlela lokulungela kwezithuthi ukuhamba endleleni lube nempumelelo engumangaliso okoko zathunyelwa.

Phakathi komhla woku-1 kweyoKwindla ngowama-2018 nowama-30 kuTshazimpunzi wama-2019, imisebenzi emanyanisiweyo eli-152 yeVTU yenziwa ngentsebenziswano nabaphathi bendawo kunye neSAPS. IiVTU zaye zasetyenziselwa ukusebenza iiyure ezingama-731. Zizonke iimoto ezingama-3 044 zavavanywa, ezili-1 224 zazo zanikwa iZaziso eziYekisiweyo zeCandelo lama-44, zaza ezingama-44 zazo zathinjwa. Ukongeza, abaqhubi abangama-43 babanjwa ngenxa yokuqhuba bephantsi kwempembelelo zotywala nokuba namaxwebhu obumenemene. Ukuvavanywa kwezithuthi kuqinisekisa ukuba kuphela zizithuthi ezikhuselekileyo nezifanele ukuba sezindleleni ezivumelekileyo.

Ubungqina bokuvavanywa kotywala ngokuphefumliswa neyunithi yovavanyo ehambayo

IIntshona Kapa yaba liphondo lokuqala ukwazisa kwakhona ngobungqina bokuvavanywa kotywala ngokuphefumliswa ngokusekwa kweZiko lokuNgqiniswa koTywala eVangate Shared Resource Centre e-Athlone. Iziko lesibini lokuNgqiniswa koTywala laqala ukusebenza kweyomNga wama-2017 kwiZiko lezoThutho kwiPhondo laseGeorge.

Icandelo lokuqala loMzantsi Afrika leRBT lasungulwa liSebe kwaye lisazwa kwimisebenzi yemihla ngemihla kwiSithili sase-Overberg. I-DTPW ibinceda ekuxhaseni iCoCT ekufakweni kweeyunithi zayo ezihambayo, kwaye isasaze ngokongeza iiyunithi ezimbini ezihambayo ngenjongo zokuphinda kuNcweme lwaseNtshona nasezithilini zaseWinelands njengenxalenye yesicwangciso sokunyanzeliswa komthetho wexesha leholide wama-2018 seTLE. Ukuphunyezwa kwemisebenzi yemihla ngemihla yeRBT nemisebenzi yotywala ngempelaveki kube yinxalenye yongenelelo lwethu lokunyanzeliswa komthetho kwiNtshona Kapa iphela.

Ukuhluthwa kunye nokubanjwa iziyobisi ezingekho mthethweni kunye nobomi baselwandle

I-TLE iqhube amaphulo amaninzi okubanjwa kweziyobisi ezingekho mthethweni nokwezobomi baselwandle okungekho mthethweni kwiindlela zephondo nezikazwelonke eNtshona Kapa kunyaka-mali wama-2018/19.

Itheyibhile ye-6: Ukuhluthwa kunye nokubanjwa ngenxa yeziyobisi ezingekho mthethweni kunye nezobomi baselwandle

	Amangquba (R)	Unamvuna (icrayfish) (R)	Intsangu (R)	Isiyobisi (i-ecstasy) (R)	Iziyobisi esingekho semthethweni (R)	iMandrax (R)	iTik (R)	Zizonke (R)
eBeaufort West	-	-	63 500	-	-	-	-	63 500
eBrackenfell	-	-	-	-	120 000	-	-	120 000
eCaledon	800 000	720 000	45 010	-	-	-	-	1 565 010
eGeorge	-	-	5 005	-	-	-	100 000	105 005
eKnysna	-	-	-	100	-	55 000	-	55 100
eLaingsburg	-	-	412 000	-	-	-	-	412 000
eMossel Bay	-	-	-	-	-	40	20 040	20 080
eSomerset West	-	-	-	-	-	300	-	300
eSwellendam	-	-	350	-	-	-	-	350
eVredenburg	-	-	5 900	-	100	-	-	6 000
eVredendal	-	-	1 530	-	2 620	2 700 000	-	2 704 150
eWorcester	-	-	25 000	-	-	-	-	25 000
Zizonke	800 000	720 000	558 295	100	122 720	2 755 340	120 040	5 076 495

Imvelaphi: lirekhodi zeDTPW zoThutho lwePhondo

Imisebenzi yohlaba ikhwelo ngokudinwa

Ukudinwa kudlale indima ebalulekileyo kwinani elonyukayo leengozi kunye nokusweleka okunxulumene noko kwindlela uN1. Indlela ibonakala ngemigama emide phakathi kweedolophu kunye neendawo ezimbalwa kakhulu ezikhuselekileyo phakathi kweedolophu apho abaqhubi banokuphumla khona okanye baphule iihambo zabo. Ukuphunyezwa kwemisebenzi yokwazisa ngokudinwa kuye kwanceda iTLE ukunciphisa umngcipheko wokuqhuba ngelixa udiniwe. Njengenxalenye yendlela yokudibanisa amacebo, iDTPW ijolise kushishino lwezothutho loluntu ngeNkqubo yoLawulo lokuDinwa kwabaqhubi. Inguqulelo ehlaziyweyo yale nkqubo yalingwa kwisithuba seeholide sowama-2018 kuN1 phakathi kwePaarl neBeaufort West.

Olu lingo lutsha luqokelele idatha ebalulekileyo evela kwinkqubo yonyanzeliso lomthetho wesantya sekhamera ye-ASOD yeDODW, kwitekhnoloji yezithuthi (iidashcams), kunye nezixhobo eziphathwayo. Ezi zixhobo zonyanzeliso ngoku zinokusetyenziselwa ukulandelela idatha ephambili yokudinwa ebonisa indawo yokuhamba kunye nokufika, amaxesha okuqhuba, ukukhawulezisa isantya, kunye nokulandela umkhondo wezithuthi.

Ukuqokelelwa kwale datha ngoku kuvumela amagosa onyanzeliso ukuba, ngokusebenzisa indawo exakekileyo yoBuntlola obuDibeneyo, akhuphe izaziso zokudinwa kwizithuthi zikawonke-wonke ezichongiweyo ezihamba ngesantya esiphakame kangangokuba kuthetha ukuba abaqhubi kusenokwenzeka ukuba babeqhuba ngaphandle kokuphumla.

Xa izithuthi zichongiwe, izilumkiso zithunyelwa kwizixhobo ezigcinwe ngesandla ecaleni kwendlela apho amagosa alumkisiweyo anokumisa khona isithuthi ukuze aqhubeke

nophando. Abaqhubi banokuvavanywa ukuba babonakalise ukukhathala kunye noxinzelelo lwegazi kunye novavanyo lweglucose lunokwenziwa ziiNkonzo zezoNyango eziNgxamisekileyo. Abaqhubi bezithuthi abadiniweyo bayanyanzeleka ukuba baphumle ngaphambi kokuqhubeka nohambo lwabo.

Ubandakanyo lwamajelo eendaba

Unxibelelwano noonondaba yinto ephambili eqhubayo kwaye kudliwanondlebe kunye noonomathotholo abangama-716 kunye neengxoxo ezili-16 zikamabonakude ezenziwa kwizikhululo zikanomathotholo nakumabonakude kulo nyaka uphononongwayo. Usasazo olukhethekileyo lwalusenziwa rhoqo kunomathotholo. Ezi ndibano zosasazo zazisa abaqhubi beemoto malunga neemeko zendlela, iipateni zendlela kunye nolunye ulwazi olunokubanceda ekucwangciseni uhambo lwabo. Ukukhutshwa kwamajelo eendaba kwakukhutshwa ngeveki kumaphephandaba asekuhlaleni. Imathiriyeli yapapashwa kumaqonga eendaba ezentlalo kwaye ulwazi lwenziwa malunga namabhanti ezihlalo, ukusetyenziswa kotywala, ukubonakala, isantya, ukhuseleko lwabahambi ngeenyawo kunye neprojekthi yeRBT, phakathi kwezinye izinto. Ngaphezulu kwesigidi esi-1.3 semibono yento efanelekileyo eyenzekileyo kuFacebook kwaye ividiyo #ItCanWait kuYouTube isabambe elona zinga liphezulu labalandeli kwimithombo yevidiyo yokuphakamisa ukhuseleko ezindleleni efumaneka kuTwitter, YouTube nakuFacebook.

2.2 IsiCwangciso soPhuculo soHanjiso lweenkonzo (iSDIP)

Isicwangciso sophuculo lohanjiso lweenkonzo

I-DTPW iphuhlise iSDIP yeNkqubo-sikhokelo yeNkcitho yeXesha eliPhakathi kowama-2018/19 ukuya kuma-2020/21 neyaziswa sisiCwangciso sayo seQhinga: sama-2015/16 ukuya kwama- 2019/20 kwaye yalungelelaniswa nesiCwangciso sokuSebenza soNyaka (i-APP) sama-2018/19. I-SDIP ijolise ekuqwalaseleni iinkalo ezimbini zokuphucula iinkonzo: iRSM kunye noMmiselo wezoThutho.

Inkonzo yoku-1 yeRSM: Ukumilisela nokulungelelanisa iinkqubo zokufundisa ngokhuseleko ezindleleni nokuhlaba ikhwelo

Ukutshintsha indlela yokuziphatha kwabasebenzisi bendlela ngokunyanzeliswa komthetho, imfundo nokwazisa, kunye nongenelelo lobunjinieli kubalulekile ukuqinisekisa imeko yendlela ekhuselekileyo. Ukuxhasa isicwangciso-qhinga sikaZwelonke soKhuseleko eziNdleleni ngowama-2016 ukuya kowama-2030, imfundo nokwazisa kufuneka kujoliswe ebantwaneni nakulutsha apho iindlela zokungenelela zotshintsho ekuziphatheni zinokuba luncedo kakhulu ekufundiseni indlela yokuziphatha eluntwini. Ukuphuculwa kwenkonzo bekucingelwa ukuba kukhuthazwe utshintsho kwindlela yokuziphatha kwabasebenzisi ngokwanda kongenelelo lokufundisa ngokhuseleko ezindleleni ukusuka kwisiseko sama-420 ngowama-2017/18 ukuya kuma-480 ngowama-2020/21. Inani ekujoliswe kulo lokungenelela kowama-2018/19 ibingama-440 kwaye eyona mpumelelo yokungenelela kwama-573 yarekhodwa.

Ukuphunyezwa okwandayo kweeJTC kwabonwa njengendawo yokuphucula ukufundisa abantwana ukusuka kwinqanaba lokufunda ngaphambi kokugcina

ukhuseleko ezindleleni. Kunyaka-mali wama-2018/19, iCandelo leRSM liseke iiJTTC kwizikolo zamabanga aphantsi eMossel Bay, eGeorge, eWorcester, eCeres, ePrince Albert, nakwingingqi yeMetropolitan yaseKapa. Ukusuka kwiiJTTC ezintandathu eNtshona Kapa ngowama-2017/18, ngoku zili-12 ekupheleni kowama-2018/19.

Ukuhambisana nobuXhakaxhaka boBuchule baleMihla lweSigaba seSine, iqonga leMoodle lasekelwa ukuguqula inkqubo yephepha-mvume lokufundela ukuqhuba ukusuka kwincwadana yemigaqo ukuya kwidijithali. Inxalenye yezixhobo zokufunda ze-K53 yaguqulwa ngowama-2018/19 liZiko le-e-Innovation kwiDoTP. Inkqubo iya kuqhubeka kunyaka-mali wama-2019/20.

Uphando lubonisa ukuba ukusetyenziswa kwezixhobo zokulinganisa ukuqhuba kuqeqesho lwabaqhubi abasaqalayo kunokunyusa kakhulu ukuqhuba ngokukhuselekileyo. Ngokuphathelene noku, isindululo senkxaso-mali samkelwe yiNgxowa-mali yoQeqesho neyayixhaswe liSebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho ngowama-2018/19 kwixabiso le-R100 000.00 uphando olunokwenzeka kwiNkqubo yokuLinganisa eNtshona Kapa.

Itheyibhile ye-7: Ezona nkonzo ziphambili zibonelelwayo nemigangatho

Ezona nkonzo ziphambili	Abaxhamli	Indawo yokusebenza	Unyaka wesiseko: 2017/18	Umgangatho onqwenelekayo wenkonzo: 2018/19	Eyona mpumelelo: 2018/19
Ukuphumeza nokulungiselela imfundo yokhuseleko ezindleleni neenkqubo zokuhlaba ikhwelo	Uluntu jikelel, ulutsha nabafundi ezikolweni.	Imfundo yokhuseleko ezindleleni nongenelelo lokuhlaba ikhwelo	420	440	573
		Ukwandisa inani leeJITC	IiJITC ezintandathu (6), usasazo kwiziko elinye (1) ngokwesithili ngasinye	IiJITC ezimbini (2) kwisithili ngasinye	IiJITC ezi-6 zifezekisiwe ngowama-2018/19 (IiJITC ezili-12 ziyanda kwiphondo).
		Ukufakwa ekhompuyutheni koqeqesho lwamaphepha-mvume okufundela ukuqhuba	Uqeqesho lwamaphepha-mvume okufundela ukuqhuba kwaye uvavanyo luqhutyiwe ngezandla, kusetyenziswa iikopi ezingamaphepha.	Qhuba isifundo sohlolo sobuchwephesha balemihla	Uhlolo lwaqhutywa apho emva kokusekwa kweMoodle nenxalenye yezixhobo zokufunda zeK53 zafakwa kubuchwephesha balemihla. Ngaphaya koko, isindululo sokwenza izinto ezintsha sokwenza inkxaso-mali kwisifundo seNkqubo yoLinganiso samkelwa kwaye iNkqubo iya kuqala ngowam-2019/20

Itheyibhile yesi-8: Inkonzo yokuQala: Amalungiselelo eBatho Pele nabaxhamli (Imigaqo esibhozo: ukubonisana, ufikelelo, njl.)

Amalungiselelo angoku: 2017/18	Amalungiselelo anqwenelekayo 2018/19	Eyona mpumelelo 2018/19
--------------------------------	--------------------------------------	-------------------------

Amalungiselelo angoku: 2017/18	Amalungiselelo anqwenelekayo 2018/19	Eyona mpumelelo 2018/19
<p>lingcebiso:</p> <ul style="list-style-type: none"> Abafundi bamabanga aphezulu (abakwiminyaka eli-17 nangaphezulu); Ulutsha olungasebenziyo kwiindawo ezihlelekileyo (kwishumi elineshi-18 ukuya kumashumi ama-35); Abafundi abasaqeqeshelwa umsebenzi; Abathunyelwe ngokwemibutho engenzi nzuzo (iiNGO) nabanye. 	<p>lingcebiso:</p> <ul style="list-style-type: none"> Ukuphucula iingcebiso nalamaqela ahlelekileyo alandelayo: Abasebenzi basezifama abangakwazi kakuhle ukufunda nokubhala, Abaxhasi abanokhubazeko lokungabinako ukufunda kakuhle. <p>Uthethathethwano nomLawuli oyiNtloko: uLawulo lweeNdalela zoThungelwano ukuncedisa nodluliselo lwenkqubo.</p> <p>Uthethathethwano nabachaphazelekayo lubandakanya:</p> <ul style="list-style-type: none"> Amabhunga alawula izikolo; Abefundisi-ntsapho; Abafundi; Amaqonga ezokhuseleko ezindleleni zesithili; Amaqonga ezokhuseleko ezindleleni kulutsha lwesithili. 	<p>lingcebiso:</p> <p>Umgangatho obunqweneleka ufezekisiwe. Uthethathethwano luphuculwe, nangona kunjalo kuyafuneka kuqatshelwe ukuba amaqonga ezokhuseleko ezindleleni kulutsha akasebenzi.</p>
<p>Umgangatho wenkonzo:</p> <p>Uqeqesho lwamaphepha-mvume okufundela ukuqhuba aphunyeziweyo kuzakubonelelwa ngawo kumfaki sicelo kwiiveki ezine (4) emva kokuba isicelo sifunyenwe.</p> <p>Impendulo kufuneka inikeziwe ngumfaki sicelo kwiiveki ezintathu (3) phambi kokuba uqeqesho luqale.</p>	<p>Umgangatho wenkonzo:</p> <p>Uqeqesho lwamaphepha-mvume okufundela ukuqhuba luza kunikezelwa kumfaki sicelo kwiiveki ezintathu (3) emva kokuba isicelo sifunyenwe.</p> <p>Impendulo kufuneka inikeziwe ngumfaki sicelo kwiiveki ezimbini (2) phambi kokuba uqeqesho luqale.</p>	<p>Umgangatho wenkonzo:</p> <p>Umgangatho obunqweneleka ufezekisiwe.</p>
<p>Intlonipho:</p> <p>Intlonipho iyaxelwa kwaye ilinganiselwa ngoko/kwe:</p> <ul style="list-style-type: none"> Ngxelo nofikelelo lula kulawulo lweCandelo; Thungelwano lweSebe. 	<p>Intlonipho:</p> <p>Umgangatho ugciniwe.</p>	<p>Intlonipho:</p> <p>Umgangatho okhoyo ugciniwe.</p>

Amalungiselelo angoku: 2017/18	Amalungiselelo anqwenelekayo 2018/19	Eyona mpumelelo 2018/19
Ufikelelo:	Ufikelelo:	Ufikelelo:
Inkonzo yeJTTC iyafikeleleka kuzo zozithandathu izithili kwiphondo; iziko elinye (1) kwisithili ngasinye.	Ufikelelo kwinkonzo yeJTTC luyandiswa ngenkonzo enye (1) kwisithili ngasinye.	Umgangatho obunqweneleka ufezekisiwe.
Uqeqesho lwamaphepha-mvume okufundela ukuqhuba kwaye uvavanyo luqhutywe ngesandla kusetyenziswa iikopi zephepha kuzo zozithandathu (6) izithili kwiphondo.	Uphando lokwenza uqeqesho lwamaphepha-mvume novavanyo lufikeleleke: <ul style="list-style-type: none"> • Kubasebenzi basezifama abangakwazi kakuhle ukufunda nokubhala; • Abaxhasi abanokhubazeko lokungakwazi kakuhle ukufunda. 	Umgangatho obunqweneleka ufezekisiwe.
Ukungafihlisi nokubaselubala:	Ukungafihlisi nokubaselubala:	Ukungafihlisi nokubaselubala:
Izikolo ezichongelwe ungenelelo lweJTTC ngokwesithili ngasinye zichongwa unyaka kwangaphambi kusetyenziswa iKomiti efanelekileyo yeSithili yoLungelelwaniso loLawulo lweziThuthi zeNdlala (iDRTMCC).	Izikolo ezichongelwe ungenelelo lwe-JTTC kwisithili ngasinye zichongiwe kwiinyanga ezili-9 kwangaphambili ngeDRTMCC efanelekileyo.	Umgangatho obunqweneleka ufezekisiwe.
Igalelo labathengi kuqeqesho lwelayisenisi yovavanyo lwabafundi lufunyanwa ngamagosa okhuseleko ezindleleni (iiPRSO) abelwe isithili ngasinye.	Igalelo labaxhasi kuqeqesho lwamaphepha-mvume okufundela ukuqhuba kwaye novavanyo lufunyenwe ngolwabiwo lwePRSO kwisithili ngasinye kwaye kufakwe ngesandla.	Umgangatho obunqweneleka ufezekisiwe.
Ixabiso lemali:	Ixabiso lemali:	Ixabiso lemali:
Okwangoku, akukho nkxaso-mali yokuphumeza ngaphezulu kweJTTC enye (1) kwisithili ngasinye.	Phanda iindlela ezinenkcitho-mali ukubonelela ngeemfuno zeeJTTC ezinxulumene ngokukodwa nokuthengwa kwezixhobo (iimpawu zendlela) kunye nepeyinti.	Umgangatho obunqweneleka ufezekisiwe.
Uninzi lwabafundi abaphumelela iimvavanyo zabo abanakho ukufikelela kwizifundo zephepha-mvume lokuqhuba kwangexesha kwaye amaphepha-mvume wabo ayaphelelwa.	Iindleko zepetroli, ukugcinwa kwezithuthi, ukulungiswa kunye nemirhumo yomqeqeshi kwenza iipesenti ezingama-75 ukuya kuma-80 eendleko zezifundo zokuqhuba kwimoto yokwenene. Phanda ukusebenziseka kweendleko zokusebenzisa ulinganiso ukubonelela ngendlela engabizi kakhulu yokufumana uqeqesho oluthile lokuqhuba.	Umgangatho obunqweneleka ufezekisiwe.

Itheyibhile yesi-9: Isixhobo seenkcukacha zenkonzo

Izixhobo zangoku /ezikhoyo zolwazi	Izixhobo zolwazi ezinqwenelekayo	Eyona mpumelelo
linkcukacha zidluliselwe ngokusetyenziswa kwe: <ul style="list-style-type: none"> • Intanethi yonxibelelwano lwangaphandle ne-intanethi yonxibelelwano lwangaphakathi; • Iintlanganiso zoluntu; • Imiboniso; • Ungenelelo lokuhlaba ikhwelo; • Iintengiso ngonomathotholo; • Amajelo onxibelelwano loluntu; • Amaphetshana; kunye • Neencwadana. 	Gcina umgangatho	Umgangatho okhoyo ugciniwe

Itheyibhile ye-10: Iindlela zokukhalaza

Iindlela yangoku/ekhoyo yokukhalaza	Iindlela enqwenelekayo yezikhalazo	Eyona mpumelelo
Izikhalazo/ iingcamango/ izincomo/ imibuzo zibhalwa phantsi kwaye zibekwa iliso: <ul style="list-style-type: none"> • Ngokuthe ngqo nolawulo; kunye • Ngophinyelwano lwe-intanethi. 	Uphando lokuhlenganiswa kwemingeni yokhuseleko ezindleleni echongwe kwimisebenzi yamaqonga akhoyo amapolisa asekuhlaleni kwiSithili sase-Overberg.	Umgangatho obunqweneleka ufezekisiwe. Oku kwandiselwe kwiSithili soNxweme lwaseNtshona neSithili sase-Cape Winelands.

Inkonzo yesi-2 yoMmiselo wezoThutho: Ukubonelela ngeenkono zokunikwa amaphepha-mvume okuqhuba kubaqhubi bezithuthi zikawonke-wonke

Imisebenzi yezithuthi zikawonke-wonke engekho mthethweni ifunyenwe ingunobangela wengxabano kwishishini lezoThutho lukawonkewonke, eliqhele ukunxulunyiswa nokungasebenzi kakuhle kwenkqubo yesicelo semvume, nangona izicelo zisenziwa zingaphelanga iintsuku ezingama-60, zibonwa njengezikhawuleza ngaphezu kwemfuneko esemthethweni yeentsuku ezingama-90. Uhlobo lobuchwephesha benkqubo yokwenza isicelo lufuna imiba yezobuchwephesha ukuba ichazwe kubaqhubi abakhoyo nabalindeleyo. Isidingo solu hlobo lokunxibelelana sidinga imeko yokufumana iinkono zabaxhasi.

Iziko leNkonzo ekwaBelwana ngalo iVangate (iVSSC) yindawo ephambili yokuhambisa imisebenzi yolawulo lwezoThutho loluntu kwicandelo lezoThutho loluntu. Amava abaxhamli beenkonzo kwiVSSC licandelo elibalulekileyo ekulinganiseni ukusebenza kweSebe. Ukuphuculwa kweenkonzo okucingelekayo kowama-2018/19 kubandakanya:

- ukuphuculwa kwenkqubo yoLawulo lweMigca;
- ushicilelo lwegama lesakhiwo seVSSC; kunye
- nokuphanda okulungele inkqubo yoLawulo loNxibelelwano loBumi.

Ngexesha lokunika ingxelo, kuye kwafakwa inkqubo entsha yokuLawula iMigca. Inkqubo entsha efakwe kutsha nje ibonelela ngesimo esilawulekayo, imiqondiso yobuchwephesha bale mihla, ukubonakala kwendawo yokulinda, ingxelo yabaxhasi kunye neenkukacha ezigciniweyo zexesha langoku esetyenziswa ngabaphathi ukuqhubeka nokuphucula ukusebenza ngokukuko.

Ushicilelo lwegama lwaphuhliswa ngothethathethwano noThungelwano lweQumrhu nokuvunywa ngexesha lokunikwa kwengxelo. Intengiso icwangciselwe unyaka-mali wama-2019/20.

Uthethwano neziko lonxibelelwano elixananazileyo lephondo luyaqhubeka ukubuza izisombululo ezibambekayo ukwandisa amaqonga onxibelelwano anje ngemeyile ye-intanethi, umyalezo nonxibelelwano lwamajelo eendaba eziyilelwe ngokukodwa ukulungiselela abasebenzi abaxhasayo.

Iitheyibhile ezingezantsi zibalula impumelelo yeSDIP yeSebe kowama-2018/19.

Itheyibhile ye-11: Inkonzo yesiBini: iinkonzo ezibonelelwayo nemigangatho

Inkonzo ephambili	Abaxhamli	Indawo yokusebenza	Unyaka wesiseko: 2017/18	Umgangatho onqwenekayo wenkonzo: 2018/19	Eyona mpumelelo: 2018/19
Ibonelela ngeenkonzo zamaphepha-mvume okuqhuba kubasebenzisi bezothutho loluntu.	Ishishini leeteksi, iimvume, izithuthi zabantwana besikolo, iiteksi zeemitha, uthutho lwemigama emide, iibhasi ezincinci, abaqhubi bee-Uber nabaqhubi bezithuthi zokhenketho.	Ushicilelo lwegama lesakhiwo seVSSC	Ushicilelo lwegama langaphandle – Alukho Ushicilelo lwegama langaphakathi aluhambelani nezikhokelo ezichongiweyo zequmrhu leWCG	Inkcazelo yoshicilelo lwegama langaphakathi nelangaphandle	Ushicilelo lwegama langaphakathi nelangaphandle neenkcazelo zaphuhliswa, lucetyisiwe lwaza lavunywa. Indlela yokwamkela igama leziko ngokuhambelana nezikhokelo zomgaqo-nkqubo eziqaliweyo zephondo kwaye izakuqhubeka kunyaka-mali wama-2019/20.
		Isandi nomboniso weNkqubo yoLawulo lweMigca	Inkqubo ekhoyo ayisebenzi	Phuhlisa imigaqo kunye nokuthenga iNkqubo yoLawulo iMigca	Iinkcazelo zemfuno yeshishini kwagqitywa kwaye kwamkelwa. Inkqubo yoLawulo lweMigca yafakwa kwaye isebenza ngesicwangciso esisemthethweni sokugcina. Isindululo sokuphucula ezinye ii-ofisi zeQumrhu eliLawulayo lePhondo (iPRE), ngakumbi i-ofisi yaseGeorge, savunywa liqela elisebenzayo lePSG 5 ukuze lisetyenziswe kunyaka-mali wama-2019/20.
		Ulawulo lwenkonzo yonxibelelwano yomxhasi	Akukho nxibelelwano lwankonzo yabathengi lukhoyo	Bandakanya iziko loQhakamshelwano oluXananazileyo: uRhulumente waBemi nge-intanethi (i-EG4C)	Ulawulo olusebenzayo lokunxibelelana kwabaxhasi luye lwaphononongwa nge-EG4C. Olunye uthethathethwano luza kuqhubeka ngowama-2019/20 nanjengoko kukho imicimbi yezabasebenzi nefuthe lezemali. Uphando olululo luyafuneka ukuze kwenziwe isigqibo.

Itheyibhile ye-12: Inkonzo yesiBini: Amalungiselelo eBatho Pele nabaxhamli (Imigaqo esibhozo: ukubonisana, ufikelelo, njl.)

Amalungiselelo akhoyo: 2017/18	Ulungiselelo olunqwenelekayo 2018/19	Eyona mpumelelo 2018/19
Ingcebiso: Abasebenzisi banxibelelana ngqo nabasebenzi ngeenombolo zeminxeba yabo.	Ingcebiso: Faka iNkqubo yoLawulo lweMigca ukubhala phantsi unxibelelwano lokungena komxhasi. Ukubandakanya uRhulumente wesi-4 waBemi nge-intanethi kwiziko lonxibelelwano oluxananazileyo ukuseka uqikelelo lokusebenzisana kwabaxhasi ukuze ihambelane neVSSC.	Ingcebiso: Umgangatho obunqweneleka ufezekisiwe. Umgangatho obunqweneleka ufezekisiwe.
Ufikelelo: Ukuhambela iVSSC. Kwi-Intanethi: khuphela uze uprinte iifomu kuphela zezicelo ezitsha. Ukudluliselwa kwemali ngekhompyutha (i-EFT) kunye nobungqina bokuhlawula.	Ufikelelo: Umgangatho mawugcinwe.	Ufikelelo: Umgangatho okhoyo ugciniwe.
Intlonipho: Ukuziphatha kwabasebenzi kuxelwa kumphathi osele ekhona phantsi.	Intlonipho: Faka iincwadi zempendulo ukuze ubambe ingxelo yomxhamli.	Intlonipho: Umgangatho obunqweneleka ufezekisiwe.
Ukungafihlisi nokubaselubala: Ngokusebenza kwamanyathelo ocwangciso oluHlanganyelweyo lwe-Ofisi yoMphathi woBhaliso wePhondo.	Ukungafihlisi nokubaselubala: Yenza igalelo labaxhasi kwiNkqubo yoLawulo lweMigca.	Ukungafihlisi nokubaselubala: Umgangatho obunqweneleka ufezekisiwe.
Ixabiso lemali: I-PRE iphucule ukusebenza, ukwandisa izinga lokusebenza kwenkqubo, ukomeleza unxibelelwano, kunye neenkqubo ezisemgangathweni.	Ixabiso lemali: Sebenzisa ifestile engaphambili emotweni / iNkqubo yoLawulo lweMigca ukuzoba idatha ukuze kuqondwe imisebenzi. Ukupapasha iirekhodi zokusebenza.	Ixabiso lemali: Umgangatho obunqweneleka ufezekisiwe.

Itheyibhile ye-13: Inkonzo yesiBini: Isixhobo seenkcukacha senkonzo

Izixhobo zangoku /ezikhoyo zolwazi	Izixhobo zangoku /ezikhoyo zolwazi ezinqwenelekayo	Eyona mpumelelo

Izixhobo zangoku /ezikhoyo zolwazi	Izixhobo zangoku /ezikhoyo zolwazi ezinqwenelekayo	Eyona mpumelelo
Iinkcukacha zidluliselwe ngokusetyenziswa kwe: <ul style="list-style-type: none"> • Ukuhambela iZiko; • Uphinyelo lwe-intanethi; • Iphepha-ndaba loMbuso; • Umnxeba kunye • Imeyile. 	Iinkcukacha zidluliselwe ngokusetyenziswa kwe: <ul style="list-style-type: none"> • Ukudlulisela umkhusane obonisa iinkcukacha kwiZiko lokuHambela; kunye • Nezibhengezo kwiZiko lokuHambela. 	Umgangatho obunqweneleka ufezekisiwe.

Itheyibhile ye-14: Inkonzo yesiBini: Indlela yezikhalazo

Iindlela zangoku /ezikhoyo zokukhalaza	Iindlela zokukhalaza ezinqwenelekayo	Eyona mpumelelo
Izikhalazo/iingcamango/izincomo/imibuzo zibhalwa phantsi kwaye zibekwa iliso: <ul style="list-style-type: none"> • I-ofisi ye "gosa lohanjiso lweenkonzo" kumgangatho osezantsi; • I-imeyile; • Umnxeba; kunye • Nophinyelwano lwe-intanethi yezikhalazo ebekwe iliso yiPRE. 	Izikhalazo/iingcamango/izincomo/imibuzo zibhalwa phantsi kwaye zibekwa iliso: <ul style="list-style-type: none"> • I-EG4C. 	Umgangatho obunqweneleka ufezekisiwe.

Itheyibhile ye-15: Inkuthazo yokuFikelela kuMthetho weeNkcukacha zezicelo ezifumene imvume ngokweCandelo lama -46

Inombolo	Iinkcukacha zolwazi eziceliweyo	Umhla wokufunyanwa kwesicelo	Umhla wolwandiso onikezelweyo*	Umhla wonikezelo lwesicelo
1/2018/2019	Ukucela iinkcukacha koku kulandelayo: Isiniki maxabiso somsebenzi S090/2017: Iingxelo zeBAC kunye namaphepha eemvavanyo zamanqaku	19.04.2018	AYINGENI	01.06.2018
2/2018/2019	Onke amaPhepha-Mvume aKhutshelwe (Kwaye aseMthethweni) iinkonzo zaBakhweli be-Autopax (inombolo yobhaliso1995/000861/30)	16.05.2018	AYINGENI	25.06.2018

Inombolo	Iinkcukacha zolwazi eziceliweyo	Umhla wokufunyanwa kwesicelo	Umhla wolwandiso onikezelweyo*	Umhla wonikezelo lwesicelo
3/2018/2019	Amaxwebhu eSiniki maxabiso somsebenzi eHelen Bowden Nursing Home, kwiSibhedlele saseWoodstock nakwiSikolo saseTafelberg	06.06.2018	04.07.2018	15.08.2018
4/2018/2019	Iimvume ezinokubakho zeeteksi zabelwe kwigama lalowo ungasekhoyo	07.06.2018	AYINGENI	12.07.2018
5/2018/2019	Ileta yeSigqibo seemvume ezahlukeneyo zokusebenza	29.06.2018	AYINGENI	25.07.2018
6/2018/2019	Isicelo seeNkcukacha: Iimvume	13.07.2018	AYINGENI	16.08.2018
7/2018/2019	Isicelo seeNkcukacha: Iimvume	20.07.2018	AYINGENI	14.09.2018
8/2018/2019	Isicelo seeNkcukacha: Onke amaxwebhu aphaathelene neSiniki maxabiso somsebenzi S026/18 esiNgeniswe ziiNkqubo zeCape Automation	07.09.2018	AYINGENI	16.10.2018
9/2018/2019	Isicelo seeNkcukacha: Iingxelo ezipheleleyo zovavanyo zeenombolo zezivumelwano: C1029; C1080; C1089; C1091; C1096; C1098	19.09.2018	AYINGENI	16.10.2018
10/2018/2019	Isicelo seeNkcukacha: Iimvume ezinikezelwe ngokubhekisele kuzo zonke iZangqa zeNdlela eziHambelanayo noFikelelo eziNdleleni kwiNdawo yaseGeorge	16.10.2018	AYINGENI	14.11.2018
11/2018/2019	Isicelo seeNkcukacha: Izizathu zoMgcini zincwadi wesigqibo sokukhupha iSicelo soMsebenzisi wePhepha-mvume loMbutsho weManyano yeeTeksi	21.11.2018	AYINGENI	Current
12/2018/2019	Isicelo seeNkcukacha: iKhomishoni yoKhuphiswano yophando kuShishino lezoThutho loLuntu olusekelwe eMhlabeni	27.11.2018	19.03.2019	Current
13/2018/2019	Isicelo seeNkcukacha: Iimvume	04.12.2018	AYINGENI	12.03.2019
14/2018/2019	Isicelo seeNkcukacha: Iimvume	30.11.2018	03.02.2019	06.02.2019
15/2018/2019	Uvavanyo lobungqina bomphefumlo	11.12.2018	09.02.2018	28.02.2019
16/2018/2019	I-WTW: Umyalelo weNkundla	AYINGENI	AYINGENI	27.12.2018
17/2018/2019	Ukubhalwa phantsi kwesigqibo sokunganikisi ngesicelo sentelekelelo yeendleko kwiPraxos 237cc	31.12.2018	01.03.2019	11.03.2019

Inombolo	Iinkcukacha zolwazi eziceliweyo	Umhla wokufunyanwa kwesicelo	Umhla wolwandiso onikezelweyo*	Umhla wonikezelo lwesicelo
18/2018/2019	likopi zawo onke amaphepha-mvume okusebenza asemthethweni akhutshelwe kuChilwans Coach Lines (ISA) CC nenombolo yobhaliso 2001/004214/07	18.01.2019	14.02.2019	19.03.2019
19/2018/2019	Amaxwebhu endlela yokunika ixabiso neziphumo zokuBIZA ixabiso eGameni leRustic Living Trading 155 PTY LTD	21.01.2019	AYINGENI	04.03.2019
20/2018/2019	Isicelo seemvume ezahlukeneyo zabanini maphepha mvume abohlukeneyo	30.01.2019	30.03.2019	Current
21/2018/2019	Isicelo sokubhaliswa koMbuthe weeTeksi zaseRooikamp eCeres ze-ito Section 7A	21.02.2019	19.03.2019	29.03.2019
22/2018/2019	likopi zazo zonke iinkcukacha eziphathelene kwiMvume ye-OLB1891427/0	26.02.2019	-	Current
23/2018/2019	Zonke iingxelo zolawulo lwezothutho kunye/okanye iingxelo zobunjinieli bezothutho ezibandakanya isiphambuka seR399 nendlela yeSt Helena ngexesha lesithuba sowama-2005 nama-2019.	04.03.2019	-	Current
24/2018/2019	Isicelo seeNkcukacha: Uphando lweN2 Express kunye nokuChongwa kweSabelo seNengiso	21.02.2019	AYINGENI	Case Cancelled
25/2018/2019	Zonke iimvume/amaphepha-mvume akhutshwe liQumrhu eliLawula iNtshona Kapa likhuphela iLinereagle	22.03.2019	-	Current
26/2018/2019	Zonke iimvume/amaphepha-mvume akhutshwe liQumrhu eliLawula iNtshona Kapa likhuphela iCream magenta 326	22.03.2019	-	Current
27/2018/2019	AZonke iimvume/amaphepha-mvume akhutshwe liQumrhu eliLawula iNtshona Kapa likhuphela iClassy Trade and Invest 9	22.03.2019	-	Current
28/2018/2019	Ukukhutshelwa kwetyala kwiiNdibano zoLawulo zamaQumrhu ePhondo ngomhla wama-26 kweyeDwarha ngowama-2017 nowama-29 kweyeNkanga ngowama-2017	27.03.2019	-	Current

Qaphela: Ukwandiswa kubonelelwe ngokuhambelana necandelo lama-26 lePAIA.

2.3 Ubume bombutho

Uhlengahlengiso

Ukulungelelaniswa kobume obukhulu kunye nobuncinci bekungacwangciswanga ngexesha lokunika ingxelo. I-DotP yoPhuhliso loMbutho ikwinkqubo yokuhlaziya ubume benkxaso yeHOD, iYunithi yezoNxibelelwano lwaBaxumi (iCRU) kunye noNxibelelwano lweSebe, ngogxilo olumandla kwindlela emalunga ne-Ofisi yeNkqubo, kubandakanya nefuthe lobuchule le-ofisi. Ukongeza, imisebenzi yeCRU iza kuphandwa, kugxilwe kumthamo kunye nemeko yemisebenzi yeDTPW/ukuphucula imodeli yeCRU/ye-Ofisi yeNgingqi, kunye nemisebenzi ye-OHS/yezokhuseleko ngokubaluleka, kodwa kungaphelelanga kwindima nengcaciso esebenzayo.

Ungenelelo loyilo lombutho luqhubekile kwiCandelo loMlawuli oyiNtloko: uLawulo loThungelwano lweNdelela kunyaka ophantsi kohlaziyo. Utshintsho lwesebe olucetywayo lweSebe: lindlela zaphunyezwa ngeSibonelelo soMphathiswa wePhondo kweyoMqungu wama-2019 ukuze kuboniswane nabantu bangaphandle. Isindululo ngoku sikunye nabasebenzi ngokubonisana namalungu alo.

Uphunyezo lufunyenwe ngezindululo kwizilungiso zobume beCandelo loMlawuli oyiNtloko: iCandelwana lolawulo lwezoThutho lweziThuthi zikaRhulumente: linkonzo zeNkxaso kuLawulo lokwandisa umthamo ngokubhekisele kwimisebenzi ye-ICT engenziwanga yiCel.

Imiceli mngeni kumbutho

Nangona ibinqongophele indawo abanokukhetha kuyo abagqatswa, ngakumbi kwicandelo lezokwakha, zimbawo kakhulu izicelo eziye zafunyanwa zemisebenzi enikezelwa liSebe. Oku kuthetha ukuba iDTPW iqhubekile nokuxhomekeka kubasebenzi abanamava kwelinye icala, kunye nabasandula kufumana izidanga abangekabi namava kwelinye. I-DTPW ithathe amanyathelo abalulekileyo okuqinisekisa ukuba iinjongo ezimiselweyo ziyafezekiswa. Owona mceli mngeni kukutsala nokugcina iinkonzo zamaqela abekelwe bucala, ngakumbi abantu abaphila nokhubazeko, ukujongana nesidingo sabasebenzi abasuka kumaqela abekelwe bucala kwicandelo lemisebenzi.

I-DTPW ikwajamelene nomceli mngeni wokuqesha abantu beqela labaphathi abaphezulu njengangoku abakwinqanaba le-Occupation-Specific Dispensation (i-OSD) abanesakhono sobuchwephesha obufanelekileyo nobukwimeko yolawulo olusebenzayo. Nangona kunjalo, ukusuka kwelinye ixesha ukuya kwelinye (i-OSD ukuya kuleyo ingeyo-OSD), kuthathwa njengotshintsho lwekhondo lomsebenzi. Oku kuthetha ukuba umvuzo kunye nenkuthazo yekhondo lomsebenzi ohambelana nesithuba sesinye isithuba sihleli, oko kunokuthetha ukuba umntu kuya kufuneka amkele umvuzo ophantsi ngomsebenzi onobuchule ngakumbi. I-CSC inxibelelene nale ngcamango kwiSebe leNkonzo noLawulo loLuntu (DPSA) kwaye ilinde impendulo.

Kwimeko yeTLE, iDTPW iyakhuphisana nabasemagunyeni kurhulumente wezekhaya ukutsala abanezidanga kwiKholeji yayo yezoThutho iGene Louw .

Impumelelo yombutho

Ukuxhotyiswa kuhlala kuphezulu kwi-ajenda yophuhliso lwe-DTPW, kuyo yonke imisebenzi neenkqubo. Ngexesha lokunika ingxelo, abasebenzi abali-109 bafumene inkxaso ngeNkqubo yeBhasari yangaPhakathi. Inani elipheleleyo li-1 832 longenelelo loqeqesho olunikezelwe kubasebenzi ngesiCwangciso seZakhono soMsebenzi, kwaye abasebenzi abangama-73 bazimase iinkqubo zemfundo nge-Intanethi. Bebonke abangama-59 bafakwe kwiSebe kunyaka ophantsi kohlaziyo.

Bebonke abatsha abafakwe kwinqqesho bangama-303 enyakeni, baze abangama-209 of kulo ngqesho bazimasa iNkqubo yoNgeniso esisiNyanzelo phakathi enyakeni ngelixa besephantsi kolingo.

Ekujoliswe kuko kwamanani ngokuvunywa yiDTPW yeSicwangciso soBulungisa kwezeNgqesho (i-EE): ngowama-2017 - 22 ukusukela ngowoku -1 kuTshazimpunzi wama-2018 ukuya kowama-31 kweyoKwindla wama-2019 (uNyaka wesi-2 weSicwangciso se-EE), abonisiwe kule theyibhile ingezantsi.

Itheyibhile yama-16: Ekujoliswe kuko kubulungisa kwezengqesho ukusukela kowoku-1 kuTshazimpunzi wama-2018 ukuya kowama-31 kweyoKwindla wama-2019

Inqanaba lomsebenzi	Indoda				Obhinqileyo				Abamanye amazwe		Ewonke
	A	C	I	W	A	C	I	W	Indoda	Obhinqileyo	
Abaphathi abaPhezulu (Amanqanaba 15-16)	0	1	0	3	0	0	0	1	0	0	5
Abaphathi abaKhulu (Amanqanaba 13-14)	6	13	3	13	4	9	0	5	0	0	53
Abalawuli abaphakathi abaneziqinisekiso nabanamava obuchule obukhethekileyo (Amanqanaba 9-12)	53	100	6	67	60	70	0	24	0	0	350
Abakumgangatho ophezulu wezakhono zobuchwephesha nabasebenzi abanemfundo ephakamileyo, abalawuli abaphakathi nabongameleyo (Amanqanaba 6-8)	196	346	4	106	165	296	4	84	0	0	1 201
Abanesakhono eziphezulwana nabanobulumko bokuthatha izigqibo (Amanqanaba 3-5)	92	158	2	39	77	141	2	37	0	0	548
Abangenazakhono nabanokuthatha izigqibo eziqinisekileyo (Amanqanaba 1-2)	163	170	1	21	64	92	1	15	0	0	527
Ewonke	510	788	16	249	370	608	7	166	0	0	2 714

Inqanaba lomsebenzi	Indoda				Obhinqileyo				Abamanye amazwe		Ewonke
	A	C	I	W	A	C	I	W	Indoda	Obhinqileyo	
Abasebenzi bexeshana											
Ephelele ewonke	510	788	16	249	370	608	7	166	0	0	2 714

A = Ontsundu, C = Owebala, I = Owe-Indiya, W = Omhlophe.

Kwixesha elidlulileyo, iSebe belisebenzisa iiarhente zabacebisi ukubonelela ngezakhono apho bekukho izithuba zobugcisa. Nangona kunjalo, ngenxa yokunqongophala kohlathlo-lwabiwo mali, olo khetho belungasafumaneki, kwaye iphulo elinamandla lokufuna abasebenzi laziswa ukuvala izithuba. Bekubaluleke kakhulu ukuzalisa zonke ezi zithuba ukuqinisekisa ukuhanjiswa kweenkonzo okuqhubekayo kwamaziko emfundo eWCG. Inani lezithuba zengqesho zapapashwa kwaye kwanikwa ithuba oonokontraaktha ukuba benze izicelo. Apho izakhono ezaneleyo ziye zaxhaswa, iikhontrakthi azizange zihlaziye.

Abasetyhini okwangoku benza iipesenti ezingama-37 zeNkonzo yabaLawuli abaKhulu (iSMS), ngaphantsi kobe kujoliswe kuko kuzwelonke kweepesenti ezingama-50. Ngexesha lokunika ingxelo, inani labasetyhini abakwiSMS linyuke ngamabini.

Inani elipheleleyo labameli bePWD lihleli kwipesenti e-1.1, ngaphantsi kobe kujoliswe kuko nguzwelonke leepesenti ezi-2. ISebe liza kuqhuba nephulo lokudandalazisa ukukhubazeka likhuthaza abasebenzi abaphila nokhubazeko ukuba bazichaze.

I-DTPW ibiqhuba eyayo inkqubo yophuhliso lwemfundo yezidanga ukusukela ngowama-2010/11 kwaye sele iqalile ukuvelisa abaphumeleleyo kwezobuchwephesha nakwezobunjini abanokukhuthazwa ukuba bafake izicelo zezikhundla ezisisigxina kwiSebe ngenkqubo yokumema abasebenzi yesiqhelo.

I-Torative Venture kunye necandelo labucala babelana ngezixhobo ukuxhasa uphuhliso lwentlalo noqoqosho, ukujongana nokunqongophala kwezakhono kwicandelo, nokwandisa amathuba okufunda nawokuqeshwa. Inkqubo yeBhasari yeMasakh'iSizwe ijolise ekutsaleni nasekuququzeleleni uphuhliso lwezakhono ezinqabileyo nezibalulekileyo ukuhlangabezana neemfuno zokusebenza zeSebe, ijolise kolutsha oluhlelekileyo ngokwezezimali. Oku kongezwa yiBhasari yokuSebenza ngokuBambisana namashishini abucala ekwabelaneni ngezixhobo ukuxhasa uphuhliso lwezentlalo noqoqosho, ukujongana nokunqongophala kwezakhono kwicandelo, nokwandisa amathuba okufunda nawokuqeshwa. Ngokusetyenziswa kweNkqubo yoPhuhliso lobuGcisa, abaphumelele eMasakh'iSizwe bayafundiswa kwaye baphuhliswe ukuhlangabezana neemfuno zemibutho esemthethweni efanelekileyo yobhaliso lobungcali. Impumelelo yenkqubo ixhomekeke ngokuyinxenye kukuzinikela kwabacebisi kuqeqesho nasekuphuhliseni abagqatswa, ke umntu ngamnye utyikitya ukuzibophelela kunye nokuzibophelela ekuboneleleni ngento eyimfuneko ukuze inkqubo iphumelele. Ukuvavanywa nokuhlolwa kokuvezwa kwangaphambili kwabafundi, uqeqesho kunye namava ngenjongo yokumisela amanqanaba abo olwazi kunye neemfuno zoqeqesho zizinto ezisisiseko zokunika uqeqesho. Phantsi kwesikhokelo somcebisi, abaviwa bafumana uqeqesho olufanelekileyo ukuqinisekisa ukuba ukufikelela kubhaliso lobungcali kuyafezekiswa ngexesha elimiselwe libhunga elifanelekileyo.

Ukuyeka/ukuqeshwa

Ngexesha eliphantsi kohlaziyo amagosa amahlanu anyuselwe ukusuka kwiSebe ukuya kwizikhundla zeSMS kwinqanaba lomvuzo we-13. Ababini kula magosa ngabasesyehini, aze omnye ibe ngophila nokhubazeko.

Umlawuli oyintloko: wezoLawulo loThungelwano lweNdelela luthathe umhlala-phantsi ekupheleni kukaTshazimpunzi- wama-2018, kodwa iSebe likubone kufanelekile ukugcina iinkonzo zeli gosa isithuba sonyaka omnye, ukuze kuzalisekise uxanduva olunyanzelekileyo nolucwangcisiweyo lweDTPW, kunye nokuqinisekisa ukudluliselwa kwezakhono nolwazi.

Ugwayimbo

Akukho basebenzi baDTPW bathathe inxaxheba kugwayimbo lweebhasi olwenzeka ngowama-25 kuTshazimpunzi wama-2018 okanye kugwayimbo lothethathethwano ngemivuzo ngowe-11 kweyeSilimela wama-2018.

Ukusilela kweNkqubo

Isebe libone ukusilela kwendlela yookuSebenza kweNkqubo yokuLandelela amaPhepha oluhlu lwezinto ezithengiweyo namaxabiso azo (iSITS) yeMyContent. Isizathu esibonelelwe liZiko leNguqulelo entsha ye-intanethi (iCe-I) sokusilela kukuba xa iqela lobuchwephesha lihlaziya isoftware, liye lazitsiba iinguqulelo ezintathu ukufikelela kwinguqulelo yamva nje. Iqela ngoku lisebenzisa uhlaziyo ngalunye ngexesha ukunqanda nakuphi na ukuphindeka koku.

Amatyala obumenemene okanye urhwaphilizo

Amatyala obumenemene okanye urhwaphilizo kunyaka ophantsi kohlaziyo achaziwe kwiSiqinisekiso seNtshukumo yamaTyala eNkonzo yoPhando lwePhondo (iPFS) apha ngezantsi.

Itheyibhile yama- 17: Amatyala obumenemene norhwaphilizo, kowama-2018/19

Amatyala	Inani lamatyala
Amatyala avuliweyo ngokowoku-1 kuTshazimpunzi wama- 2018	9
Amatyala amatsha (kowama-2018/19)	5
Amatyala avaliwweyo (kowama-2018/19)	(8)
Amatyala avuliweyo ngokowama- 31 kweyoKwindla wama-2019	6

2.4 Uphuhliso lomgaqo-nkqubo ophambili notshintsho kwezomthetho

UMthetho-sihlomelo oYilwayo woLawulo lweZithuthi zePhondo laseNtshona Kapa wapapashwa ukuze uluntu luhlomle ngowama-2016. Okulandelayo ude wapheliswa kwaye uza kubuyela kwiKhabhinethi ukuze uMthetho osayilwayo uphunyezwe ngokwaziswa kwakhona.

3 Iinjongo eziJolise kwiZiphumo zesiCwangciso

Iinjongo eziJolise kwiZiphumo zesiCwangciso zeSebe, kunye nenkqubela eyenziweyo ekufezekiseni isiCwangciso-qhinga seminyaka emihlanu: kowama-2015/16 ukuya kowama-2019/20 kokujoliswe kuko, zichaziwe apha ngezantsi.

Iinjongo yoku-1 eJolise kwiSiphumo sesiCwangciso: Ukwandiswa kokuxhotyiswa nokudalwa kwemisebenzi eNtshona Kapa.

Ingxelo yenjongo:

Ukwandisa ukuxhotyiswa nokudalwa kwemisebenzi ngeenkqubo zophuhliso notyalo-mali lweziseko zophuhliso eNtshona Kapa ngomhla wama-31 kweyoKwindla wama-2020.

Ulungelelwano:

Isicwangciso songenelelo oluchazwe kuzo zonke iinkalo zikarhulumente ukuxhasa injongo yokunciphisa ngesiqingatha ukunqongophala kwemisebenzi kunye nentlupheko ngokweSicwangciso soPhuhliso sikaZwelonke (NDP).

Uqhagamshelwano kwiiPSG:

Iinjongo yoku-1; eyesi-2; eyesi-4 neyesi-5 zesiCwangciso sePhondo.

ISebe liyaqhubeka ukuqinisekisa ngothatho nxaxheba olunentsingiselo kulutsha olungasebenziyo kuxhotyiso nasekudaleni amathuba omsebenzi aphuma phantsi kweli gunya. Utyalo kulo mba kunegalelo kwinjongo yoGuqulo lweZinto zeZakhono zeWCG.

Amathuba oqeqesho ayaqhubeka kurhwebo olunxulumene nolwakhiwo njengenxalenye yeNYS yoLutsha kwiNkqubo yoKwakha ejolise ekuthatheni inxaxheba kolutsha olungaphangeliyo kwindawo eyakhiweyo nakwimizi-mveliso yokwakha. Uqeqesho luqhubekile ngeNkqubo yokuFundela umsebenzi kwicandelo loomatshini, elezombane nelobunjinieli.

Ukuphunyezwa kweCDP ekujoliswe koonokhontraktha abasakhasayo kube negalelo kubuchule babo bokwenza lo msebenzi ngobungcali, ngokubhekisele kwizakhono zeshishini, ulawulo kunye nonikeko lwamaxabiso omsebenzi.

Ukuxhotyiswa kwabaqhubi beeteksi nabaqhubi beebhasi kunye neenkqubo ezininzi zoqeqesho nokwazisa amacandelo eteksi neebhasi zijolise ekuxhobiseni nasekuphuhliseni amandla kunye nobuchule beli shishini lo gama kuphuculwa ukusebenza kwenkqubo yezothutho loluntu.

Uququzelelo lwe-EPWP eNtshona Kapa luqinisekise ukuba kuzalisekisewe iinjongo zamathuba emisebenzi kuzwelonke. Izicwangciso-qhinga zenkxaso ziyaphunyezwa kumaqumrhu amilisela i-EPWP kwiphondo ukuze kufikelelwe koko bekujoliswe kuko.

Ii-EmplA zagqitywa kwiiprojekthi ezinkulu zesebe ngexabiso lentengo engaphezu kwezigidi ezi-R5 kwaye inani lezi projekthi liye laphantsi kokubekwa esweni novavanyo ukuqinisekisa ukuba iinjongo zokuxhobisa ziyaphunyezwa.

Injongo yesi-2 eJolise kwiZiphumo zoCwangciso: Ukulawula iziseko zophuhliso nee-asethi ezingashenxiswayo zePhondo eNtshona Kapa.

Ingxelo yenjongo:

Ukulungiselela, ukucwangcisa, ukuyila, ukuphuhlisa nokuhambisa iziseko zophuhliso kunye neendawo zokuhlala nokulawula ngobuchule kwinqanaba ngalinye lokubakho kwee-asethi zengqokolela yepropati yephondo ukuze kuvulwe ukukhula koqoqosho nentlalo eNtshona Kapa ngomhla wama-31 kweyoKwindla wama-2020.

Ulungelelwano:

Unikezelo lwezixhobo kunye nolawulo lwee-asethi zengqokolela yepropati yephondo yimfuneko yokuvula ukukhula koqoqosho lwentlalo.

Uqhagamshelwano kwiiPSG:

liNjongo yoku-1; eyesi-2; eyesi-3, eyesi-4 neyesi-5 zesiCwangciso sePhondo.

I-DTPW iyaqhubeka nokufuna izisombululo ezizinzileyo zokubonelela ngezixhobo eziluhlalima ezinokuphendula ngokufanelekileyo kutshintsho lwemozulu kunye neminye imiceli mngeni yokusingqongileyo. Imimiselo nemigangatho yeziseko zophuhliso eyamkelweyo ibonisa ukuzibophelela kweDTPW kwimigaqo-nkqubo eluhlalima kuzo zonke izibonelelo zezempilo nezemfundo, kubandakanya ukusabela kwingxaki yamanzi.

Umsebenzi osemva wokulondolozwa kwembali ngokubhekiselele kwiziseko zophuhliso zentlalo kufuna ingqwalaselo ekhawulezileyo kwaye ugxilo luza kuqhubeka ukujongana nemeko kaxakeka ebangelwe lulondolozo olubi kunye nokuwohloka okuqhelekileyo. Uxinzelelo lokutshintsha kwemozulu, kubandakanya neziganeko ezimandundu zemozulu, ziya kwandisa ukusilela okukhoyo ngoku. I-DTPW iyaqhubeka nokwenza uvavanyo lweemeko zawo onke amaziko aseburhulumenteni kwingqokolela yayo ukukhokela izigqibo zotyalo-mali lwexesha elizayo kunye nokucetywa kwezicwangciso ezifanelekileyo zokuqinisekisa ukwandiswa kwexabiso lee-asethi kubukho bazo bonke. Utyalomali olufanelekileyo lubalulekile ekukhuseleni ukuthembeka kweziseko zee-asethi kunye nokuqinisekisa ukuqhubela phambili kwezoqoqosho nakwezentlalo.

Kwimeko yobambiswano lobunini bepropathi, inkqubela phambili kwiFounders' Garden/Artscape Precinct iyaqhubeka kulo nyaka uphantsi kohlaziyo, ngokungqinelana nendlela yeBetter Living Model.

KwiConradie BLMEP, umsebenzi uqhubeka kakuhle kangokuba ulwakhiwo lweenkonzo ezinkulu kunye nolwangaphakathi kulindeleke ukuba luqale kwikota yesine yama-2019.

Ngokubhekisele kwiRejista yee-Asethi ezingashenxiswayo kunye nokuphucula ulawulo lwayo, ukugxila kuza kuba sekuqhubekeni ukulungelelaniswa kweRejista yee-Asethi ezingashenxiswayo.

Ukuqinisekisa ukusetyenziswa kakuhle kwee-asethi ezingashenxiswayo, iSebe liza kugxila ekugqibeni isiCwangciso esiPhambili seNdawo yokuHlala ngecebo lokwabela abaphantsi amagunya esiqhutywa ngeProjekthi yoPhando ngezoHambo ukumisela ukubanakho kokubonelela ngendawo yokuhlala e-ofisini kufutshane nalapho bahlala khona abasebenzi ukunciphisa ixesha lokuhamba, ukuxinana kunye ukukhutshwa kwesilahle esinxulumene noko, konke kwinkonzo yobomi obungcono.

Injongo yesi-3 eJolise kwiZiphumo zoCwangciso: Unikezelo lweenkqubo zothutho ezikhuselekileyo, ezifanelekileyo nezidibeneyo eNtshona Kapa.

Ingxelo yenjongo:

Ukuhambisa iinkqubo ezikhuselekileyo, ezifanelekileyo nezidibeneyo zothutho ezixhasa ukukhula koqoqosho kunye nokunxibelelana kwezentlalo eNtshona Kapa ngentsebenziswano ngowama-31 kweyoKwindla ngowama-2020.

Ulungelelwano:

Izithuthi ezikhuselekileyo, ezisebenzayo, nezimanyanisiweyo zibalulekile ekuqinisekiseni ukuphuculwa kwazo zonke iindlela zothutho nakwiziseko zophuhliso kunye neenkqubo ezizixhasayo ukuze kufezekiswe utshintsho olucetywayo ukusuka kwezabucala ukuya kwezothutho loluntu kunye nokuhamba kwemithwalo esuka endleleni isiya kumzila kaloliwe eNtshona Kapa.

Uqhagamshelwana kwiiPSG:

IiNjongo yoku-1; eyesi-3; neyesi-4 zesiCwangciso sePhondo.

Ukuphunyezwa kwePSTP, eyinkqubo yokunceda oomasipala abachongiweyo ukuba baphuhlise kwaye bazalisekise izicwangciso zokuhamba kwezithuthi zoluntu kunye ne-NMT, imiselwe ukuba ibe negalelo kuphuculo lothutho oluzinzileyo koomasipala. Izivumelwano zokuqondana (iiMOA) zaqakunjelwa kunye noomasipala bebeka amanqanaba ohlukeneyo enxaso yocwangciso kunye neenkqubo ezidibeneyo ukumiliselwa okungaphezulu kwiminyaka eliqela.

I-DTPW iqhubekile nokulawula ngokukuko nokubeka esweni umqhubi webhasi oxhaswa ngemali kwiNdawo yeDolophu yaseKapa kunye nePTOG enxulumene noko, de kube lixesha lokuba umsebenzi lowo ugqithiselwe kwiCoCT. Iqhubekile nokuphumeza ezinye izigaba zothungelwano oluphezulu lwezothutho loluntu (i"GO GEORGE"/iGIPTN) eGeorge, ephucula umgangatho wobomi babantu bedolophu ngentsebenziswano noMasipala waseGeorge kunye neSebe lezoThutho likazwelonke. Ukuphunyezwa kweZigaba se-4A kunye ne-4B yenkonzo ye-"GO GEORGE" kuxhomekeke kwisombululo seempikiswano ezithile ezithe zavela ngexesha kuqhutywayo.

Ukuzithemba koluntu kwinkonzo yabakhweli bakaloliwe kwikoMkhulu eliKhulu leKapa kuye kwehla kule minyaka imbalwa idlulileyo ngenxa yemiceli mngeni yokusebenza, ukunqongophala kwesondlo, kunye neziganeko zokonakaliswa nokubiwa kweziseko ezingundoqo. Le meko yemicimbi ikhokelele ekwehleni okukhulu kukhuseleko lomzila kaloliwe, kunye nokuhamba ngokuhambelanayo kwabahambi kwezinye iindlela zothutho ezinje ngeeteksi kunye nezithuthi zabucala. Ubambiswano phakathi kweDTPW, iPRASA kunye neCoCT ekudalweni nasekusetyenzisweni kweYunithi yoNyanzeliso loMzila kaLoliwe sele iqalile ukulungisa imiba yezokhuseleko nokhuselo malunga nenkonzo yeMetrorail.

Ukufa kwabantu ezingozini zendlela, ngakumbi ukubhubha kwabahambi ngeenyawo kuhlala kuyinto exhalabisayo. Ukuqhuba uphantsi kweempembelelo zotywala, ukukhawulezisa nokuqhuba ngaphandle kwamabhanti ezihlalo kuyaqhubeka nokuba zezona zinto zinegalelo kwingozi yeendlela. ISebe liqhubekile nokuphumeza umfuziselo weDSP oyimpumelelo ngentsebenziswano namagunya kamasipala kunye nee-arhente zogcino-mthetho ukuze kujongwane neenkxalabo zokhuseleko ezindleleni ngokubanzi.

I-DTPW iphuhlise isiCwangciso soThutho lweziThuthi zePhondo kunye nenkqubo yokuphumeza ukuphucula ukuthuthwa kwezithuthi okusebenzayo, okukhuselekileyo,

uzinzo kokusingqongileyo kunye nokusetyenziswa kweendleko kulo nyaka uphantsi kohlaziyo.

Ukukhuthaza ukukhula koqoqosho, ulwakhiwo nolondolozo lweeprojekthi eziphambili zenziwe apha enyakeni ukugcina nokuphucula imeko yothungelwano lweendlela, ngokwenza njalo kwandiswe ubomi balo obuluncedo ukuze kuzuze abemi.

Injongo yesi-4 eJolise kwiZiphumo zoCwangciso: Ukukhuthaza ulawulo olufanelekileyo, ukusebenza ngokukuko kunye nokusebenza ngokufanelekileyo kuyo yonke iDTPW.

Ingxelo yenjongo:

Ukubonelela ngobunkokheli obucwangcisiweyo, ulawulo nenkxaso ukwenza ukuba iDTPW ikwazi ukunikezela ngeenkono ezimanyeneyo ngokubhekisele kwizinto eziphambili zikarhulumente ngokufanelekileyo nangokusebenzayo ngomhla wama-31 kweyoKwindla wama-2020.

Ulungelelwaniso:

ISebe elisebenzayo nelifanelekileyo elinikezela ngeenkono ezihlangeneyo.

Uqhagamshelwano kwiiPSG:

Injongo yesi-5 yesiCwangciso sePhondo.

Imisebenzi yeDTPW kwimeko bume eya isiba ngumceli-mngeni efuna ubukrelekrele nokomelela kwenqanaba ngalinye lobomi bombutho.

Iqale ngokuphuhlisa kombono weminyaka engama-20 kubandakanya iindlela ezininzi zokujongana nemiba ebalulekileyo ejongene nombutho, kubandakanya ukubeka abemi embindini wendlela aqhuba ngayo ishishini, ukwakha iziseko zophuhliso ezinakho ukumelana neempembelelo zotshintsho lwemozulu, kubandakanya nenkqubela phambili. Kwinguqu ye-ICT kunye nobuxhakaxhaka balemihla, kunye nokukwazi ukuphendula ngokufanelekileyo kwizidubedube zoluntu nokungabinamthetho.

ISebe liphuhlise isicwangciso-qhinga sobuchule njengenxalenye yamalinge okudala umbutho ophambili kunye nokunyusa isakhono sawo sokuhambisa izisombululo zonikezelo lweenkonzo kubemi beNtshona Kapa. Oku ikakhulu kufuna ukuhlengahlengiswa kombutho ngokudibeneyo ngokunxulumene nemisebenzi ephambili.

Ukuvavanywa kwamalungiselelo okucwangciswa kweNdlela zeSebe ezisandul'ukugqitywa kugqityiwe. Ubume bombutho wokuyila ngokutsha wamkelwa nguMphathiswa wePhondo kuthethwano lwangaphandle ngomhla wama-25 kweyoMqungu ngowama-2019 ze kwathiwa thaca kwiNdlu yoLungelelwaniso yeBhunga leeNkonzo eziLungelelanisa iNkonzo yoLuntu lweNtshona Kapa kweyoMdumba wama-2019.

ISebe liqalise ngenkqubo yokujonga ngokutsha ubume beSebe leMisebenzi yoRhulumente wePhondo ukuze liphendule ngcono kwisicwangciso sobuchule kunye nomkhomba-ndlela wolawulo lwee-asethi zenqanaba ngalinye lokubakho kwazo.

I-DTPW yamkele indlela ehlangeneyo yokucinga yeSCM, emisela inkqubo elungelelanisiweyo ehambelana nokusebenza kweshishini lokwakha. Oku kuyakuqinisekisa ukuba injongo zentlalo ziyinxalenye yokuthenga kunye nokusebenza kombutho njengoko kuxhaswa yimigaqo kaKing IV.

Uqeqesho kwiindlela zokuziphatha, kulawulo lomngcipheko nakwinkqubo yezomthetho kwiimbambano zokwakha kwanikezelwa kumagosa eDTPW ukuphucula ulawulo nokusebenza kweenkqubo zeSCM.

4 IiNkcukacha zoMsebenzi ngokweNkqubo

4.1 Inkqubo yoku-1: Ulawulo

Injongo

Injongo yale Nkqubo kukunikezela ngenkxaso yolawulo ngokubanzi kwiSebe.

Iinkqutyana

- I-Ofisi kaMEC (i-Ofisi yoMphathiswa wePhondo – imiSebenzi yezoThutho loLuntu).
- Ulawulo lweSebe.
- Inkxaso yeQumrhu.
- Isicwangciso seSebe.

IiNjongo zesiCwangciso

1.1	Ukuphucula umgangatho wolawulo lwezemali.
1.2	Ukuququzelela ukusetyenziswa okufanelekileyo nokukhuseleko lweenkqubo zeenkukacha, iindlela nolwazi phakathi kwiSebe.
1.3	Ukuphucula izakhono nomthamo kwezothutho, ubume bolwakhiwo, ubunjinieli namacandelo anxulumene noko.
1.4	Ukuphucula ulawulo oluxananazileyo nolumanyeneyo lwesicwangciso-qhinga esidibeneyo, uphuhliso lomgaqo-nkqubo, ulungelelwaniso kunye nobeko sweni novavanyo.

Iinjongo zesicwangciso, izalathisi zomsebenzi, okujoliswe kuko licebo nezifizekiso ezizizo

Le Nkqubo inegalelo kwiNjongo yesi-4 eJolise kwiZiphumo zesiCwangciso zeSebe: Ukukhuthaza ulawulo olufanelekileyo, olusebenzayo noluphumelelayo kwiSebe liphela, ngeenzame eziliqela.

ICandelo loLawulo: iMigaqo-nkqubo neziCwangciso zezoThutho ithathe inxaxheba kuthethathethwano oludibeneyo lukamasipala nokucwangciswa kukamasipala ngokubonelela ngoncedo koomasipala beNtshona Kapa ngokuhlaziya ii-ITP zabo njengoko kumiselwe kwicandelo lama-36 (1) leNLTA. Uncedo lubonelelwe phantsi kwecandelo le-9 (2) (c) elifuna uMphathiswa wePhondo ukuba ancede abasemagunyeni bokucwangcisa abaswele amandla nezixhobo zokwenza umsebenzi ocwangcisiweyo odibeneyo. ICandelo loMlawuli likwinkqubo yokujonga ngokutsha ezi zixhobo ze-ITP ukuze zibe semthethweni kule minyaka mihlanu izayo.

I-DTPW iqhube uphando kwidolophu yaseVredenburg kuMasipala waseSaldanha Bay kumhlaba oncedisayo (Isifundo seNdibano yoMhlaba oNcedisayo waseVredenburg Catalytic:

- Ukubeka phambili indlela yokuchonga iipasile ezifanelekileyo zomhlaba ongenamntu kulungiselelo lwamaziko ezentlalo ngokubonelela ngesakhelo esomeleleyo sokucwangciswa okufutshane, okuphakathi kunye nexesha elide kwamaziko entlalo exesha elizayo;

- Ukukhuthaza ingxoxo kunye nokuthatha amanyathelo malunga nokucwangciswa okuhlangeneyo kunye nezibonelelo ezifanelekileyo ezibekwe ngokufanelekileyo ukuze kuphuculwe ubomi babantu eNtshona Kapa; kunye
- Ukuphonononga ukuba angakanani amasebe afana neSebe lezeMpilo eNtshona Kapa neWCED anokuphonononga izisombululo zonikezelo ezingasekelwanga kwiziseko zophuhliso ngentsebenziswano neprojekthi zentsebenziswano.

Njengenxalenye yombono wayo we-intanethi, iDTPW iphande unxibelelwano phakathi kolwazi ngobugcisa kunye nophuhliso oluzinzileyo. Njengenxalenye yendlela yethu yokucinga ehlangeneyo, ubuhlakani obucwangcisiweyo bokusebenza kunye noluhlu lomsebenzi uphuculwe ngakumbi kunyaka ophantsi kohlaziyo. Oku kukhokelele ekusebenzeni ngokungqinelanayo okunenjongo kunye nemveliso ehambelana nendlela esebenza ngalo ishishini lokwakha. Le ndlela idibeneyo imisela ubonelelo olusebenzayo olunokujongwa njengenkqubo yezoqoqosho, inkqubo yezentlalo, inkqubo yemveliso, kunye nenkqubo yombutho. Oku kunceda ekuqinisekiseni ukuba iinjongo zentlalo ziyinxalenye yezona ndlela zixhaphakileyo zokuthengwa kwempahla kunye neendlela zombutho, ngendlela efanayo ne-OHS kunye nolawulo lokusingqongileyo ziindlela "zokwenza njengesiqhelo" kuwo onke amanqanaba karhulumente kule mihla. Oku kuhambelana nendlela ecetywayo kwimigaqo yeKing IV yolawulo lweshishini egxininisa ukubaluleka kokucinga okuhlangeneyo kunye nokunika ingxelo ngokudibeneyo (umbutho njengenxalenye yoluntu, ubumi beshishini, kunye nokubandakanywa kwabachaphazelekayo) kwinkonzo yophuhliso oluzinzileyo.

I-DTPW ihlengahlengise ukugxila kwayo ekujongeni abantu, inkqubo kunye nolwazi ngobugcisa njengezona zinto ziphambili kushishino lwayo, ekubekeni idatha embindini, nasekusebenzeni kwabantu, inkqubo kunye nolwazi ngobugcisa, umbono ogqitywe ngumbutho wabacebisi behlabathi uGartner Inc. ngowama-2018. Oku kubonisiwe kuhlalutyo lwentengiselwano yeDTPW kunye nabanikezeli. Idala ukubonakala ngakumbi kwaye ikwazisa ukugxila kweqhinga kunye nokwenza izigqibo. Siyaqonda ukuba iinkcukacha nokungqubana kolwazi ngobugcisa, kodwa ikwayimithombo eyahlukileyo yokudala ixabiso elinokubangela umngcipheko ngamnye kunye nokubonelela ngamathuba.

Icandelo leSCM libonise ngentengiso yalo kunye nokuququzelela ubhaliso lwabanikezeli kuVimba weeNkcukacha zabaBoneleli ngeeNkonzo beNtshona Kapa ngokuthatha inxaxheba kwiiseshoni zolwazi lokwakha zeNkqubo yoPhuhliso loKwakha, kunye neeseshoni zophuhliso lwabanikezeli (ngentsebenziswano neDEDAT ngokunjalo noomasipala abohlukeneyo). Iindibano zocweyo ezincinane zenziwa kunye nababoneleli ngeenkonzo, apho amaxwebhu obhaliso ayejongwa ukuze agqitywe kwaye kulandelelwa kwenziwa kwimeko yamaxwebhu obhaliso angenisiweyo. Iyunithi ithathe inxaxheba kwimiboniso yendlela yeCSD ngentsebenziswano noNondyebo wePhondo kunye nokubhalisa ababoneleli ngeenkonzo kuVimba weeNkcukacha wabaBoneleli ngeeNkonzo.

I-SCM iphuhlise ikhontrakthi entsha yempahla neenkonzo ezibekwe emgangathweni esele zisetyenziswa kwiSebe. Iphantsi kohlaziyo lwangoku lweenkonzo zoMthetho ukuze

zisetyenziswe nguRhulumente weNtshona Kapa ephela, ngokungqinwa nguNondyebo wePhondo.

Zizonke iikhontrakthi zesakhelo ezingama-20 ezicwangcisiweyo, zemihla ngemihla nolondolozo olungxamisekileyo kuzo zonke iindidi zomsebenzi zibekiwe. Ukhathalelo oluthile luye lwathathwa ukuze kungabandakanywa ngaphandle koonkhontraktha abancinci abahleliweyo kule nkqubo ukuxhasa uphuhliso loonkhontraktha kunye noxanduva olunxulumene noqoqosho nezentlalo karhulumente.

Indlela entsha yentengiso yohambo kunye nendawo yokuhlala sele iphunyeziwe njengenyathelo lethutyana kude kube lixesha apho uNondyebo wePhondo egqibezela uHambo lwakhe oluXananazileyo noMgaqo-nkqubo weNdawo yokuHlala.

I-DTPW ityale imali kuqeqesho oluqhubayo kunye nophuhliso lwabasebenzi abathatha inxaxheba kwimisebenzi yokuthenga. Uqeqesho lokuziphatha kakuhle nolawulo lomngcipheko lwabonelelwa ngamagosa angama-360 kwaye uqeqesho malunga nenkqubo yezomthetho ejongene neembambano zokwakha yanikezelwa kumagosa angama-34 eDTPW.

Ekuvumeni ingxaki nobunzima obuqhubekayo bamanzi kwiNtshona Kapa iphela, amaphulo awohlukeneyo amiliselwa ukufumana amanzi ongezelelweyo apho oku kunokwenzeka.

Emva kokumisela ngempumelelo inkqubo yamanqanaba "agqibeleleyo" ukunceda ukuqhuba uphicotho-zincwadi olungenachaphaza lweenjongo ezimiselwe kwangaphambili, iDTPW ikwindlela yokuphumeza inkqubo yokubeka iliso kwiziphumo zodweliso lwenkqubo. Oku kuyakunceda utshintsho kugxilo lweDTPW ukusuka kwinqanaba "lokuthobela" ukuya kwinqanaba "lokusebenza" lokugqibelela kombutho. Uyilo lwengqikelelo lugqityiwe kwaye uyilo oluneenkukacha luqalisiwe kwinkqubo yokubeka iliso kwiziphumo, ezibandakanya isixhobo sokuququzelela isivumelwano ekusetyenzisweni kweziphumo ezilindelweyo kunye nezalathi zokubekwa esweni kweziphumo zeDTPW.

Uyilo lweemvavanyo ezisixhenxe lwaziswe ziingcamango zotshintsho ezihambelana neengcinga zangoku malunga nokuba iinkqubo zijolise njani ekufezekiseni iziphumo ezifunekayo. Olu vavanyo lubhalwe apha ngezantsi lwenziwe ngowama-2018/19:

- Uxilongo lovavanyo lweNkqubo ye-ITP;
- Impembelelo yomisele lweSibonelelo soLondolozo lweNdelela zePhondo (iPRMG);
- Impembelelo yomisele lweNkqubo yeSibonelelo esiHlangeneyo seMisebenzi yoLuntu eyaNdisiweyo;
- Impembelelo yomisele lweSibonelelo soXhomekeko lweMisebenzi yezoThutho loLuntu;
- Uyilo lovavanyo lwePSTP;
- Uyilo lovavanyo lweNkqubo yoPhunyezo loKhuseleko eziNdeleleni (iRSIP); kunye
- Nophunyezo lovavanyo lwengqokelela yepropati eqeshisayo.

lingxoxo zoyilo lovavanyo, iziphumo, izindululo kunye nokuphuculwa okucwangcisiweyo okususela kolu vavanyo kunye nabaphathi beNkqubo abafanelekileyo sele ziqalile

kwaye ukubekwa kweliso kwinkqubela phambili kuya kuqhubeka nakunyaka-mali omtsha.

linjongo zesicwangciso senkqubo, izalathisi zomsebenzi, izicwangciso zokujoliswe kuko nezizalisekiso ezizizo ziboniswe kwiiTheyibhile yama-23 nama-24.

liNjongo zesiCwangciso

Itheyibhile yama-18: Inkqubo yoku-1: Ulawulo: liNjongo zesiCwangciso

Inombolo	liNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho
Inkqutyana 1.3: Inkxaso yeQumrhu						
1.1	Ukuphucula umgangatho wolawulo lwezemali.					
1.1.1	Inqanaba lokukhula kwamandla emali.	3+	3+	3+	0	-
1.2	Ukuququzelela usetyenziso olusebenzayo nolukhuselekileyo lweenkqubo zolwazi, iinkqubo nolwazi kwiSebe.					
1.2.1	Inqanaba loLawulo lweeNkcukacha zokugqibelela kuShishino.	2+	3	3	0	-
1.3	Ukuphucula izakhono nomthambo kwezothutho, ulwakiwo, ubunjinieli namacandelo anxulumene noko.					
1.3.1	Inani labagqatswa ababhalisiweyo kunye nembumba yeengcali ezichaphazelekayo.	19	18	21	3	Ukufezekiswa ngaphezulu kokubhaliswa kwabaqeqeshiweyo aba-3 ngenxa yokuphuculwa kwemigangatho yokuhanjiswa kweenkonzo ngamabhunga amiselwe ngokomthetho.

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho
Inkqutyana 1.4: IsiCwangciso seSebe						
1.4	Ukuphucula ulawulo oluxananazileyo nolumanyeneyo lwesicwangciso seqhinga, uphuhliso lomgaqo-nkqubo, ulungelelwaniso kunye nobeko liso novavanyo.					

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho
1.4.1	Inani leenkqubo zocwangciso ezifizekisiweyo. zesebe	8	32	2	(30)	<ol style="list-style-type: none"> Njengokuba ixesha langoku le-ITP lesi-5 lisondele esiphelweni, kwagqitywa kwelokuba uphononongo olupheleleyo luyakwenziwa kule minyaka mi-5 izayo kunokuhlaziywa. Olu hlaziyo lupheleleyo luthatha unyaka-mali wama-2018/19 nowama-2019/20 kwaye kulindeleke ukuba ukwamkelwa koomasipala nabaphathiswa kwee-ITP ezahlukeneyo kugqitywe ekupheleni konyaka-mali wama-2019/20. Uncedo lokudluliselwa kwemali ye-ITP koomasipala: Oomasipala baseGeorge, e-Eden, eStellenbosch naseCape Winelands bonke bacele ukugqithiselwa nto leyo ethetha ukuba uhlaziyo lonyaka-mali wama-2017/18 lwee-ITP luya kugqitywa kuphela kunyaka-mali wama-2019/20. Bonke aba masipala baye bafumana imiceli mngeni kulawulo enxulumene neengxaki zokuthenga. Ukugqithisela iimali zoncedo ngokuhlaziya ii-ITP kunokwenziwa kuphela kunyaka-mali kamasipala (kowoku-1 kweyeKhala ukuya kowama-30 kweSilimela) hayi kunyaka-mali wephondo (kowoku-1 kuTshazimpunzi ukuya kowama-30 kweyoKwindla). Oku kubenempembelelo kwixesha elithathwayo ukugqiba uhlaziyo lwe-ITP. Uhlaziyo lwenkqubo-sikhokelo yezoThutho kuMhlaba wePhondo (iPLTF) alukaphunyezwa nguMphathiswa wezoThutho kaZwelonke nangona kubekho ulandelelo kaninzi.

Izalathisi zoMsebenzi

Itheyibhile yama-23: Ulawulo: Izalathisi zoMsebenzi

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho	Unxaxho lokujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/2019	Izimvo kunxaxho
Inkqutyana 1.3: iNkxaso yeQumrhu								
1.1.1.1	Inani lezicwangciso ezihlaziye, iSCM neFM (iFA, iMA neFG)*	4	4	4	4	4	4	-
1.3.1.1	Inani lezibophelelo nezithembiso ezityikityiweyo	16	14	20	10	19	9	Ulwandiso lweNkqubo yoPhuhliso lobuGcisa ukubandakanya uLwawulo lweProjekthi yoKwakha.
Inkqutyana 1.4: IsiCwangciso seSebe								
1.4.1.1	Inani leenkqubo ezihlangeneyo zezothutho ezivavanyiweyo	29	0	6	30	0	(30)	1. Njengokuba ixesha langoku le-ITP lesi-5 lisondele esiphelweni, kwagqitywa ekubeni kwenziwe uphononongo olupheleleyo kule minyaka mi-5 izayo kunokuba kuhlaziye. Olu hlaziyo lupheleleyo luthatha unyaka-mali wama-2018/19 nowama-2019/20

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho	Unxaxho lokujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/2019	Izimvo kunxaxho
								<p>kwaye kulindeleke ukuba ukwamkelwa koomasipala nabaphathiswa bee-ITP ezahlukeneyo ziza kugqitywa ekupheleni konyaka-mali wama-2019/20.</p> <p>2. Uncedo lokudluliselwa kwenxaso-mali yee-ITP koomasipala: Oomasipala baseGeorge, e-Eden, eStellenbosch naseCape Winelands bonke bacele ukugqithiselwa nto leyo ethetha ukuba uhlaziyo lonyaka-mali wama-2017/18 lwee-ITP luya kugqitywa kuphela kunyaka-mali wama-2019/20. Bonke aba masipala baye bafumana imiceli mngeni kulawulo enxulumene neengxaki zokuthenga. Ukugqithisela imali yokuhlaziya ii-ITP kungenzeka kuphela</p>

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho	Unxaxho lokujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/2019	Izimvo kunxaxho
								<p>kunyaka-mali kamasipala (kowoku-1 kweyeKhala ukuya kowama-30 kweyeSilimela) hayi kunyaka-mali wephondo (kowoku-1 kuTshazimpunzi ukuya kowama-30 kweyoKwindla). Oku kunempembelelo kwixesha lokugqiba uhlaziyo.</p> <p>3. Uhlaziyo lwePLTF alukamkelwa nguMphathiswa wezoThutho lukaZwelonke ngaphandle kokulandelelwa kaninzi.</p>
1.4.1.2	Inani leengxelo eziqulunqiweyo zezicwangciso nomgaqo-nkqubo	2	1	2	2	2	0	-

*Qaphela: * Ulawulo lwe-SCM- uLawulo lweNtengo, uLawulo oluyiNtloko: uLawulo lwezeMali, iFA- uCalulo-mali, iMA-uLawulo loCalulo-mali, iFG-uRhulumento lwezeMali.*

Izicwangciso zokoyisa kwiindawo apho kungasetyenzwanga kakuhle khona

Icandelo loLawulo: Imigaqo-nkqubo neziCwangciso zezoThutho iqhubela phambili ekuchongeni amalungu aphambili kwinqanaba lephondo nelikamasipala ukuba libeyinxalenye yeKomiti eQhubekayo ye-ITP ukulungelelanisa nokulawula inkqubo ye-ITP ukuqinisekisa ngentembeke.

Utshintsho lokujoliswe kuko sisicwangciso

Akubangakho lutshintsho kokujoliswe kuko sisicwangciso.

Inkcitho yenkqutyana

Itheyibhile yama-19: iNkqubo yoku-1: Ulawulo: Inkcitho yenkqutyana

Inkqutyana		2018/19			2017/18		
		Ulwabiwo lokuGqibela R'000	Eyona Nkcitho R'000	Inkcitho (Ngaphezu)/ Ngaphantsi R'000	Ulwabiwo lokuGqibela R'000	Eyona Nkcitho R'000	Inkcitho (Ngaphezu)/ Ngaphantsi R'000
1.1	I-Ofisi kaMEC	6 707	6 707	-	6 937	6 584	353
1.2	ULawulo lweDTPW	4 675	4 670	5	5 100	4 599	501
1.3	INkxaso yeQumrhu	145 625	144 355	1 270	122 665	122 346	319
1.4	IsiCwangciso seSebe	39 352	39 091	261	40 279	39 224	1 055
Iyonke		196 359	194 823	1 536	174 981	172 753	2 228

4.2 Inkqubo yesi-2: Izibonelelo zophuhliso lweMisebenzi yoLuntu

Injongo

Injongo yale Nkqubo kukunikela ngezibonelelo ezingundoqo zikarhulumente zephondo ezikhuthaza ukuhlanganiswa, ukufikeleleka, ukuzinza, ukulingana, ukuvakalelwa yimeko, ukukhula koqoqosho kunye nokuxhotyiswa kwezentlalo.

linkqutyana

- INkxaso yeNkqubo.
- UkuCwangcisa.
- Ulwakhiwo.
- Ulondolozo.
- Ulawulo lwee-Asethi ezingashenxiswayo (i-IAM).
- Imisebenzi yeZiko.

IiNjongo zesiCwangciso

2.1	I Ukuphucula ukusebenza kakuhle kwe-ofisi yendawo yokuhlala ngokunciphisa iindleko kunye nokusetyenziswa kweendawo eziphuculweyo.
2.2	Ukunikezelwa kwezibonelelo ezizinzileyo kunye nendawo yokuhlala kubaxhasi.
2.3	Ukusetyenziswa kakuhle kwee-asethi ezingashenxiswayo kwephondo.
2.4	Ukukhuthaza nokuququzelela uphuhliso loqoqosho lwentlalo ngophuhliso lwezibonelelo ezingundoqo neeprojekthi zolawulo lwepropati.

Iinjongo zesicwangciso, izalathisi zokusebenza, ucwangciso kokujoliswe kuko kunye neyona mpumelelo

Le Nkqubo ifaka isandla kwiNjongo yesi-2 yeSicwangciso sesiPhumo sokuJoliswe kuko sePhondo: uLawulo lwezibonelelo zephondo kunye nee-asethi ezingashenxiswayo eNtshona Kapa.

Kubalulekile ukugcina isiseko see-asethi zephondo. Umngcipheko wokungasikhuseli isiseko see-asethi kunokuqondwa ekukhanyisweni kokubaluleka kwezibonelelo ezingundoqo kwimisebenzi yoluntu, kubandakanya:

- Icandelo lezokwakha lihlala lihamba phambili ekukhuleni koqoqosho lwephondo;
- I-DTPW ibonelela ngolwakhiwo olulinganayo lwezakhiwo zikarhulumente wephondo ezikhuthaza ukudityaniswa, ukufikeleleka, uzinzo, ubulungisa, ukuvakalelwa yimeko, ukukhula koqoqosho, kunye nokuxhotyiswa kwezentlalo;
- Umgangatho weziseko zophuhliso ubaluleke kakhulu kwiinkonzo ezinikezelwa kubahlali beNtshona Kapa; kwaye
- Ukusukela ngowama-2014/15, kudalwe imisebenzi engaphezulu kwama-5 700, amaziko emfundo angama-90 agqityiwe, amaziko ezempilo ali-17 agqityiwe kwaye iiprojekthi ezininzi zokuhlala kwii-ofisi zigqityiwe ukuxhasa ezempilo nezemfundo.

Njengoko iimarike zemveliso zitshintsha, kuyakubakho impembelelo kwiziseko zophuhliso ezibalulekileyo ekulungiseni ezi marike. Njengoko iimeko zemozulu kunye nemozulu ziba

zimbi kakhulu kwaye zingenakulindeleka, umngcipheko onokubakho kwezi asethi zibalulekileyo nawo uya kwanda.

Ngelixa iDTPW isenza zonke iinzame ngaphakathi kwisakhelo sohlahlo-lwabiwo mali sokwenza izakhiwo zeWCG zikwazi ukumelana nemozulu kwaye zikhusele ukuhanjiswa kweenkonzo, ezi ntshukumo ziza kudinga ukuxhaswa ngabo banegunya kwiziseko zophuhliso.

Ukusukela ngowe-1995, uphuhliso lwezibonelelo zemfundo lwalugxile ikakhulu kwimisebenzi emikhulu. Izidingo zolondolozo azange ziluchaze uhlahlo-lwabiwo mali kwaye zazisabela endaweni yokusebenza. Le ndlela inefuthe elibalulekileyo, kubandakanya:

- Akubangakho nditsho ukusasazwa kweminyaka okunxulumene nezikolo okuhambelana nokukhula kwendalo;
- Iimfuno zokutshintsha inqanaba ngalinye lobomi zanda ngokukhawuleza ekunciphiseni ukujika kwexabiso;
- Iincam zangoku nemikhombe kwimifuziselo yenkcitho yolondolozo; kunye
- Nobunzima ekuqikeleleni iimfuno zolondolozo neenjongo zohlahlo-mali.

Ngenxa yemeko ekhoyo yee-asethi, imisebenzi yongxamiseko yaqhutyelwa iziseko zophuhliso lwezemfundo kwiinyanga ezili-12 ezidlulileyo:

- Iipesenti ezingama-26 zokutywina nokulungisa isixokelelwano semibhobho yokuhambisa amanzi;
- Iipesenti ezili-19 zokulungisa uphahla;
- Iipesenti ezili-9 zokulungisa okombane; kunye
- Neepesenti ezili-19 zemisebenzi yobunjinieli.

Oonobangela abaphambili bokulungiswa ukungaphumeleli kwetyala (iipesenti angama-56), kunye nowohloka okuqhelekileyo. Ibhalansi yeepesenti ezingama-44 inikwe iziganeko ezifana nomlilo, ubusela, ukonakaliswa kwempahla kunye nezigigaba zemozulu.

I-DTPW iqale utshintsho kwisicwangciso solondolozo, ukusuka kolunye ulondolozo olubanzi lwezikolo ezimbalwa ukuya kulondolozo lwecandelo elibalulekileyo lezikolo ezininzi. Esi sicwangciso sibalulekileyo sijolise ekulungiseni uphahla, okombane kunye notywino lwemibhobho kuphela ngombono wokunciphisa inani labasebenzi bolondolozo olungxamisekileyo kwisithuba seminyaka emi-5 ukuya kwesi-7 ezayo.

I-DTPW iyaqhubeka nokuhambisa izibonelelo zoncedo ngezempilo olunzima kakhulu eziyilelwe ukuthathela ingqalelo iimfuno zenkqubo yeshishini kunye nenkqubo yokusebenza komthengi, ukukhusela imeko yelifa lemveli lezakhiwo neendawo ezingqongileyo, kubandakanya ukuthathelwa kwengqalelo izindlu zokukhulisela izityalo, kunye nokwandisa ukhathalelo lwabemi kunye nentuthuzelo. Ixabiso lokutshintsha ingxowa yeencwadi zophuhliso zesiseko sophuhliso lwezempilo eNtshona Kapa liqikelelwa kuma-R45 ezigidigidi. Umngcipheko obonakalayo uhlala ukhona ekusileleni okumalunga neepesenti ezingama-28 kuhlahlo-lwabiwo mali olubekiweyo lolondolozo olufunekayo ukufezekisa iimfuno zolondolozo ezifanelekileyo ukuqinisekisa ukuba ii-asethi zigcinwa zikumgangatho omncinane osebenzayo. Ziphelele iipesenti ezingama-40

kunye neepesenti ezingama-70 zee-asethi zeziseko zophuhliso lezempilo zisemngciphekweni ngaphakathi kumacandelo aseburhulumenteni nakwindawo zokuhlala eziqeshisiweyo ngokulandelelana.

Imilinganiselo nemigangatho ye-ofisi yeendawo zokuhlala iyaqhubeka nokucokiswa ukuze kuphunyezwe ukusebenziseka okuphuculiweyo kwe-ofisi yengqokolela yendawo yokuhlala kwiphondo kunye nokuphucula ukusebenza kokusetyenziswa kwamanzi nombane. Uphuculo lwezibonelelo zeeCYCC zihlala ziyindawo ekugxilwe kuyo kunye nemisebenzi eqhubekayo yolondolozo eyenziwayo kumaziko awahlukeneyo kwiphondo liphela. Ukucwangciswa kokuphuculwa kweziseko zophuhliso kwezinye zezi zibonelelo ezilawulwa liSebe loPhuhliso lwezeNtlalo, sele zikwinqanaba eliphezulu.

linjongo zesicwangciso seNkqubo, izalathi zokusebenza, ekujoliswe kuko kwesicwangciso kunye neyona mpumelelo zithiwe thaca kwezi theyibhile zingezantsi.

liNjongo zesiCwangciso

Itheyibhile yama-20: Inkqubo yesi-2: Izibonelelo zophuhliso zeMisebenzi yoLuntu: liNjongo zesiCwangciso

Inombolo	liNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho
Inkqutyana 2.2: Ukucwangcisa						
2.1	Ukuphucula ukusebenza kwe-ofisi yendawo yokuhlala ngokunciphisa iindleko nokuphuculwa kokusetyenziswa kwendawo.					
2.1.1	lindleko zabasebenzi abasisigxina (iFTEC) ezichazwe njengeRandi/iFTEC ilingana okanye ingaphantsi kwexesha elifanele unaniselwano lwecandelo labucala.	R72 808.00	Ngaphantsi okanye ngokulinganayo nokufanele unaniselwano lwecandelo labucala lwelo xesha. Unaniselwano lwecandelo labucala: R47 152.00	R81 640.00	-R34 488.00	Ukunyuka kweendleko ezinxulumene nengqokolela yeencwadi ikakhulu kubangelwa kukuqhubeka kwenkcitho kuphuculo lwezixhobo kunye namanyathelo okusebenza afanelekileyo njengePV yelanga, inkqubo yokuelisa umbane kunye namanzi ongezelelweyo avela kwimithombo yamanzi aphantsi komhlaba. Eyona misebenzi mihle yamanye amazwe inxulumene nokusebenza kwepropathi ibonakalisiwe nge-m ² endaweni yeendleko ngeFTE nganye. ICandelo laBucala ligxile kwindleko nganye nge-m ² ngeli lixa iWCG ijolise kwiiFTE nakwi-m ² .

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho
linkqutyana 2.4: Ulwakhiwo						
2.2	Ukuhanjiswa kwezibonelelo zophuhliso ezizinzileyo nendawo yokuhlala kumaxhasi.					
2.2.1	Inani leeprojekthi ezinkulu nolondolozo ezigqityiweyo.	206	173	219	46	<p>Ukusebenza kakhulu ngenxa:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukugqitywa komsebenzi ocwangcisiweyo wama-2017/18 kunyaka-mali wama-2018/19. • Impumelelo yonikezelo lwesiza kwangexesha nolawulo lweprojekthi olusebenzayo.
2.2.2	Inani lezivumelwano zengqeshiso nentengo ezigqityiweyo ze-ofisi yendawo yokuhlala.	25	41	20	(21)	<p>Ukusebenza kakubi kungenxa yenani lokuvunywa kokuqeshisa okuye kwafunyanwa kodwa kungakhange kufikelelwe kuthethathethwano kunye nokutyikitywa kwezivumelwano zokuqeshisa ngokubhekisele kwi-ofisi yendawo yokuhlala. Imvume yengqeshiso yinto efunekayo kuthethathethwano nasekugqityweni kwesivumelwano sengqeshiso.</p>
Inkqutyana 2.6: Ulawulo lwee-Asethi ezingashenxiswayo						
2.3	Usetyenziswo olufanelekileyo lwee-asethi ezingashenxiswayo zephondo					
2.3.1	Inani leepropati ezikhululwe ngeenjongo zokuhlaziywa.	0	1	0	(1)	<p>Ulibaziseko oluye lwabakho ngexa kumiselwa ukhetho lophuhliso olunokwenzeka ukulandela iFounders' Garden/Artscape Precincts. Ungeniso luza kusiwa kwiKhabinethi kunyaka-mali wama-2019/20.</p>

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho
linkqutyana 2.4: Ulwakhiwo, 2.5: Ulondolozo						
2.4	Ukukhuthaza nokuququzelela uphuhliso loqoqosho lwentlalo ngophuhliso lwezibonelelo ezingundoqo neprojekthi zolawulo lwepropati.					
2.4.1	Inani lemisebenzi edaliweyo.	4 515	10 300	3 493	(6 807)	<ul style="list-style-type: none"> • Ukuncipha kwenani leprojekthi kwisiza ukuze kuqeshwe abasebenzi. • Ngenxa yexesha lokuvelisa izixhobo ezikhethekileyo – abasebenzi baza kuqeshwa kuphela kwiikota zokugqibela zakuba izixhobo zikhona kwisiza.

Izalathisi zoMsebenzi

Itheyihile yama-21: Inkqubo yesi-2: Izibonelelo zophuhliso zeMisebenzi yoLuntu: Izalathisi zoMsebenzi

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko kwesicwangciso 2018/2019	Izimvo kunxaxho
Inkqutyana 2.2: Ukucwangcisa								
2.1.1.1	IsiCwangciso soLawulo lwee-Asethi (iC-AMP) ezigciniweyo zingeniswe kuNongxowa onelungelo loko ngokumalunga noMthetho woLawulo lwee-Asethi ezingaShenxiswayo zikaRhulumente (iGIAMA)	1	1	1	1	1	0	-

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko kwesicwangciso 2018/2019	Izimvo kunxaxho
2.1.1.2	Inani lamathuba omsebenzi e-EPWP adalwe liSebe lePhondo leeNdlela/leMisebenzi yoLuntu *	ayingeni	ayingeni	6 926	15 241	7 869	(7 372)	<p>Ukusebenza kakubi ngenxa:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ulibaziseko ekuqhutyweni kweprojekthi zokunika amaxabiso omsebenzi okukhokelele ekuncipheni kwenani leprojekthi kwisiza ekuqeshweni kwabasebenzi. • Uhlobo olukhethekileyo lomsebenzi. • Ulibaziseko ekungenisweni kweekopi ezinqinisekisiweyo zezazisi ngeenjongo zengqinisekiso.

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko kwesicwangciso 2018/2019	Izimvo kunxaxho
2.1.1.3	Inani lolinganiso lweXesha eliPheleleyo (iiFTE) elidalwe liSebe lePhondo leeNdlela/leMisebenzi yoLuntu *	ayingeni	ayingeni	3 277	4 996	2 892	(2 104)	<p>Ukusebenza kakubi ngenxa:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ulibaziseko ekuqhutyweni kweprojekthi zokunika amaxabiso omsebenzi okukhokelele ekuncipheni kwenani leprojekthi kwisiza ekuqeshweni kwabasebenzi. • Uhlobo olukhethekileyo lomsebenzi. • Ulibaziseko ekungenisweni kweekopi eziqinisekisiweyo zezazisi ngeenjongo zengqinisekiso.
Inkqyana 2.3: Ulwakhiwo								
2.2.1.1	Inani lezibonelelo zophuhliso eziyilelwa ukulungela isibizi maxabiso somsebenzi *	56	29	43	24	20	(4)	Qaphela: Izizathu zonxaxho oludityanisiweyo lwesalathisi zinikiwe apha ngezantsi.
	• Amaziko ezeMfundo	17	16	20	2	2	-	

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko kwesicwangciso 2018/2019	Izimvo kunxaxho
	<ul style="list-style-type: none"> AmaZiko ezeMpilo 	16	3	1	17	12	(5)	<ul style="list-style-type: none"> liprojekthi ezingedluleliyo kwisinyi maxabiso somsebenzi. Akukho kufikelela kwisiza solwaxhiwo ngenxa yokucandwa komhlaba. Utshintsho kwisicwangciso sentengiso. Uphengululo olongezelelwe lisebe labaxhasi nomgangatho ophantsi wamaxwebhu angeniswe ngababoneleli ngeenkono abanobuchule adinga izilungiso.
	<ul style="list-style-type: none"> Izibonelelo zophuhliso ngokuBanzi 	23	10	22	5	6	1	Isigaba sesi-2 sodluliselo lweprojekthi.

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko kwesicwangciso 2018/2019	Izimvo kunxaxho
2.2.1.2	Inani leprojekthi ezinkulu zezibonelelo zophuhliso ezigqityiweyo kwisithuba sexesha ekuvunyelwene ngaso *	23	39	28	45	23	(22)	Qaphela: Izizathu zonxaxho oludityanisiweyo lwesalathisi zinikiwe apha ngezantsi:
	<ul style="list-style-type: none"> AmaZiko ezeMfundo 	11	17	17	25	9	(16)	<ul style="list-style-type: none"> Ukuhlelwa kwakhona kweprojekthi. Utshintsho lomda ocelwe lisebe labaxhasi. Ungenelelo /ukuphazamisa uluntu. Umsebenzi olambathayo kanokontraaktha, ngenxa yeengxaki zokuhamba kwemali. Ukusilela kukanokontraaktha.
	<ul style="list-style-type: none"> AmaZiko ezeMpilo 	1	9	3	2	2	0	

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko kwesicwangciso 2018/2019	Izimvo kunxaxho
	<ul style="list-style-type: none"> Izibonelelo zophuhliso ngokuBanzi 	11	13	8	18	12	(6)	<ul style="list-style-type: none"> limeko ezingaziwayo kwisiza esithe gabalala ngexesha lolwakhiwo. liprojekthi ezigqitywe phambi kokuba bekulindelekile. Ulibaziseko lokugqitywa kweprojekthi.
2.2.1.3	Inani leprojekthi ezinkulu zezibonelelo zophuhliso ezigqitywe kuhlahlo-lwabiwo mali ekuvunyelwene ngalo *	37	54	43	45	34	(11)	Qaphela: Izizathu zonxaxho oludityanisiweyo lwesalathisi zinikiwe apha ngezantsi.

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko kwesicwangciso 2018/2019	Izimvo kunxaxho
	<ul style="list-style-type: none"> • AmaZiko ezeMfundo 	15	25	19	25	15	(10)	<ul style="list-style-type: none"> • Ukuhlelwa kwakhona kweprojekthi. • Utshintsho kwisicwangciso sentengiso. • Uphengululo olongezelelwe lisebe labaxhasi. • Ungenelelo /ukuphazamisa uluntu. • Umsebenzi olambathayo kanokontraaktha, ngenxa yeengxaki zokuhamba kwemali. • Ukusilela kukanokontraaktha.
	<ul style="list-style-type: none"> • AmaZiko ezeMpilo 	4	11	12	2	3	1	Ukugqitywa kokudilizwa kweSibhedlel saseSwartland kwakhawuleziswa ngesicelo esivela kwisebe labaxhasi.
	<ul style="list-style-type: none"> • Izibonelelo zophuhliso ngokuBanzi 	18	18	12	18	16	(2)	<ul style="list-style-type: none"> • limeko ezingaziwayo kwisiza esithe gabalala ngexesha lolwakiwo. • Iprojekthi yagqitywa

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko kwesicwangciso 2018/2019	Izimvo kunxaxho
								phambi kwexesha ebe lilindelekile.
2.2.1.4	Lilonke inani leeprojekthi ezinkulu nezibonelelo zophuhliso ezigqityiweyo*	ayingeni	54	45	45	35	(10)	Qaphela: Izizathu zonxaxho oludityanisiweyo lwesalathisi zinikezelwe apha ngezantsi.
	<ul style="list-style-type: none"> AmaZiko ezeMfundo 	ayingeni	25	20	25	16	(9)	<ul style="list-style-type: none"> Ukuhlelwa kwakhona kweprojekthi. Utshintsho kwisicwangciso sentengiso. Uphengululo olongezelelwe lisebe labaxhasi. Ungenelelo /ukuphazamisa uluntu. Umsebenzi olambathayo kanokontraaktha, ngenxa yeengxaki zokuhamba kwemali. Ukusilela kukanokontraaktha.

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko kwesicwangciso 2018/2019	Izimvo kunxaxho
	<ul style="list-style-type: none"> AmaZiko ezeMpilo 	ayingeni	11	13	2	3	1	Ukugqitywa kokudilizwa kweSibhedlel saseSwartland kwakhawuleziswa ngesicelo esivela kwisebe labaxhasi.
	<ul style="list-style-type: none"> Izibonelelo zophuhliso ngokuBanzi 	ayingeni	18	12	18	16	(2)	<ul style="list-style-type: none"> limeko ezingaziwayo kwisiza esithe gabalala ngexesha lolwakiwo. Iprojekthi yagqitywa phambi kwexesha ebe lilindelekile.
2.2.1.5	Inani leprojekthi eziphuhliselwe intelekelelo yeGreen Star zize zingeniswe kwiBhunga leSakhiwo seNdlu yokuKhulisela izityalo yoMzantsi Afrika (iGBCSA).	1	0	0	0	0	0	-
	<ul style="list-style-type: none"> AmaZiko eMfundo 	-	0	0	0	0	0	-
	<ul style="list-style-type: none"> AmaZiko ezeMpilo 	-	0	0	0	0	0	-
	<ul style="list-style-type: none"> Izibonelelo zophuhliso ngokuBanzi 	1	0	0	0	0	0	-

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko kwesicwangciso 2018/2019	Izimvo kunxaxho
2.2.1.6	Lilonke inani lemisebenzi edalwe ngeeprojekthi zolwakhiwo.	ayingeni	ayingeni	2 040	5 500	1 820	(3 680)	Qaphela: Izizathu zonxaxho oludityanisiweyo lwesalathisi zinikezelwe apha ngezantsi.
	• AmaZiko ezeMfundo	ayingeni	ayingeni	1 614	3 200	1 343	(1 857)	Ulibaziseko ekuqhutyweni kweeprojekthi zokunika amaxabiso omsebenzi okukhokelele ekuncipheni kwenani leeprojekthi kwisiza ekuqeshweni kwabasebenzi.
	• AmaZiko ezeMpilo	ayingeni	ayingeni	198	800	143	(657)	Ukuqhubeka kokusebenza kakubi kweprojekthi yeLebhu yoPhononongo lwezifo yaseObservatory. Kukho iiprojekthi ezisi-8 ebekufanele ukuba zikwisiza kwikota yesi-3 zaze zalibaziseka ekubeni zinikezelwe okanye ziphumeze ibhaso lesiniki maxabiso lomsebenzi.
	• Izibonelelo zophuhliso ngokuBanzi	ayingeni	ayingeni	228	1 500	334	(1 166)	Uhlobo olukhethekileyo lomsebenzi.

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko kwesicwangciso 2018/2019	Izimvo kunxaxho
Inkqyana 2.4: Ulondolozo								
2.2.1.7	Inani leeprojekthi ezinikezelweyo zolondolozo ezicwangcisiweyo *	239	239	233	239	126	(113)	Qaphela: Izizathu zonxaxho oludityanisiweyo lwesalathisi zinikezelwe apha ngezantsi.
	<ul style="list-style-type: none"> AmaZiko ezeMfundo 	78	41	53	40	21	(19)	Izizathu zonxaxho lubandakanya: <ul style="list-style-type: none"> liprojekthi ezihanjise kwangexesha kwikota yesine yonyaka-mali odlulileyo. liprojekthi ezirhoxiswe emva kokungeniswa kokujoliswe kuko lisebe labaxhasi ngenxa yokunqongophala kohlahlo-lwabiwo mali. Imiceli mngeni kwezomthetho.

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko kwesicwangciso 2018/2019	Izimvo kunxaxho
	<ul style="list-style-type: none"> AmaZiko ezeMpilo 	61	47	23	39	29	(10)	Ezona zizathu ziphambili zeeprojekthi ezingadluleli kwisinyi maxabiso kukungafikeleli kwisiza solwakhiwo ngenxa yokucandwa komhlaba, ukulibaziseka kophunyezo lwenkxaso-mali neengxelo zaseqongeni, uhlaziyo olungezelekileyo olwenziwa lisebe lomxhasi, kunye nomgangatho ophantsi wamaxwebhu angeniswe ziiPSP.

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko kwesicwangciso 2018/2019	Izimvo kunxaxho
	<ul style="list-style-type: none"> Izibonelelo zophuhliso ngokuBanzi 	100	151	157	160	76	(84)	Umda weeprojekthi unyukile kuzo zonke iiprojekthi zolondolozo ezicwangcisiweyo ukubandakanya ukufikeleleka kwendalo iphela, amanyathelo okonga umbane, ukuqhubeka kweshishini malunga nokukha amanzi, kunye nokuthobela iimfuno zomthetho ngelixa kuhlangatyezwana neemfuno zokusebenza kwamasebe angabasebenzisi. Oku kunefuthe elibi kwimihla ecwangcisiweyo njengoko ichaphazela uhlahlo-lwabiwo mali nokutolikwa kweemfuno zomsebenzisi ngamnye.
2.2.1.8	Inani leeprojekthi zolondolozo olucwangcisiweyo ezigqitywe kwisithuba sekontrakthi ekuvunyelwene ngayo *	165	182	149	128	174	46	Qaphela: Izizathu zonxaxho oludityanisiweyo lwesalathisi zinikezelwe apha ngezantsi.

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko kwesicwangciso 2018/2019	Izimvo kunxaxho
	<ul style="list-style-type: none"> AmaZiko ezeMfundo 	59	42	40	40	24	(16)	<p>Ukusebenza kakubi kukanokontraKtha. Ukurhoxiswa kweprojekthi ezicwangcise lisebe labaxhasi. Umsebenzi owongezelweyo ocelwe lisebe labaxhasi.</p>
	<ul style="list-style-type: none"> AmaZiko ezeMpilo 	35	34	27	8	33	25	<p>Kugqithisiwe koko bekujoliswe kuko ngenxa yokwahlulwa kweprojekthi zokubiyela ngokobuqu boonokontraKtha kwizivumelwano ezizodwa kunye nokugqitywa ngokubonakalayo kufezekisiwe kwisiza ngasinye hayi ngesivumelwano.</p>

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko kwesicwangciso 2018/2019	Izimvo kunxaxho
	<ul style="list-style-type: none"> Izibonelelo zophuhliso ngokuBanzi 	71	106	82	80	117	37	Ukuqhuba iiprojekthi zonyaka ophelileyo zigqityiwe kunyaka ophantsi kohlaziyo. Ukuqhubekela kweprojekthi kususiphumo sotshintsho lomhlaba kunye nokongezwa ngelixa iiprojekthi bezisakhiwa.
2.2.1.9	Inani leprojekthi zolondolozo ezicwangcisiweyo ezigqitywe kuhlahlo-lwabiwo mali ekuvunyelwene ngalo *	206	204	161	128	184	56	Qaphela: Izizathu zonxaxho oludityanisiweyo lwesalathisi zinikezelwe apha ngezantsi.
	<ul style="list-style-type: none"> Amaziko ezeMfundo 	60	50	40	40	29	(11)	<ul style="list-style-type: none"> Ukurhoxiswa kweprojekthi ezicwangcisiwe lisebe labaxhasi. Umsebenzi owongezelelweyo ocelwe lisebe labaxhasi.

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko kwesicwangciso 2018/2019	Izimvo kunxaxho
	<ul style="list-style-type: none"> AmaZiko ezeMpilo 	48	44	34	8	35	27	Kugqithisiwe koko bekujoliswe kuko ngenxa yokwahlulwa kweeprojekthi zokubiyela ngokubuqu boonokontraktha kwizivumelwano ezizodwa kunye nokugqitywa ngokubonakalayo kufezekisiwe kwisiza ngasinye hayi ngesivumelwano.
	<ul style="list-style-type: none"> Izibonelelo zophuhliso ngokuBanzi 	98	110	87	80	120	40	Ukuqhuba iiprojekthi zonyaka ophelileyo zigqityiwe kunyaka ophantsi kohlaziyo. Ukuqhubeka kweeprojekthi kususiphumo sotshintsho lomhlaba kunye nokongezwa ngelixa iiprojekthi bezisakhiwa.
2.4.1.1	Lilonke inani lemisebenzi edalwe ngeeprojekthi zolondolozo *	ayingeni	ayingeni	2 475	4 800	1 673	(3 127)	Qaphela: Izizathu zonxaxho oludityanisiweyo lwesalathisi zinikezelwe apha ngezantsi.

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko kwesicwangciso 2018/2019	Izimvo kunxaxho
	<ul style="list-style-type: none"> • AmaZiko ezeMfundo 	ayingeni	ayingeni	1 096	3 000	611	(2 389)	<ul style="list-style-type: none"> • Unxaxho kwawona manani okwenyani eeprojekthi kwimisebenzi lwenzeka ngenxa yokulibaziseka kwenkqubela phambili yeprojekthi, okt ukuhla kwamathuba okunikwa kwengxelo yangaphambi. • Amanqanaba okugqitywa aphunyezwe kwikota yesine afuna abasebenzi abancinci. • Ulibaziseko kwiiprojekthi ezinikezelwayo lukhokelele ekuncipheni kwenani leeprojekthi ezikwisiza ukuze kuqeshwe abasebenzi.

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko kwesicwangciso 2018/2019	Izimvo kunxaxho
	<ul style="list-style-type: none"> AmaZiko ezeMpilo 	ayingeni	ayingeni	361	800	193	(607)	<ul style="list-style-type: none"> Ulibaziseko kwiiprojekthi ezinikezelwayo lukhokelele ekuncipheni kwenani leeprojekthi ezikwisiza ukuze kuqeshwe abasebenzi. Ngenxa yexesha lokuvelisa izixhobo ezikhethekileyo – abasebenzi baza kuqeshwa kuphela phaya ekupheleni kweekota zakuba izixhobo zikhona kwisiza.
	<ul style="list-style-type: none"> Izibonelelo zophuhliso ngokuBanzi 	ayingeni	ayingeni	1 018	1 000	869	(131)	Indlela ehlaziyiweyo yokubala isetyenzisiwe.

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko kwesicwangciso 2018/2019	Izimvo kunxaxho
linkqutyana 2.5:Ulawulo lwee-Asethi ezingaShenxiswayo								
Izalathisi zikaZwelonke								
2.1.1.4	Inani lee-asethi ezingashenxiswayo zingqinisiwe kwiRejista yee-Asethi ezingaShenxiswayo (i-IAR) ngokuhambelana neemfuno zegunya leNT	5 352	5 406	5 551	5 493	5 574	81	Ukhlaziywa okutsha okungama-81 okungqinisiweyo okubandakanya ukuthengwa kwe-11, lamangeno amatsha angama-21 kunye nohlaziyo olungama-49.
Izalathisi sePhondo								
2.1.1.5	Inani lophendlo Inani lohlolo lokusetyenziswa oluqhutywe kwi-ofisi yendawo yokuhlala	150	150	150	150	150	0	-
2.2.2.1	Inani leepropati ezifunyenweyo zohanjiso lwenkonzo kaWCG*	19	16	10	31	15	(16)	Qaphela: Izizathu zonxaxho oludityanisiweyo lwesalathisi zinikezelwe apha ngezantsi.

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko kwesicwangciso 2018/2019	Izimvo kunxaxho
	<ul style="list-style-type: none"> AmaZiko ezeMfundo 	6	6	3	16	8	(8)	<ul style="list-style-type: none"> lipropati ezingama-31 zikumagqawetha otshintshiselo apho utshintshiselo kwigama leWCG lumisiweyo ngenxa yobude benkqubo phambi kotshintshelo (njengolwahlulwa-hlulo njl. njl.) kwaye ngenxa yoko ugqithiselo aluzange lwenziwe Iziza ezili-15 (iiprojekthi ezili-11) zitshintshelwe zaza incwadi zezigqibo ezisi-8 zentengiso zagqitywa ngamaZiko eMfundo kodwa ukutshintshelwa egameni leWCG kusamisiwe.
	<ul style="list-style-type: none"> AmaZiko ezeMpilo 	13	10	7	14	3	(11)	

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko kwesicwangciso 2018/2019	Izimvo kunxaxho
	<ul style="list-style-type: none"> Izibonelelo zophuhliso ngokuBanzi 	0	0	0	1	4	3	lipropati ezimbini enye yayo iquka isiza esinye ngelixa esinye siquka iziza ezithathu zifunyenwe ezithi zibenegalelo kwezinye izizalisekiso ezingaphaya kweZibonelelo zophuhliso ngokuBanzi.
2.3.1.1	Inani leprojekthi apho umsebenzi ofezekileyo ugqityiweyo	0	1	0	1	0	(1)	Ulibaziseko oluye lwabakho ngexa kumiselwa ukhetho lophuhliso olunokwenzeka ukulandela iFounders' Garden/Artscape Precincts. Ungeniso luza kusiwa kwiKhabinethi kunyaka-mali wama-2019/20.
2.3.1.2	Inani lobuhlakani beepropati obenziweyo	0	1	0	1	1	0	-

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko kwesicwangciso 2018/2019	Izimvo kunxaxho
2.1.1.6	Ipesenti yokuhla kosetyenziso lombane (umnatha wamandla elanga avelisiweyo) ngemitha yesikwere kwi-ofisi yelifa	0	10	6	9.5	8.15	(1.35)	Uninzi lwezakhiwo ezingabanini besithili soshishino kumbindi wedolophu yaseKapa (iCBD) lubonakalise ukuphucuka kokusebenza, neSitalato soku-1 neses-3 esiyiDorp neSitalato sesi-4 esiyiLeeuwen (iindawo ezibiyelweyo) neGaraji kaRhulumente (kwiSitalato iRoeland neHope). KwiCBD izakhiwo eziqeshiweyo, ngokomndilili, azisebenzi kakuhle kunezakhiwo eziphantsi kweWCG.
Inkqutyana 2.6: Imisebenzi yeZiko								
2.1.1.7	Inani leemvavanyo zemeko ziqhutyelwe kwizakhiwo eziphantsi kombuso*	1 156	1 367	1 134	1 390	380	(1 010)	Qaphela: Izizathu zonxaxho oludityanisiweyo lwesalathisi zinikezelwe apha ngezantsi.

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko kwesicwangciso 2018/2019	Izimvo kunxaxho
	<ul style="list-style-type: none"> • AmaZiko ezeMfundo 	43	502	700	360	0	(360)	limvavanyo zemeko zenziwe phantsi kwexesha elikhawulezayo leminyaka emibini kunexesha leminyaka emihlanu.
	<ul style="list-style-type: none"> • AmaZiko ezeMpilo 	64	134	300	130	152	22	Amandla ongezelelweyo avumelekile ukugqitywa kovavanyo lwemeko olungaphezulu (iiFCA) kunokuba bekucwangcisiwe.

Inombolo	IiNjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Isicwangciso sokujoliswe kuko 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kweyona mfezeko yokujoliswe kuko 2018/2019	Izimvo kunxaxho	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko kwesicwangciso 2018/2019	Izimvo kunxaxho
	<ul style="list-style-type: none"> Izibonelelo zophuhliso ngokuBanzi 	1 049	731	134	900	228	(672)	<p>Indlela entsha eyamkelweyo yokuqhuba iimvavanyo zemeko ukujonga iziko ngokupheleleyo ukuqinisekisa ukusetyenziswa ngokupheleleyo kunye nongenelelo lolondolozo olufanelekileyo. Ngenxa yendlela entsha, umda wovavanyo lwemeko unyukile ukubandakanya ufikelelo jikelele, amaphulo okonga umbane, ukuqhubeka kweshishini ngokubhekisele ekukhiweni kwamanzi, kunye nokuthobela iimfuno zomthetho. Oku kube nefuthe elibi kwinani elipheleleyo lovavanyo lweemeko.</p>

Qaphela: *Kuthetha ukuba esi salathisi songezelelwe (ezemfundo, ezempilo nokubanzi); ayingeni – Ayingeni kuba esi sisalathisi esitsha

Izicwangciso zokoyisa kwiindawo apho kungasetyenzwanga kakuhle khona

Inani lezicwangciso ziyaphunyezwa ukuphucula indlela yokusebenza:

- Ukucwangcisa oluphucukileyo kuya kuqinisekisa ukuba okujoliswe kuko kwixesha elizayo kuyazalisekiswa njengoko bekucetyiwe.
- Ukusebenza kwama-20 (isalathisi 2.2.2) kumele ingqeshiso kuphela kwaye akukubandakanyi ukufunyanwa (ukuthengwa kweendawo zokuhlala ezi-ofisini). Ukuphunyezwa kwezivumelwano zokuqeshisa esele kufunyenwe kuya kukhawuleziswa ngenjongo yokuqokumbela izivumelwano zokuqeshisa.
- Izikhokelo ezicacileyo kufuneka zinikezelwe yiKhabhinethi kwangaphambili.
- Uthethathethwano lubanjiwe ne-EPWP ukuphucula ulwazi olufunyanwa koonokotraktha nokuncedisa ekubhaleni phantsi iinkcukatha ezisuka koonokotraktha.
- Kukho isidingo sokuphononongwa kwakhona kwendlela yokwakha, kunye nokugxininisa kwakhona isidingo sokudala imisebenzi kwisivumelwano.
- Uphando olungcono luyafuneka kwizakhiwo kumanqanaba okuqala ocwangciso.
- Amanyathelo kufuneka athatyathwe ukuqinisekisa ukuba utshintsho olwenziwayo lwesebe labaxhasi lugcinwa lusezantsi.
- Zisibhozo nesithandathu izivumelwano zentengiso ezigqityiweyo zamaZiko ezeMfundo kunye naMaziko ezeMpilo ngokwahlukeneyo, kodwa iipropathi azikadluliselwa. Amagunya egqwetha aya kubonelelwa ngolwakhiwo ukuze lughubeke apho kukho imfuneko.
- Ukulungiswa kweNgxelo yokuSebenza kwePropathi (iPER) sele iqhubeka kwaye kulindeleke ukuba igqitywe ukuphela kweyDwarha wama-2019.
- Utshintsho lwenziwe kwindlela ezenziwa ngayo iiFCA. Isibonelelo ngoku sivavanywa ngokupheleleyo ukuqinisekisa ukusetyenziswa ngokugqibeleleyo kunye nolona ngenelelo lolondolozo lusebenzayo.
- Imicimbi yepropathi kufuneka isonjululwe ngaphambi kokukhutshwa kwesiniki maxabiso kunye nokungeniswa okuyilwayo yiPSP kufuneka kuqinisekise kwangethuba.
- Umgao-nkqubo wokuthatha inxaxheba koluntu kufuneka kuphuculwe.
- Iprojekthi ephuculiweyo nolawulo lwesivumelwano luyafuneka.
- Uhlalutyo lomngcipheko oluphuculiweyo luyafuneka ngexesha lovavanyo lwesiniki maxabiso nakwangaphambili kokunikezelwa kwesiniki maxabiso.
- Ukucwangciswa kweqhinga lonyaka eliphuculiweyo nentsebenziswano nesebe labaxhasi kuyafuneka.
- Ukuphuculwa kwenkqubo yokusebenza kulindelwe ngenxa yenkqubo yokugaya abantu.
- Icandelo le-EPWP loYilo loKwakha nokuXhobisa liqhuba iinkqubo zophuhliso zoonokotraktha abancinci. Kwinkqutyana yeBanga R, iSebe kwixa elizayo liza kutyumba oonokotraktha besakhelo ukuqinisekisa ngenkqubela engcono xa oonokotraktha besilel.
- Ukuchaneka kufuneka kuphuculwe xa kuqikelelwa imisebenzi yokujoliswe kuko okucwangcisiweyo.

- Uthethathethwano kufuneka lubanjwe kunye ne-EPWP ukuphucula indlela yokufumana ulwazi koonokotraktha kuze kuncediswe ekubhaleni phantsi iinkcukacha ezifunyenweyo
- I-EPWP kufuneka ivele namanyathelo okulungisa ukuqinisekisa ukuba zonke iinkcukacha zifakwa kwangexesha
- Imisebenzi iza kucwangciselwa ukuqinisekisa ngophazamiseko oluncinci (ngakumbi ngamaxesha okubhalwa kweemviwo).
- Ulwabiwo loonokotraktha luzakuphuculwa ngeSCM.
- ICandelo loLawulo: Izibonelelo zoPhuhliso ngokuBanzi liseke iintlanganiso ezahlukeneyo nesebe ngalinye elingumsebenzisi ukubonelela ngoncedo kubaxhasi ekutolikeneni nasekubonakaliseni iimfuno zabaxhasi kwizicwangciso zabo zolawulo lwee-asethi ezingashenxiswayo (ii-U-AMP) ukuze kuqinisekiswa ukuba izishwankathelo zeprojekthi ezicacileyo nezichanekileyo zibonelelwa ngeemfuno zolondolozo xa kungeniswa ii-U-AMP. Amanyathelo ongezelelweyo athathelwa ingqalelo xa kusenziwa iiFCA ukubandakanya iimfuno zamasebe athile zabasebenzisi.
- Intsebenziswano ephuculiweyo iyafuneka ngexesha lamabakala acwangcisiweyo zinamasebe abaxhasi ukunqanda uhlehlengiso kuhlahlo-lwabiwo mali olusemva kunye nokucinywa kweeprojekthi
- Ugxininiso olumandla lubekwe kwiinkokheli zeprojekthi ezinika ingxelo kumathuba emisebenzi, kodwa ekujoliswe kuko kwabekwa ngokusekelwe kumsebenzi wonyaka-mali odlulileyo.

Utshintsho lokujoliswe kuko olucwangcisiweyo

Akukhange lubekho utshintsho kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo.

Inkcitho yenqutyana

Itheyibhile yama- 22: Inkqubo yesi-2: Izibonelelo zophuhliso zeMisebenzi yoLuntu: Inkqutyana

INkqutyana		2018/19			2017/18		
		Ulwabiwo lokuGqibela R'000	Eyona Nkcitho R'000	Inkcitho(Ngaphezu) / Ngaphantsi R'000	Ulwabiwo lokuGqibela R'000	Eyona Nkcitho R'000	Inkcitho(Ngaphezu) / Ngaphantsi R'000
2.1	INkxaso yeNkqubo	331 745	324 081	7 664	310 285	303 466	6 819
2.2	Ukucwangcisa	11 345	11 066	279	48 316	48 316	-
2.3	Ulwakhiwo	299 709	299 360	349	295 495	289 812	5 683
2.4	Ulonolozo	172 985	172 985	-	186 886	186 886	-
2.5	i-IAM	983 424	982 609	815	899 394	887 618	11 776

INkqutyana		2018/19			2017/18		
		Ulwabiwo lokuGqibela R'000	Eyona Nkcitho R'000	Inkcitho(Ngaphezu) / Ngaphantsi R'000	Ulwabiwo lokuGqibela R'000	Eyona Nkcitho R'000	Inkcitho(Ngaphezu) / Ngaphantsi R'000
2.6	Imisebenzi yeZiko	120 718	120 718	-	126 460	126 460	-
Iyonke		1 919 926	1 910 819	9 107	1 866 836	1 842 558	24 278

4.3 Inkqubo yesi-3: Izibonelelo zophuhliso kwezoThutho

Injongo

Injongo yale Nkqubo kukuhambisa nokugcina izibonelelo zophuhliso kwezoThutho oluzinzileyo, olumanyanisiweyo, nolunemvakalelo kokusingqongileyo exhasa neququzelela ukuxhotyiswa kwezentlalo nokukhula kwezoqoqosho nolukhuthaza ufikelelo nentshukumo ekhuselekileyo nokubanako kwabantu, impahla neenkondo.

Iinkqutyana

- Izibonelelo zophuhliso zeNkxaso yeNkqubo.
- Ukucwangciso lwezibonelelo zophuhliso.
- Uyilo lwezibonelelo zophuhliso.
- Ulwakiwo.
- Ulondolozo.

Iinjongo zesiCwangciso

- | | |
|-----|--|
| 3.1 | Kukunika amandla uthungelwano lwezibonelelo zophuhliso lwezoThutho olusekwe ezindleleni ngokugcina nokwakha. |
| 3.2 | Kukuxhasa ukukhula koqoqosho nokuxhobisa ngotyalo lwezibonelelo zophuhliso lwezoThutho olusekwe ezindleleni. |

linjongo zezicwangciso, izalathi zokusebenza, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo nezona zizalisekiso

Le nkqubo inegalelo kwiNjongo yesi-3 eJolise kwiSiphumo esiCwangcisiweyo seSebe 3: Ukuhambisa iinkqubo ezikhuselekileyo, ezifanelekileyo nezidibeneyo zothutho eNtshona Kapa.


IsiCwangciso soLawulo lwee-Asethi zeNdlela (iRAMP) sama-2019/20 ukuya kowama-2028/29 esibandakanya iinkcukacha zokugcinwa kwendlela yabahambi ngeenyawo kwimo yeendlela zephondo kunye nefuthe lotyalo-mali olucwangcisiweyo nolukhoyo ezindleleni kwimeko yexesha elizayo yothungelwano yaqakunjelwa yaza yapapashwa ngexesha lonyaka ophantsi kohlaziyo.

Ngokusekelwe kwimvavanyo zama-2018, lothungelwano lwendlela yengca olupheleleyo lwesi-6 681 km, isi-6 045 km lukwimeko entle ukuya kwimeko entle kakhulu. Umyinge wama-92.4 eepesenti wazo zonke iikhilomitha zeenqwelo-mafutha ohanjiweyo kwiindlela ezifakwe kumgangatho ohanjiweyo zihamba kwiindlela ezifanelekileyo ukuya kwimeko entle kakhulu. Ngokubanzi, imeko ebonakalayo yothungelwano lwendlela yengca yehle kancinci phakathi kowama-2017 nowama-2018.


Kuthungelwano lwendlela yohlalutye olulawulwayo, isi-6 551 seekhilomitha kwi-10 315 leekhilomitha sikwimeko entle ukuya kwentle kakhulu. Iipesenti ezi-5 kuphela zeekhilomitha zezithuthi ezihanjiweyo eNtshona Kapa zihanjwa kuthungelwano lwendlela zohlalutye. Ukulondolozwa kweendlela zohlalutye kuhlala kungumngeni ngenxa yokunqongophala kwemithombo yemali, ayonelanga ukugcina lonke uthungelwano lukumgangatho owamkelekileyo, kwanobunzima obuqhubekayo bokufumana imingxunya evunyiweyo yohlalutye. Inkxaso-mali ekhoyo ibekwa phambili ukuya apho uninzi lweekhilomitha zezithuthi zihanjwayo.

Imeko ebonakalayo yothungelwano lwendlela zephondo ezivavanyiweyo kwisithuba seminyaka eli-10, eyahluliweyo phakathi kweendlela ezithe tyaba kunye nezohlalutye, ibonisiwe kwiigrafu ezingezantsi.

Ittheyibhile yama-23: limeko zeendlela ezithe tyaba eNtshona Kapa



Itheyibhile yama-24: Imeko yeendlela zohlalutye kwiNtshona Kapa



Imvelaphi: Isalathisi seMeko eBonakalayo/iNkqubo yoLawulo lweNdlela yoHlalutye sama-2018

Inkcazalo yeqondo lemeko iyonke yendlela	
Kakuhle kakhulu	Zimbalwa kakhulu okanye akukho ziphene. Umgangatho weziphene ngaphantsi kwesilumkiso.
Kakuhle	Iziphene zimbalwa. Iqondo leziphene kulwaxhiwo ubukhulu becala lingaphantsi kwesilumkiso.
Kufanelekile	Iziphene ezimbalwa ezineqondo leziphene kunqabileyo ukuba zibenobunzima kakhulu. Ubungakanani bunendawo kuphela ukuba iqondo linobunsima obukhulu.
Kakubi	Ukwenzeka ngokubanzi kweziphene kulwaxhiwo ngokukodwa ngokwesilumkiso samaqondo ukuya kwanzima kakhulu.
Kakubi kakhulu	Iziphene ezininzi. Iqondo lesininzi seziphene kulwaxhiwo oluqhelekileyo nobubanzi bongamele jikelele kubukhulu becala.

Iiprojekthi zokukhuthaza ukukhula koqoqosho ziya kuqhubeka ngokwamanqanaba awohlukeneyo okuphunyezwa. Ulwaxhiwo lweendlela kunye neeprojekthi zotyalo mali zolondolozo ziya kuchongwa ziinkqubo eziphuculiweyo zokulawulwa kwee-asethi. Ukuphuhlisa koMfuziselo wezoThutho weNtshona Kapa oza kusetyenziswa yiDTPW njengesixhobo sokucwangcisa utyalo mali olusekwe ezindleleni nako kuza kuqhubeka kwisiqingatha sonyaka. Uphuhliso lwezakhono zangaphakathi ezindlini zokuqhuba umfuziselo nokubandakanya amagalelo avela kumaqonga ocwangciso olubanzi lweWCG nako kuya kuqhubeka kwisiqingatha sonyaka.

Uqulunqo loMthetho ozaYilwayo woLungiso lweZiseko zophuhliso lwezoThutho lweNtshona Kapa luye lwaqwalaselwa ngokutsha kwezomthetho lwaze lwaqulunqwa kwakhona ukuze kuthathelwe ingqalelo uluvo olwamkelweyo.

Ezi projekthi ziphambili zigqityiweyo neziqhubekayo zibe negalelo kwiSebe ekufezekiseni iinjongo ekujoliswe kuzo zokuhanjiswa kweenkonzo:

C415.2	Ulwandiso lweMR559 ukusuka kwiPort Services Corridor ukuya kwiMR238 kufutshane neSaldanha.
C818	Ukubuyiselwa kwimeko yesiqhelo kweTR31/2-e-Ashton/Montagu
C820	Ukulungiswa kwakhona kweMR287 ukusuka kwi-14.0 yeekhilomitha ukuya kuma-32 eekhilomitha –e-Robertson/Bonnievale
C821:	Ukulungiswa kwakhona kweTR23/3 – e-Porterville/Piketberg

C918	Ukulungiswa kwakhona kweTR33/3 – e-Oudtshoorn/De Rust
C921:	Ukulungiswa kwakhona kweDR1050 – e-Annandale Road
C1046	Ulwandiso lwendlela yesi-3 kwintshona yeN1 nasekuHlanganeni kweNdlela iDurban ukuya kuNR0101
C751.2	Ukuvuselelwa lweTR23/3 – iGouda – iBlorho yaseKleinbergrivier nge-0.12 yekhilomitha ukuya kwi-12.5 leekhilomitha
C975.1	Ukwandiswa kweTR85/1 ukusuka kuTR77/1 ukuya kuTR21/2 (iGreenfields Link)
C822	Ukuvuselelwa kweMR344 neDR1578 eGlentana
C823.1	Ukuvuselelwa kweMR352 neMR355 nokutywinwa kwakhona kweMR355 - eWilderness ukuya kwiHoogekraal
C1009.1	Ukuvuselelwa kweDR01111 phakathi Kalbaskraal neMalmesbury
C984	Ukutywinwa kweMR191 neMR279 eVilliersdorp naseGrabouw
C989	Ukulungiswa kwakhona kunye nokuphuculwa kwejiyometri kwiMR00332 phakathi kweN2 neStill Bay

liprojekthi eziphambili ezintsha eziqale ngesithuba sowama-2018/19 ziquka:

C1000.1	Ukuvuselelwa kwakhona kweTR28/2 phakathi kweHermanus neStanford
C1008.1	Ukuvuselelwa kwakhona kweDR01688 ukusuka eCalitzdorp ukuya kuSpa nokuPhuculwa kweDR01699
C1036	Ukuvuselelwa kwakhona kweMR240 phakathi kweVredenburg nePaternoster
C1097	Ulonolozo lwamaxesha ngamaxesha kwi-MR535-Laaipek ukuya e-Elandsbaai
C993.2	Ukutywinwa kwakhona kweTR75/01 phakathi kweHolgaten ne-Oudtshoorn
C1090.1	Ukulondolozwa kwamaxesha ngamaxesha kweTR11/1 (N7) phakathi kweBosmansdam nasePotsdam Interchange
C1090	Ulonolozo lwamaxesha ngamaxesha kwiTR11/1 (N7) phakathi kwePotsdam Interchange neMelkbos Interchange
C914.2	Ukuvuselelwa kweMR168 (iBaden Powell) phakathi kweNdlela yeN2 neVlaeberg

linjongo zesticwangciso, izalathisi zokusebenza, okujoliswe kuko okucwangcisiweyo nezona zifezekiso zeNkqubo ziboniswe kwiitheyibhile ezingezantsi:

liNjongo zeziCwangciso

Itheyibhile yama-25: Inkqubo yesi-3: Izibonelelo zophuhliso zezoThutho: liNjongo zeziCwangciso

Inombolo	Iinjongo /Izalathisi zeziCwangciso	Ezona zifezekiso 2017/2018	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/2019	Ezona zifezekiso 2018/2019	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwezona zifezekiso 2018/2019	Izimvo kunxaxho
Inkqutyana 3.5: Ulondolozo						
3.1	Ukwenza uthungelwano lwezibonelelo zophuhliso lwezothutho olusekelwe kwiindlela olusebenza ngolondolozo nolwakiwo.					
3.1.1	Ipesenti yeekhilomitha ezihanjweyo zeenqwelo kwiindlela ezithe tyaba ezikwimeko efanelekileyo ukuya kweyona intle kakhulu.	95 (17 089 908/ 18 306 322)	90	92.4 (17 488 569/ 18 929 429)	2.4	Umsebenzi osemgangathweni.
Inkqutyana 3.4: Ulwakiwo ne-3.5: uLondolozo						
3.2	Ukuxhasa nokuxhobisa ukukhula kooqoqosho ngokusebenzisa utyalo mali lwezibonelelo zophuhliso lwezothutho olusekelwe kwiindlela.					
3.2.1	Inani lamathuba emisebenzi adaliweyo.	4 257	7 500	6 638	(862)	Iimfuno zabasebenzi/ubungakanani kwiprojekthi kubengaphantsi kunokuba bekulindelwe ngaphambili. Ipesenti enkulu yokutywina kwakhona izivumelwano kwenziwa apho ubungakanani babasebenzi bungaphantsi kunezinye iintlobo zekhontrakthi.

Izalathisi zoMsebenzi

Itheyibhile yama-31: Inkqubo yesi-3: Izibonelelo zophuhliso lwezoThutho: Izalathisi zoMsebenzi

Inombolo	Isalathisi somsebenzi	Ezona zifezekiso 2015/2016	Ezona zifezekiso 2016/2017	Ezona zifezekiso 2017/2018	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/2019	Ezona zifezekiso 2018/2019	Unxaxho olusuka kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ngowam-2018/2019	Izimvo kunxaxho
Inkqutwana 3.2: Ukucwangciswa kwezibonelelo zophuhliso								
3.1.1.1	Inani leekhilomitha zeendlela ezithe tyaba ezivavanywe ngokubonakalayo njengencwadi yokufundisa yeTMH* efanelekileyo	6 522	6 616	6 651	6 520	6 681	161	Umsebenzi osemgangathweni – Ekujoliswe kuko kwamiselwa kwiinkcukacha ezifumanekayo zonyaka ongaphambili kodwa iinkcukacha zangoku zibekwa iliso elibukhali ukuphucula uqikelelo lonyaka ozayo.
3.1.1.2	Inani leekhilomitha zeendlela zohlalutye ezivavanywe ngokubonakalayo njengencwadi yokufundisa yeTMH* efanelekileyo	10 419	10 366	10 339	10 360	10 315	(45)	Umsebenzi ongekho mgangathweni – Akukho lulawulo kwizicelo zobunini mhlaba woluntu nowabucala wokuvalwa kweendlela. Oku kulandela inkqubo yokubhengezwa kwaye kungumsebenzi wezimvo zoluntu kunye nokwamkelwa engingqini.
3.2.1.1	Inani lemisebenzi edaliweyo	n/a	n/a	4 257	7 500	5 119	(2 381)	limfuno zabasebenzi/ubungakanani kwiiprojekthi kubengaphantsi kunokuba bekulindelwe ngaphambili. Ipesenti enkulu yokutywina
3.2.1.2	Inani lokulingana nexesha ngokupheleleyo (iiFTEs) elidaliweyo	n/a	n/a	2 133	3 500	2 268	(1 232)	

Inombolo	Isalathisi somsebenzi	Ezona zifezekiso 2015/2016	Ezona zifezekiso 2016/2017	Ezona zifezekiso 2017/2018	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/2019	Ezona zifezekiso 2018/2019	Unxaxho olusuka kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ngowama-2018/2019	Izimvo kunxaxho
3.2.1.3	Inani lolutsha olufumene ingqesho (ukusuka kwi-18 ukuya kuma-35)	ayingeni	ayingeni	2 526	4 500	3 170	(1 330)	kwakhona izivumelwano kwenziwa apho ubungakanani babasebenzi bungaphantsi kunezinye iintlobo zekhonthrakthi.
3.2.1.4	Inani labasetyhini elifumene ingqesho	ayingeni	ayingeni	1 206	2 000	1 512	(488)	
3.2.1.5	Inani labantu abaphila nokhubazeko	ayingeni	ayingeni	23	20	4	(16)	
Inkqityana 3.4: Ulwakhiwo								
3.1.1.3	Inani leekhilomitha zeendlela zohlalutye eziphuculelwe kwiindlela ezithe tyaba	59	58	22	5	20	15	Oomasipala besithili basebenze kuphuculo lwendlela yohlalutye endaweni yokubuyiselwa kohlalutye kwakhona.
3.1.1.4	Inani lezikwere zeemitha zeendlela ezithe tyaba ezilungisiweyo	344 308	559 848	915 772	610 950	560 019	(50 931)	Ubukhulu bekhonthrakthi yezikwere zeemitha ezingama-90 000 zaseKalbaskraal yayisele igqityiwe ngowama-2017/18.
3.1.1.5	Inani lezikwere zeemitha zeendlela ezithe tyaba ezitywiniweyo	1 943 853	5 868 111	2 430 380	1 982 574	2 150 874	168 300	Umsebenzi osemgangathweni.

Inombolo	Isalathisi somsebenzi	Ezona zifezekiso 2015/2016	Ezona zifezekiso 2016/2017	Ezona zifezekiso 2017/2018	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/2019	Ezona zifezekiso 2018/2019	Unxaxho olusuka kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ngowam-2018/2019	Izimvo kunxaxho
3.1.1.6	Inani leekhilomitha zeendlela zohlalutye ezithe zafakwa uhlalutye kwakhona	239	133	180	231	173	(58)	Ngenxa yokunqongophala ngokubanzi kwezixhobo ezifumanekayo zokufaka uhlalutye, oomasipala besithili benze uphuculo lwendlela yohlalutye endaweni yokufaka uhlalutye kwakhona.
Inkqyana 3.5: Ulondolozo								
3.1.1.7	Inani lezikwere zeemitha zokungciba itela	111 860	157 216	92 582	120 000	38 817	(81 183)	Ukungcitywa kwetela yindlela yolondolozo ephendulayo kwaye kwenzeka xa kuvele isidingo. Obona busika bomileyo bonyaka ophelileyo bulibazise iqondo lokubumba izigingqi kwaye isidingo sokungciba itela siye sehla ngokubaxekileyo. Uqikelelo lokujoliswe kuko ekungcibeni itela kwakusekelwe kwixabiso eliphezulu ngokwembali.
3.1.1.8	Inani leekhilomitha zeendlela zohlalutye ezigqityiweyo	49 549	48 323	45 997	46 000	45 494	(506)	Umsebenzi ongekho mgangathweni

Qaphela: ayingeni- Ayingeni kuba esi isisalathisi esitsha

*I-TMH = IziNdlela zoBuchwephesha zooHala beNdlela.

Izicwangciso zokoyisa apho kungasetyenzwanga kakuhle khona

Inani lezicwangciso eziphunyezwayo ukuphucula indlela yokusebenza:

- Ubeko sweni ngenyanga loomatshini, imithombo nezixhobo ezikwisiza: I-DTPW iza kuthethana noonokotraktha abaqhubekayo namanyathelo oncitshiso lomngcipheko ayathatyathwa ukuqinisekisa ukuba iiprojekthi ziyabandakanywa.
- I-DTPW iza kutshintsha iimeko zohlobo lwekontraktha ukwenza ngcono isifumelwano sekontrakthi nemingcipheko enje ngokunqaba kwamanzi kwixa elizayo nokuqinisekisa ngamanzi angalungelwanga ukuselwa asetyenziswa kulwakhiwo.
- I-DTPW iza kulungisa amaxwebhu esivumelwano ukuphucula izibophelelo zezivumelwano ukukwazi ukusetyenziswa koonokotraktha abancinci basekuhlaleni nababoneleli benkonzo yesivumelwano nokukhuthaza oonokotraktha ukuba baqeshe abantu abongezelelekileyo.

Utshintsho kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo

Akubangakho tshintsho kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo.

Inkcitho yenkqutyana

Itheyibhile yama-33: Inkqubo yesi-3: Izibonelelo zophuhliso zezoThutho: Inkcitho yenkqutyana

Inkqutyana		2018/19			2017/18		
		Ulwabiwo lokuGqibela R'000	Eyona Nkcitho R'000	Inkcitho(Ngaphezulu)/ ngaPhantsi R'000	Ulwabiwo lokuGqibela R'000	Eyona Nkcitho R'000	Inkcitho(Ngaphezulu) ngaPhantsi R'000
3.1	Izibonelelo zophuhliso zeNkxaso yeNkqubo	47 151	47 092	59	38 245	37 791	4
3.2	Ukucwangciswa kweZibonelelo zophuhliso	79 583	79 583	-	52 341	52 341	
3.3	Uyilo lwezibonelelo zophuhliso	236 824	235 547	1 277	216 221	214 213	2 0
3.4	Ulwakhiwo	1 604 601	1 604 384	217	1 710 930	1 704 416	6 5
3.5	Ulonolozo	1 560 976	1 560 049	927	1 421 210	1 420 620	5
Iyonke		3 529 135	3 526 655	2 480	3 438 947	3 429 381	9 5

4.4 Inkqubo yesi-4: ImiSebenzi yezoThutho

Injongo

Injongo yale Nkqubo kukucwangcisa, ukulawula nokuququzelela ubonelelo lweenkonzo ezidityanisiweyo zothutho lwezomhlaba ngokulungelelanisa nokubambisana nabasemagunyeni bocwangciso lukazwelonke, oomasipala, imibutho esekelwe kuluntu naleyo ingekho phantsi kukarhulumente, kwanaleyo yecandelo labucala ukuphucula nokuququzelela intshukumo yoluntu lulonke.

Inkqutyana

- ImiSebenzi yeNkxaso yeNkqubo.
- IiNkonzo zezoThutho loLuntu.
- Ukhuseleko lwezoThutho noThotyelo.
- IiNkqubo zezoThutho.

IiNjongo zeziCwangciso

4.1	Ukuphucula intshukumo nofikelelo koomasipala ngokuphuhliswa, ukuphunyezwa nokulawulwa konyuselo mvuzo woluntu nothungelwano lweNMT.
4.2	Ukuphucula ukhuseleko lwezoThutho ngokuphuhliswa nokuphunyezwa kwenkqubo yophumezo lokhuseleko lwezoThutho.
4.3	Ukuphucula indlela yokucwangcisa kumzila kaloliwe nakuthutho lwezithuthi nokomeleza ulungelelaniso nabaphambili abachaphazelekayo ngophuhliso lwenkqubo yophumezo lomzila kaloliwe nothutho lwezithuthi.
4.4	Ukuphucula inkxaso kuluntu nakwabachaphazelekayo beNMT ngamaphulo otshintsho olumisiweyo.

Iinjongo zezicwangciso, izalathisi zomsebenzi, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo nezona zifizekiso

Le Nkqubo inegalelo kwiNjongo yesi-3 yokuJoliswe kuko siSiphumo sesiCwangciso seSebe: Uhanjiso olukhuselekileyo, olusebenzayo neenkqubo ezihlangeneyo zezoThutho eNtshona Kapa.

Ngexesha lonyaka ophantsi kohlaziyo, iDTPW iqhubekile ukunika inkxaso yophuculo lothungelwano oludibeneyo lwezoThutho loluntu kuMasipala waseGeorge (iGIPTN) ngokukhokela ucwangciso, uphunyezo nolawulo lweenkonzo zebhasi i "GO GEORGE", nangokunjalo ngokuqinisekisa ngokwezemali.

Iintethantethwano zokuqala zabanjwa ngonyaka mali wama-2018/19 namagosa kamasipala nabamele icandelo loonoteksi (iIMBT) ukwazisa ngengcamango yenkqubo yenguqu esekelwe kubuchwephesha beEMBT, namathuba amatsha enkonzo yeeEMBT, nokuvuselela imodeli yeshishini leMBT ukuvuza ukuthobela komqhubi nomthetho. Umsebenzi uza kuqhubeka kwimisebenzi yonke kunyaka mali wama-2019/20.

Iiprojekthi ezimbii zeNMT zagqitywa kunyaka ophantsi kohlaziyo:

- Uluhlu lweMpahla yeNMT neNgxelo yeZinto eziPhambili zoPhuculo lweZibonelelo zophuhliso lukaMasipala wase; kunye

- Nenxaso efunyenwe kooMasipala baseStellenbosch ne-Overstrand ukuyila nokuphumeza iiprojekthi zeNMT ezibandakanye ulwakhiwo lweendlela ezisemacaleni nezo zinkqumla abahambi ngeenyawo.

I-DTPW ingene kubuhlakani obutsha beMOA noMasipala waseSwarthland kweyeDwarha wama-2018 njengomasipala wesithathu ophambili wePSTP eNtshona Kapa. ISebe libonelele ngenxaso kuphuhliso lwesiCwangciso seNqanaba loku-1 lePSTP emisela umbono ophambili wezothutho oluzinzileyo eSwarthland.

Isigaba sesi-2 seNkqubo yoLwabiwo lweeBhayisikile yePhondo sigqityiwe. Inkqubo-sikhokelo evela kwiSigaba soku-1 siphuhlisiwe saba sisicwangciso sokuphumeza esisebenzayo kunye nenkqubo yohambo lokugqibela. Ijonga imeko yabasebenzisi abanokubakho, icacisa indlela yohanjiso kunye nezinto zayo, kwaye imisele indlela yokuhambisa kubandakanya imicimbi yemali kunye nolungiselelo. Isigaba sesi-3 esiza kuqala kunyaka mali wama-2019/20 siza kugxila kuphunyezo.

I-DTPW ibambisene nePRASA kunye neCoCT ukuze kusekwe iYunithi yoNyanzeliso loLoliwe (iREU) eyaqala ukusebenza kweyeDwarha wama-2018. Iyunithi sele ithathe inxaxheba kwimisebenzi edibeneyo ye-133, yabamba abangama-66 yathimba amakhulu eemitha zemixokelelwano yeengcingo zombane ezihamba phantsi komhlaba, izixhobo eziyingozi nezinye izinto ekuye kwaphengululwa izihlandlo ezili-11 041 ngasekupheleni konyaka ophantsi kohlaziyo. I-DTPW iza kuqhubeka nokuxhasa iREU kunyaka mali wama-2019/20 ukomeleza ukhuseleko lwabakhweli bakaloliwe kunye nokuphucula ukhuselo lwee-asethi zikaloliwe.

Kunyaka ophantsi kohlaziyo, iDTPW ixhase ukuhanjiswa nokulondolozwa kweebhayisikile ezili-170 kwisiThili seCentral Karoo njengenxalenye yeNkqubo kaZwelonke yeShova Kulula karhulumente.

Ukulungelelanisa nokudibanisa oovimba beenkcukacha ezikhoyo ukuze kuphuculwe ulwazi lweshishini kunye nokuhanjiswa kweenkonzo, iDTPW isungule eyona Ndawo ixakeke kakhulu yoBuntlola obuDibeneyo obudibanisa umhlinzeki weenkcukacha ezinxulumene nezothutho njengenxalenye yesiCwangciso sobuXhakaxhaka balemihla/boMbono nge-Intanethi yezoThutho.

IsiCwangciso soThutho lweziThuthi zePhondo saphunyezwa nguMphathiswa wezoThutho neMisebenzi yoLuntu kwiPhondo kweyoMsintsi wama-2018 saze samiselwa ngokusesikweni kweyoMdumba wama-2019. Ababekhona kumsitho yayingabachaphazelekayo kurhulumente kazwelonke nowephondo, abameli abasuka kwimizi-mveliso, kuqukwa ababoneleli beenkonzo zothutho lwezithuthi, amaziko ophando nawemfundo ephakamileyo, kunye necandelo elingenzi nzuzo. Isicwangciso saphuhliswa ngokubonisana nabaqulunqi bomgaqo-nkqubo kazwelonke, wephondo nowengingqi ukunceda ukunika amandla kwiinxenye ezifanelekileyo zeNLTA. Isicwangciso sixhaswa yiNkqubo yokuPhunyezwa koThutho lweziThuthi echaza izenzo ezifunekayo ukufezekisa iinjongo zesicwangciso. Ukuphunyezwa kwezenzo zeSigaba soku-1, nokuphuculwa kwenkqubo yokumiliselwa kwezenzo zeSigaba sesi-2, kwenziwe kowama-2018/19.

Iinjongo zesicwangciso senkqubo, izalathisi zomsebenzi, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo nezona zifezekiso zibonisiwe apha ngenzantsi.

liNjongo zesiCwangciso

Itheyibhile yama-34: Inkubo yesi-4: Imisebenzi yezoThutho: liNjongo zesiCwangciso

Inombolo	Iinjongo/izalathisi zesicwangciso	Ezona zifezekiso 2017/2018	Ekujoliswe kuko ekucwangcisiweyo 2018/2019	Ezona zifezekiso 2018/2019	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwezona zifezekiso 2018/2019	Izimvo kunxaxho
Inkqutyana 4.2: IiNkonzo zeZothutho loLuntu						
4.1	Ukuphucula intshukumo nofikelelo koomasipala ngophuhliso, uphunyezo nolawulo lokwanda kothungelwano loluntu nothutho olungelulo olwenjini.					
4.1.2	Inani leekhilomitha ezibonelelweyo ezisebenza ngokuhambelana nexesha elimisiweyo.	37 361 592	36 523 179	36 791 412	268 233	Isantya sekhilomitha sokugqiba ngokujoliswe kuko sagqitywa kuphela ngokwesivumelwano sekontraktha emva kokugqitywa kwe-APP ekhokelele kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ekuthe kwathathelwa phantsi.
Inkqutyana 4.3: Ukhuselelo noThotyelo lwezoThutho						
4.2	Ukuphucula ukhuselelo lwezoThutho ngophuhliso nophunyezo lwenkqubo yophunyezo lokhuseleko kwezoThutho loluntu.					
4.2.1	.	ayingeni	0	0	0	-
Inkqutyana 4.4: IiNkqubo zezoThutho						
4.1	Ukuphucula intshukumo nofikelelo koomasipala ngophuhliso, uphunyezo nolawulo lokwanda kothungelwano loluntu nothutho olungelulo olwenjini.					
4.3	Ukuphucula indlela ecwangcisiweyo kulungelelaniso lokomeleza kumzila kaloliwe nothutho lwezithuthi nabachaphazelekayo abaphambili ngophuhliso lwenkqubo yophunyezo lomzila kaloliwe nothutho lwezoThutho.					
4.4	Ukuphucula inkxaso yabachaphazelekayo kwezoThutho loluntu nolo ingelulo olwenjini ngokusebenzisa amaphulo otshintsho olusemthethweni.					
4.1.1	Inani lamangenelelo aphuculiweyo ofikelelo afumene inkxaso.	2	2	2	0	-

Inombolo	Iinjongo/izalathisi zesicwangciso	Ezona zifezekiso 2017/2018	Ekujoliswe kuko ekucwangcisiweyo 2018/2019	Ezona zifezekiso 2018/2019	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwezona zifezekiso 2018/2019	Izimvo kunxaxho
4.3.1	Inani leenkqubo zophunyezo zomzila kaloliwe nothutho lwezithuthi eziphunyeziweyo.	ayingeni	0	0	0	-
4.4.1	Inani lamanyathelo otshintsho asemthethweni.	1	1	1	0	-

Izalathisi zoMsebenzi

Itheyibhile yama-35: Inkqubo yesi-4: Imisebenzi yezoThutho: Izalathisi zoMsebenzi

Inombolo	Isalathisi soMsebenzi	Eyona mfezeko 2015/2016	Eyona mfezeko 2016/2017	Eyona mfezeko 2017/2018	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/2019	Izimvo kunxaxho
Inkqutyana 4.2: IiNkonzo zezoThutho loLuntu								
4.1.2.1	Inani leendlela ezifumene inkxaso	2 462	2 520	2 547	2 570	2 582	12	Ukunyuka kwesidingo kwakunye notshintsho kwindlela olukhokelele ekwenziweni kweendlela ezongezelelweyo zenkonzo.
4.1.2.2	Inani leekhilomitha ezifumene inkxaso	37 495 646	38 315 171	37 361 592	36 523 179	36 791 412	268 233	Isantya sekhilomitha siza kuchonga ekujoliswe kuko njengesivumelwano sekontrakthi emva kokugqitywa kwe-APP ekhokelele kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo kuthathelwe phantsi.
4.1.2.3	Inani leehambo ezifumene inkxaso	1 360 113	1 422 856	1 351 421	1 408 045	1 312 790	(95 255)	Unxaxho lunxulunyaniswe noqhanqalazo labaqhubi beebhasi olwenzeke kwikota yokuqala yesithuba sokunikwa kwengxelo.

Inombolo	Isalathisi soMsebenzi	Eyona mfezeko 2015/2016	Eyona mfezeko 2016/2017	Eyona mfezeko 2017/2018	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/2019	Izimvo kunxaxho
4.2.1.3	Inani lamaphulo okhuseleko kwezoThutho ezindleleni aphunyeziweyo	ayingeni	ayingeni	ayingeni	1	0	(1)	Isigqibo kwinqanaba leSebe sathathwa ukuba isiCwangciso soPhunyezo loKhuselo luza kusekelwe kwisiseko sesiCwangciso soKhuseleko lweNgingqi okungoku nje lukwinqubo yokudluliselwa.
4.2.1.4	Inani lamaphulo okwazisa ngokhuseleko ezindleleni aqhutyiwe	13	19	12	12	13	1	ISebe likwiphulo lwendlela edibeneyo yokuvavanya iziphumo ezilindelekileyo zophuhliso lobuchwephesha. Abasebenzi abongezelelekileyo ukusuka kuLawulo oluyiNtloko baqeshwa.
Inkqubo 4.3:Ukhuseleko noThotyelo lwezoThutho								
Inkqutyana 4.4: IiNkqubo zezoThutho								
4.1.1.1	Inani lezicwangciso ezinenkcazo yokwandisa ezothutho eziphuhlisiweyo	0	1	1	1	1	0	-
4.1.1.2	Inani leeprojekthi zePSTP eziqaliweyo	0	0	1	1	1	0	-

Inombolo	Isalathisi soMsebenzi	Eyona mfezeko 2015/2016	Eyona mfezeko 2016/2017	Eyona mfezeko 2017/2018	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/2019	Izimvo kunxaxho
4.3.1.1	Inani lamangenelelo othutho lwezithuthi aqaliweyo	ayingeni	ayingeni	ayingeni	1	1	0	-
4.3.1.2	Inani lamangenelelo omzila kaloliwe afumene inkxaso	ayingeni	ayingeni	ayingeni	1	1	0	-
4.4.1.1	Inani lamangenelelo otshintsho olusemthethweni	0	1	1	1	1	0	-

Qaphela: * Esi Salathisi seNkqubo yoMsebenzi sixelwe kwiNkqutyana 5.3 Iphepha mvume neemvume zokusebenza.

** Isalathisi seNkqubo yoMsebenzi sixelwe kwiNkqutyana 5.4: Unyanzeliso loMthetho.

ayingeni – Ayingeni njengoko esi isisalathisi esitsha.

Izicwangciso zokoyisa apho kungasetyenzwanga kakuhle khona

Inani lezicwangciso eziphunyezwayo ukuphucula indlela yokusebenza:

- Ilihambo, iindlela neekhilomitha zongeziwe; ngoko ke, akunakugqithwa kumlinganiselo ekuvunyelwene ngawo ngokwegatya le-12 lesivumelwano sexeshana.
- Indlela yomiselo lokujoliswe kuko ukubona umsebenzi iza kuphuhliswa ukuba ingaguquki ngakumbi kunoko kujoliswe kuko nokuphunyeziweyo.
- Uhlalutyo lwezidingo luza kuqhutywa phambi kokuba amaphulo okhuseleko ahlanganiswe nesiCwangciso soKhuseleko lweNgingqi.

Utshintsho kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo

Akubanga kho tshintsho kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo.

Inkcitho yenkqutyana

Itheyibhile yama-36: Inkqubo yesi-4: Imisebenzi yeziThutho: Inkcitho yenkqutyana

Inkqutyana		2018/19			2017/18		
		Ulwabiwo lokugqibela R'000	Eyona nkcitho R'000	Inkcitho(Ngaphezulu)/ Ngaphantsi R'000	Ulwabiwo lokugqibela R'000	Eyona nkcitho R'000	Inkcitho(Ngaphezulu)/ Ngaphantsi R'000
4.1	Imisebenzi yeNkxaso yeNkqubo	2 922	2 922	-	2 747	2 679	68
4.2	IiNkonzo zoThutho loLuntu	1 161 628	1 161 627	1	1 110 888	1 110 885	3
4.3	Ukhuseleko noThotyelo kwezoThutho	24 327	24 327	-	5 254	4 917	337
4.4	IiNkqubo kwezoThutho	136 212	136 211	1	93 182	93 115	67
Iyonke		1 325 089	1 325 087	2	1 212 071	1 211 596	475

4.5 Inkqubo yesi-5: UmMiselo kwezoThutho

Injongo

Injongo yaleNkqubo kukulawula imeko yezothutho ngokubhaliswa nokunikwa kwamaphepha mvume kwezithuthi, iimanyano, abasebenzisi, nabaqhubi; ukukhuthaza ukhuseleko ngokusebenzisa iinkonzo zonyanzeliso mthetho lohambo lwezithuthi, uququzelelo lwemfundo ngokhuseleko ezindleleni, uqhagamshelwano, ukwanabisa ulwazi, nokusebenza kwezikali zokuweyisha izinto ezinzima kakhulu; kunye nokubonelela ngoqeqesho kumagosa ogcino cwangco ezindleleni namanye amagosa onyanzeliso mthetho.

linkqutyana

- Ulawulo lweNkxaso yeNkqubo.
- Ulawulo noNikezelo lweemvume kwezoThutho.
- Unikezelo lwamaPhepha mvume neeMvume kubaSebenzisi.
- Unyanzeliso Mthetho.

Iinjongo zesiCwangciso

5.1	Ukuphucula urhulumento kwisimo solawulo lwezothutho.
5.2	Ukuphucula ukhuseleko lwezothutho ezindleleni.
5.3	Ukuphumeza inkonzo esebenzayo, ephumelelayo, nenolawulo lwezothutho olunobuchule.

Iinjongo zesicwangciso, izalathisi zomsebenzi, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo nezona zifezekiso

Le Nkqubo inegalelo kwiNjongo yesi-3 eJolise kwisiPhumo seSebe: Ukuhambisa iinkqubo ezikhuselekileyo, ezifanelekileyo nezidibeneyo zothutho eNtshona Kapa.

Ukuphucula nokwandisa ukufikelela kwizibonelelo ezinqongopheleyo ezikhoyo kwinkqubo yokuhambisa iinkonzo, kunye nokuphucula ukusebenza kakuhle kwinkqubo, kwagqitywa ekubeni kutyale kubuchwephesha nakwezinye izinto ezintsha. Intsebenziswano phakathi kweGunya lezoTshutshiso likaZwelonke kunye neDTPW iququzelele ukuphinda kwenziwe i-EBAT kwiZiko loQeqesho loTywala eVangate Shared Service Centre e-Athlone, naseGeorge.

Ukwaziswa kwakhona kwe-EBAT kwenza ukuba amagosa onyanzeliso lomthetho akwazi ukuqhubekisa abarhanelwa nabonayo ngokufanelekileyo. Ngaphambili, bekukho ixesha elide lokulinda kwizibhedlele zokutsala igazi, emva koko igazi kufuneka lithunyelwe kwiilebhu zezifo apho bekukho ulibaziseko oluqhuba ixesha elide.

I-NPA inike imvume yayo yokwazisa iiyunithi zokuhlola umphefumlo obubungqina okuhamba hambayo kwizithili ze-Overberg, iWest Coast, iCape Winelands kunye noMasipala oMbhaxa weCape ngasekupheleni konyaka ophantsi kohlaziyo. I-RBT ixhaswe zizithuthi zovavanyo ze-EBAT ezihambahambayo zandisa amathuba okubanjwa uqhuba phantsi kweempembelelo. Uvavanyo lwabophuli mthetho abakrokrelwayo lunokwenziwa ngokukhawuleza, kwaye amagosa ezendlela akufuneki ashiye indawo yokusebenza ukuze enze uvavanyo.

Ukubamba i-AGM yinto eyimfuneko ebalulekileyo ekuthatheni inxaxheba kombutho woonoteksi kunyulo lwebhunga leteksi kwiphondo. I-Ofisi yoMgcini zincwadi zobhaliso lwezoThutho lePhondo igcinwe ixakekile liliso kunyulo lwemibutho yeeteksi kunyaka ophantsi kohlaziyo.

IQumrhu eliLawulayo lePhondo lijolise umtsalane walo ekuphuculeni iinkqubo zalo kunye nokwenza lula iinkqubo zokusebenza ukuphucula uhanjiso lwenkonzo yalo kubaxhasi kunye nokuqinisekisa ukuba bonke abasebenzisi bezothutho loluntu ngokusemthethweni banikwe amaphepha mvume okusebenza ayimfuneko.

Icandelo leQME lenze igalelo ekuphunyezweni kwezicwangciso zokhuselo lwesithili kwaye lidlale indima ebalulekileyo kuphuhliso lwenkqubo sikhokelo yencwadi yengxelo njengexalenye yokuvavanya ukuphunyezwa nefuthe leeDSP. Ngokubekwa kweliso nokuvavanywa kwemisebenzi yonyanzeliso lomthetho wendlela, iQME inegalelo ekwenzeni ngcono ucwangciso nophunyezo lonyanzeliso mthetho.

Iinjongo zezicwangciso zenkqubo, izalathisi zomsebenzi, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo nezona zifezekiso ziboniswe kwezi theyibhile zingezantsi.

liNjongo zesiCwangciso

Itheyibhile yama-37: Inkqubo yesi-5: UmMiselo kwezoThutho: liNjongo zesiCwangciso

Inombolo	Iinjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kweyona mfezeko 2018/2019	Izimvo kunxaxho
Inkqutyana 5.2: Ulawulo noNikelo lwamaphepha mvume kwezoThutho						
5.1	Ukuphucula urhulumento kwisimo solawulo lwezothutho.					
5.1.1	Inani lamangenelelo orhulumento aphunyeziweyo.	2	2	5	3	Inkqubo yesi-5 igqithisile kwisi-2 sobe kujoliswe kuko kwamangenelelo orhulumento ngenxa yesidingo songenelelo lwezoqeqesho ukuphucula isimo solawulo lwezothutho kumanqanaba omasipala nawephondo ngexesha lonyaka mali ophantsi kohlaziyo.
Inkqutyana 5.4: Unyanzeliso Mthetho						
5.2	Ukuphucula ukhuseleko kwezothutho ezindleleni.					
5.2.1	Inani leengozi zokufa ezindleleni ezenzekileyo ngokwabemi abali-100 000.	21	20	20	0	-
5.3	Ukuphumeza inkonzo esebenzayo, enegalelo, nolawulo kwezothutho olunobuchule.					
5.3.1	Inani lemisebenzi yonyanzeliso mthetho kwezothutho ephunyeziweyo.	9 331	7 500	7 500	0	-

Inombolo	Iinjongo/Izalathisi zesiCwangciso	Eyona mfezeko 2017/2018	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kweyona mfezeko 2018/2019	Izimvo kunxaxho
5.3.2	Inani lamangenelelo afundisa nanabisa ulwazi aququzelelweyo.	764	560	753	193	Uzalisekiso ngokugqithisileyo ngenxa yobambiswano olwenziwe nabachaphazelekayo kunye namandla ongezelelweyo egosa lokhuseleko ezindleleni kwiCandelo.

Izalathisi zomsebenzi

Itheyibhile yama-26: Inkqubo yesi-5: UmMiselo kwezoThutho: Izalathisi zoMsebenzi

Inombolo	Isalathisi somsebenzi	Eyona mfezeko 2015/2016	Eyona mfezeko 2016/2017	Eyona mfezeko 2017/2018	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/2019	Izimvo kunxaxho
Inkqutyana 5.2: Ulawulo noNikezelo lwamaphepha mvume kwezoThutho								
5.1.1.1	Inani lohlobo lothotyelo oluqhutyiweyo	390	390	383	390	391	1	Uphicotho zincwadi olunye lwesininzi lwenziwa ngenxa yokungaqondwa kakuhle kokujoliswe kuko ekufuneka kufikelelwe kuko ngamacandelo amathathu anegalelo koku kujoliswe kuko.

Inombolo	Isalathisi somsebenzi	Eyona mfezeko 2015/2016	Eyona mfezeko 2016/2017	Eyona mfezeko 2017/2018	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/2019	Izimvo kunxaxho
Inkqutyana 5.3: Amaphepha mvume neeMvume eziSebenzayo								
5.1.1.2	Inani leziluleko zeQumrhu loLawulo lwePhondo (iPRE)eziqhutyiweyo	111	113	139	144	135	(9)	Ngexesha leeholide, zimbalwa iintlanganisano zokuqhutywa kwezoluleko kuba uninzi lwabasebenzi baseNtshona Kapa babuyela eMpuma Kapa okanye babandakanyeka kwimisebenzi yemigama emide. Amashishini ezomthetho akwavalile ukushishina. Ngoko ke abafumaneki ukuqhuba ezoluleko.
5.1.1.3	Inani lee-AGM zemibutho yoonoteksi ezibanjiweyo	98	105	105	126	150	24	Ngenxa yexesha leeholide, imibutho yeeteksi iphinde ilungiselele ii-AGM zazo ezizakwenzeka kweyoKwindla wama-2019 ukuqinisekisa ukuba ziyahambelana noMgaqo siseko okuMgangatho oLingeneyo.

Inombolo	Isalathisi somsebenzi	Eyona mfezeko 2015/2016	Eyona mfezeko 2016/2017	Eyona mfezeko 2017/2018	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/2019	Izimvo kunxaxho
Inkqutyana 5.4: Unyanzeliso Mthetho								
5.3.1.1	Inani lemisebenzi yesantya eqhutyiweyo	3 085	4 708	4 854	5 000	6 295	1 295	linkqubo ziye zaqhutyelwa phambili ukuphucula ukusebenza kwabo bonke ubuchwephesha obukhoyo nokuhanjiswa kwezixhobo eziphathwayo ezinxityelelanisiweyo. linkcukacha ezifunyenwe kwi-ITIH zenze ukuba isicwangciso esineenkukacha esithe kratya sibe negalelo ekuphumeleleni ngokugqithileyo kwesi salathisi sokwenziwa komsebenzi.
5.2.1.1	Inani leenqwelo eziveyishiweyo	668 101	591 064	620 212	644 052	653 584	9 532	Ukusebenza okungaphaya komgama ngepesenti enye.

Inombolo	Isalathisi somsebenzi	Eyona mfezeko 2015/2016	Eyona mfezeko 2016/2017	Eyona mfezeko 2017/2018	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/2019	Izimvo kunxaxho
5.3.1.2	Inani lezenzo zokuqhuba kunxiliwe ekuqutyiswenwe nazo	1 421	2 467	3 007	5 000	6 683	1 683	linkqubo ziye zaqhutyelwa phambili ukuphucula ukusebenza kwabo bonke ubuchwephesha obukhoyo nokuhanjiswa kwezixhobo eziphathwayo ezinxityelelanisiweyo. linkcukacha ezifunyenwe kwi-ITIH zenze ukuba isicwangciso esineenkukacha esithe kratya sibe negalelo ekuphumeleleni ngokugqithileyo kwesi salathisi sokwenziwa komsebenzi.

Inombolo	Isalathisi somsebenzi	Eyona mfezeko 2015/2016	Eyona mfezeko 2016/2017	Eyona mfezeko 2017/2018	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/2019	Izimvo kunxaxho
5.2.1.2	Inani leenqwelo ezimiswe zaza zavavanywa	1 170 701	1 128 873	1 112 071	1 200 000	1 534 086	334 086	linkqubo ziye zaqhutyelwa phambili ukuphucula ukusebenza kwabo bonke ubuchwephesha obukhoyo nokuhanjiswa kwezixhobo eziphathwayo ezinxityelelanisiweyo. linkcukacha ezifunyenwe kwi-ITIH zenze ukuba isicwangciso esineenkukacha esithe kratya sibe negalelo ekuphumeleleni ngokugqithileyo kwesi salathisi sokwenziwa komsebenzi.
5.2.1.3	Inani leenkqubo zokusasaza ulwazi ngokhuseleko ezindleleni	384	562	574	440	578	138	Amandla olongezelelo kwimicimbi yezemisebe nobuhlakani nabachaphazele yenze okujoliswe kuko kwagqithisela.
5.2.1.4	Inani lezikolo ezibandakanyeka kwinkqubo yemfundiso ngokhuseleko ezindleleni	281	361	423	345	426	81	Amandla olongezelelo kwimicimbi yezemisebe nobuhlakani nabachaphazele yenze okujoliswe kuko kwagqithisela.

Inombolo	Isalathisi somsebenzi	Eyona mfezeko 2015/2016	Eyona mfezeko 2016/2017	Eyona mfezeko 2017/2018	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/2019	Eyona mfezeko 2018/2019	Unxaxho oluvela kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/2019	Izimvo kunxaxho
5.3.2.1	Ipesenti yabafundi abalugqibileyo uqeqesho lwezothutho.	(94%) 149	98% 154	96% 150	92% 130	95% 156	3% 26	Amangenelelo amabini oqeqesho oluhlaziyiweyo lwe-EDL ongezwe kwiinkqubo ezicwangcisiweyo, kwaye abafundi abangaphezulu kunokuba bekulindelwe babhaliselele isifundo se-EOV.

Izicwangciso zokoyisa apho kungasetyenzwanga kakuhle khona

I-DTPW yonelisekile ukuba imilinganiselo nezicwangciso zolawulo ezoneleyo zabekwa endaweni ukuqinisekisa ukuba imigangatho yohanjiso lwenkonzo kungahlangatyezwana nayo.

Utshintsho lokujoliswe kuko okucwangcisiweyo

Akubangakho lutshintsho kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo.

Inkcitho yenkqutyana

Itheyibhile yama-27: Inkqubo yesi-5: UmMiselo kwezoThutho: Inkcitho yenkqutyana

Inkqutyana		2018/19			2017/18		
		Ulwabiwo lokugqibela R'000	Eyona nkcitho R'000	Inkcitho (Ngaphezulu)/ Ngaphantsi R'000	Ulwabiwo lokugqibela R'000	Eyona nkcitho R'000	Inkcitho (Ngaphezulu)/ Ngaphantsi R'000
5.1	Ulawulo lweNkxaso yeNkqubo	6 220	6 217	3	7 315	6 765	550
5.2	Ulawulo noNikezelo lwamaphepha mvume kwezoThutho	404 016	404 014	2	384 541	379 989	4 552
5.3	Amaphepha mvume neeMvume zaBasebenzisi	71 183	71 090	93	63 400	62 203	1 197
5.4	Unyanzeliso Mthetho	361 215	359 728	1 487	346 656	345 471	1 185
Iyonke		842 634	841 049	1 585	801 912	794 428	7 484

4.6 Inkqutyana yesi-6: IiNkqubo eziSekelwe kuLuntu

Injongo

Injongo yale Nkqubo kukulawula uphunyezo lweenkqubo nezicwangciso ezikhokelela kuphuhliso noxhotyiso loluntu noonokontraKtha, kuquka abalawuli bephondo nolungelelwaniso lwe-EPWP.

Iinkqutyana

- INkqubo yeNkxaso eSekelwe kuLuntu.
- Uqaliso lwezinto ezintsha noXhotyiso.
- Ulungelelwaniso noBeko liso oluHambelanayo.

IiNjongo zesiCwangciso

- | | |
|-----|--|
| 6.1 | Ukuba negalelo kuqoqosho olunzileyo nasekwandeni kwemisebenzi eluntwini ngophuhliso olunxulumene nolwakiwo namangenelelo okuxhobisa. |
| 6.2 | Ukuququzelela ulungelelwaniso lwephondo nobeko liso kwimisebenzi ye-EPWP kuwo onke amacandelo axhobisayo. |

IiNjongo zesiCwangciso, izalathisi zoMisebenzi, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo nezona zifezekiso

Le Nkqubo inegalelo kwiNjongo yoku-1 yokuJoliswe kuko siSiphumo sesiCwangciso seSebe: Ukwandisa uxhotyiso nokudala imisebenzi eNtshona Kapa. Oku kwafezekiswa ngokusetyenziswa kweendawo eziphambili ezintathu zomisebenzi.

- Ukulungelelanisa i-EPWP kwiNtshona Kapa: Ukuqinisekisa ukufezekiswa kweenjongo nokujoliswe kuko yi-EPWP, iintlanganiso ezisemthethweni ezili-12 zalondolozwa njengamaqonga okubeka iliso nokunika ingxelo. Oku kwazisa ngenkxaso yobugcisa enikwe amaqumrhu karhulumente wephondo angama-40.
- Ukuququzelela iinkqubo zokuphuhlisa oonokontraKtha abasakhasayo: Ezi nkqubo zibandakanya uqeqesho lwezakhono noshishino, iiseshoni zeenkukacha, uqeqesho lwabesigaba esisisiseko; iNkqubo ePhambili yoQeqesho neyoBeko liso, nee-EMPIA zezivumelwano ezixabisa ngaphezulu kwesi-R5 m.
- Ukubonelela ngamathuba ophuhliso lwezakhono ezinxulumene nolwakiwo, kubandakanya uqeqesho lwabafundi kurhwebo olunxulumene nolwakiwo nophuhliso lwezakhono njengenxalenye yenkqubo yeNYS.

Iinjongo zezicwangciso zenkqubo, izalathisi zomisebenzi, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo nezona zifezekiso zibonisiwe kwiitheyibhile ezingezantsi.

liNjongo zesiCwangciso

Itheyibhile yama-40: Inkqubo yesi-6: IInkqubo eziSekelwe kuLuntu: IiNjongo zesiCwangciso

IKomiti yoLawulo loMngcipheko woShishino neNdlela yokuziphatha inika ingxelo yokuba ihambisene noxanduva lwayo oluvela kwicandelo lama-38 (1) (a) (i) loMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, umMiselo kaNondyebo kaZwelonke 3.2.1 kunye neMimiselo yeNkonzo yoLuntu yowama-2016, iSahluko sesi-2, iCandelo loku-1, elesi-2 nelesi-3. I-ERMCO ikwanika ingxelo yokuba yamkele iMigqaliselo eyiyo esesikweni (iTOR) (evunywe ngusihlalo we-ERMCO ngomhla we-17 kuCanzibe kowama-2018 yaze yahlonyelwa ngomhla we-18 kweyoMsintsi ngowama-2018 ukubandakanya "uHlobo lokuziphatha") yaza yamisela imicimbi yayo ngokuhambelana nale Migqaliselo yokuSebenza kwaye iluthathile lonke uxanduva njengoko kuqulathwe kuyo.

Amalungu eKomiti yoLawulo loMngcipheko woShishino

I-ERMCO iquka amalungu akhethiweyo eqela lolawulo oluphezulu lweDTPW. NgokweMigqaliselo yayo, i-ERMCO idibene ubuncinane izihlandlo ezine (ngekota) kunyaka ophantsi kohlaziyo.

Itheyibhile engezantsi ibonelela ngeenkukacha kumalungu e-ERMCO.

Ilungu	Isikhundla	lintlanganiso ezihleliweyo	Ezizinyasiweyo	Umhla wenqesho
Nkszn J Gooch	IGosa eliPhendulayo (iNtshatsheli kuMngcipheko noSihlalo we ERMCO)	4	3	ayingeni
IGqwetha C Smith	DDG: ezeMali – (iCFO)	4	4	06/04/2018
Mnu G van Schalkwyk	CD: uMgaqo nkqubo nokuHlanganiswa kwesiCwangciso	4	4	06/04/2018
Mnu R Maharaj	CD: uLawulo lwesiCwangciso neNkxaso eQhubekayo	4	4	06/04/2018
IGqwetha G Kode	DDG: iMisebenzi yoLuntu yePhondo	4	3	19/04/2018
Mnu L Fourie	CD: uLawulo loThungelwano lweNdlela	4	4	06/04/2018
IGqwetha K Reinecke	DDG: uLawulo lwezoThutho	4	3	06/04/2018
Nkszn H Robson	DDG: iNgqinisekiso ngeQumrhu (iDotP)	4	0	06/04/2018
Mnu R Jansen van Rensburg	CD: iiNkonzo zoPhando lweNkundla (iDotP)	4	3	06/04/2018
Nkszn E de Bruyn	uMlawuli: iZiko lokuVeliswa kwe-Intanethi (iDotP)	4	2	06/04/2018
Nkszn A Haq	uMlawuli: uLawulo loMngcipheko woShishino (iDotP)	4	3	06/04/2018
Nkszn P van der Merwe	uMlawuli: uRhulumento neBango – iSCM (iGosa leNdlela yokuziphatha)	4	3	06/04/2018
Mnu Y Ahmed	CD: iMimiselo yezoThutho	4	2	06/04/2018

DDG = uSekela Mlawuli Jikelele; CD = uMlawulo oyiNtloko; CFO = iGosa lezeMali eliyiNtloko.

Abanye abathathi nxaxheba	Isikhundla	lintlanganiso ezihleliweyo	Ezizinyasiweyo
Mnu B Rahim	uMlawuli: uRhulumento lwezeMali (iNtshatsheli kuRhwapilizo)	4	4
Nkszn G Solomons	uMcebisi woMngcipheko oyiNtloko: i-ERM	4	4
Nkszn W Hansby	uMlawuli: iPFS (iDotP)	4	3
Mnu Z Omer	uMcebisi woMngcipheko oyiNtloko: uLawulo loMngcipheko woShishino (iDotP)	4	2
Mnu S Martin	uMlawuli: Uphicotho lwangaPhakathi (iDotP)	4	2

Imisebenzi engundoqo yeKomiti yoLawulo loMngcipheko woShishino

IGosa eliPhendulayo liyintshatsheli yomngcipheko kunye nosihlalo we-ERMCO.

Ekwenziweni komsebenzi wayo, i-ERMCO yenze le misebenzi iphambili ilandelayo apha enyakeni:

- Ithathele ingqalelo naliphi na iphepha lemibuzo loHlaziyo loLawulo oluHlanganisiweyo kunye neNkangeleko (iCGRO) ngokunxulumene nemicimbi yolawulo lomngcipheko;
- Ihlaziye uMgaqo nkqubo woLawulo loMngcipheko weSebe, isiCwangciso neQhinga loPhunyezo; ngesindululo seKomiti yoPhicotho zincwadi kunye nokuvunywa liGosa eliPhendulayo;
- Imisele, yahlaziya kwaye yasebenzisa umngcipheko womdla nokunyamezelana, yaze yacebisa okufanayo nokuvunywe liGosa eliPhendulayo;
- Ihlaziye ukuchongwa komngcipheko weSebe nolwazi nkqubo lovavanyo;
- Inike ingxelo kwiGosa eliPhendulayo naluphi na utshintsho olubalulekileyo kwiprofayile yomngcipheko weSebe;
- Ihlaziye isiCwangciso sokuThintela ubuMenemene (isiCwangciso, uMgaqo nkqubo neQhinga loPhunyezo) yaza yayinika ingcebiso yokuvunywa liGosa eliPhendulayo;
- Ivavanye ukusebenza kophunyezo lwesiCwangciso sokuThintela ubuMenemene;
- Ihlaziye nakuphi na okunyanisiweyo kuphando kwanezindululo zababoneleli bengqiniseko kwinkqubo yolawulo lomngcipheko nobeko sweni lokuba amanyathelo afanelekileyo ayaqaliswa ukuqubisana nobuthathaka;
- Iphuhlise iinjongo nezalathisi zokusebenza ezingundoqo ze-ERMCO ukuze ziphunyezwe liGosa eliPhendulayo;
- Iphuhlise iinjongo nezalathisi zokusebenza ezingundoqo ukulinganisela ukusebenza kwentshukumo yolawulo lomngcipheko wesicwangciso sesebe;
- Ivavanye ubungakanani nempembelelo yolawulo lomngcipheko oluhlanganeyo phakathi kwiSebe;
- Ivavanye ukuphunyezwa koMgaqo nkqubo woLawulo loMngcipheko wesebe, isiCwangciso neQhinga loPhunyezo;
- Ivavanye ukuphunyezwa kwesiCwangciso soPhunyezo loLawulo lweNdlela yokuziphatha;
- Ivavanye ifuthe nezicwangciso zokunciphisa ukuqubisana nexhobo, indlela yokuziphatha nemingcipheko yorhwaphilizo; kunye
- Nonikezelo lokongamela kulawulo lokuziphatha kwiSebe.

Imingcipheko yesicwangciso engundoqo ethathelwe ingqalelo nekuthe kwaqutyiswana nayo enyakeni

Le ilandelayo yimingcipheko yesicwangciso engundoqo yeDTPW ethe yanikwa ingwalasela nekuthe kwaqutyiswana ngaye enyakeni:

- Ukuba nako ukutsala, ukuqesha nokugcina izakhono ezikhethekileyo ezifanelekileyo kuHlangatyezwene nazo.
- Ukungabi nako ukufikelela kwiinkqubo ze-IT [ulwazi lobuchwephesha] neenkukacha ezinxulumene neziganeko zokuphazamiseka okubonakalayo okanye intlekele.
- Iinkqubo ezibaluleke kakhulu (okanye ulwazi olunxulumene noko) ziyancitshiswa.
- Ukunqongophala konikezelo lombane.
- Ukuqhubela phambili kobundlobongela kwezoThutho loLuntu kunye nezenzo zolwaphulo mthetho.

- Ulwaxhiwo lombutho alwenzelwanga ukuhambisa ngokufanelekileyo isigunyaziso seSebe.
- Ukukwazi kweGosa eliPhendulayo/seSebe ukujongana nezoyikiso zokhuselo kubasebenzi, koonokontraKtha, kumahlakani esithathu kunye nokukhuselwa kwesiseko see-asethi kunyanzelekile.

Umngcipheko weNkqubo nganye ubucingwa kwaye uxoxwe kwiintlanganiso zekota ze-ERMCO. Abaphathi benkqubo kulindeleke ukuba banike ingxelo ngenkqubela phambili kunye nokuzalisekiswa kwezicwangciso zokuthatha amanyathelo okunciphisa amathuba emingcipheko ebonakalayo kunye/okanye nefuthe labo ukuba banokuvela. I-ERMCO ikwadlulisele umngcipheko emva ekufuneka uhlalutye ngokubanzi kwaye ucebisa ngonciphiso olongezelelekileyo okanye amanyathelo okulawula umngcipheko.

Imingcipheko evelayo engundoqo ngonyaka mali olandelayo

Le mingcipheko ivelayo ingundoqo ilandelayo efuna ukunikwa ingqwalasela kumyaka mali ozayo:

- Utshintsho lwemozulu.
- Ukusilela kolondolozo kwezibonelelo zophuhliso.

Isiphelo

IKomiti yoLawulo loMngcipheko woShishino neNdlela yokuziphatha iyakuhlala iyiforamu ebalulekileyo kwiDTPW yengxoxo yenqanaba lochwangciso kuthotho lwemiba eyahlukeneyo ebangela okanye enokubangela umngcipheko ekusebenzeni kweSebe. Uggqaliselo olwandileyo lwendlela yokuziphatha kwi-ERMCO luhambelana nobunkokheli nolawulo lweendlela zokuziphatha oluye lwanyanzeliswa kwiSebe. ISebe lihlala lixhalabile malunga nomngcipheko wokonakala ngakumbi kwimeko yokusebenza kwaye lisebenza ngokuzimisela ekuchongeni nasekuphumezeni amanyathelo okuthomalalisa.



JT Gooch
IGosa eliPhendulayo
ISebe leMisebenzi yoLuntu nezoThutho

Umhla: wama-25 kuCanzibe wama-2019

3 3 Ubumenemene norhwaphilizo

Ubumenemene kunye norhwaphilizo zimela imingcipheko enokubakho kwii-asethi zeDTPW kwaye zinganefuthe elibi kuhanjiso lweenkonzo olusebenzayo kunye nodumo lweDTPW.

I-WCG yamkele isiCwangciso esiChasene nobuMenemene kunye noRhwaphilizo esingqina imeko yephondo yokungabunyamezeli ubumenemene, ubusela norhwaphilizo. Ngokuhambelana nesiCwangciso, iDTPW izibophelele ekunganyamezeli kwaphela malunga norhwaphilizo, ubumenemene okanye nazo naziphi na izenzo zolwaphulo mthetho, nokokuba kungaphakathi okanye ngaphandle, kwaye ilandelela ngamandla ize itshutshise, ngazo zonke iindlela zomthetho ezikhoyo, nawaphi na amahlakani enza ezi izenzo ezinjalo okanye azame ukwenza njalo.

I-DTPW iphumeze isiCwangciso sokuThintela ubuMenemene noRhwaphilizo kunye nesiCwangciso sokuPhumeza uThintelo lobuMenemene esinika ifuthe kwisiCwangciso soThintelo.

Iindlela ezahlukeneyo zokunika ingxelo ngezityholo zobumenemene, ubusela norhwaphilizo kwaye ezi zichazwe banzi kwisiCwangciso esiChasene nobuMenemene noRhwaphilizo sePhondo kunye nesiCwangciso sokuThintela ubuMenemene noRhwaphilizo seSebe. Isityholo ngasinye esifunyenwe yiYunithi yeNkonzo zoPhando lweNkundla zePhondo sibhalwa phantsi kwiNkqubo yoLawulo lwaMatyala esetyenziswa esetyenziswa njengesixhobo solawulo sokunika ingxelo kwinkqubo phambili eyenziweyo kumatyala anxulumene neDTPW kunye nokuvelisa iinkcukacha manani zeWCG naweSebe.

Abasebenzi abangoontamnani ngezityholo zobumenemene, urhwaphilizo nobusela bayakhuselwa ukuba isibhengezo sisibhengezo esikhuselekayo (okt siyazifizekisa iimfuno zomthetho umz. wenziwe ngentembeko). Ukulandela izilungiso zoMthetho weziLungiso weZibhengezo eziKhuselekayo, wama-2017 (uMthetho wesi-5 wama-2017), uMgaqo nkqubo wobuNtamnani oxananazileyo uye wahlaziywa waza uMgaqo nkqubo wobuNtamnani oqwalaselweyo kwakhona waza wavunywa ngomhla we-18 kweyeKhala wama-2018. UMgaqo nkqubo ubonelela ngezikhokelo kubasebenzi zokuba zivakaliswa njani na iinkxalabo nabalawuli abafanelekileyo, abantu abathile abachongiweyo kwiWCG okanye kumaziko angaphandle apho banezizathu ezifanelekileyo zokukholelwa ukuba ulwaphulo mthetho okanye izenzo ezingafanelekanga zenziwe okanye ziyenziwa kwiWCG. Ithuba lokungazichazi igama linikwa nawuphina umntu ongathanda ukuxela izenzo zobumenemene, ubusela norhwaphilizo kwaye, ukuba benze njalo ngokobuqu, ukuba bangobani kuzogcinwa kuyimfihlo ngumntu lowo banika ingxelo kuye.

Ukuba, emva kophando, ubumenemene, ubusela okanye urhwaphilizo ziqinisekisiwe, umqeshwa othathe inxaxheba kwizenzo ezinjalo uya kuba phantsi koluleko. Kuzo zonke iimeko ezinjalo, ummeli weWCG oqala inkqubo yoluleko kufuneka anike isindululo sokugxothwa komqeshwa ochaphazelekayo. Apho kufunyenwe ubungqina *boluvo lokuqala* lwesenzo solwaphulo mthetho bufunyanisiwe, umba wolwaphulo mthetho uxeliwe kwiNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika.

Kunyaka ophantsi kohlaziyo, iPFS yakhupha isiQinisekiso soHanjiso lwamaTyala eDTPW ukuqaphela oku kulandelayo:

Amatyala	Inani lamatyala
Amatyala avuliweyo ngokowoku-1 kuTshazimpunzi wama-2018	9
Amatyala amatsha (2018/19)	5
Amatyala avaliweyo (2018/19)	(8)
Amatyala avuliweyo ngokowama-31 kweyoKwindla wama-2019	6

Le theyibhile ilandelayo iyaqhubeka ihlalutya amatyala avaliweyo achazwe apha ngasentla:

Ubume kunye neziphumo zophando zamatyala asi-8 avaliwe
Izityholo zinqinisiwe kula matyala ma-6 alandelayo: <ul style="list-style-type: none"> Amatyala ama-3 obumenemene kunye/okanye urhwaphilizo (onke amatyala ama-3 axeliwe kwiSAPS); Ityala eli-1 lobumenemene kunye /okanye urhwaphilizo/utenxo kunye/okanye nokungathobeli (ityala lalixelwe kwiSAPS); kunye Namatyala ama-2 okutenxa kunye/okanye ukungathobeli.
Kwityala loku-1 uphando lwagqitywa ngaphandle kweziphumo zophando ezibi.
Kwityala loku -1 uphando lwagqitywa ngaphandle kweziphumo zophando ezibi, kodwa izindululo zenziwa.

4 Ukuthomalalisa ubungozi bokuhendeka

I-DTPW ilawule ezinkqubo zilandelayo ukuthomalalisa ubungozi bokuhendeka kwicala leSCM:

- Ukucela bonke abasebenzi kwiCandelo loNikezelo lweeNkonzo ukuba bazalise ifomu yoNyaka yokuXelwa kweNzala yezeMali, ikhatshwa nguMsebenzi ohlawulelwayo wonyaka ngaphandle kwesicelo seNkonzo kaRhulumente (iRWOPS), kuthathelwa ingqalelo iMigaqo emitsha yeNkonzo kaRhulumente eqala ngowoku-1 kweyeThupha wama-2016.
- Ukunxibelelana nomxholo weMigaqo emitsha yeNkonzo kaRhulumente (iPSR) yowama-2016, ekhutshwe nguMphathiswa weNkonzo kaRhulumente noLawulo, ukususela ngowoku-1 kweyeThupha wama-2016 kumagosa apho kunokwenzeka khona ukungathotyelwa kwemigaqo.
- Ukumiselwa kwamalungiselelo otshintsho njengoko kuchaziwe kwisiHlomelo soku-1 (2) sePSR.
- Ukuphumeza izibhengezo nge-intanethi njengoko kumiselwe liSebe loLawulo lweeNkonzo zikaRhulumente kuLawulo lweNtengo yeDTPW S.
- Ukufuna isiBhambathiso soMdla kuye wonke umntu obandakanyekayo kuthatho luvo, izindululo kunye/okanye nokugwetywa kwizibizi maxabiso.
- Ukufuna bonke abo bafuna ukubiza ixabiso ukuba bangenise uXwebhu loBizo maxabiso leNtshona Kapa (iWCBD) ifomu 4 (ukubhengezwa komdla/ukusebenza kwabanikezeli ngeenkonzo/ukubhengezwa kwabasebenzi kunye nokumisela izibizi maxabiso ezizimeleyo).
- Ukufuna bonke abasebenzi bayithobele imigangatho yokuziphatha.
- Ukuphumeza amalungiselelo emfihlo.

- Ukuphumeza uMgaqo wokuziPhatha kwamagcisa eSCM.
- Ukuphumeza uMgaqo wokuziPhatha kukaNondyebo kaZwelonke kwiiKomiti eziGweba iziBizi maxabiso.
- Ukuphumeza inkqubo yokulawula ingozi yokuhendeka kunye nemingcipheko enokuthi ivele ngokwamkela ulwaneliseko, ububele kunye nezipho.
- Ukuphumeza iinkqubo zokungqinisisa iiprofayili zabasebenzi/zababizi maxabiso, ezibandakanya uthlekiso lwenyanga lweenkcukacha zabasebenzi kwiNkqubo yeeNkcukacha zemiVuzo naBasebenz (iPERSAL) kunye neenkcukacha zabanikezeli beenkonzo kuVimba weeNkcukacha zabaBoneleli ngeenkonzo baseNtshona Kapa kwakunye noVimba weeNkcukacha zabaNikezeli beenkonzo zikaNondyebo kaZwelonke. Oku kusebenza njengolawulo lokuthintela kunye nobucuphi ukuchonga amagosa enza ushishino norhulumente.
- Ukuphumeza iMiyalelo kaNondyebo wePhondo efuna ukuba bonke abanikezeli beenkonzo abanenjongo yokwenza ushishino noRhulumente weNtshona Kapa babhalise kuVimba weeNkcukacha zabaBoneleli ngeenkonzo beNtshona Kapa. Oku kubandakanya izinto ezifuneka kuqala ezinje:
 - Ukungqinisisa neKhomishini yeeNkampani kunye neKhomishini yeLungelo loBumnini (iCIPC) bobhaliso lwenkampani neenkcukacha zobumnini.
 - Isibhambathiso esifungelweyo ngabo bonke abanokuba ngababizi maxabiso kwifomu WCBD 4.
 - Ungeniso lweprofayile yeBBBEE ethelekiswa neenkcukacha ezikuvimba weenkcukacha kwiSebe lezoRhwebo noShishino (iDTI).
- Ukuphunyezwa koMyalelo 4A kaNondyebo kaZwelonke wama-2016, ekufuneka bonke ababoneleli ngeenkonzo abaceba ukwenza ushishino norhulumente babhalise kuVimba weeNkcukacha zabaBoneleli ngeenkonzo. (Imvume inikezelwe nguNondyebo kaZwelonke kuNondyebo wePhondo ukuqhuba uVimba weeNkcukacha zabaBoneleli ngeenkonzo baseNtshona Kapa ngaxeshanye noVimba weeNkcukacha eziBalulekileyo zabaBoneleli ngeenkonzo). Ezi nkcukacha zibalulekileyo zabanokuba ngababoneleli ngeenkonzo ziqinisekisiwe kwiCSD:
 - Ubhaliso lweshishini, kubandakanya iinkcukacha zolawulo nobulungu;
 - Nkcukacha zobunikazi be-akhawunti yebhanki;
 - Isimo "Kwinkonzo kaRhulumente";
 - Isimo sokuthobela irhafu;
 - Inombolo yesazisi;
 - Inqanaba lesimo seBBBEE;
 - Ukusilela ekunikeneni ixabiso lomsebenzi nesimo sesithintelo; kunye
 - Nokuchongwa nokuqinisekiswa kwengozi yokuhendeka okunokubakho kubasebenzi ngokweNgxelo yoThotyelo kaNondyebo wePhondo.
- Ukuqhuba uqeqesho lonyaka kunye namacweyo asesikweni malunga nokuziphatha.

5 Indlela yokuziphatha

I-DTPW ithobela iMigaqo yokuziPhatha yeNkonzo yoLuntu. Imigangatho ephezulu yokuziphatha kwezoshishino efunekayo kubasebenzi bakarhulumente abaqeshwe

yiDTPW. Bonke abasebenzi banoxanduva lokuqinisekisa ukuba ukuziphatha kwabo kusesikweni kwaye kuyafuneka ukuba beze nako nakuphina ukuchasana okungakhona kwiMigaqo yokuziphatha kumphathi wabo. Incwadi yeMigaqo yokuziphatha ihanjiselwa kubo bonke abasebenzi nge-intanethi rhoqo ngenyanga yesibini. Bonke abasebenzi abatsha bayaziswa ngolwazi kwimbalelwano yabo yengqesho ukuba iMigaqo yokuziphatha iyafumaneka kwiwebhusayithi yeWCG.

6 Imicimbi yezempilo, ukhuseleko nobume bezendalo

UMthetho wezeMpilo noKhuseleko eMsebenzini ubeka uxanduva kwiDTPW ukuqinisekisa ngokhuseleko lwezakhiwo zayo, kunye nokuqinisekisa impilo nokhuseleko lomakhi kunye nabasebenzi bakhe. Ukuza kuthi ga ngoku, ubuncinane beemfuno bunxulumene nokuba ingaba lo mngcipheko kufuneka ulawulwe njani kwiziza zeziseko zophuhliso zibekwe emgangathweni zaza zakhiwa kubaququzeleli bamaXwebhu eZibizi maxabiso zoLwakhiwo olumiselwe yiCIDB. Ukuza kuthi ga ngoku ngokubhekisele kwizibonelelo zothutho, kufuneka kwenziwe uvavanyo lwempembelelo yobume bezendalo.

I-DTPW ineKomiti yoKhuseleko noKhuseleko esebenzayo equka abameli abavela kwiSebe lezoKhuseleko loLuntu.

Ukuxhasa ukukhutshwa ngokungxamisekileyo okusebenzayo, izicwangciso zokufuduswa ezingama-22 ezivunyiweyo ziye zaqwalaselwa kunyaka mali wama-2018/19. Zilishumi iindlela zokubaleka eziqhutyiweyo. I-DTPW iqalise ukuhlaziya isiCwangciso sokuQhubeka noShishino yaza yavelisa neBCP yaManzi.

7 IKomiti eMiyo kwezoThutho neMisebenzi yoLuntu

7.1 Ikomiti eMiyo kwezoThutho neMisebenzi yoLuntu

7.1.1 Imbalelwano ye-imeyile yeKomiti eMiyo yomhla we-16 kweyoKwindla wama-2018 kwaye, impendulo yeDTPW ithiwe thaca apha ngezantsi.

Amaphepha, iingxelo kunye neenkukacha ezicelwe yiKomiti	Impendulo yeDTPW
<p>Kwimbalelwano ye-imeyile yomhla we-16 kweyoKwindla wama-2018, iKomiti yacela iDTPW ukuba ingenise ngokubhaliweyo isiCwangciso soHambo ngezoThutho ngePasika ungalulanga umhla wama-28 kweyoKwindla 2018. IKomiti yacela ukuba isicwangciso kufuneka sidityaniswe nezifundo esizifundwe kwisicwangciso seXesha leeHolide.</p>	<p>I-DTPW ingenise isiCwangciso esihlanganisiweyo soLawulo lweHambo ngezoThutho ngePasika kwiKomiti ngembalelwano ye-imeyile ngomhla wama-28 kweyoKwindla wama-2018T.</p> <p>Isicwangciso sibandakanya oku kulandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Umbono kunye noMnqophiso weDTPW kwiXesha lePasika malunga nokhuseleko ezindleleni; • IiNjongo eziQhubayo; • Uncitshiso kwimiceli mngeni yeXesha leeHolide • Phambi kwePasika; Ungenelelo lonyazelo mthetho; • Uthelekiso loKufa ngeXesha lePasika ngowama-2016/17; • Imihla ebalulekileyo kunye neMicimbi eMikhulu; • Iindawo ezinobuNgozi; • Amahlakani asebenzayo; • Imingeni eqhubekayo;

Amaphepha, iingxelo kunye neenkukacha ezicelwe yiKomiti	Impendulo yeDTPW
	<ul style="list-style-type: none"> Izathu eziphambili zengozi ezindleleni; Imingcipheko nezigrogriso; Ukuthunyelwa kokusebenza kwimpelaveki yePasika, ukuvulwa kwezikolo kunye noSuku lweNkululeko; IziCwangciso eziQhubayo zeNgingqi zeN1, N2, zeSixeko, eVredendal, kunye neMimandla yoNxweme oluseNtshona.

7.1.2 Ileta yeKomiti eMiyo ikhombe kwi-11/4/1/2/7 yama-26 kweyoKwindla wama-2018 (kulandela intlanganiso ngomhla we-14 kweyoKwindla wama-2018), kwaye iimpendulo zeeDTPW zidweliswe apha ngezantsi.

Amaphepha, iingxelo kunye nolwazi olucelwe yiKomiti	Impendulo yeDTPW
<p>IKomiti icele iDTPW ukuba ibonelele ngezi nkukacha zilandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> Ingxelo yokuSebenza kwePropathi; Inani loonokhontraktha kwibanga loku-1 nelesi-2 nakwibanga lesi-3 ukuya kwelesi-5 abaqeqeshwe ngokweNkqubo yoPhuhliso kwiYunithi yoPhuhliso loonoKontraktha kwiminyaka emithathu edlulileyo, kucaciswa ukuba bangaphi kwaba nokontraktha abangenele izivumelwano zenkqubo sikhokelo nesebe; kunye Ukuhlaziywa rhoqho kokubhalwa phantsi kolondolozo lweziseko zophuhliso ezisemva kunye noxinzelelo olunxulumene neziCwangciso zoLawulo lwee-Asethi zoMsebenzisi zamaSebe kaRhulumente, ngakumbi ezo zeSebe leMfundo eNtshona Kapa, kunye nesicwangciso sesebe sokulawula oku, sichaza ngokucacileyo uhlobo lweziseko zophuhliso, umceli mngeni ofumanekayo nezicwangciso zokujongana nale mingeni. 	<p>Impendulo yeDTPW kwiKomiti yayiqulathwe kwileta nakwizihlomelo (eyalathwe kwi-11/1/2/2 yeKomiti eMiyo yezoThutho neMisebenzi yoLuntu) yomhla wesi-6 kukaTshazimpunzi wama-2018 kunye neleta (eyalathwe kwi-11/4/1/1/2/7 yeKomiti eMiyo yezoThutho neMisebenzi yoLuntu) yomhla wesi-2 kweyeNkanga wama-2018.</p> <p>I-DTPW ibonelele ngekopi yeNngxelo yokuSebenza kwePropati yama-2016/17. Le ngxelo ivavanye ukusebenza kwezakhiwo ezikhethiweyo ezingama-35 ezivela kwipotfoliyo yezindlu nemihlaba yeWCG. Ezi zakhiwo zezabanikazi kunye/okanye zokuqeshisa - zokuhlala ii-ofisi kwiPhondo liphela ngaphezulu kwezikwere zeemitha ezili-1,000. Iiprothathi ezili-15 ziqeshisiwe zaze ezingama-20 yazezabanini beeprothathi.</p> <p>Njengenxalenye yeNkqubo yoPhuhliso loonoKontraktha, uluhlu loonokhontraktha abangama-20 abangene kwizivumelwano zenkqubo sikhokelo neSebe zangeniswa kwiKomiti. Ngapha koko, uluhlu loonokhontraktha abaye baqeqeshwa kule minyaka mithathu idlulileyo (kowama-2015/16, 2016/17 nowama-2017/18) nalo lwabonelelwa.</p> <p>Ingxelo yenkqubo yolondolozo yama-2018/19 kunye nokusilela kulwakiwo lwezibonelelo zophuhliso ngokunxulumene nesicwangciso soLawulo lwee-Asethi ezingaShenxiswayo zoMsebenzisi zeWCED ngomhla woku-1 kuTshazimpunzi wama-31 kweyeKhala wama-2018 yangeniswa kwiKomiti. Le ngxelo ikwaquka nezicwangciso zeDTPW zokujongana nale mingeni kunye nesindululo sesicwangciso sokulawula ukusilela.</p>

7.1.3 Ileta yeKomiti eMiyo yalathwe kwi-11/4/1/2/7 yomhla we-9 kuCanzibe wama-2018 ngokubhekisele kutyelelo lokongamela kwiSikolo samaBanga aPhantsi saKwa-Faku, kunye neleta ezilandelayo ezivela kwiKomiti eMiyo yomhla wama-23 kuCanzibe wama-2018, umhla wama-24 kuCanzibe wama-2018, umhla wama-25 kweyoMsintsi wama-2018 nembalelwano ye-imeyile yomhla we-9 kweyeDwarha wama-2018, umhla we-17 kweyeDwarha wama-2018 nowe-18 kweyoMqungu wama-2019, kwaye iimpendulo zeDTPW zidweliswe apha ngezantsi.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezicelwe yiKomiti	Impendulo yeDTPW
Kwileta yayo yomhla we-9 kuCanzibe ngowama-2018 iKomiti icele iDTPW kunye neSebe lezeMfundo laseNtshona Kapa ukuba baququzelele utyelelo lokongamela kwiSikolo saMabanga aPhantsi saKwaFaku. Injongo yolu tyelelo ibikukuvavanya imeko yeziseko zophuhliso esikolweni, ukuphanda ngenkqubela phambili malunga nokutshintsha isikolo nokuvavanya ifuthe leziphene kulwakhiwo kumgangatho wemfundo nakwimpilo ntle yootitshala nabafundi.	<p>Emva kotyelelo lweKomiti kunye neDTPW kwiSikolo saMabanga aPhantsi saKwa-Faku, iDTPW iphendule kwimicimbi ebhalwe kwiileta (eyalathwe kwi-11/1/2/2 yeKomiti eMileyo yezoThutho neMisebenzi yoLuntu eyalathwe kwi-11/4/1/1 / 2/7 yeKomiti eMiyo yezoThutho neMisebenzi yoLuntu) yomhla wama-29 kuCanzibe wama-2018, umhla wesi-5 kweyeDwarha wama-2018, umhla we-12 kweyeDwarha wama-2018, umhla wama-26 kweyeDwarha wama-2018 nowama-29 kweyoMqungu wama-2019.</p> <p>IKomiti yabonelelwa ngezi nkukacha zilandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Uluhlu lwezinto ezinokuba nefuthe kumhla wokugqitywa; • Inkqubela phambili ngokwasekupheleni kweyoMsintsi wama-2018; • linkukacha zokuqeshwa kukanokontraaktha wokwakha; • Ukuqeshwa kweGosa loNxibelelwano loLuntu; • Ixabiso lesivumelwano seprojekthi efakwe endaweni yezibonelelo zophuhliso lweSikolo samaBanga aphantsi KwaFaku; kunye • Nemeko yenkqubela phambili ngowama-29 kweyoMqungu wama-2019.
Kwileta yayo yomhla wama-23 kuCanzibe wama-2018, iKomiti yacela ukuba iDTPW inike uluhlu lwezinto ezinokuba nefuthe kumhla wokugqitywa kolwakhiwo.	
Kule leta yayo yangomhla wama-24 kuCanzibe wama-2018, iKomiti yamema iDTPW entlanganisweni kuxoxwe ngokunokwenzeka xa kuhlelwa izinto ukuze kubekho iziphumo ezihle zokugqitywa ngethuba nomhla wokuziswa kwezinto kwiSikolo samaBanga aphantsi.	
Kwileta yayo yomhla wama-25 kweyoMsintsi wama-2018, iKomiti icele uhlaziyo ngobume bemicimbi kwiSikolo samaBanga aphantsi KwaFaku.	
Kwimbalelwano ye-imeyile yomhla wesi-9 kweyeDwarha wama-2018, iKomiti ifune oku kulandelayo: <ul style="list-style-type: none"> • linkukacha ezithe vetshe ngobukhali nefuthe lobunzima ngokubhekisele ekukhetheni nasekuqeshweni kweGosa loNxibelelwano loLuntu; • Igama likanokontraaktha elityunjelwe ukwakha isikolo esitsha kunye nexabiso lokugqitywa kweprojekthi. 	
Kwimbalelwano ye-imeyile yomhla we-17 kweyeDwarha wama-2018, iDTPW yacelwa ukuba icebise iKomiti ngexabiso elipheleleyo leprojekthi.	
Kwimbalelwano ye-imeyile yomhla we-18 kweyoMqungu wama-2019, iKomiti yacela iDTPW ukuba inike iingxelo ngenkqubela eyenziweyo ukuze kuqinisekiswa ngemeko yangoku esikolweni.	

7.1.4 Ileta yeKomiti eMiyo yalathwe kwi-11/4/1/2/7 yomhla wama-23 kuCanzibe wama-2018, kulandela utyelelo lokongamela kwiSikolo samaBanga aPhantsi iHawston, kunye nengxelo yomhla wama-22 kuCanzibe wama-2018 eyaqulunqwa yaza yamkelwa yiKomiti, kunye nempendulo yeDTPW ithiwe thaca apha ngezantsi.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha zeKomiti	Impendulo yeDTPW
Kule leta yayo nengxelo, iKomiti iyisombulule lo nto, njengenxenywe yomsebenzi wayo wokongamela, lbiza kuphanda inkqubela phambili kuvuselelo lwebala lemidlalo, ukungena komoya kwikhithi leholo nokuvuza kwamanzi.	I-DTPW izimase utyelelo lokongamela kwiSikolo samaBanga aphantsi iHawston ngomhla wama-22 kuCanzibe wama-2018. Ingxelo yeKomiti kutyelilelo yaqatshelwa yiDTPW.

7.1.5 Izindululo zeKomiti eMiyo kwileta yayo zalathwe kwi-11/4/1/1/2/7 yomhla wama-23 kuCanzibe wama-2018, kulandela utyelelo lokongamela kwiGeorge Link, kunye nengxelo yomhla wama-22 kuCanzibe wama-2018 eyaqulunqwa yaza yamkelwa yiKomiti, kwaye iimpindulo zeDTPW zithiwe thaca apha ngezantsi.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha zeKomiti	Impendulo yeDTPW
Kwileta nengxelo yayo, iKomiti icele ungenelelo olungxamisekileyo oluvela kubaphathiswa bezoThutho neMisebenzi yoLuntu, uRhulumente waseKhaya, iMimbi yezoBume beNdalo noCwangciso loPhuhliso malunga nobudlelwane phakathi kukaMasipala waseGeorge kunye neGeorge Link, ukunqongophala kwemibutho yothehathethwano ngaphakathi kumasipala kunye nokhuseleko lwaBalawuli. Ngaphezulu koko, iKomiti icele ukuba ungqazulwano oluphakathi koshishino lweeteksi eNtshona Kapa malusonjululwe kwaye luza kuwulandelela lo mba nesebe. IKomiti icebise ukuba, njengenxalenye yesicwangciso sotshintsho sexesha elide leGeorge Link, kufuneka ikhuthaze ukumelwa ngokwesini kwaye icinge ngeendlela ezintsha zokwenza njalo, xa kujongwa inkxalabo yezokhuseleko yaBalawuli.	Impendulo yeDTPW malunga noku inikwe iKomiti ngembalelwano ye-imeyile yomhla wesi-3 kweyeDwarha wama-2018. Isebe liphendule ngale ndlela: <ul style="list-style-type: none"> UMphathiswa uGrant kunye noMphathiswa uBredell badibene nabaLawuli beGeorge Link ngokubhekiselele kukhuseleko lwabo kunye nobuzima obufunyenwe noMasipala. UMphathiswa uGrant, uBredell noMeyer badibene nabameli beBhunga laseGeorge ukuqubisana nemicimbi yokungavumelani ebandakanya iPhondo, iBhunga neGeorge Link. Ngenxa yolu thehthwano, kusekwe iqela eliza kuquka abameli abavela kwiDTPW nakwiBhunga laseGeorge ukuze kuqinisekise ukuba izigqibo ezifanelekileyo ziyathathwa kwaye ziyaphunyezwa.

7.1.6 lileta zeKomiti eMiyo zalathwe kwi-11/4/1/1/2/7) zomhla we-12 kweyeSilimela wama-2018 nowama-23 kweyeKhala wama-2018, neempindulo zeDTPW zithiwe thaca apha ngezantsi.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezicelwe yiKomiti	Impendulo yeDTPW
Kwileta yayo yomhla we-12 kweyeSilimela wama-2018 iKomiti icele ukuba iDTPW iyichazele ngomgaqo nkqubo wayo ngokunxulumene nesiza seHelen Bowden kwakunye nemeko yangoku yemicimbi kwindawo leyo.	Impendulo ye-DTPW kwiKomiti malunga noku inikezelwe ngeelefa (eyalathwe kwiTPW 11/1/2/2 / iKomiti eMiyo yezoThutho neMisebenzi yoLuntu), yomhla we-14 kweyeThupha wama-2018 iqhoboshela iziHlomelo A-E, kunye nowe-13 kweyeNkanga wama-2018.
Ukulandela intlanganiso yomhla we-17 kweyeKhala wama-2018 malunga nendawo yaseHelen Bowden, iKomiti eMiyo kwileta yayo yomhla wama-23 kweyeKhala wama-2018, yacela ezi nkukacha zilandelayo: Isebe linikezela ngengxelo malunga nenkampani yezokhuseleko eyathi yanikwa ikhontrakthi yokubonelela ngokhuseleko kwesi siza, ichaza inkqubo yokuthengwa kwempahla eyayilandelwa kunye namagama abanini benkampani, ubungakanani besivumelwano kunye novavanyo lokusebenza kwenkampani.	

7.1.7 Imbalelwano ye-imeyile yeKomiti eMiyo yomhla wama-23 kweyeThupha wama-2018 kwaye, impindulo yeDTPW ithiwe thaca apha ngezantsi.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezicelwe yiKomiti	Impendulo yeDTPW
IKomiti icele ubukho beDTPW entlanganisweni yangomhla wama-28 kweyeThupha wama-2018 yokuqwalaselwa nokwamkelwa koyilo lwengxelo yesigunyaziso sokugqibela kwiSigwebo soLawulo soMthetho oYilwayo woLungiso kuLwaphulo Mthetho kwezoThutho eziNdleleni (i-AARTO).	I-DTPW izimase intlanganiso yeKomiti eMiyo ebe ibanjwe ngomhla wama-28 kweyeThupha wama-2018. Izimvo zangaphambilini kuMthetho oYilwayo woLungiso zalungiselelwa, zatyikitywa nguMphathiswa uGrant wazingenisa kwikomiti kwileta (eyalathwe kwiTPW1/3/1/1/1 yezimvo zoMthetho oYilwayo woLungiso we-AARTO womhla wama-27 kweyoKwindla wama-2018.

7.1.8 lileta zeKomiti eMiyo (zalathwe kwi-11/4/1/1/2/7) yomhla wesi-3 kweyoMsintsi wama-2018 nowama-25 kweyoMsintsi wama-2018, neempendulo zeDTPW zithiwe thaca apha ngezantsi.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezicelwe yiKomiti	Impendulo yeDTPW
Kwileta yayo yomhla wesi-3 kweyoMsintsi wama-2018, iKomiti imeme iDTPW ukuba izimase intlanganiso yeKomiti ngomhla we-11 kweyoMsintsi wama-2018 ukunika inkcazo kwimeko yemicimbi yangoku kuShishino lweeTeksi kwiNtshona Kapa ngokukhethekileyo eyalathe kwinkqubela phambili ngokubhekisele kwinkqubo yothethwano okungoku nje luqhubekayo.	I-DTPW izimase intlanganiso yeKomiti ngomhla we-11 kweyoMsintsi wama-2018.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezicelwe yiKomiti	Impendulo yeDTPW
<p>Kulandela intlanganiso yeKomiti yomhla we-11 kweyoMsintsi wama-2018, iKomiti kwileta yayo yomhla wama-25 kweyoMsintsi wama-2018 icele iDTPW ukuba ibonelele ngoku kulandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Uhlaziyo kwintlanganiso ebe ibanjwe phakathi kwabo, icandelo leeteki noMasipala waseGeorge kumcimbi wokukhutshwa kwamaphepha mvume abaqhubi; • linkukacha ekwandeni kwesimanga sa "Amaphela" (iiteksi ezincinci ezizi-Avanza ezilokishini) nezenzo zolwaphulo mthetho ezinxulumene noko, inqanaba leSebe lolwazi nendima yalo kwicandelo, imimiselo elawula eli candelo negunya elinoxanduva malunga nezigaba ezithathu zikarhulumente; • Ikopi yesigwebo sikaNtsebeza nezindululo; • Uluhlu loomasipala abaphumeze esi sigwebo kwakunye nabo bangaphumezanga, ngokukhethekileyo kukhomba kulawulo oluthile; kunye • Nesciwangciso sokwenza sikhona ukuqinisekisa ngothotyelwano nezindululo zikaNtsebeza 	<p>I-DTPW iphendule kwileta yeKomiti yomhla wama-25 kweyoMsintsi wama-2018 kwileta (eyalathwe kwiTPW 11/1/2/2/ yeKomiti eMileyo kwezoThutho neMisebenzi yoLuntu) yomhla we-12 kweyeDwarha wama-2018. Impendulo iqulathe oku kulandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • I-DTPW idibene nabasebenzi beeteki eGeorge phantsi kobunkokheli bekomiti yeCandelo lama-79. Inkqubo yokukhupha amaphepha mvume okuqhuba yacaciswa ngokucacileyo. Yasonjululwa kwintlanganiso yekomiti eyayohlukile eyayiza kusekwa ukuqubisana nalo mba. Ibhunga laseGeorge lagunyazisa ikomiti yeCandelo lama-79 ukuqhubeka nothethathethwano necandelo leeteki. • Kwiminyaka eli-12 edlulileyo kubekho ukwanda okuqinileyo kweeteki Amaphela kwiilokishi ezinje ngoLanga, Guguletu neNyanga. Ngelixa umgangatho wezithuthi nabaqhubi abangenawo amaphepha mvume okuqhuba iyimiceli mngeni eboniswa ngokukusebenza kwa- Amaphela, iSAPS ayikwazi ukunxulumanisa ngokuthe ngqo unxibelelwano lolwaphulo mthetho apho ii-Avanzas okanye Amaphela axelwa njengalawo athi asetyenziswe, ngabaqhubi okanye yimibutho ethile. • Ikopi yeKomiti kaNtsebeza yeNgxelo yoPhando (yama-2005) yanikezelwa. • Izindululo zeKomiti kaNtsebeza yoPhando zazigxile ikakhulu kwiintshukumo zeeteki kwiSixeko seKapa. ISixeko sisekwinkqubo yokuphumeza izindululo. • I-DTPW ibeka esweni kwaye ikhokela uphunyezo lwezindululo zeKomiti kaNtsebeza ngokukhokela kunye/okanye ukuthatha inxaxheba kulwakiwo lobudlelwane boorhulumente olufanelekileyo (iSAPS Prov.Joints, i-IMTAC, neKomiti eJolise kwezoThutho).

7.1.9 Iileta zeKomiti eMiyo (zalathwe kwi-11/4/1/1/2/7) yomhla wama-28 kweyoMsintsi wama-2018 nowe- 14 kweyoMqungu wama-2018, nempendulo yeDTPW ithiwe thaca apha ngezantsi.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezicelwe yiKomiti	Impendulo yeDTPW
<p>Kwileta yayo yomhla wama-28 kweyoMsintsi wama-2018, iKomiti imeme isebe ukuza kuchazela iKomiti ngeNgxelo zoNyaka zeDTPW nezoThutho lweziThuthi zikaRhulumente (yama-2017/18).</p>	<p>I-DTPW izimase intlanganiso yeKomiti eMiyo ebanjwe ngomhla we-19 kweyeDwarha wama-2018 ukuchazela iKomiti ngeNgxelo zoNyaka zeDTPW nezoThutho lweziThuthi zikaRhulumente (yama-2017/18).</p>

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezicelwe yiKomiti	Impendulo yeDTPW
<p>Emva kokuchaza ngeNngxelo yoNyaka, iKomiti, kwileta yayo yomhla we-14 kweyeNkanga wama- 2018, icele iDTPW ukuba inikezele ngoku kulandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Uluhlu lwabacebisi nemirhumo yabacebisi enxulumene neConradie Better Living Model; • Ingxelo equlunqwe nguMasipala waseGeorge kuphuculo lwendlela edityaniswa nezigaba sokuqala ukuya kwesisithathu seGIPTN; • Ingxelo equlathe impumelelo yebali kwiNkqubo yoPhuhliso looNokotraktha abasaKhasayo; • Inani lezithathamifanekiso zomabona kude besekethe evaliweyo ezifakelweyo kwizikhululo zikaloliwe ezahlukeneyo kwiNtshona Kapa, ezo zisebenzayo, nesicwangciso sokulungisa ezo zingasebenziyo; kunye • Nengxelo kwiphulo leNkqubo yeMisebenzi yoLuntu eYandisiweyo kwiGMT apho abathathi nxaxheba bebenikwe isivumelwano sokwenza imisebenzi yolawulo naleyo ingeyoyalawulo ngokwalatha ngokukhethekileyo kumathuba awongezelelekileyo adalelelwe aba bathathi nxaxheba. 	<p>Impendulo yeDTPW yanikezelwa kwileta (eyalathwe kwi-11/1/2/2/ yeKomiti eMiyo kwezoThutho neMisebenzi yoLuntu) yomhla wesi-13 kweyomNga wama-2018. Impendulo ibandakanya oku kulandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Uluhlu lwabacebisi nemirhumo yabacebisi enxulumene neConradie Better Living Model; • Ingxelo kwimpumelelo yamabali omntu oonokotraktha ababekade beyinxalenye yeNkqubo yoPhuhliso looNokotraktha abasaKhasayo. Oku kubandakanya uMampho Sotshongaye osuka kwiGolden Rewards (eKuilsvier), uGlenville Marinus (eVredenburg) noFranco Bocks osuka kwiF Bocks Painters (eMalmesbury). • Malunga nokungasebenzi kwezithathamifanekiso zeCCTV ezifakwe kwizikhululo zikaloliwe ezahlukeneyo, igunya leDTPW lichaziwe kuMthetho wezoThutho loMhlaba kaZwelonke kwaye linesithintelo ekukwazini ukuphendula ngqo kwimiba echaphazela imisebenzi yomzila kaloliwe. <p>linkukacha zabathathi nxaxheba be-EPWP kwiGMT apho abathathi nxaxheba benikwe isivumelwano semisebenzi yolawulo naleyo ingeyiyo eyolawulo.</p>
<p>IKomiti iqhubekile ukucebisa ukuba iDTPW kufuneka ikhuthaze ugunyaziso olusuka kwiPRASA ukuya kulawulo lwengingqi lweMetrorail ukuze kuthathwe amanyathelo ngokukhawuleza ukufumana izibonelelo zophuhliso ezifunekayo, ukuze kubonelelwe abakhweli ngenkonzo ephucukileyo nekhuselwe kileyo.</p>	<p>IKomiti yaziswe ukuba iintlanganiso zesiqhelo nentsebenziswano ziyabanjwa phakathi koRhulumente weNtshona Kapa, abaPhathiswa bakaZwelonke abohlukeneyo kunye namagosa aphezulu ePRASA. I-DTPW iza kuqhubeka ukuhlola zonke iindlela ezinokwenzeka ukuxhasa isisombululo kwingxaki yomzila kaloliwe kodwa ekugqibeleni isigqibo sithumela abasemagunyeni abakwiPRASA.</p>

7.1.10 Iileta zeKomiti eMiyo (eyalathwe kwi-11/4/1/1/2/7) yomhla wama-28 kweyeNkanga wama-2018 nowe-15 kweyoMdumba wama-2019, neempendulo zeDTPW zithiwe thaca apha ngezantsi:

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezicelwe yiKomiti	Impendulo yeDTPW
<p>Kwileta yayo yomhla wama-28 kweyeNkanga wama-2018, iKomiti imeme iDTPW ukuba izimase iintlanganiso yeKomiti ngomhla wesi-5 kweyoMdumba wama-2019 ukuyichazela ngenkqubela phambili eyenziweyo ngokunxulumene nomcimbi woshishino nezibonelelo ezicacileyo ezinxulumene nokuthinjwa kwezithuthi ngokubhekiselel kuMthetho oYilwayo woLungiso loLawulo lwezoThutho lweNdllela zePhondo leNtshona Kapa.</p>	<p>I-DTPW izimase iintlanganiso yeKomiti ngomhla wesi-5 kweyoMdumba wama-2019.</p>

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezicelwe yiKomiti	Impendulo yeDTPW
<p>Ukulandela intlanganiso yeKomiti ngomhla wesi-5 kweyoMdumba wama-2019, iKomiti kwileta yayo yomhla we-15 kweyoMdumba wama-2019, icele ezi nkukacha zilandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ingxelo ecacileyo kwisithuthi esasifakelwe ubuchwepheshe obutsha saza ekugqibeleni satsha kwindawo yaseBeaufort West ngexesha leholide; • Inani lamagosa ezothutho abe ethunyelwe ngexesha leholide ayanyaniswa nenani lamaxesha okusebenza athe la magosa azisebenza; kunye • Nelona nani lamagosa ezothutho ebe kufanele ukuba aqeshiwe. 	<p>Impendulo yeDTPW yanikezelwa kwileta (eyalathwe kwi-11/1/2/2/ yeKomiti eMiyo kwezoThutho neMisebenzi yoLuntu) yomhla wama-28 kweyoMdumba wama-2019. Impendulo ibandakanya oku kulandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ingxelo ecacileyo yanikezelwa kwisithuthi esasifakelwe ubuchwepheshe besithathamifanekiso esitsha esathi satsha ngomhla wama-24 kweyeNkanga wama-2018. Isithuthi saphela sibuyiselwa kwiGMT yaseKapa ukuqinisekisa ngonobangela womlilo nokulungiselela umsebenzi wolungiso. Izindululo zenziwa yinjini engumkhandi kwaye oku kwaphunyezwa. Nangona kungabangakho siphene sicacileyo ebe sinokubalelwa kwinkampani ebonelela nefakela ubuchwepheshe bezithathamifanekiso ezitsha, inkampani inike ixabiso lazo zonke iindleko ezinxulumene nomonakalo. • Ingxelo ebonakalisa abasebenzi abathunyelwe ngexesha leholide ukusuka ngomhla woku-1 kweyoMnga wama-2018 ukuya kowe-15 kweyoMqungu wama-2019. Ingxelo ikwabandakanya ucalucalulo lamaxesha okusebenza abawasebenzileyo. <p>Ngokumalunga nelona nani lamagosa ezothutho ekufanele ukuba aqeshiwe, iDTPW iphendule ngokuthi ukuba yenze iinzame ezinentsingiselo ekuyileni kwakhona ngendlela apho uLawulo lwezoThutho luqhuba ushishino. Noko ukusefenziswa kobuchwepheshe, ukusebenza nokuphumelela koLawulo lwezoThutho kuphucukile. Ngenxa yeenkqubo neendlela ezintsha, imodeli yonke yoshishino itshintshile. Oku kufuna ukuba inkqubo yohlengahlengiso yombutho ekulindeleke ukuba igqitywe kwinyanga ezingama-24. Emva koko iDTPW iya kuba kwimeko engcono yokuphendula.</p>

7.1.11 Iileta zeKomiti eMiyo (ezalathwa kwi-11/4/1/1/2/7) yomhla we-11 kweyoMdumba wama-2019 nowama-28 kweyoMdumba wama-2019, kwaye iimpindulo zeDTPW zithiwe thaca apha ngezantsi.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezicelwe yiKomiti	Impendulo yeDTPW
<p>Kwileta yayo ngomhla we-11 kweyoMdumba wama-2019, iKomiti imeme iDTPW neKomiti yePropathi yePhondo (iPPC) ukuba izimase inTlanganiso yeKomiti ngomhla wama-20 kweyoMdumba wama-2019 ukuyichazela ngomgaqo nkqubo wokulahlwa kwepropathi yephondo ngokubhekisele kwinkqubo yokulahlwe kwepropathi kunye nendima yePPC kuyo.</p>	<p>I-DTPW izimase inTlanganiso yeKomiti ngomhla wama-20 kweyoMdumba wama-2019.</p>

7.1.12 Ileta yeKomiti eMiyo (eyalathwa kwi-11/4/1/2/16) yomhla we-12 kweyoMdumba wama-2019, nempindulo yeDTPW ithiwe thaca apha ngezantsi.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezicelwe yeKomiti	Impendulo yeDTPW
Kwileta yayo yomhla we-12 kweyoMdumba wama-2019, iKomiti imeme iDTPW ukuze izimase iNtlanganiso yeKomiti ngomhla wesi-7 kweyoKwindla wama-2019 ukuyichazela ngeVoti ye-10: ezoThutho neMisebenzi yoLuntu kwiShedyuli kuMthetho oYilwayo woLwabiwo eNtshona Kapa, wama-2019.	I-DTPW izimase intlanganiso yeKomiti ngomhla wesi-7 kweyoKwindla wama-2019.

7.1.13 Kwimbalelwano ye-imeyile yeKomiti eMiyo yomhla wama-21 kweyoMdumba wama-2019, neempendulo zeDTPW zithiwe thaca apha ngezantsi.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezicelwe yeKomiti	Impendulo yeDTPW
<p>Kwimbalelwano yayo yomhla wama-21 kweyoMdumba wama-2019, iKomiti imeme iDTPW ukuba izimase iNtlanganiso yeKomiti ngomhla we-14 kweyoKwindla wama-2019 ukuxoxa ngoku kulandelayo;</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ingqalelo nolwamkelo loyilo lweNgxelo yeKomiti kuVoto lwe-10: ezoThutho neMisebenzi yoLuntu kwiShedyuli yoMthetho oYilwayo woLwabiwo eNtshona Kapa, wama-2019; • Ingqalelo nolwamkelo loyilo lwemizuzu yeKomiti yomhla wama-20 kweyoMdumba wama-2019 nowesi-7 kweyoKwindla wama-2019; • Ingxelo yekota (kweyoMqungu ukuya kweyoKwindla wama-2019); • INgxelo yoNyaka yama-2018/19; kunye • Nengqalelo nolwamkelo lwengxelo yesigunyaziso sokugqibela kuMthetho oYilwayo wezoThutho loMhlaba kaZwelonke (NCOP). 	I-DTPW izimase intlanganiso yeKomiti ngomhla we-14 kweyoKwindla wama-2019.

8 Izindululo zeKomiti yee-Akhawunti zoLuntu (iPAC)

8.1 Ipendulo kwingxelo yePAC kwiNgxelo yoNyaka wama-2017/18 yomhla we-14 kweyomNga wama-2018

IKomiti iqaphele uluvo lophicotho zincwadi luka-AGSA ngokumalunga neengxelo zemali zeDTPW ngonyaka mali wama-2017/18, efumene ingxelo yophicotho zincwadi olusulungekileyo ngaphandle kweziphakamiso zeziphumo. Uluvo lophicotho zincwadi luhlala lungaguquki ukusuka kunyaka mali wama-2016/17.

Uluvo loPhicotho

UMphicothi zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika akabanga naziphakamiso kwiziphumo kunye neSebe ngokuhambelana nemithetho nemimiselo, iinjongo ezilungiselelwe kwangaphambili okanye ulawulo lwayo lwangaphakathi.

Ulawulo lwezemali

ISebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu lichithe izigidigidi ezisi-R7.5 zohlahlo lwabiwo mali, lwezigidigidi ezisi-R7.5, okukhokelele kwinkcitho mali engaphantsi kwezigidigidi ezingama-R44.9 (0.6%).

IKomiti iqaphele ukuba iyonke inkcitho mali engaphantsi kwiSebe yenzeke phantsi kwezi nkqubo zilandelayo ngenxa yeNdleko yeNgqesho, iNkonzo neMpahla, uDluliselo neZibonelelo nokuHlawulelwa kwee-Asethi eziNkulu.

Inkqubo yoku-1: Ulawulo (izigidi ezi-R2.2)

Inkcitho mali engaphantsi kwiCOE ubukhulu becala ibangelwa kukungazaliswa kwezithuba ngexesha ebelicwangcisiwe, kunye nokuqotywa okuqhelekileyo kokuncedisana kwabasebenzi, iindleko zazo ezikwanefuthe kwimpahla nakwiinkonzo ezinxulumene noko. Ngaphezulu kokuchithwa ngaphantsi kwemali kwiCOE nakwimpahla neenkonzo ezinxulumene noko, ezichaphazele zonke iinkqubo, izizathu ezongezelelweyo zonxaxho kwinkcitho zichazwe ngokwenkqubo engezantsi.

Inkqubo yesi-2: Izibonelelo zophuhliso zeMisebenzi yoLuntu (Izigidi ezingama-R24.2)

Ukuchithwa ngaphantsi kwemali kwixabiso lepropathi ubukhulu kungenxa yee-invoysi ezingekahlawulwa zerhafu ezindleleni kwakunye nenkqubo etya ixesha yokungqinisisa nokungqamanisa ii-akhawunti.

Inkqubo yesi-3: Izibonelelo zophuhliso kwezothutho (Izigidi ezili-R9.5)

Oomasipala abathile abawafakanga amabango ezibonelelo zabo zolwakhiwo nolondolozo lwezibonelelo zophuhliso kwezothutho ngexesha lonyaka mali wama-2017/18. Oku kukhokelele kwinkcitho mali enganeno kumda kwinkqubo yeentlawulo ezidlulisweyo njengoko oomasipala bengakwazanga ukuphumeza iiprojekthi zezibonelelo zophuhliso njengoko bekucwangcisiwe.

Inkqubo yesi-5: UmMiselo kwezoThutho (Izigidi ezisi-R7.5)

Inkcitho mali engaphantsi kwiCOE ubukhulu becala ibangelwa kukungazaliswa kwezithuba ngexesha ebelicwangcisiwe, kunye nokuqotywa okuqhelekileyo kokuncedisana kwabasebenzi, iindleko zazo ezikwanefuthe kwimpahla nakwiinkonzo ezinxulumene noko. Ngaphezulu kokuchithwa ngaphantsi kwemali kwiCOE nakwimpahla neenkonzo ezinxulumene noko, ezichaphazele zonke iinkqubo.

Inkqubo yesi-6: IiNkqubo eziSekelwe kuLuntu (Amawaka ali-R937 000)

Inkcitho mali engaphantsi kwiCOE ubukhulu becala ibangelwa kukungazaliswa kwezithuba ngexesha ebelicwangcisiwe, kunye nokuqotywa okuqhelekileyo kokuncedisana kwabasebenzi, iindleko zazo ezikwanefuthe kwimpahla nakwiinkonzo ezinxulumene noko. Ngaphezulu kokuchithwa ngaphantsi kwemali kwiCOE nakwimpahla neenkonzo ezinxulumene noko, ezichaphazele zonke iinkqubo.

Ukongeza, uhlahlo mali lwengeniso yesebe iyonke sisi-R1.4 sezigidigidi saqokelelwa ngaphezulu ngama-R229 ezigidi, ekhokelele ekubeni isebe lifumane isi-R1.7 sezigidigidi

Ukuqokelelwa ngaphezulu kwengeniso kwenzeke phantsi kwezi zinto zilandelayo:

- Amaphepha mvume ezithuthi (i-R173 lezigidi);
- Ukuthengiswa kwempahla neenkonzo (ama-R35 ezigidi);
- Udluliselo lwemali efunyenweyo (isi-R3 sezigidigidi);
- nzala, izabelo kunye nerenti yomhlaba (ama-R984 000);
- Iintlawulo, izigwebo kunye nokulahlekelwa (isi-R1.3 sezigidigidi);
- Ukuthengiswa kwee-asethi ezinkulu zeSebe (ama-R475 000); kunye
- Nentengiselwano kwii-asethi zemali kunye namatyala (i-R15 lezigidi).

IKomiti iqaphele ukuba ukuchithwa ngaphantsi kwemali kwiSebe kwenzeke phantsi kwezizalathisi zoqoqosho zilandelayo:

- Iintlawulo zangoku (i-R18 lezigidi);
- Udluliselo nezibonelelo (i-R19 lezigidi);
- Iintlawulo zee-asethi ezinkulu (isi-R7 sezigidigidi); kunye
- Neentlawulo zee-asethi zemali (ama-R208 000)."

Izimvo nezindululo zeKomiti zithiwe thaca kwitheyibhile engezantsi.

Inombolo yesindululo	Isihloko	linkcukacha	Impendulo yeSebe	Isonjululwe?
5.1	Umhlathi wesi-5 (Izisombululo zesebe ngokuxananazileyo) – Iphepha lama-474	IKomiti icela ukuba onke amasebe namaqumrhu kaWCG zilandele amagqabantshintshi eNgxelo yoNyaka yezoThutho neMisebenzi yoLuntu yama-2017/18. Isizathu sesicelo esinje kukuba iKomiti iyithathele ingqalelo indlela yokunika ingxelo "eyandisiweyo" (ngemibhalo esemazantsi, njl. phantsi kwezihloko ezininzi namanqaku emali. Oku kunike ingcaciso enkulu kwiKomiti kwaye kukhokelele ekubekweni esweni okunentsingiselo, okwakhayo kunye nobunobunzulu.	Iqatshelwe lileta eziza kutsala umdla weSebe kunye noThutho lweziThuthi zikaRhulumente kwisicelo zithunyelwe kuSekela Mlawuli Jikelele: EzeMali nakwiNtloko: EzoThutho lweziThuthi zikaRhulumente ngomhla we-10 kweyoMqungu wama-2019.	Ewe
5.2	Umhlathi wesi-5 (Izisombululo zesebe ngokuxananazileyo) – Iphepha lama-474	Amasebe abonelele, phantsi kweCandelo C: uRhulumento, ithuba ebonelela ngoluhlu lwalo lonke uphando lwamatyala eeNkonzo zoPhando lweNkundla zePhondo (iPFS) ahleli evuliwe, kubandakanya loo matyala athe agqitywa ngempumelelo. IKomiti icela ukuba onke amasebe namaqumrhu kaWCG abonelele ngombhalo emazantsi ephepha phantsi kwethayibhile ethile, kuzo zonke iingxelo zonyaka ezilandelayo, zibonisa oku kulandelayo: 5.2.1 Uhlobo lwamatyala; 5.2.2 Ngawaphi amatyala adluliselwe kwiiNkonzo zamaPolisa aseMzantsi Afrika ukuze aphantwe futhi; kunye 5.2.3 Neziphumo zawo onke amatyala ePFS.	Iqatshelwe lileta eziza kutsala umdla weSebe kunye noThutho lweziThuthi zikaRhulumente kwisicelo zithunyelwe kuSekela Mlawuli Jikelele: EzeMali nakwiNtloko: EzoThutho lweziThuthi zikaRhulumente ngomhla we-10 kweyoMqungu wama-2019.	Ewe

Inombolo yesindululo	Isihloko	linkcukacha	Impendulo yeSebe	Isonjululwe?
5.4	Umhlathi wesi-5 (Izisombululo zesebe ngokuxananazileyo) – Iphepha lama-474	IKomiti igqibe ukuba onke amasebe namaqumrhu anike ingxelo kutshintshelo oluthe lwenziwa phakathi kwexesha loLwabiwo oluLungelelanisiweyo nasekupheleni konyaka mali ozayo ngamnye walo, kubandakanya apho iinkqubo zotshintsho zenziwe khona. Amasebe namaqumrhu kukwafuneka anike ingxelo yempembelelo yolo tshintsho. Isikhokelo singathathwa kumaphepha ukusuka kwele-16 ukuya kwele-19 eNngxelo yoNyaka yeSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu yonyaka mali wama- 2017/18.	Iqatshelwe lileta eziza kutsala umdla weSebe kunye noThutho lweziThuthi zikaRhulumente kwisicelo zithunyelwe kuSekela Mlawuli Jikelele: EzeMali nakwiNtloko: EzoThutho lweziThuthi zikaRhulumente ngomhla we-10 kweyoMqungu wama-2019.	Ewe
5.5	Umhlathi wesi-5 (Izisombululo zesebe ngokuxananazileyo) – Iphepha lama-474 nelama-475	Apho iSebe kunye/okanye iQumrhu lithatha uhambo olusemthethweni lwangaphandle kwemida yeli kunyaka mali wama-2017/18, iKomiti icela iNngxelo yohambo olunjalo. INgxelo kufuneka ibandakanye ezi nkcukacha zilandelayo: 5.5.1 Impembelelo yohambo olunjalo; 5.5.2 Inkcitho kuhambo olunjalo; 5.5.3 Okufunyanisiweyo kuphando lohambo lwangaphandle; 5.5.4 IsiCwangciso soPhunyezo seNtshona Kapa esisekelwe kwiziphumo zohambo; 5.5.5 Iindawo umasipala apho isiCwangciso soPhunyezo siye sasetyenziswa khona; kunye 5.5.6 Nempumelelo, imiceli mngeni neziphumo zesiCwangciso soPhunyezo olunjalo.	linkcukacha zanikezelwa kuMququzeleli weKomiti.	Ewe

Inombolo yesindululo	Isihloko	Iinkcukacha	Impendulo yeSebe	Isonjululwe?
5.6	Umhlathi wesi-5 (Izisombululo zesebe ngokuxananazileyo) – Iphepha lama-475	<p>IKomiti igqibe ukuba onke amasebe namaqumrhu kaRhulumente waseNtshona Kapa, kuzo zonke iingxelo zonyaka ezizayo, zibonelele ngesalathisi seenkqubo zohlahlo mali olusabelayo kwisini.</p> <p>Uhlahlo mali olusabelayo kwisini lubhekisa kulwabiwo lwemithombo yemali ngendlela eyakuthi isabele ngokulinganayo kwizidingo ezitsala umdla kwabasetyhini nakumadoda nokuqinisekisa ukuba isini ngasinye siyaxhamla ngokulinganayo kwiinkonzo ezihanjiswa ngokusebenzisa imithombo. Sisicwangciso sokunyusa isantya senguqu ngokusesikweni ukuphelisa ukungalingani okwakhiwe phakathi kwabasetyhini namadoda. Ngokufanayo nokuLungelelaniswa ngokweSini, apho oku kuneengcambu khona, uhlahlo mali lwesini lubandakanya uhlahlo mali olulungelaniwe nokuqinisekisa ukuba abasetyhini namadoda banikwa isabelo sobulungisa bohlahlo mali nemithombo enxulumene noko.</p> <p>Isiphumo sohlahlo mali olusabela kwisini kukusabalalisa ngokulinganayo imithombo nenzuzo ngokwesini. Oku kufuneka ukuba uhlahlo mali lwangoku lujonge calanye ngokwesini lukhetha amadoda neemeko zawo.</p>	<p>Iqatshelwe</p> <p>Ileta malunga noku yathunyelwa kuSekela Mlawulu Jikelele: isiCwangciso ukuCeba nokuLungelelanisa kumhla we-10 kweyoMqungu wama-2019.</p>	Ewe

Inombolo yesindululo	Isihloko	Iinkcukacha	Impendulo yeSebe	Isonjululwe?
	<p>Umhlathi wesi-6 (Imicimbi exelwe kwikomiti emiyo yeWCPP) – Iphepha lama-475</p>	<p>Ukuba iKomiti eMiyo kwezoThutho neMisebenzi yoLuntu ihlela intlanganiso neSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu ukuze ibe nothethathethwano neSebe kwizixhobo eliziphuhlileyo neliziphumezileyo, okanye eliza kuziphuhlisa nelizakuziphumeza, ukuze liqubisane nombona onxulumene nodushe kwezoThutho nemiceli mngeni.</p> <p>Umba ovele kwincaciso ebe ibonelelwe liSebe phantsi kweyona mingcipheko yesicwangciso inikwe ingqalelo kwaye kuqutyiswene nayo ngexesha lonyaka mali wama-2017/18. Owona mngcipheko wesicwangciso ukhethekileyo ubalulwe phantsi kwesihloko esithi "Eyona Mingcipheko yesiCwangciso inikwe iNgqalelo kwaza kwaQutyiswana nayo eNyakeni" kwiphepha le-155 leNgxelo yoNyaka yeSebe ngonyaka mali wama-2017/18.</p> <p>Ukuba iKomiti eMiyo kwezoThutho neMisebenzi yoLuntu ihlele intlanganiso neSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu.</p>	<p>Iqatshelwe</p> <p>Ileta malunga noku yathunyelwa kuSekela Mlawuli Jikelele: uLawulo lwezoThutho ngowe-10 kweyoMqungu wama-2019.</p>	<p>Ewe</p>

Inombolo yesindululo	Isihloko	Iinkcukacha	Impendulo yeSebe	Isonjululwe?
	<p>Umhlathi wesi-7 (Imicimbi emayiqwalaselwe ziiKomiti zoPhicotho zincwadi zeWCG) – Iphepha lama-475 nelama-476</p>	<p>IKomiti iqaphela iingxelo ezivela kuSihlalo weKomiti yoPhicotho zincwadi apho iindawo ezibalulekileyo zophuculo zither zachongwa. Ezinye zezi ndawo zibalulekileyo ziluhlupho kwiKomiti ngokuba azikhange ziphunyezwe ngonyaka mali wama-2017/18 kwaye zingadala umngcipheko kumasebe kunye/okanye kumaqumrhu. UNkszn Judy Gunther waqinisekisa iKomiti, kwintlanganiso yomhla wama-25 kweyeDwarha wama-2018, ukuba iindawo ezibalulekileyo zophuculo zichongiwe, zalondolozwa zaze zagqitywa ngonyaka mali wama-2017/18. Nangona kunjalo, iKomiti ihleli ixhalabile kwaye ibongoza iikomiti zophicotho zincwadi zikaWCG ukuba zidibane rhoqo kunokuba kuhleliwe ngekota, apho kunokwenzeka, ukuze kuqutyiswane ngempumelelo ukwandiswa ngokubanzi uphuculo kwindawo ezibalulekileyo kwisebe nakumaqumrhu.</p> <p>Ngokucebisana neSebe, uthethwano rhoqo kufuneka luhlelwe neKomiti yoPhicotho zincwadi lweSebe.</p>	<p>Iqatshelwe</p> <p>Ileta malunga noku yathunyelwa kuSekela Mlawuli Jikelele: Ingciniseko ngeQumrhu ngomhla we-16 kweyoMqungu wama-2019.</p>	<p>Ewe</p>

Inombolo yesindululo	Isihloko	Iinkcukacha	Impendulo yeSebe	Isonjululwe?
	<p>Umhlathi wesi-8 (Iziphumo zoPhando ngokuBanzi)- Iphepha lama-476 ukuya kwelama-478</p>	<p>IKomiti inqwenela ukunika ingcebiso kumasebe nakumaqumrhu ukuze kuthathwe ingqwalasela yemingcipheko exananazileyo ethe yachongwa yiKomiti yoPhicotho zincwadi ngonyaka mali wama- 2017/18. Oku kubandakanya oku kulandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Utoliko lwemicimbi yophicotho zincwadi enxulumene neeNtlawulo zoDluliselo ngokuchasene neMpahla neeNkonzo luphazamisa ulawulo kuhanjiso lwenkonzo engundoqo; • Ukudalula uluhlu lwempahla – ukunyuka okunzima kweemfuno; • Ukulingwa kweNkqubo yoLawulo lweMali eHlangeneyo (i-IFMS) kwiNtshona Kapa; • Intshukumo kuPhicotho zincwadi oluSulungekileyo ukuya kuPhicotho zincwadi loMsebenzi (olusebenzayo, olunako nophicotho olunoqoqosho) kunye nohanjiso lwenkonzo; • Impembelelo yokusebenzisa iModified Cash Standard yemiqathango yokunika ingxelo malunga nokuhlanganiswa kwee-asethi noluhlu lwempahla; • Naliphi na ifuthe elibangelwe luhlaziyo lwangoku lwemiMiselo kaNondyebo; • Imingcipheko engephi yezoqoqosho: Impembelelo yokuthotyelwa ezantsi kwezemali; • Umgaqo nkqubo nomngcipheko wophunyezo lohlahlo mali: Izicelo zenkcitho engxamisekileyo nengacwangciswa ekhokelela kuxinzelelo lomgangatho ophezulu wenkcitho; • Developing inventory management systems as the inventory disclosure note will become a requirement in future; • Any impact resulting from the current review of Treasury Regulations; and • Unapproved deviations from National Instruction Notes. 	<p>Iqatshelwe</p> <p>lileta malunga noku zithunyelwe kwiSekela Mlawuli Jikelele: eZemali neNtloko: ezoThutho lweziThuthi zikaRhulumente ngomhla we-10 kweyoMqungu wama-2019.</p>	<p>Ewe</p>

Inombolo yesindululo	Isihloko	linkcukacha	Impendulo yeSebe	Isonjululwe?
	Umhlathi wesi-7 – “Ngokufanayo, iKomiti inqwenela ukuvundlisa amasebe namaqumrhu kaWCG ngezi zibhengezo zitsha zilandelayo kwimingcipheko ukuba kuzakufuneka ubeko sweni oluqhubekayo ngonyaka mali wama-2018/19:	<p>Amanqaku emiyalelo kaZwelonke: Amanqaku emiyalelo akhutshwa nguNondyebo kaZwelonke ngokuqhubekayo ngokwecandelo lama-76 lePFMA. Amalungiselelo eNtshona Kapa kukuba uNondyebo wePhondo awahlaziye la manqaku emiyalelo aze ayikhuphele kumasebe ngamacandelo ahlukeneyo kunye nezigqeba ngendlela ekhethekileyo. Umngcipheko ukhona wokuba kungakho ukungathobeli okubonakalayo ukuba amanqaku emiyalelo kazwelonke ayithotyelwa, apho imvume efunekayo evela kuNondyebo kaZwelonke ukuba emke kubo ibingafumanekanga njengoko kufunwa licandelo lama-79 le-PFMA.</p> <p>Imimiselo kanondyebo iyahlaziywa ngoku, enokuthi ivelise inani leemfuno ezintsha ukuba nje ziqalise ukusebenza.</p> <p>Ukuhlanganiswa kwempahla yexabiso: Amasebe ayakhuthazwa ukuba ahlanganise ii-asethi kwiirejista zawo njengoko iya kuba yimfuneko kwixesha elizayo. Umhla onguwo wokuhlanganiswa kwee-asethi yecandelo awukagqitywa okwangoku.</p> <p>Imimiselo kanondyebo iyahlaziywa ngoku, okunokuthi kuvelise inani leemfuno ezintsha ukuba nje ziqalise ukusebeza.</p> <p>Ukuhlanganiswa kwee-asethi: Amasebe ayakhuthazwa ukuba ahlanganise ii-asethi kwiirejista zawo zee-asethi njengokuba iza kuba yimfuneko kwixa elizayo. Umhla onguwo wokuhlanganiswa kwee-asethi yecandelo awukagqitywa okwangoku.</p> <p>Uluhlu lwempahla: Amasebe ayakhuthazwa</p>		

Inombolo yesindululo	Isihloko	Iinkcukacha	Impendulo yeSebe	Isonjululwe?
		<p>ukuba aphuhlise iinkqubo zawo zolawulo loluhlu lwempahla njengenqaku lesibhengezo soluhlu lwempahla liza kuba yimfuno kwixa elizayo. Umhla onguwo wokubhengeza uluhlu lwempahla lusaza kumiselwa nguMcwangcisi mali Jikelele.</p> <p>Umxholo wendawo: Iimfuno zokuthotyelwa komxholo wendawo kwimpahla yorhwebo kumacandelo abekiweyo ziyasebenza kuzo zonke iziniki maxabiso. Iziniki maxabiso zekota ngokwemiMiselo yeNkqubo yeNtengo yama - 2017 inikwa onke amabhaso angaphezulu kwama-R30 000.</p> <p>Amaphepha mvume eBBBEE: Umbhalo osemazantsi ephepha wesi-3 kuMyalelo kaNondyebo 4A wama-2016-17 uqaphele ukuba uVimba weNkcukacha zabaBoneleli ngeenkono (iCSD) akaliqinisekisi inqanaba lesimo seBBBEE kwaye imisela umhla wexesha lokuqinisekiswa kweBBBEE (ngowoku-1 kweyeDwarha wama-2016). I-ofisi yegosa eliyintloko lentengo (i-OCPO) isilele ekufezekiseni lo mhla wokuvalwa kwaye ukuza kuthi ga ngoku i-CSD ayikasiqinisekisi isimo seBBBEE sababoneleli ngeenkono. Umyalelo awukawakhuphi amaziko ekuthobeleni iimfuno zoMthetho wePPPF zokufumana ubungqina obufanelekileyo benqanaba lesimo seBBBEE (umz. Ubungqina obufungelweyo).</p> <p>Umthetho weBBBEE: Umhlathi 13G ufuna zonke izigaba zikarhulumente, amaqumrhu karhulumente kunye namacandelo karhulumente ukuba anike ingxelo ngokuthobela ukuxhotyiswa ngokubanzi kwabantu abantsundu kwezoqoqosho</p>		

Inombolo yesindululo	Isihloko	Iinkcukacha	Impendulo yeSebe	Isonjululwe?
		<p>kwiingxelo zabo zonyaka eziphicothiweyo kunye neengxelo zonyaka ezifunekayo phantsi kwePFMA. Iingxoxo ziyaqhubeka phakathi kwe-AGSA neKhomishini yeBBBEE yokwandisa le mfuno kuphicotho zincwadi kunyaka mali wama kunyaka-mali wama-2018-19.</p> <p>Uvimba weeNkcukacha zabaBoneleli ngeenkonz: I-OCPO yazisa ngoVimba weeNkcukacha zabaBoneleli ngeenkonz ngomhla woku-1 kweyoMsintsi wama-2015, ifikeleleka ku www.csd.gov.za, eza kuthi inciphise umthwalo wezolawulo kubo bobabini umnikeli zinkonz nomlawuli. Inkqubo iqinisekisa ize ingqinise iinkcukacha ne-SARS, iiNkampani neKhomishini yeLungelo loBumnini, kunye neSebe leMicimbi yezeKhaya, phakathi kwezinye izinto. Inkqubo yayinyanzelekile ukusukela ngowoku-1 kuCanzibe wama-2016 kubo bonke ababoneleli ngeenkonz kurhulumente kazwelonke nowephondo nakumaziko kula macandelo mabini karhulumente.</p> <p>Isango lokungena kwiziBizi maxabiso nge-Intanethi: Ababoneleli ngeenkonz abahlangabezana nazo zonke iimfuno zokuthobela bangafikelela kumathuba ngokhangela ku www.eTenders.gov.za.</p> <p>Isango lenza ukuba ababoneleli ngeenkonz babenokufikelela bizi maxabiso thengisi bakwazi ukufikelela kwizibizi maxabiso ezipapashwe eqongeni. Ukuphunyezwa okunyanzelekileyo kweli sango kwakususela ngomhla woku-1 kuCanzibe wama-2016.</p>		

Inombolo yesindululo	Isihloko	Iinkcukacha	Impendulo yeSebe	Isonjululwe?
17.3.1	<p>Iphapha: le-155 leNngxelo yoNyaka</p> <p>Isihloko: "Imingcipheko ephambili ecwangcisiweyo iqwalaselwe yaza yalungiswa apha enyakeni"</p> <p>Inkcazelo: IKomiti iqaphela imingcipheko yesicwangciso esiphambili seSebe esithe saqwalaselwa kwaze kwaqutyiswana naso kunyaka mali wama-2017/18 nokunxulumene ngokukodwa nodushe nezenzo zolwaphulo kwezoThutho loluntu. IKomiti ingafuna ukufumanisa ukuba zeziphi iindlela ezenziweyo liSebe ukunqanda ukuphindeka kwakhona kwezi zenzo ezinokuthi zibeke umngcipheko wazo kwixesha elizayo.</p>	<p>Ukuba iSebe lichazele iKomiti eMiyo ngezoThutho neMisebenzi yoLuntu ngeendlela ezithe zaphuhlisa zaze zaphunyezwa ukunqanda ukwenzeka kwakhona kodushe nezenzo zolwaphulo mthetho eNtshona Kapa. IKomiti eMiyo kufuneka emva kokuba ichazelwe liSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu, yazise iKomiti yee-Akhawunti zikaRhulumente ngentlanganiso ebibanjiwe.</p>	<p>Iqatshelwe.</p> <p>Ileta yokulungiselela intlanganiso eyiliweyo yathunyelwa kuSekela Mlawuli Jikelele: AbaLawuli bezothutho yomhla we-10 kweyoMqungu wama-2019.</p>	Ewe
17.3.2	<p>Iphapha: lama-240 leNngxelo yoNyaka</p> <p>Isihloko: "Ulwabiwo ngokodidi lwezoqoqosho".</p> <p>Inkcazelo: IKomiti iqaphela ukuba iSebe libandakanye, ngakumbi ngokukodwa, ulwabiwo mali lokugqibela, ndawonye neyona nkcitho kanye kunyaka mali wama-2016/17. Oku kwenza uvavanyo lokwahlukahlukana kulwabiwo kwinkcitho kube lula ukuluvavanya xa kuthelekiswa nonyaka mali wama-2017/18. Ukongeza, iKomiti incoma uhlobo iSebe elinike ngayo ingxelo yayo kurhulumento nemicimbi yemali. ISebe licacise ngokunzulu obungumangaliso kurhulumento lwayo nakwimicimbi yemali ngokusebenzisa imibhalo engezantsi ephepheni nakwimihlathi ukubonelela ngokucacileyo kwimicimbi ethe yaxelwa.</p>	<p>Ukuba iSebe labelane ngemizekelo yayo kumacandelo "C" (uRhulumento no"E" (Iinkcukacha ngezeMali) nawo onke amasebe noRhulumente weNtshona Kapa ukuzeancedise amasebe namaqumrhu ekuthobeleni uniko lwengxelo ngendlela efanayo (ecacisa ngokubonelela ngeenkukacha ezicacileyo) xa kunikwa ingxelo kuyo yonke iminyaka mali ezayo.</p>	<p>Iqatshelwe</p> <p>Ileta yathunyelwa kuwo onke amasebe namaqumrhu ukuze babelane ngemizekelo yeSebe kumaCandelo "C" no "E" ngomhla we-16 kweyoMqungu wama-2019.</p>	Ewe

8.2 Uluhlu lweenkcukacha ezifunekayo

Ukuba iDTPW ibonelela iKomiti ngoku kulandelayo:

8.2.1 Ikopi yomsebenzi owenziweyo ("Umsebenzi owenziweyo") liCandelo loLawulo lwezeMali, njengoko kubonisiwe kwiphepha le-174 ukuya kwele-176 leNgxelo yoNyaka.

(linkcukacha zanikezelwa kuMququzeli weKomiti)

8.2.2 Ingxelo eqaqambisa amagama abacebisi, kwakunye nonookontraktha bezibonelelo zophuhliso (kubandakanya amabhaso abo esivumelwano) abathe banesivumelwano neSebe, njengoko kubonisiwe kwiphepha lama-218 ukuya kwelama-230 eNgxelo yoNyaka yeSebe.

(linkcukacha zanikezelwa kuMququzeli weKomiti).

8.2.3 Ingxelo eqaqambisa iiprojekthi eziqhutywe ngabacebisi kunye nezivumelwano ezinefuthe elihle kugqithiso lwezakhono kunyaka mali wama-2017/18, njengoko kubonisiwe kwiphepha lama-218 ukuya kwelama-230 leNgxelo yoNyaka yeSebe.

(linkcukatha zinikezelwe kuMququzeleli weKomiti).

8.2.4 Umyalelo weNkundla owawunikezelwe onxulumene ne-Arhente yabaHambi ngoLoliwe yaseSA xa yathi yakrweca iNkundla ePhakamileyo ngenjongo yokurhoxiswa kwemvume yayo yokhuseleko nguMlawuli woKhuseleko kuLoliwe kweyeDwarha wama-2018.

(linkcukatha zinikezelwe kuMququzeleli weKomiti).

9 Ulungiso kwangaphambili kwiiNgxelo zoPhicotho zincwadi

Akubangakho zilungiso kwiiNgxelo zoPhicotho zincwadi.

10 Icandelo loLawulo lwezeMali

Injongo yeCandelo loLawulo lwezeMali kukuqinisekisa ngeendlela ezifanelekileyo zolawulo lwemali. Ngexesha lonyaka mali ophantsi kohlaziyo, ugxininiso belungokuqinisekisa ukuthotyelwa kwabathunywa abaphunyeziweyo, ukuvavanywa kokuthobela iirisithi zesipho zenkcitho, ukubona nokuthintela inkcitho etenxileyo, engenaziqhamo neyilahleko, ukwenza uhlobo lwezemali olumiselwe kwangaphambili njengoko kubonisiwe kwisicwangciso sokusebenza, uphando olwenziweyo, kunye nokubonelela ngeenkonzo zolawulo ngobumenemene neenkonzo zolawulo lwelahleko.

Imiba	Umsebenzi owenziweyo
Abathunywa bezemali	<p>AbaThunywa abangamaGosa aLawulayo ePFMA, kowama-2018:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Umyalelo wezeMali woku-1 wama-2018 wakhutshwa ngomhla we-19 kuTshazimpunzi wama-2018 • (Ulungiso loku-1 lowama-2018) lukhutshwe ngomhla wama-26 kweyoMsintsi wama-2018 <p>AbaThunywa beSCM yePFMA, kowama-2014:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Umyalelo wezeMali wesi-6 wama-2006 (Ulungiso loku-1 lowama-2018) – Inqaku lama-340 nelama-346 labathunywa beCPS balungelelaniswe nabaThunywa bezemali
Uphuhliso, uhlatziyo nolungiso lweeSOPs nemigaqo nkqubo ukuphucula ulawulo lwezemali	<ul style="list-style-type: none"> • ImiGqaliselo ye-ERMCO ngowama-2018 ukuya kowama-2019: <ul style="list-style-type: none"> - Umyalelo wezeMali wesi-2 wama-2018 wakhutshwa ngomhla wama-24 kuCanzibe wama-2018 • UQwalaselo kwakhona koNyaka sesiBonelelo sokuphila neZibonelelo zokuya eNkampini: <ul style="list-style-type: none"> - Umyalelo wezeMali wesi-5 wama-2018 ukhutshwe ngomhla wama-20 kweyeKhala wama-2018 • Ulungiso lwe-ERMCO TOR lwama-2018-19 ukuze kusebenze kwindibano entsha yokunika amagama: <ul style="list-style-type: none"> - Umyalelo wezeMali wesi-6 wama-2018 wakhutshwa ngomhla we-12 kweyeDwarha wama-2018 • Umvuzo wama-2018 wamaLungu angekho mthethweni – iiKhomishini zoPhando neeKomiti zoPhicotho zincwadi: <ul style="list-style-type: none"> - Umyalelo wezeMali wesi-8 wama-2018 wakhutshwa ngowama-24 kweyeDwarha wama-2018 • Ulungelelwaniso lowama-2018 lwamanqanaba omvuzo – Imigodlo yoncedo lwenkonzo kwabo basezi-Ofisini zeMithetho ethile kunye namanye amaZiko enzuzo: <ul style="list-style-type: none"> - Umyalelo wezeMali we-9 wama-2018 wakhutshwa ngomhla wama-24 kweyeDwarha

Imiba	Umsebenzi owenziweyo
	<p>wama-2018</p> <ul style="list-style-type: none"> • Uluhlu lweMiyalelo yezeMali esasebenzayo nethe yarhoxiswa: <ul style="list-style-type: none"> - Umyalelo wezeMali we-10 wama-2018 wakhutshwa ngomhla wesi-5 kweyomNga wama-2018. • Uphicotho zincwadi oluMiselwe yi-AGSA ngowama-2018: <ul style="list-style-type: none"> - Umyalelo wezeMali we-11 wama-2018 wakhutshwa ngomhla wesi-5 kweyomNga wama-2018 • Isicwangciso soThintelo loBumenemene noRhwapilizo seSebe sowama-2018-19: <ul style="list-style-type: none"> - Umyalelo wezeMali wesi-5 wama-2010 (iSongezo soku-1 sama-2018) wakhutshwa ngomhla we-15 kweyeKhala wama-2018 • Uqeqesho loKwazisa ngoBumenemene lowama-2018-19: <ul style="list-style-type: none"> - Umyalezo wezeMali we-15 wama-2013 (iSongezo soku-1 sama-2018) wakhutshwa ngomhla wesi-7 kweyoMsintsi wama-2018. • Inkcitho yeZityo: <ul style="list-style-type: none"> - Umyalelo wezeMali wesi-4 wama-2014 (uLungiso loku-1 lama-2016) wakhutshwa ngomhla wama-26 kweyoMsintsi wama-2018 • Ulwamkelo lwesiCwangciso sokuChasene noBumenemene noRhwapilizo soWCG lwama-2018: <ul style="list-style-type: none"> - Umyalelo wezeMali we-13 wama-2016 (iSongezo soku-1 sama-2018) wakhutshwa ngomhla wama-24 kweyeSilimela wama-2018 • Umgaqo nkqubo wokuChasene noBumenemene noRhwapilizo weSebe: <ul style="list-style-type: none"> - Umyalelo wezeMali we-15 wama-2016 (iSongezelelo soku-1 sama-2018) wakhutshwa ngomhla wama-24 kweyeKhala wama-2018 • 2018 Ulwamkelo loMgaqo nkqubo wobuNtamnani woWCG: <ul style="list-style-type: none"> - Umyalelo wezeMali we-18 wama-2016 (iSongezo soku-1 sama-2018) wakhutshwa ngomhla wesi-7 kweyoMsintsi wama-2018 • Iindlela zoQulatho lweNdleko: <ul style="list-style-type: none"> - Umyalelo wezeMali wama-31 wama-2016 (iSongezo soku-1 sama-2018) wakhutshwa ngomhla we-16 kweyeKhala wama-2018. • Isicwangciso soPhunyezo loThintelo loBumenemene noRhwapilizo sama-2018-19: <ul style="list-style-type: none"> - Umyalelo wezeMali wama-32 wama-2016 (iSongezo soku-1 sama-2018) wakhutshwa ngomhla wama-29 kuCanzibe wama-2018
lingxelo zePFS	Inggalelo ethathiweyo kwizindululo zeengxelo ezisi-8 ezifunyenweyo

Imiba	Umsebenzi owenziweyo
Inkqubo yophicotho zincwadi lwangaphandle	Ukuqinisekisa ukuqhubeka nesiphumo sophicotho lonyaka wangaphambili, umsebenzi obalulekileyo wolungiselelo wenziwa phambi kokuqala komjikelo wophicotho omtsha kweyomNga wama-2018
Inkqubo yophicotho zincwadi lwangaphakathi	Ngokowama-31 kweyoKwindla wama-2019, iingxelo ezi-6 zafunyanwa, kwaye ukuphunyezwa kwezindululo kwalawulwa ngokwesicwangciso soPhuculo loLawulo lwamaShishini eSebe (iDCGIP). Ukongeza koku, iingxelo zeengcebiso ezi-3 zafunyanwa zaze zasetyenziswa.
Ukugcina iinkcukacha zemali	Kunyaka mali wama-2018-2019 iirisithi zezipho ezingama-41 980 zeBAS ziqinisekisiwe malunga neengxelo zolawulo loxwebhu lonyaka ukuqinisekisa ngokugqibelela nokukhuseleka kweenkcukacha zemali
Ukunika ingxelo	
<ul style="list-style-type: none"> • I-PAC (Izisombululo) 	Ngonyaka
<ul style="list-style-type: none"> • IKhomishini yeNkonzo yoLuntu (Ukungaziphathi kakuhle ngokwezeMali) 	Ngekota
<ul style="list-style-type: none"> • I-DPSA (uRhwaphezulu noBumenemene) 	Ngekota
<ul style="list-style-type: none"> • AbaLawuli abaPhezulu (iDCGIP) 	Ngenyanga
<ul style="list-style-type: none"> • IKomiti yoPhicotho zincwadi (iDCGIP) 	Ngekota
<ul style="list-style-type: none"> • AbaLawuli abaPhezulu (iNkcitho eTenxileyo, engenaNzuzo neyilahlako) 	Ngenyanga
<ul style="list-style-type: none"> • I-ERMCO (isicwangciso soPhunyezo lwesicwangciso soThintelo loBumenemene neeRejista zoMngcipheko loBumenemene) 	Ngekota
<ul style="list-style-type: none"> • I-HYM (iNkcitho eTenxileyo, engenaNzuzo neyilahlako) 	Ngenyanga
I-DCGIP	I-DCGIP ihlaziyiwe ngeziphumo zophando ezisuka kwiingxelo zoLawulo lwe-AGSA, iingxelo zoPhicotho zincwadi lwangaPhakathi, uhlatutyo lomsantsa kuNondyebo wePhondo, iingxelo zePFS nezindululo zePAC Ekupheleni konyaka, iiprojekthi ezisi-17 malunga noku zibekwe esweni
Incwadi yokundisa ngokwezeMali kwinkqubo yoLawulo loMxholo kwezoMbane	Ulondolozo lwenkqubo nokufaka amaxwebhu olawulo kuyaqhubeka

Imiba	Umsebenzi owenziweyo
Uhlolo lwezeMali	Inani lohlolo lokuthobela nohlolo lwe-ad-hoc oluqhutyiweyo: 35 Iirisithi zezipho zentlawulo ezingama-6 471 zeBAS neLOGIS [iInkqubo yeeNkcukacha zoLungiselelo] zaphicothwa kamva. Njengenxalenye yesiCwangciso sokuQhuba uHlolo, izongezelelo zeeNtlawulo zeLOGIS neBAS zonyaka mali ziqinisekise ngokuchanekileyo ngaphambi kokuba zingeniswe kwiiNgxelo zeMali zoNyaka (i-AFS).
lifayile zamatyala oLawulo lweLahleko: Amatyala anxulumene namabango achasene norhulumente, umonakalo kuThutho lweziThuthi zikaRhulumente nelahleko kushenxiso lwee-asethi	Ibhalansi yokuvula ngomhla woku-1 kuTshazimpunzi wama-2018 (346) Amatyala amatsha abhalisiweyo (356) Amatyala avaliweyo ngowama-31 kweyoKwindla wama- 2019 (178) Ibhalansi ngokowama-31 kweyoKwindla wama-2019 (523)
lifayile zamatyala otenxo, angenanzuzo nawelahleko	Ibhalansi yokuvula ngowoku-1 kuTshazimpunzi wama-2018 (0) Amatyala amatsha abhalisiweyo (2) Ewonke amatyala aphantliweyo (2) Amatyala avaliweyo (2) Ibhalansi ngokowama-31 kweyoKwindla wama-2019 (0)

11 ULawulo oluyiNtloko lweCandelo lweNtengiso: ICandelo loLawulo nokuPhathwa kweMfuno

ICandelo loLawulo: Igunya loRhulumento neCandelo loLawulo lweMfuno kukunikezela ngenkonzo malunga nokucwangcisa, uthotyelo, nolawulo lomsebenzi, uxhotyiso ngezakhono nolawulo lwemfuno. Kunyaka mali ophantsi kohlaziyo, icandelo lolawulo lubandakanyiwe kuphunyezo nosetyenziso lweNkqubo yeSCM ye-AO, kananjalo nokuphucula iinkqubo zayo ngophuhliso, ukuhlaziya nokulungiswa kweenkqubo zokuqubisana nentswelo yolawulo lwangaphakathi. ICandelo lolawulo lukwanoxanduva lolawulo lweenkqubo zoqeqesho.

Imiba	Umsebenzi owenziweyo
-------	----------------------

Imiba	Umsebenzi owenziweyo
Izimvo zeSCM	<p>Ibonelele ngezimvo kule miyalelo ilandelayo (Izimvo ezihlanganisiweyo zinikezelwe kuNondyebo wePhondo):</p> <ul style="list-style-type: none"> • Isahluko 16A: iSCM yeMpahla neeNkonzo (Uyilo) • Icandelo lama-53 loMthetho woBulungisa ngokweNgqesho, we-1998 (Likhutshiwe) • Umyalelo kaNondyebo kaZwelonke: Uthatho nxaxheba kulo naluphi na ulungiselelo lwesivumelwano ngenkqubo yobizo maxabiso ngokukhuphisanayo lilo naliphi na icandelo likarhulumente (Uyilo) • UMthetho woLungiso kuPhuhliso lwabaMnyama kwezoQoqosho (Uyilo) • Umthetho weCIDB (Uyilo) • Uhlaziyo loMgaqo nkqubo weeHambo lukaZwelonke (Uyilo)
IKomiti yee-Akhawunti zoLuntu:	IYunithi yeSCM ilawule yaza yenza umsebenzi wokulungiselela, uncedo nemiboniso kwiKomiti eMiyo.
Ukukhutshwa, uphuhliso, uhlaziyo, nolungiso lweeSOPs nemigaqo nkqubo ukuphucula iSCM:	<ul style="list-style-type: none"> • Umyalelo weSCM woku-1 wama-2018/19: iGMT: Uthutho lwezithuthi ezifumana inkxaso: Incwadana yezothutho lwezithuthi ezifumana inkxaso • Umyalelo weSCM wesi-2 wama-2018/19: Ukusebenzisa gwenxa izithuthi zikaRhulumente: iinkqubo zokuqinisekisa ukungaguquki nezicelo zabo zoluleko (usetyenziso gwenxa lwezithuthi zeGG) • Umyalelo weSCM wesi-3 wama-2018/19: Ubhaliso lwazo zonke iinkcukacha zabaqhubi bezithuthi zikarhulumente kuvimba weenkukacha zomhambisi zithuthi • Umyalelo weSCM wesi-4 wama-2018/19: Ukusetyenziswa kwezithuthi zePhuli yeGG lesebe lezothutho (uNdlunkulu) • Umyalelo weSCM wesi-5 wama-2018/19: UkuValwa okweThutyana kweMali wama-2018/2019 ukuqulunqwa kwengxelo yeLOGIS yokuqulunqwa kwezimvo ezibhengezwe kwinqaku lama-27 eeNgxelo zeMali zoNyaka <ul style="list-style-type: none"> • Umyalelo weSCM wesi-6 wama-2018/19: Imihla yokupapashwa kokuphela konyaka • Umyalelo weSCM wesi-7 wama-2018/19: EzoHambo neNdawo yokuhlala • Umyalelo weSCM we-11 wama-2018/19: Isicwangciso seNtengiso woNyaka Mali wama-2018/2019 ngokumalunga nentengiso yempahla, imisebenzi kunye/okanye iinkonzo ezigqithileyo kwi-R100 000

Ubungakanani kunye nophunyezo lwenkqubo yezakhono

La mangenelelo oqeqesho alandelayo azinyasiwe enyakeni:

Umhla	Inkcazo	Uhlobo loqeqesho	Inani labazimasi
we-17 ukuya kwi-18 kuTshazimpunzi wama-2018	Inkqubo yoMthetho yokuSombulula iiNgxwabangxwaba zoKwakha	Lwangaphandle	3
wama-23 kuTshazimpunzi wama-2018	Ukuqhubeka koluleko kubaphathi / kwabongameleleyo	Lwangaphakathi	1
wama-21 ukuya kuma-23 kuCanzibe wama-2018	Ingqungquthela yeHlabathi yokuThengwa kweSmart	Inkomfa	12
we-9 ukuya kowe-11 kuCanzibe wama-2018	Inkomfa yoLawulo lweMali yoLuntu	Inkomfa	5
we-10 kuCanzibe wama-2018	Umboniso wamaShishini amaNcinci	Umboniso	3
we-18 ukuya kowama-20 kweyeSilimela wama-2018	UkuziPhatha noLawulo loMngcipheko -eCPT	Lwangaphandle	26
wama-25 ukuya kowama-27 kweyeSilimela wama-2018	UkuziPhatha noLawulo loMngcipheko -eCPT	Lwangaphandle	26
wesi-4 ukuya kowesi-6 kweyeSilimela wama-2018	Ikhosi ye-IDMS SCM	Lwangaphandle	4
we-10 kweyeKhala wama-2018	Umthetho wokuKhuselwa kweeNkcukacha zaBantu (iPOPI)	Lwangaphakathi	19
we-16 ukuya kwi-18 kweyeKhala wama-2018	UkuziPhatha noLawulo loMngcipheko -eEden	Lwangaphandle	22
wesi-7 kweyeThupha wama-2018	Umthetho wePOPI	Lwangaphakathi	18
wesi-7 ukuya kwisi-8 kweyeThupha wama-2018	Inkqubo yoMthetho yokuSombulula iiNgxwabangxwaba zoKwakha	Lwangaphandle	16
wama-21 kweyeThupha wama-2018	Umthetho wePOPI	Lwangaphakathi	15

Umhla	Inkcazo	Uhlobo loqeqesho	Inani labazimasi
wama-22 kweyeThupha wama-2018	Ucweyo lweKomiti yokuziPhatha kwiCandelo loLuntu	Lwangaphandle	2
we-12 ukuya kwi-13 kweyoMsintsi wama-2018	Inkomfa yoKwakha eKapa	Inkomfa	5
we-11 kweyoMsintsi wama-2018	Umthetho wePOPI	Lwangaphakathi	16
we-18 ukuya kwi-19 kweyoMsintsi wama-2018	Inkqubo yoMthetho yokuSombulula iiNgxwabangxwaba zoKwakha	Lwangaphandle	15
wama-20 kweyoMsintsi wama-2018	Umthetho wePOPI	Lwangaphakathi	17
we-12 ukuya kwi-14 kweyoMsintsi wama-2018	Ukuziphatha noLawulo loMngcipheko -eKapa	Lwangaphandle	25
we-19 ukuya kowama-21 kweyoMsintsi wama-2018	Ukuziphatha noLawulo loMngcipheko -eKapa	Lwangaphandle	26
wama-26 ukuya kowama-28 kweyoMsintsi wama-2018	Ukuziphatha noLawulo loMngcipheko -eKapa	Lwangaphandle	21
wesi-3 ukuya kwisi-5 kweyeDwarha wama-2018	Ukuziphatha noLawulo loMngcipheko -eBeaufort West	Lwangaphandle	36
we-15 ukuya kwi-17 kweyeDwarha wama 2018	Ingqungquthela ye-11 ye-Afrika yoMbutho wabaVavanyi abaQinisekisiweyo boBumenemene (i-ACFE)	Inkomfa	6
we-17 ukuya kwi-19 kweyeDwarha wama-2018	Ukuziphatha noLawulo loMngcipheko -eGeorge	Lwangaphandle	20
wesi-3 ukuya kwisi-4 kweyeDwarha wama-2018	Finance Indaba	Inkomfa	5
we-14 ukuya kwi-15 kweyeNkanga wama-2018	Inkomfa ye-Afrika yoLawulo loMngcipheko weNtengiselwano yoKwakha	Inkomfa	22
wama-23 kweyeNkanga wama-2018	Ucweyo lokuChasene noRhwaphilizo (iDPSA)	Lwangaphakathi	9
wama-23 kweyeNkanga wama-2018	Ukuziphatha noLawulo loMngcipheko -eGeorge	Lwangaphandle	27

Umhla	Inkcazo	Uhlobo loqeqesho	Inani labazimasi
23 December 2018	Ulawulo lokuziPhatha (iDPSA)	Lwangaphakathi	15
wama-30- ukuya kowama-31 kweyoMqungu-2019	Ukuziphatha noLawulo loMngcipheko	Lwangaphandle	23
wesi-6 ukuya kowesi-8 kweyoMdumba wama-2019	Ukuziphatha noLawulo loMngcipheko	Lwangaphandle	25
wesi-6 kweyoMdumba wama-2019	Ulawulo lokuziPhatha (iDPSA)	Lwangaphakathi	5
we-13 ukuya kwi-15 kweyoMdumba wama-2019	Ukuziphatha noLawulo loMngcipheko	Lwangaphandle	25
woku-1 kweyoMdumba-ukuya kowama-27 kweyoKwindla wama-2019	Ukuziphatha noLawulo loMngcipheko	Lwangaphandle	38

Imiba	Umsebenzi owenziweyo
Amanyathelo okuSebenzisana noMsebenzi oweNziwayo	Uthethwathethwano lweveki nomsebenzi owenziwayo kuPhunyeyo lweNkqubo yeSCM yeGosa eliPhendulayo Uthethwathethwano lweveki nomsebenzi owenziwayo malunga noHanjiso lweNkqubo yeSCM Uthethathethwano lweveki neZiko lweNguqu nge-Intanethi kokubonakalayo kweNkqubo yeSCM
Ukunikwa kwengxelo <ul style="list-style-type: none"> • IiNkcukacha manani eNtengiso <ul style="list-style-type: none"> - Intloko yeSebe - Igosa lezeMali eliyiNtloko - Unondyebo wePhondo - Unondyebo kaZwelonke - Umphicothi zincwadi Jikelele • Ukubekwa esweni kwesiCwangciso seNtengiso 	Ngenyanga Ngenyanga Ngenyanga Ngenyanga Ngenyanga Ngenyanga

Imiba	Umsebenzi owenziweyo																																	
<ul style="list-style-type: none"> • Izivumelwano ezinikezelweyo <ul style="list-style-type: none"> - Irejista yeCIDB yezivumelwano (IsiNiki maxabiso nge-Intanethi) • IsiCwangciso soPhuculo loRhulumentu loShinino lweSebe • AbaPhathi abaPhezulu • Ikomiti yoLwulo loHanjiso lweZibonelelo zophuhliso • Ikomiti yee-Akhawunti zoLuntu • Ikomiti yoPhicotho zincwadi • Ikomiti eMiyo kwezoThutho neMisebenzi yoLuntu • Ukuziphatha 	<p>Ngenyanga</p> <p>Ngenyanga</p> <p>Ngenyanga</p> <p>Ngenyanga</p> <p>Xa kukho imfuneko</p> <p>Xa kukho imfuneko</p> <p>Xa kukho imfuneko</p> <p>Ngekota</p>																																	
<p>Intengiso ngokusebenzisa inkqubo yokubiza amaxabiso</p>	<p>Ubizo lwamaxabiso olusemthethweni:</p> <table border="1" data-bbox="709 818 1316 935"> <thead> <tr> <th colspan="2">Unyaka mali wama-2018-19</th> </tr> </thead> <tbody> <tr> <td>Inani lezivumelwano ezinikezelweyo</td> <td>2 704</td> </tr> <tr> <td>Ixabiso lezivumelwano ezinikezelweyo</td> <td>5 030 349 749</td> </tr> </tbody> </table> <p>*Kubandakanya imigodlo yenkqubo sikhokelo Kugxilo oluphambili kwintengiso yolwakhiwo. Ixabiso ngokoMnikeli weNqanaba leBBBEE:</p> <table border="1" data-bbox="709 1037 1545 1367"> <thead> <tr> <th>Umnikeli weNqanaba leBBBEE</th> <th>Ixabiso leSivumelwano</th> <th>Inani leeRekhodi</th> </tr> </thead> <tbody> <tr> <td>0</td> <td>114 043 747</td> <td>180</td> </tr> <tr> <td>1</td> <td>2 988 979 278</td> <td>2 173</td> </tr> <tr> <td>2</td> <td>1 148 137 752</td> <td>91</td> </tr> <tr> <td>3</td> <td>312 455 475</td> <td>10</td> </tr> <tr> <td>4</td> <td>299 500 834</td> <td>110</td> </tr> <tr> <td>6</td> <td>164 449 997</td> <td>137</td> </tr> <tr> <td>8</td> <td>2 782 665</td> <td>3</td> </tr> <tr> <td>Iyonke</td> <td>5 030 349 749</td> <td>2 704</td> </tr> </tbody> </table>	Unyaka mali wama-2018-19		Inani lezivumelwano ezinikezelweyo	2 704	Ixabiso lezivumelwano ezinikezelweyo	5 030 349 749	Umnikeli weNqanaba leBBBEE	Ixabiso leSivumelwano	Inani leeRekhodi	0	114 043 747	180	1	2 988 979 278	2 173	2	1 148 137 752	91	3	312 455 475	10	4	299 500 834	110	6	164 449 997	137	8	2 782 665	3	Iyonke	5 030 349 749	2 704
Unyaka mali wama-2018-19																																		
Inani lezivumelwano ezinikezelweyo	2 704																																	
Ixabiso lezivumelwano ezinikezelweyo	5 030 349 749																																	
Umnikeli weNqanaba leBBBEE	Ixabiso leSivumelwano	Inani leeRekhodi																																
0	114 043 747	180																																
1	2 988 979 278	2 173																																
2	1 148 137 752	91																																
3	312 455 475	10																																
4	299 500 834	110																																
6	164 449 997	137																																
8	2 782 665	3																																
Iyonke	5 030 349 749	2 704																																

Imiba	Umsebenzi owenziweyo						
	<p>Ubizo lwamaxabiso olungekho semthethweni:</p> <table border="1" style="margin-left: 40px;"> <thead> <tr> <th colspan="2" style="text-align: center;">Unyaka mali wama-2018-19</th> </tr> </thead> <tbody> <tr> <td>Inani lezivumelwano ezinikezelweyo</td> <td style="text-align: center;">595</td> </tr> <tr> <td>Ixabiso lezivumelwano ezinikezelweyo</td> <td style="text-align: center;">37 523 031</td> </tr> </tbody> </table>	Unyaka mali wama-2018-19		Inani lezivumelwano ezinikezelweyo	595	Ixabiso lezivumelwano ezinikezelweyo	37 523 031
Unyaka mali wama-2018-19							
Inani lezivumelwano ezinikezelweyo	595						
Ixabiso lezivumelwano ezinikezelweyo	37 523 031						
limvavanyo zokuThobela zeSCM	<p>Uhlolo lokuthobela ngeenjongo zokuphucula ukuthobela nokuncedisa kuphunyezo lweNkqubo yeGosa eliyiNtloko leSCM nabathunywa bayo abakhaphileyo: (limvavanyo zokuThobela ezi-2 zenziwe ngonyaka ophantsi kohlaziyo) Uvavanyo olusesikweni kunye nendlela echaziweyo.</p> <ul style="list-style-type: none"> Cwangcisa Bandakanya Lungiselela Vavanya Nika ingxelo Ubeko esweni novavanyo Chonga ubuthathaka Isivumelwano esihlangeneyo sokulungisa ubuthathaka. Qhubeka ukhokela umntu ngamnye. Ukuqinisekiswa kwee-Asethi 						
Uqinisekiso lwaBaniki maxabiso naBasebenzi	<ul style="list-style-type: none"> Ingxelo yokuThobela yarhoqo ngeNyanga efunyenwe kuNondyebo wePhondo ukuchonga nokuqinisekisa ngengozi yokuhendeka enokwenzeka yabasebenzi. Umyalelo wesi-5 weSCM wama-2013/14 –Umniki maxabiso kunye nokuqinisekiswa komgangatho wenkqubo yokusebenza oququzelela ukubonwa kwababoneleli beenkonzo abanokubakho nabangoku kunye nabasebenzi beSCM ngokunxulumene nomdla wabucala kunye nobungozi bokuhendeka obunokwenzeka phakathi komdla wabucala kunye noxanduva lwabo yi-ofisi yoluntu. I-WCBD4 - idityanisiwe iSBD 4, 8 kunye ne-9-Isibhengezo somdla, izenzo zababizi maxabisobangaphambili beSCM kunye nomiselo oluzimeleyo luyasetyenziswa Ukubhengezwa kweNjongo ngamagcisa eSCM kulandelwe kwaye neNdelela yokuziPhatha isetyenzisiwe Ukubhengezwa kwenjongo yamalungu ekomiti yoniko maxabiso 						

<p>Ubhaliso olunyanzelekileyo kuVimba weeNkcukacha wabaBoneleli ngeenkonzobantshona Kapa - embindini wokugcina onke amaxwebhu olawulo kuRhulumente weNtshona Kapa, ngokunjalo nobhaliso kuVimba weeNkcukacha zeNtengiso kaNondyebo kaZwelonke</p>	<ul style="list-style-type: none"> • Uququzelelo oluqhubayo lokubhaliswa kwababoneleli ngeenkonzokwiWCSD ngokuthatha inxaxheba kwiNkqubo yoPhuhliso loNokontraktha ikunye ne-EPWP kwiseshoni yeenkcukacha zokwakha, kwakunye neeseshoni zophuhliso lwababoneleli ngeenkonzobantshona Kapa (ngentsebenziswano neSebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho ngokunjalo noomasipala abohlukeneyo); amacweyo amancinane nababoneleli ngeenkonzobantshona Kapa, ukuphicothwa kwamaxwebhu obhaliso ukuze agqitywe kwaye kulandelwe isimo samaxwebhu obhaliso angenisiweyo. • Umboniso weCSD ngentsebenziswano noNondyebo wePhondo kwakunye nokubhalisa ababoneleli ngeenkonzokwiCSD. • Ukubeka esweni iWCSD neCSD ukuqinisekisa ukuba ababoneleli zinkonzobantshona Kapa basasebenza. • Uluhlu lwezinto zokukhangela ezazisa nezilawula ukuthotyelwa kobhaliso olunyanzelekileyo
<p>IsiCwangciso soPhuhliso loRhulumenteloShishino lweSebe</p>	<ul style="list-style-type: none"> • Lungisa zonke izinto ezifunyanisiweyo ezivela kwingxelo yoLawulo lwe-AGSA, iingxelo zoPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi, uhlalutyo lomsantsa lukaNondyebo wePhondo kunye nezisombululo zeKomiti eMiyo kwii-Akhawunti zikaRhulumente (iSCOPA) malunga neSCM ukuvala umsantsa wolawulo, ukuhlaziya ukungasebenzi kakuhle kwinkqubo, ukudlulisela izakhono apho kufanelekileyo okanye okanye noluphina ulawulo lweziphumo ezifanelekileyo.

linkcukacha zomsebenzi wokuthotyelwa kweBBBEE

Inxalenye yolawulo lwabaPhathi

Khangela kwiCandelo D: uLawulo lwezabasebenzi – Itheyibhile 3.5.1

Inxalenye yophuhliso lwezakhono

Khangela kwiCandelo D: uLawulo lwezabasebenzi - Itheyibhile 3.5.7

Ishishini nenxalenye yophuhliso lwababoneleli ngeenkonzobantshona Kapa

Khangela kwiCandelo C: uRhulumentelo lweSCM nokuPhathwa kweMfuno – Intengiso ngokusebenzisa iinkqubo zobizo maxabiso zokufunyanwa kwentengiso kubo bonke ababoneleli ngeenkonzobantshona Kapa.

Khangela kwiCandelo B: linkcukacha zomsebenzi, Itheyibhile yama-40 neyama-41 yababoneleli ngeenkonzobantshona Kapa nophuhliso loShishino.

Inxalenye yophuhliso lweqoqosho

Khangela kwiCandelo B: linkcukacha zomsebenzi, ltheyibhile yama-25 – linkqutyana 2.4: Khuthaza uze uququzelele uphuhliso lwezoqoqosho ngokuphuhlisa izibonelelo zophuhliso neeprojekthi zolawulo lwepropathi.

12 Uphicotho zincwasi lwangaPhakathi

Uphicotho lwangaPhakathi lubonelela ngokuzimeleyo, ingqiniseko enenjongo noyilo lweenkonzo zengcebiso ukongeza ixabiso nokuphucula okuqhubekayo imisebenzi yeDTPW. Incedisa iDTPW ukufezekisa iinjongo zayo ngokuzisa indlela emisiweyo, enocwangco ukuvavanya nokuphucula ukusebenza korhulumento, ulawulo lomngcipheko neenkqubo zolawulo.

Le misebenzi iphambili ilandelayo yenziwe ngokumalunga noku:

- Vavanya uze wenze izindululo ezifanelekileyo zokuphucula iinkqubo zorhulumento ekuzalisekiseni iinjongo zeDTPW;
- Vavanya ukulungela kunye nokusebenza kwanokuba negalelo kuphuhliso lwenkqubo yolawulo lomngcipheko; kunye
- Nokuncedisa i-AO ekulondolozeni ulawulo olusebenzayo nolunempumelelo ngokuvavanya olo lawulo ukumisela ukusebenza nokukhuthala kwazo, kunye nokuphuhlisa izindululo zokhulisa okanye zokuphuhlisa.

Ezi ndibano zothethathethwano lwengqiniseko zilandelayo zaphunyezwa zaza zazalisekiswa kwisiCwangciso soPhicotho zincwadi lwangaPhakathi sama-2018/19:

- Umgaqo weDPSA kuLawulo loLuntu naBathunywa boLawulo (uThethathethwano lweNgqiniseko);
- Ukunika ingxelo yeprojekthi ze-EPWP;
- Imisebenzi yezoThutho;
- Impembelelo yoPhuhliso; kunye
- Neentlawulo zoDluliselo.

Ezi ndibano zothethathethwano lweengcebiso zilandelayo zaphunyezwa zaza zazalisekiswa kwisiCwangciso soPhicotho zincwadi lwangaPhakathi sama-2018/19:

- Usetyenziso oluneMpumelelo lweNdawo yokuHlala ye-Ofisi (uThethathethwano lweNgcebiso);
- Isicwangciso soLawulo lwee-Asethi zoMgcini (iCAMP) (uThethathethwano lweNgcebiso); kunye
- Nemigangatho yeMali eGuquliweyo (uThethathethwano lweNgcebiso).

13 IiKomiti zoPhicotho zincwadi

Ikomiti yoPhicotho isekwe njengecandelo lokongamela, ukubonelela ngolongamelo oluzimeleyo kurhulumentu, ulawulo lomngcipheko neenkqubo zolawulo kwiDTPW, okubandakanya ulongamelo noxanduva olunxulumene:

Umsebenzi woPhicotho lwangaPhakathi;

- Umsebenzi woPhicotho lwangaPhandle lwe-AGSA;
- Ucalulo mali lweSebe nokunikwa kwengxelo;
- Imigaqo nkqubo yoCalulo mali yeSebe;
- Uhlaziyo lolawulo lwe-AGSA nokunikwa kwengxelo yophicotho;
- Uhlaziyo loBeko sweni lweSebe enyakeni;
- Ulawulo loMngcipheko weSebe;
- Ulawulo lwangaPhakathi;
- Iinjongo ezimiselwe kwangaphambili;
- Ukuziphatha; kunye
- NoPhando nzulu lweNkundla.

Ittheyibhile engezantsi ibonelela ngeenkukacha kumalungu ekomiti yophicotho.

Igama	Iziqinisekiso	Lwangaphakathi okanye lwangaphandle	Ukuba lolwangaphakathi, isikhundla esebeni	Umhla wokuqeshwa	Umhla wokuyeka	Inani leentlanganiso ezizinyasiweyo
Mnu Francois Barnard	iBProc; iBCompt(Honours); Mcom; iCTA; iPostgrad Diploma kwi- Auditing; CA(SA)	Lwangaphandle	Ayingeni	Woku-1 kweyoMqungu wama-2016 (Ikota yesi-2)	Ikota yesi-2 yaphelwa ngowoku-31 kweyoMnga wama- 2018	5
Mnu Johannes Kleyn	iFinance kunye neBusiness Systems, iRisk Management kunye neCompliance.	Lwangaphandle	Ayingeni	Woku-1 kweyoMqungu wama- 2015 (Ikota yoku-1)	Ayingeni	7
Nkszn Judy Gunther	iBCompt; iCRMA; iCIA; iAGA; iMasters kwiCost Accounting;	Lwangaphandle	Ayingeni	Woku-1 kweyoMqungu wama-2016 (Ikota yoku-1) (Ikota yesi-2 njengoSihlalo)	Ayingeni	7
Mnu Mervyn Burton	iB Compt; iB Compt; (Hons); iCA(SA)	Lwangaphandle	Ayingeni	Woku-1 kweyoMqungu wama- 2018 (Ikota yoku-1)	Ayingeni	7

Igama	Iziqinisekiso	Lwangaphakathi okanye lwangaphandle	Ukuba lolwangaphakathi, isikhundla esebeni	Umhla wokuqeshwa	Umhla wokuyeka	Inani leentlanganiso ezizinyasiweyo
Mnu Ebrahiem Abrahams	iBCom (kwi-Accounting)	Lwangaphandle	Ayingeni	Woku-1 kweyoMqungu wama-2019 (Ikota yoku-1)	Ayingeni	2

13.1 Ingxelo yeKomiti yoPhicotho zincwadi

Siyavuya ukunikezela ngengxelo yethu yonyaka mali ophela ngomhla wama-31 kweyoKwindla wama-2019.

Uxanduva lweKomiti yoPhicotho zincwadi

Iingxelo zeKomiti yoPhicotho zincwadi eyiqulunqileyo ngoxanduva lwayo oluvela kwicandelo lama-38 (1) (a) (ii) lePFMA noMmiselo kaNondyabo 3.1. Ikomiti yoPhicotho zincwadi ikwanike ingxelo yokuba yamkele iMigqaliselo esesikweni efanelekileyo, imisele imicimbi yayo yokuthobela leMigqaliselo kwaye ikhuphe uxanduva lwayo njengoko kuqulathiwe khona.

Ukusebenza koLawulo lwangaPhakathi

Ngokuhambelana nePFMA kunye neNgxelo yeKing IV kwiimfuneko zoRhulumentu loShishino, uPhicotho zincwadi lwangaPhakathi noLawulo ngengqinisekiso enentsingiselo yokuba ulawulo lwangaphakathi lwanele kwaye luyasebenza. Oku kuzalisekiswe sisicwangciso sophicotho zincwadi lwangaphakathi olusekelwe kwimingcipheko evunyiweyo, uPhicotho zincwadi lwangaPhakathi oluvavanya ukwanela kolawulo ukunciphisa imingcipheko neKomiti yoPhicotho zincwadi ukubeka esweni ukuphunyezwa kwezenzo zokulungisa.

Iindibano zothethathethwano lophicotho zincwadi lwangaphakathi luphunyezwe yiKomiti yoPhicotho zincwadi zaza zazalisekiswa luPhicotho zincwadi lwangaPhakathi ngonyaka mali ophantsi kohlaziyo:

- Umgaqo weDPSA woLawulo loLuntu naBathunywa boLawulo (uThethathethwano lweNgqiniseko);
- Ukunikwa kwengxelo okungachanekanga kweprojekthi ze-EPWP (uThethathethwano lweNgqiniseko);
- Usetyenziso oluneMpumelelo lweNdawo yokuHlala ye-Ofisi (uThethathethwano lweNgcebiso);
- Isicwangciso soLawulo lwee-Asethi zoMgcini (uThethathethwano lweNgcebiso);
- Imisebenzi yezoThutho (uThethathethwano lweNgqiniseko);
- Umgangatho weMali eGuquliweyo (uThethathethwano lweNgcebiso);
- Uvavanyo lweMpembelelo kuXhotyiso (uThethathethwano lweNgqiniseko); kunye
- NeeNtlawulo zoDluliselo (uThethathethwano lweNgqiniseko).

Iindawo zophuculo, njengoko kuqatshelwe luPhicotho zincwadi lwangaPhakathi ngexesha lokwenza umsebenzi wabo, kwavunywa ngabaphathi. Ikomiti yoPhicotho zincwadi ibeka esweni uphunyezo lwezenzo ekuvunyelwene ngazo rhoqo ngekota.

IiNngxelo zoLawulo ngoNyaka nangeNyanga/ngeKota

IKomiti yoPhicotho zincwadi iyaneliswa ngumxholo kunye nomgangatho wolawulo lwekota ngonyaka kunye neengxelo zendlela yokusebenza ezikhutshwe ngonyaka ophantsi kohlaziyo liGosa eliPhendulayo leSebe ngokumalunga neMimiselo kaNondyebo kaZwelonke kunye noMthetho weCandelo leNgeniso

Uvavanyo lweeNngxelo zeMali

Ikomiti yoPhicotho zincwadi:

- ihlaziye yaza yaxoxa ngeeNngxelo zeMali zoNyaka eziPhicothiweyo ukuba zibandakanywe kwiNngxelo yoNyaka noMphicothi zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika (i-AGSA) kunye neGosa eliPhendulayo;
- ihlaziye iNngxelo yoLawulo lwe-AGSA kunye nempendulo yabalawuli ngaphezu koko;
- ihlaziye utshintsho kwimigaqo nkqubo yocalulo mali nezenzo njengoko kuchaziwe kwiiNngxelo zeMali zoNyaka; kwaye
- ikwahlaziye izixhobo zolungiso olubangelwe luphicotho lweSebe.

Uthotyelo

Ikomiti yoPhicotho zincwadi iye yahlaziya iinkqubo zeSebe ukuthobela amalungiselelo omthetho kunye nokubonelela ngolawulo.

IiNkcukacha zoMsebenzi

Ikomiti yoPhicotho zicwadi iye yahlaziya iinkcukacha malunga neenjongo ezichazwe ngaphambili njengoko kuchaziwe kwiNngxelo yoNyaka.

Ingxelo yoMphicothi zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika

Ikomiti yoPhicotho zincwadi:

- rhoqo ngekota, ihlaziye isicwangciso sophunyezo lweSebe semicimbi yophicotho ephakanyiswe phambi kokuqala konyaka;
- ihlaziye iNngxelo yoLawulo lwe-AGSA kunye neempendulo zabaLawuli ngako oko;
- idibene ne-AGSA ukuqinisekisa ukuba akukho miba ingasonjululwanga evele kuphicotho zincwadi.

Amanyathelo okulungisa okufunyanisiweyo aneenkcukacha eziphakanyiswe yi-AGSA abekwe iliso yikomiti yoPhicotho zincwadi rhoqo ngekota.

IKomiti yoPhicotho zincwadi iyavuma kwaye yamkele uluvo lwe-AGSA malunga neeNngxelo zeMali zoNyaka kwaye icebisa ukuba eziNkcazo zeMali zoPhicotho zincwadi zamkelwe kwaye zifundwe kunye nengxelo yazo.

IKomiti yoPhicotho zincwadi iyalincoma iSebe ngokugcina uluvo loPhicotho zincwadi olungenachaphaza ngaphandle kokufumana iziphumo ezibonakalayo.



Nkszn J Gunther
UsiHlalo weKomiti yoPhicotho zincwadi
Isebe lezoThuto neMisebenzi yoLuntu
Umhla: 2 kweyeThupha wama-2019

Icandelo D: Ulawulo lwezaBasebenzi

1 Intshayelelo

Igalelo lethu elilodwa kumsebenzi weWCG lisisiphumo seenzame zokuzingisa, futhi nokungazingci, kwabantu abakwiDTPW.

Ukuhambisa iinkonzo eziphuculiweyo ngokungagungqiyo kubemi beNtshona Kapa nemiceli mngeni yazo. Imbonakalo yendawo yolawulo lwabantu yale mihla itshintshile kakhulu kule minyaka idlulileyo kwaye ifuna ukuhamba ngokuntsonkothileyo phakathi koluhlu lwezinto ezikhuphisanayo.

Ngaphandle kwento yokuba ezi zinto zixabisekileyo zixhomekeke kunxibelelwano kwaye zinxulumene, zikwalawulwa yimithetho engqongqo nemimiselo, engqina ukuba kunzima xa amalinge okugcina nomtsalane athe aphononongwa.

Oku kubandakanya ukulungelelanisa iimfuno zonikezelo lweenkonzo, umtsalane kunye nokugcinwa kwezakhono ezibalulekileyo nezinqabileyo, ukuxhotyiswa kwabasebenzi, ulawulo lwamakhondo, isicwangciso solandelelwano, ubulungisa kwezengqesho kunye nokudala imeko evumayo apho abasebenzi benakho ukuphumelela. Ukongeza koku, iSebe kufuneka ukuba lisebenze kwimeko engqongqo, efuna ukuba abaphathi baqwalasele ifuthe "lokwenza kakhulu ngokuncinane".

Ngaphandle kokutshintsha kweendlela zenkqubo nokunyuka kweemfuno ezichaphazela indawo yempangelo yale mihla, ukusebenza nzima okungaguququkiyo kwabantu bethu kubangele impumelelo ebalaseleyo nophuculo lohanjiso lweenkonzo kunyaka ophantsi kohlaziyo.

2 Ubume bolawulo lwabantu kwiSebe

2.1 Ucwangciso lwabasenzi beSebe

Indima yocwangciso lwabasebenzi ibalulekile ukuqinisekisa ukuba iDTPW inenani labantu elifunekayo abanezakhono, ulwazi nezimo zengqondo zokwenza lo msebenzi. Ngale nkqubo iDTPW rhoqo ngonyaka ivavanya iprofayili yabasebenzi ngokubhekisele kwiimfuno zombutho zangoku nezexesha elizayo.

Injongo yolu vavanyo kukubona ukuba ingaba imeko yangoku yabasebenzi ijongana njani neziphumo zolawulo lwabantu eziphambili ezinokuqinisekisa ukuqhubeka kwenkonzo nexabiso.

IsiCwangciso soMsebenzi sama-2015 ukuya kwesama-2020, ke ngoko sihambelana nombono kunye nomnqophiso wesiCwangciso Qhinga seDTPW, ngokunjalo nesiCwangciso soLawulo lwaBantu.

Uqikelelo apho esi siCwangciso sabasebenzi siphuhlise khona lusasebenza kwaye isiCwangciso sokuSebenza saqwalaselwa ukuqinisekisa ukuba izicwangciso (ngokwemiba ephambili edwelisiweyo) ziya kuziphumeza iziphumo zazo:

- Abasebenzi abalinganayo;
- Abantu abanobuchule kumanani afanelekileyo kwindawo elungileyo ngexesha elifanelekileyo kunye nesimo sengqondo esifanelekileyo;
- Indawo yokusebenza efanelekileyo;
- Iinkokeli ezibonisa indlela yokuziphatha enxulumene neempawu zentsulungeko zombutho;
- Abasebenzi abakhuthazekileyo abahambelana nenkcubeko yombutho;
- Ukuphuculwa kokuziphatha kakuhle kunye nokuncitshiswa kwezenzo zenkohliso; kwaye
- Abantu ababandakanyeke kakhulu.

Isicwangciso soMsebenzi siye saqwalaselwa kwakhona ukuqinisekisa ukuba izicwangciso zabasebenzi kunye nemisebenzi ephambili zihlala zisebenza kwaye zifanelekile kunyaka mali wama-2018/19. Isicwangciso soMsebenzi sangoku sipheliswa ngowama-31 kweyoKwindla wama-2020.

2.2 Ulawulo lomsebenzi wabasebenzi

Injongo yolawulo lomsebenzi kukwandisa izinga lokwenziwa komsebenzi ngokukhuthaza ukuzibophelela komntu ngamnye, ukuthatha uxanduva kunye nokukhuthaza.

Bonke abasebenzi kufuneka bazalise isivumelwano sokusebenza phambi komhla wama-31 kuCanzibe kunyaka ngamnye. Isivumelwano ngokuphandle sisibophelelo phakathi komqeshi nomqeshwa esiqulathe iiprojekthi, iinkqubo, imisebenzi, okulindelekileyo kunye nemigangatho yohanjiso olufunekayo. Ukuququzelela inkqubo yolawulo esemgangathweni, iWCG iqulunqe inkqubo ye-elektroniki, eyile, iNkqubo yeeNkcukacha zoLawulo lokuSebenza (iPERMIS), evumela ukuba yonke inkqubo yolawulo lomsebenzi mayifakwe, ibekwe esweni ize ilawulwe.

Inkqubo yolawulo lomsebenzi ifuna ukuba kwenziwe uhlaziyo lwaphakathi enyakeni kwaye uvavanyo lonyaka luqhutyiwe, kodwa okujoliswe kuko okusebenzayo kunye nezifezekiso ezinxulunyaniswe nesivumelwano sokusebenza zibekwe esweni kwaye kwathethwa ngazo ngokuqhubekayo. Kwiimeko apho okujoliswe kuko okanye okulindelekileyo ekwenzeni umsebenzi kungafezekiswa, imisantsa iyalungiswa ngokulawulwa komsebenzi ongancomekiyo. Kule meko, iyuniti yokubonisana ngomsebenzi imiselwe ngaphakathi kweCSC (iCandelo loLawulo oluyiNtloko: iZenzo zoLawulo lwaBantu) ukunceda abaphathi bamacandelo (abaphathi babantu) ukujongana nokusebenza kakubi. Inkqubo iyaphuhlisa. Nangona kunjalo, kwiimeko apho abantu baye bachongwa njengabangenzi kakuhle ngokomthetho wenkqubo sikhokelo, kufuneka bazithobe kwisicwangciso sophuhliso okanye, kungenjalo, bathathelwe amanyathelo oluleko.

2.3 Intlalontle yabasebenzi

Uhlobo lomsebenzi weSebe awubavezi gngakumbi abasebenzi kumngcipheko wokosuleleka ngeHIV ne-AIDS. Nangona umngcipheko womsebenzi uphantsi kakhulu, bonke abasebenzi kujoliswe kubo kuwo onke amanqanaba phakathi kwiSebe.	<p>Intuthuzelo yomphefumlo novavanyo (iHCT) kunye nohlolo lwempilo lweHIV ne-AIDS kwaqhutywa jikelele. Iinkonzo zempilo nokuphila kwabasebenzi ziyanikezelwa kubo bonke abasebenzi ekufaneleke bezifumene kwaye kuquka oku kulandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Intuthuzelo yomphefumlo 24/7/365; • Intuthuzelo yomphefumlo ubuso ngobuso (umzekelo weseshoni 4); • Intuthuzelo yomphefumlo yomothuko nesehlo esimandundu; • Inkuthazo ngolwazi ngoGawulayo neNtsholongwane yakhe, kubandakanya iinkonzo ze-E-Care online; kunye • Noqeqesho, uqheliso namangenelelo ekujoliswe kuko apho oku kufuneka khona

Itheyibhile 3.11.2: linkcukacha zeeNkqubo zokukhuthaza ngezempilo kuquka uGawulayo neNtsholongwane yakhe, kowoku-1 kuTshazimpuzi 2018 ukuya kowama-31 kweyoKwindla 2019

Umbuzo	Ewe	Hayi	linkcukacha, ukuba ngu-ewe
1. Ingaba isebe lilityumbile na ilungu leSMS ukuphumeza izibonelelo eziqulathwe kwiCandelo VI E leSahluko soku-1 seMimiselo yeNkonzo yoLuntu, yama-2016? Ukuba kunjalo, nikezela ngegama nesikhundla sakhe.	√		uReygana Shade, uMlawuli: ukuziPhatha koMbutho (iSebe leNkulumbuso).
2. Ngaba iSebe eli lineyunithi okanye lizimisele ngabasebenzi abathile ukukhuthaza impilo nentlalontle yabasebenzi balo? Ukuba kunjalo, bonisa inani labasebenzi ababandakanyekayo kulo msebenzi kunye nohlahlo lwabiwo mali lonyaka olukhoyo ukulungiselela le njongo.	√		<p>Iziko leeNkonzo eziHlanganisiweyo kwiSebe leNkulumbuso libonelela ngenkonzo exananazileyo kumasebe ali-11, kubandakanya neDTPW.</p> <p>Iyunithi echongiweyo yezeMpilo nokuPhila kwabasebenzi kwiCandelo loLawulo lokuZiphatha koMbutho kunye neCandelo eliyiNtloko loPhuhliso loMbutho lisebenza ukukhuthaza impilo nentlalontle yabasebenzi kumasebe ali-11 abaxhasi.</p> <p>Iyunithi ineSekela Mlawuli, abaNcedisi baLawuli abathathu, kunye namaGcisa amathathu e-EHW.</p> <p>Uhlahlo lwabiwo mali: Izigidi ezingama-R2.756</p>

Umbuzo	Ewe	Hayi	Iinkcukacha, ukuba ngu-ewe
<p>3. Ngaba isebe eli liye layazisa iNkqubo yoNcedo lwaBasebenzi okanye yokuKhuthaza ezeMpilo kubasebenzi? Ukuba kunjalo, bonisa izinto/iinkonzo eziphambili zale Nkqubo.</p>	√		<p>ISebe leNkulumbuso lingene kwisivumelwano sokunikezelwa kweeNkonzo neNgcebiso ngokuZimeleyo (i-ICAS), umboneleli nkonzo wangaphandle, ukuba anikezele ngenkonzo yezempilo nentlalontle kubasebenzi bamasebe ali-11 eZiko leeNkonzo eziHlanganisiweyo. La manyathelo alandelayo aqhutyiwe: ukwaziswa kokwahlukahlukana, ubumbano lweqela, ukulawulwa komothuko, ukuxhobisa abantu basetyhini ngaphakathi, uxinzelelo kunye nolungelelwano lobomi, ukuphila nokhubazeko kunye nempilo ngokwasengqondweni, iqondo lokukrwecana, ukomeleza ubudlelwane, unxibelelwano olusebenzayo, mna kwiqela (ulwakiwo olunamandla, amaqela akhuthelayo), iHIV kunye neSTI [usulelo lokwabelana ngesondo], ukuhlolwa kwamehlo, iHCT kunye nokuhlolwa kwempilo, ukuqeqeshwa kwabaphathi. Ukwenza iiprofayili nge-E-Care, kunye neeseshoni zeenkukacha ngokusebenzisa iDesika yeeNkcukacha.</p> <p>La manyathelo okungenelela asekwephantsi kweemeko eziboniswe kwiingxelo zekota zaze zaphunyezeka ukujongana neemfuno zabasebenzi.</p> <p>Ungenelelo ekujoliswe kulo kubasebenzi nakubaphathi belujoliswe kuphuhliso lomntu; ukukhuthazwa kwendlela yokuphila okusempilweni; kunye nokuphucula izakhono zokukwazi ukumelana neemeko. Oku kubandakanya iingcaciso ntetho, iindibano zocweyo, iingxoxo zamaqela ukudala ulwazi nokukhuthaza abasebenzi ukuba basebenzise indlela yokuthintela ifuthe lezi ngxaki emsebenzini. Ungenelelo ekujoliswe kulo luphunyeziwe ukuxhobisa abaphathi ngezixhobo zokubandakanya abasebenzi emsebenzini.</p> <p>Iiseshoni zeenkukacha nazo kubonelelwe ngazo ukwazisa abasebenzi ngenkonzo ye-EHW nokuba kufikelelwa njani kwiNkqubo yeMpilo ntle yaBasebenzi. Izixhobo zokwazisa ezinje ngeencwadana, iiposta kunye neencwadana zesibhengezo zihanjisiwe.</p>
<p>4. Ingaba isebe liyisungule (a) ikomiti (iikomiti) njengoko kuchaziwe kwiCandelo VI E.5 (e) leSahluko soku-1 seMimiselo yeNkonzo kaRhulumente, sama-2016? Ukuba kunjalo, nceda unikezele ngamagama amalungu ekomiti nabachaphazelekayo abamelweyo.</p>	√		<p>IKomiti eQhubayo yezeMpilo neMpilo ntle yaBasebenzi yePhondo isekwe namalungu atyunjwe lisebe ngalinye.</p> <p>ISebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu limelwe nguMnu Carl Marx.</p>

Umbuzo	Ewe	Hayi	Iinkcukacha, ukuba ngu-ewe
<p>5. Ingaba isebe liyhlaziyile na imigaqo nkqubo kunye neendlela zokusebenza ukuze liqinisekise ukuba ezi azibacaluli abasebenzi ngokungenabulungisa malunga nesimo sabo seHIV? Ukuba kunjalo, dwelisa imigaqo nkqubo/ iinkqubo ezihlaziyiweyo.</p>	√		<p>Inkqubo sikhokelo yoLawulo oluXananazileyo yeeNkqubo zeMpilo neMpilo Ntle yaBasebenzi kuRhulumente weNtshona Kapa iyasebenza kwaye yamkelwa liQela lokuLungelelanisa lePSCBC yePhondo laseNtshona Kapa ngomhla we-10 kweyeThupha wama- 2005.</p> <p>Ngokuphathelene noku, yonke imigaqo nkqubo yengqesho ibonelela ngeendlela ezifanelekileyo, nokuba sithini na isimo sabasebenzi okanye abafake izicelo. Imisebenzi yendawo yokusebenzela ibekwa esweni rhoqo ukuqinisekisa ukuthotyelwa komgaqo nkqubo kunye nokulingana.</p> <p>Ngaphantsi kwesaziso se-EHW, imigaqo nkqubo emine ye-EHW yamkelwe, kubandakanya nomnye kulawulo lweHIV ne-AIDS kunye nesifo sephepha (ITB) esabela kuthintelo lokucalucalulwa kwabasebenzi abachaphazeleke nabosuleleke yiHIV ne-AIDS kunye neTB emsebenzini.</p> <p>Ukongeza koku, iSebe lezeMpilo, isebe elikhokelayo kwiHIV ne-AIDS, liyivumile iNkqubo noMgaqo nkqubo oXananazileyo waseMsebenzini weHIV ne-AIDS/STI esebenza kuwo onke amasebe kaRhulumente weNtshona Kapa. Uxwebhu luhambelana neentsika ezine zeNkqubo sikhokelo sesiCwangciso se-EHW sama-2008.</p> <p>Ngexesha lokunika ingxelo, imigaqo nkqubo exananazileyo ye-EHW kubandakanya noMgaqo nkqubo woLawulo lweHIV, i-AIDS kunye neTB iphicothwe yiDPSA ngokuchasene nemigaqo nkqubo yeDPSA kunye nesiCwangciso Qhinga sikaZwelonke seHIV, iTB kunye neeSTI (sama-2017 ukuya kowama-2022) esineenjongo zokuqinisekisa ukubandakanywa kunye nokupheliswa kocalucalulo nokubekwa amabala kubasebenzi abaneHIV.</p>
<p>6. Ingaba isebe liwasungule amanyathelo okukhusela abasebenzi abanentsholongwane kagawulayo okanye abo bacingelwa ukuba banentsholongwane kagawulayo ukuba bangacalucalulwa? Ukuba kunjalo, dwelisa izinto eziphambili zala manyathelo.</p>	√		<p>IsiCwangciso Qhinga sePhondo ngeHIV ne-AIDS, iiSTI kunye neTB sama-2017 ukuya kowama- 2022 sele similiselwe ukuze kufakelwe iHIV neTB kunye nemilinganiselo yesini namalungelo asekelwe kumagunya angundoqo okunciphisa isiphako esinxulumene neHIV.</p> <p>Injongo kuku:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Nciphisa ukucalucalulwa ngokweHIV neTB emsebenzini. Oku kubandakanya amaphulo okulwa ucalucalulo olungenabulungisa nokuxhotyiswa kwabasebenzi. • Nciphisa ukucalucalulwa okungenabulungisa ekufikeleleni kwiinkonzo. Oku kubandakanya ukuqinisekisa ukuba iCandelo lezoBudlelwane eMsebenzini liyaqubisana nezikhalazo okanye intlungu enento yokwenza nocalucalulo olungenabulungisa kwaye libonelela ngoqeqesho kubasebenzi. <p>ISebe liphumeze la manyathelo alandelayo ukujongana nokubekwa iziphako nocalucalulo kwabo banentsholongwane kaGawulayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukuhlolwa kokuphila kakuhle (uxinzelelo lwegazi, iswekile, icholesterol, isifo sephepha kunye nobunzima bomzimba)

Umbuzo	Ewe	Hayi	Iinkcukacha, ukuba ngu-ewe
			<ul style="list-style-type: none"> Uhlolo lweHCT Uhlolo neentetho ngeTB Ukuhambisa iipowusta neencwadana; Ukuhambisa iikhondom neentetho zenkuthazo; Ukukhumbula uSuku lwe-AIDS kwiHlabathi Jikelele; kunye Nemicimbi eluthotho yempilo ntle.
7. Ingaba isebe liyabakhuthaza abasebenzi balo ukuba baye kunikwa iingcebiso novavanyo lweHIV? Ukuba kunjalo, dwelisa iziphumo ozifezekisileyo.	√		<p>Iiseshoni zeHCT:</p> <p>Ezi seshoni zempilo ntle nokuhlola iHCT zaqhutywa:</p> <ul style="list-style-type: none"> Isebe lithathe inxaxheba kwiiseshoni zeHCT ezimbini nohlolo lwempilo ntle. Abasebenzi abangama-55 bavavanyiwe kwaye bafumana iingcebiso ngeHIV, iTB kunye neeSTI. Kuthunyelwe umntu wamnye esibhedlela ukuze kulawuleke ngakumbi iTB, iHIV okanye iiSTI.
8. Ingaba isebe liwaphuhlisele amanyathelo/izalathisi zokubeka esweni nokuvavanya ifuthe lenkqubo yalo yokukhuthaza ezempilo? Ukuba kunjalo, dwelisa la manyathelo/izalathisi nkqubela.	√		<p>Impembelelo yeenkqubo zokukhuthaza ezempilo ziboniswe kwiinkcukacha ezibonelelwe ngesivumelwano se-EHW ne-ICAS.</p> <p>I-EHWP ibekwa esweni ngokwenziwa kwengxelo rhoqo ngekota kunye nonyaka kunye nohlalutyo lweendlela ezinokuthi zenziwe ngokuthelekisa ukusetyenziswa kwesebe kunye neenkukacha zabantu, okt ubudala, isini, ukulenza ingxaki, ukusetyenziswa komqeshwa kunye nenani lamatyala. Imixholo kunye neendlela ezihamba nazo zikwanika umfanekiso wobungozi kunye nefuthe lemiba ye-EHW kubantu abathile emsebenzini.</p>

3.12 Ubudlelwane kwezabasebenzi

Ezi zivumelwano zilandelayo zidityanelweyo kwiPhondo kwaye kwangenwa kuzo neemanyano zabasebenzi kwisithuba esiphantsi kohlaziyo.

Itheyibhile 3.12.1: Izivumelwano ezihlangeneyo, kowoku-1 kuTshazimpunzi wama-2018 ukuya kowama-31 kweyoKwindla wama-2019

Zizonke izivumelwano ezihlangeneyo	Aziko
------------------------------------	-------

Itheyibhile 3.12.2 ishwankathela isiphumo seengxoxo zoluleko eziqhutyiweyo phakathi kwiDTPW ngelo xesha.

Itheyibhile 3.12.2: Ukungaziphathi kakuhle neengxoxo zoluleko eziququnjelweyo, ngowoku-1 kuTshazimpunzi wama-2018 ukuya kowama-31 kweyoKwindla wama-2019

Iziphumo zeengxoxo zoluleko	Inani lamatyala agqityiweyo	i% yawo ewonke
Isilumkiso esiBhaliweyo sokuGqibela	1	14.3
Urhoxiso ngaphandle kwentlawulo oluhambelana neSilumkiso esiBhaliweyo sokuGqibela	3	42.9
Ukuqhwesha	2	28.6
Ukugxothwa	1	14.3
Zizonke	7	100.0
Ipesenti yengqesho iyonke		0.3

Qaphela: Iziphumo zeengxoxo zoluleko zibhekisa kumatyala asesikweni kuphela.

Itheyibhile 3.12.3: Iintlobo zokungaziphathi kakuhle eziqhutyiweyo kwiingxoxo zoluleko, kowoku-1 kuTshazimpunzi wama-2018 ukuya kowama-31 kweyoKwindla wama-2019

Uhlobo lokungaziphathi kakuhle	Inani	i% yazo zizonke
Ukungabikho emsebenzini ngaphandle kwesizathu okanye imvume	4	57.1
Uhlasele/iinzame okanye izoyikiso zokuhlasele umntu	1	14.3
Ukonakalisa kunye /okanye ukulahla izixhobo zombuso	1	14.3
Uhlasele ngokwezesondo	1	14.3
Zizonke	7	100.0

Itheyibhile 3.12.4: Izikhalazo ezifakiweyo, kowoku-1 kuTshazimpunzi wama-2018 ukuya kowama-31 kweyoKwindla wama-2019

Izikhalazo ezifakiweyo	Inani	i% yazo zizonke
Inani lezikhalazo ezisonjululweyo	70	63.6
Inani lezikhalazo ezingasonjululwanga	40	36.4
Lilonke inani lezikhalazo ezifakiweyo	110	100.0

Qaphela: Izikhalazo ezifakiweyo zibhekisa kumatyala athe agqitywa kwixesha lokunika ingxelo. Izikhalazo ezingasonjululwanga zibhekisa kumatyala agqityiweyo, kodwa apho isiphumo singabanga kwicala lalowo ufake isikhalazo laza lafunyanwa lingomelelanga.

Itheyibhile 3.12.5: Iimbambano ezifakiweyo kumabhunga, kowoku-1 kuTshazimpunzi wama-2018 ukuya kowama-31 kweyoKwindla wama-2019

Iimbambano ezifakiweyo kumabhunga	Inani	i% yazo zizonke
Inani leembambano ezixhasiweyo	2	16.7
Inani leembambano ezichithiweyo	10	83.3
Lilonke inani leempikiswano ezifakiweyo	12	100.0

Qaphela: Amabhunga abhekisa kwiPSCBC neBhunga leeNgxoxo zeCandelo leNkonzo yoLuntu Jikelele. Xa imbambano "ixhasiwe", oko kuthetha ukuba iBhunga liyasixhasa isibheni njengesisemthethweni nesinokuthenjwa endaweni yalowo ufake isikhalazo. Xa imbambano "ichithwa", oko kuthetha ukuba iBhunga aligwebeli ngakulowo ufake isikhalazo.

Itheyibhile 3.12.6: Izenzo zogwayimbo, kowoku-1 kuTshazimpunzi wama-2018 ukuya kowama-31 kweyoKwindla wama-2019

Izenzo zogwayimbo	Inani
Lilonke inani leentsuku zokusebenza komntu ezilahlekileyo	0
Zizonke iindleko zeentsuku zokusebenza ezilahlekileyo	0
Isixa mali esifunyenweyo kwakhona ngenxa ka awusebenzi, awuhlawulwa	0

Itheyibhile 3.12.7: Unqunyanyiso njengesilumkiso, kowoku-1 kuTshazimpunzi wama-2018 ukuya kowama-31 kweyoKwindla wama-2019

Unqunyanyiso njengesilumkiso	Inani
Inani labantu abanqunyanyisiweyo	2
Inani labantu abanqunyanyiso lwabo lugqithe iintsuku ezingama-30	2
Umyinge wenani leentsuku zonqunyanyiso	132
Iindleko zonqunyanyiso	160

Qaphela: Unqunyanyiso njengesilumkiso lubhekisa kubasebenzi abathe banqunyanyiswa ngentlawulo epheleleyo, ngelixa ityala lisaphononongwayo.

3.13 Uphuhliso lwezakhono

Itheyibhile 3.13.1: Iimfuno zoqeqesho zichongiwe, kowoku-1 kuTshazimpunzi wama-2018 ukuya kowama-31 kweyoKwindla wama-2019

Iindidi zomsebenzi	Isini	Inani labasebenzi ngokowoku-1 kuTshazimpunzi wama-2018	Iimfuno zoqeqesho zichongiwe ekuqaleni kwexesha lokunikwa kwengxelo			
			Ufundo qeqesho	Iinkqubo zezakhono kunye nezinye izifundo zethutyana	Ezinye iintlobo zoqeqesho	Zizonke
Abawisi mthetho, amagosa aphezulu kunye nabaphathi	Obhinqileyo	19	0	30	0	30
	Indoda	32	0	32	0	32
Iingcali	Obhinqileyo	115	0	309	0	309
	Indoda	246	0	451	0	451
Amagcisa neengcali ezimanyeneyo	Obhinqileyo	447	0	1 158	0	1 158
	Indoda	464	0	1 116	0	1 116
Oonobhala	Obhinqileyo	170	0	432	0	432
	Indoda	343	0	436	0	436

Iindidi zomsebenzi	Isini	Inani labasebenzi ngokowoku-1 kuTshazimpunzi wama-2018	Iimfuno zoqeqesho zichongiwe ekuqaleni kwexesha lokunikwa kwengxelo			
			Ufundo qeqesho	Iinkqubo zezakhono kunye nezinye izifundo zethutyana	Ezinye iintlobo zoqeqesho	Zizonke
Imisebenzi esisiseko	Obhinqileyo	97	0	54	0	54
	Indoda	192	0	109	0	109
Zizonkana	Obhinqileyo	853	0	1 983	0	1 983
	Indoda	1 294	0	2 144	0	2 144
Zizonke		2 147	0	4 127	0	4 127
Abasebenzi abaphila nokhubazeko	Obhinqileyo	5	0	0	0	0
	Indoda	17	0	0	0	0

Qaphela: Itheyibhile engentla ibonisa iimfuno zoqeqesho ekuqaleni kwexesha lokunikwa kwengxelo ngokwesiCwangciso seZakhono zaseMsebenzini ngasinye seDTPW.

Itheyibhile 3.13.2: Uqeqesho olunikezelweyo, kowoku-1 kuTshazimpunzi wama-2018 ukuya kowama-31 kweyoKwindla wama-2019

Iindidi zomsebenzi	Isini	Inani labasebenzi ngokowoku-1 kuTshazimpunzi wama-2018	Iimfuno zoqeqesho zichongiwe ekuqaleni kwexesha lokunikwa kwengxelo			
			Ufundo qeqesho	Iinkqubo zezakhono kunye nezinye izifundo zethutyana	Ezinye iintlobo zoqeqesho	Zizonke
Abawisi mthetho, amagosa aphezulu kunye nabaphathi	Obhinqileyo	20	0	38	0	38
	Indoda	32	0	28	0	28
Iingcali	Obhinqileyo	129	0	120	0	120
	Indoda	262	0	277	0	277
Amagcisa neengcali ezimanyeneyo	Obhinqileyo	480	0	444	0	444
	Indoda	516	0	584	0	584
Oonobhala	Obhinqileyo	170	0	89	0	89
	Indoda	350	0	152	0	152
Imisebenzi esisiseko	Obhinqileyo	96	0	20	0	20
	Indoda	203	0	77	0	77
Zizonkana	Obhinqileyo	901	0	713	0	713
	Indoda	1 379	0	1 119	0	1 119
Zizonke		2 280	0	1 832	0	1 832
Abasebenzi abaphila nokhubazeko	Obhinqileyo	6	0	2	0	2
	Indoda	16	0	1	0	1

3.14 Umenzakalo emsebenzini

Itheyibhile 3.14.1 ibonelela ngeenkukacha ezisiseko ngokwenzakala okwenzeke ngelixa igosa lisebenzini.

Itheyibhile 3.14.1: Umenzakalo emsebenzini, kowoku-1 kuTshazimpunzi wama-2018 ukuya kowama-31 kweyoKwindla wama-2019

Uhlobo lomenzakalo emsebenzini	Inani	i% yawo uwonke
Olufuna ingqalelo yonyango olulula kuphela	8	12.1
Ukhubazeko lwexeshana	58	87.9
Ukhubazeko olusisigxina	0	0.0
Ukufa	0	0.0
Lulonke	66	100.0
Ipesenti yengqesho iyonke		2.6

3.15 Ukusetyenziswa kwabacebisi

Itheyibhile 3.15.1: Ukusetyenziswa kwabacebisi

Inkqubo	Igama leProjekthi	Uhlobo lweprojekthi	Lilonke inani labacebisi abasebenze kwiprojekthi	(Ubude bexesha elisetyenziweyo)	Inkqubo	Igama leprojekthi	Uhlobo lweprojekthi	Lilonke inani labacebisi abasebenze kwiprojekthi
Inkqubo yesi-2	Inkonzo yobuNgcali	Ukutyunjwa koMyili weDolophu / uMyili wezakhiwo ukuncedisa icandelo leprojekthi ezizodwa ngomsebenzi wokulungiselela inqanaba lokukhululwa kwendawo yeFounders' Garden/Artscape	1	linyanga ezi-2	R16 720	1	1	2
	Inkonzo yobuNgcali	Ukutyunjwa kwabanikezeli beenkonzo abaza kuncedisa ekugqibezeleni uyilo lweNkqubo sikhokelo soPhuhliso loMhlaba olibala weNgingqi (i-LSDF]yeTwo Rivers Urban Park (i-TRUP)	1	linyanga ezili-14	R1 395 008	1	1	2
	Inkonzo yobuNgcali	Ubonelelo lwenkonzo yolawulo lweprojekthi yobungcali kulawulo lwezigaba zokukhutshwa kwesiseko sendawo yeFounders' Garden	1	linyanga ezingama-36	R4 731 120	1	1	0
	Inkonzo yobuNgcali	Ukubonelelwa kweenkonzo zobungcali ukuncedisa iCandelo leeProjekthi eziZodwa ngomsebenzi wokwenza ukuba kulungiselelwe isigaba sokukhutshwa kweprojekthi yeFounders' Garden	5	linyanga ezisi-8	R1 516 821	1	5	4

Inkqubo	Igama leProjekthi	Uhlobo lweprojekthi	Lilonke inani labacebisi abasebenze kwiprojekthi	(Ubude bexesha elisetyenziweyo)	Inkqubo	Igama leprojekthi	Uhlobo lweprojekthi	Lilonke inani labacebisi abasebenze kwiprojekthi
	Inkonzo yobuNgcali	Ukuqeshwa komcebisi weqhinga lokusebenza wephondo kwiNtloko yoCwangciso lokuQhubeka noShishino lwaManzi kuRhulumente weNtshona Kapa	1	Iminyaka emi-3	R6 976 622	1	2	4
	Inkonzo yobuNgcali	Ukutyumba umniki nkonzo osekiweyo ukulungiselela nokupapasha iNgxelo yesi-7 yonyaka eSebenzayo yePropati yeSebe	1	Iinyanga ezili-12	R357 022	1	1	4
Inkqubo yesi-2	Inkonzo yobuNgcali	Ukuchongwa komboneleli ngenkonzo ukuba ahambise imarke yepropathi ngokuhambelana nophuhliso olucetywayo lweFounders' Garden (Isiza 186) eKapa	1	Iinyanga ezi-3	R230 000	1	1	0
	Inkonzo yobuNgcali	Ukuqeshwa komxabisi obhalisiweyo oqeqeshiweyo ukufumanisa irente enxulumene nemarike yeSikolo seZakhono sasePaarl	1	Iiveki ezi-2	R5 500	1	1	4
	IInkonzo zobuNgcali	Ukutyunjwa komxabisi obhalisiweyo oqinisekisa ngexabiso lengqeshiso enxulumene nemarike: Isiza 3779: eHout Bay	1	Iiveki ezi-2	R3 600	1	1	4
	Inkonzo yobuNgcali	Ukuqeshwa komxabisi obhalisiweyo oqinisekisa ngexabiso lentengiso: Isiza 80: Laingville: eSt Helena Bay	1	Iiveki ezi-2	R4 521	1	1	4

Inkqubo	Igama leProjekthi	Uhlobo lweprojekthi	Lilonke inani labacebisi abasebenze kwiprojekthi	(Ubude bexesha elisetyenziweyo)	Inkqubo	Igama leprojekthi	Uhlobo lweprojekthi	Lilonke inani labacebisi abasebenze kwiprojekthi
	Inkonzo yobuNgcali	Ukuchongwa komvavanyi womhlaba obhalisiweyo ukwahlula isahlulo seSiza 810 eKhayelitsha	1	linyanga ezisi-8	R28 000	1	1	2
	Inkonzo yobuNgcali	Ukuchongwa koMvavanyi woMhlaba obhalisiweyo ukuze kohlulwe iSiza 4940: eHartenbos	1	linyanga ezisi-8	R25 000	1	1	2
	Inkonzo yobuNgcali	Uqingqo maxabiso lweZiza 24150, 24151 kunye ne-24165 eMaifland eKapa	1	liveki ezi-2	R4 200	1	1	4
	Inkonzo yobuNgcali	Ukuxabiseka kwenxalenye yeFama 235, iStellenbosch Road, eJagershof: eKuils River	1	liveki ezi-2	R3 800	1	1	4
	Inkonzo yobuNgcali	Ukuchongwa komxabisi obhalisiweyo oqinisekisa ngexabiso lengqeshiso enxulumene nemarki yesahlulo seSiza 100301: eWelcome Estate	1	linyanga ezili-12	R10 757	1	1	0
	Inkonzo yobuNgcali	Ukuqeshwa komxabisi ongumsebenzi obhalisileyo ukufumanisa ixabiso lentengiso: iSiza 8972: eWeltevreden Valley	1	liveki ezi-2	R4 000	1	1	4
Inkqubo yesi-2	Inkonzo yobuNgcali	Ukutyunjwa komxabisi obhalisiweyo oqinisekisiweyo ukuze aqonde ngengqeshiso enxulumene nemarki: iSiza 25066: eMilnerton kunye 27852: eBlue Downs	1	liveki ezi-2	R5 000	1	1	4

Inkqubo	Igama leProjekthi	Uhlobo lweprojekthi	Lilonke inani labacebisi abasebenze kwiprojekthi	(Ubude bexesha elisetyenziweyo)	Inkqubo	Igama leprojekthi	Uhlobo lweprojekthi	Lilonke inani labacebisi abasebenze kwiprojekthi
Inkonzo yobuNgcali	Ukuqeshwa kweNjineli yezendlela ukuqhuba uvavanyo lwempembelelo kwiZiza 47204, 47205, 47206, 47207,47209, 47214 ne-47252: eRondebosch		1	linyanga ezi-3	R44 500	1	1	4
Inkonzo yobuNgcali	Ukutyunjwa komcwangcisi wedolophu obhalisiweyo wokwenza ngokutsha iSiza 25166: eMaitland		1	linyanga ezili-12	R35 000	1	1	2
Inkonzo yobuNgcali	Ukuchongwa komxabisi oqeqeshiweyo oqinisekisa ngexabiso lentengiso leSahlulo se-10 seFama 727: eDe Novo		1	lintsuku ezili-14	R14 710	1	1	0
Inkonzo yobuNgcali	Ukuchongwa komxabisi ongumsebenzi obhalisileyo ukufumanisa ngexabiso leSiza 83380: eRetreat		1	lintsuku ezili-10	R55 000	1	1	4
Inkonzo yobuNgcali	Ukutyunjwa komxabisi obhalisiweyo oqinisekisiweyo ukufumanisa ngexabiso lengqeshiso yezindlu ezahlukeneyo: eRobertson		1	linyanga ezili-12	R34 500	1	1	4
Inkonzo yobuNgcali	Ukuqeshwa komqingqi maxabiso obhalisiweyo ukufumanisa ngentengiso enxulumene neSiza 70634: eMcGregor House: 4 Victoria Road: ePlumstead		1	lintsuku ezili-14	R4 900	1	1	4

Inkqubo	Igama leProjekthi	Uhlobo lweprojekthi	Lilonke inani labacebisi abasebenze kwiprojekthi	(Ubude bexesha elisetyenziweyo)	Inkqubo	Igama leprojekthi	Uhlobo lweprojekthi	Lilonke inani labacebisi abasebenze kwiprojekthi
	Inkonzo yobuNgcali	Ukutyunjwa komxabisi obhalisiweyo oqinisekisa ngexabiso leentengiso kwiSiza 2909: eKuils River	1	lintsuku ezili-14	R3 695	1	1	4
	Inkonzo yobuNgcali	Ukuchongwa komxabisi oyingcali ebhalisiweyo ukufumanisa ngexabiso lengqeshiso enxulumene nentengiso kwiSiza 11409: eMfuleni	1	lintsuku ezili-14	R3 600	1	1	4
Inkqubo yesi-2	Inkonzo yobuNgcali	Ukutyunjwa komxabisi obhalisiweyo oqinisekisa ngexabiso lengqeshiso enxulumene nemarike yaseGrand Central Building: eKapa: Kwimigangatho 1-11, kwiiVenkile 16 ne-16A nakwiindawo zokupaka ezili-100.	1	lintsuku ezili-14	R18 975	1	1	4
	Inkonzo yobuNgcali	Ukuchongwa komxabisi oyingcali ebhalisileyo ukufumanisa ngexabiso leSiza 14811: eKraaifontein	1	lintsuku ezili-14	R3 800	1	1	4
	Inkonzo yobuNgcali	Ukunikwa kwexabiso kwamaziko emfundo awahlukeneyo	1	liveki ezi-4	R59 000	1	1	4
	Inkonzo yobuNgcali	Ukuchongwa komxabisi obhalisiweyo oqinisekisa ngexabiso lengqeshiso enxulumene nemarike yesahlulo seSiza 1375: eDelft	1	liveki ezi-2	R12 420	1	1	2

Inkqubo	Igama leProjekthi	Uhlobo lweprojekthi	Lilonke inani labacebisi abasebenze kwiprojekthi	(Ubude bexesha elisetyenziweyo)	Inkqubo	Igama leprojekthi	Uhlobo lweprojekthi	Lilonke inani labacebisi abasebenze kwiprojekthi
	Inkonzo yobuNgcali	Ukunikwa kwexabisa kweSiza 1095: eKnysna 13 Pitt Street	1	linyanga ezili-12	R5 250	1	1	4
	Inkonzo yobuNgcali	Ukunikwa kwexabiso kweSiza 11405: eMfuleni	1	linyanga ezili-12	R4 975	1	1	4
	Inkonzo yobuNgcali	Ukuqeshwa komvavanyi womhlaba obhalisiweyo: eHector Peterson School: iSiza-14227 ne-18526	1	linyanga ezili-12	R57 500	1	1	4
	Inkonzo yobuNgcali	Ukuqeshwa komqinqaji maxabiso obhalisiweyo ukufumanisa ngexabiso leSiza 34473, isahlulo seSiza 11112, Isiza 34719 nenxalenye yesiza14335: eStrand	1	lintsuku ezili-10	R5 200	1	1	4
	Inkonzo yobuNgcali	Ukutyunjwa komxabisi obhalisiweyo oqinisekisiweyo ukufumanisa ngexabiso lemarike kumgangatho wesine, kwiSakhiwo se-Oude Bloemhof, ePlein Street eStellenbosch	1	lintsuku ezili-14	R3 700	1	1	4
Inkqubo yesi-3	Inkonzo yobuNgcali	Ukuchongwa kwegcisa eliza kuphanda unobangela okanye oonobangela bokusilela kwangaphambi kwexesha kwiNdlela eNkulu 347	1	linyanga ezili-12	R460 000	1	1	0

Inkqubo	Igama leProjekthi	Uhlobo lweprojekthi	Lilonke inani labacebisi abasebenze kwiprojekthi	(Ubude bexesha elisetyenziweyo)	Inkqubo	Igama leprojekthi	Uhlobo lweprojekthi	Lilonke inani labacebisi abasebenze kwiprojekthi
Inkqubo yesi-4	Inkonzo yobuNgcali	Ezobuchwephesha, iingcebiso kunye nokubonisana neenkonzobunjineli kwimimandla yeenkqubo zothungelwano kunye nokucwangciswa kwendlela; ukucwangciswa kokusebenza; ucwangciso lwengqiqo yeziseko zophuhliso; imfundo noqeqesho, ukucebisa ngezoshishino kunye nenkonzo yeengcebiso kwiVOC; kunye neenkonzozengcebiso zobugcisa	1	Iminyaka emi-3	R42 000 000	1	17	2
	Inkonzo yobuNgcali	Inkxaso kulawulo lwezemali, isicwangciso mali kunye nolwakhiwo, ulawulo lohlahlo lwabiwo mali, ucwangciso lohshishino, ulwakhiwo kunye nokongamela kunye nenkxaso yolawulo ngexesha lesigaba sokumiselwa kweGIPTN	1	Iminyaka emi-3	R86 000 000	1	33	2
	Inkonzo yobuNgcali	Unikezelo lwenkonzo yobungcali kuphuhliso lwe-ICT, ulondolozo nenkxaso yeSebe liphela	45	Iminyaka emi-3	R150 000 000	1	45	4
Inkqubo yesi-5	Inkonzo yobuNgcali	Ukuchongwa kwejaji ezakulamla phakathi kwesigqeba esilawulayo sephondo leSANTACO eNtshona Kapa kunye neqela leenkokeli zoonoteksi abangonwabanga	1	Iintsuku ezingama-30	R240 000	1	1	0

Inkqubo	Igama leProjekthi	Uhlobo lweprojekthi	Lilonke inani labacebisi abasebenze kwiprojekthi	(Ubude bexesha elisetyenziweyo)	Inkqubo	Igama leprojekthi	Uhlobo lweprojekthi	Lilonke inani labacebisi abasebenze kwiprojekthi
	Inkonzo yobuNgcali	Ukunikezelwa kweenkonzo zenkxaso ezicwangcisiweyo, nenkqubo kunye neenkonzo zolawulo lweprojekthi	1	Iminyaka emi-3	R4 025 000	1	1	4
Inkqubo yesi-6	Inkonzo yobuNgcali	Ukuqeshwa komcebisi ukuba aqhube uVavanyo lweMpembelelo yoXhotyiso neNgxelo yoPhunyezo lokuJoliswe kuko koXhotyiso lweprojekthi yokwakha: Ummandla woNxweme oluseNtshona: eVredenburg	1	linyanga ezili-16	R188 508	1	1	0
	Inkonzo yobuNgcali	Ukuqeshwa komcebisi ukuba aqhube okujoliswe kuko kuXhotyiso lweProjekthi yokwakha: Ingingqi yeNqila yeKapa: eClaremont	1	linyanga ezili-16	R168 525	1	1	1
	Inkonzo yobuNgcali	Ukuqeshwa komcebisi ukuba aqhube okujoliswe kuko kuXhotyiso lweProjekthi yokwakha: iMetro yeKapa: eWillows Primary School	1	linyanga ezili-18	R189 088	1	1	1
Inkqubo yesi-6	Inkonzo yobuNgcali	Ukuqeshwa komcebisi ukuba anikezele ngeenkonzo zophuhliso lweshishini: eCape Winelands: ePaarl Group 3	1	*Inyanga enye	R33 540	1	1	1
	Inkonzo yobuNgcali	Ukutyunjwa kwenjineli yoluntu ebhalisiweyo yokubonelela ngeenkonzo zokucebisa kunye nophuhliso kubagqatswa bezobunjinieli ababhaliswe kwi-ECSA	1	linyanga ezili-12	R429 120	1	1	4

Inkqubo	Igama leProjekthi	Uhlobo lweprojekthi	Lilonke inani labacebisi abasebenze kwiprojekthi	(Ubude bexesha elisetyenziweyo)	Inkqubo	Igama leprojekthi	Uhlobo lweprojekthi	Lilonke inani labacebisi abasebenze kwiprojekthi
	Inkonzo yobuNgcali	Ukuqeshwa komcebisi ukuba aqhube iNgxelo yokuPhunyezwa kokujoliswe kuko kuXhotyiso kwiSibhedlele saseNelspoort	1	linyanga ezili-10	R222 180	1	1	1
	Inkonzo yobuNgcali	Ukuqeshwa komcebisi ukuba aqhube uVavanyo lweMpembelelo yoXhotyiso neNgxelo yoPhunyezo lokuJoliswe kuko koXhotyiso lweprojekthi yokwakha: ePaarl CDC	1	linyanga ezingama-27	R275 640	1	1	1
	Inkonzo yobuNgcali	Ukuqeshwa komcebisi ukuba aqhube uVavanyo lweMpembelelo yoXhotyiso neNgxelo yoPhunyezo lokuJoliswe kuko koXhotyiso lweprojekthi yokwakha: Ukufakwa kweKliniki eNdaweni yenye eVilliersdorp	1	linyanga ezili-12	R197 760	1	1	1
	Inkonzo yobuNgcali	Ukutyunjwa komcebisi ukuba aqhube uVavanyo lweMpembelelo yoXhotyiso neNgxelo yoPhunyezo lokuJoliswe kuko kuXhotyiso lweprojekthi yokwakha: eMacassar: kwiMetro yeKapa	1	linyanga ezili-18	R219 792	1	1	1

Inkqubo	Igama leProjekthi	Uhlobo lweprojekthi	Lilonke inani labacebisi abasebenze kwiprojekthi	(Ubude bexesha elisetyenziweyo)	Inkqubo	Igama leprojekthi	Uhlobo lweprojekthi	Lilonke inani labacebisi abasebenze kwiprojekthi
	Inkonzo yobuNgcali	Ukuqeshwa komcebisi ukuba aqhube uVavanyo lweMpembelelo yoXhotyiso (i-EMPIA) Ukuphunyezwa kokuJoliswe kuko (i-ETIR) kweprojekthi yokwakha: eMfuleni High School: kwiMetro yeKapa	1	linyanga ezili-18	R274 068	1	1	1
Inkqubo yesi-6	Inkonzo yobuNgcali	Ukuqeshwa komcebisi ukuba aqhube uVavanyo lweMpembelelo yoXhotyiso lweNngxelo yoPhunyezo lokuJoliswe kuko kweprojekthi yokwakha: eNyanga: kwiMetho yeKapa	1	linyanga ezili-18	R234 000	1	1	1
	Inkonzo yobuNgcali	Ukuqeshwa komcebisi ukuba aqhube uVavanyo lweMpembelelo kuXhotyiso nokuXhobisa okuJoliswe kuko kuPhunyezo lwengxelo yeZiko loLuntu: eWynberg	1	linyanga ezili-14	R180 300	1	1	1
	Inkonzo yobuNgcali	Ukuqeshwa umcebisi ukuqhuba uVavanyo lweMpembelelo yoXhotyiso neNngxelo yokuJoliswe kuko kuXhotyiso lweprojekthi yokwakha: kwiSibhedlele saseKarl Bremer: eBellville	1	linyanga ezingama-25	R290 640	1	1	1

Inkqubo	Igama leProjekthi	Uhlobo lweprojekthi	Lilonke inani labacebisi abasebenze kwiprojekthi	(Ubude bexesha elisetyenziweyo)	Inkqubo	Igama leprojekthi	Uhlobo lweprojekthi	Lilonke inani labacebisi abasebenze kwiprojekthi
	Inkonzo yobuNgcali	Ukuqeshwa umcebisi ukuqhuba uVavanyo lweMpembelelo yoXhotyiso neNgxelo yokuJoliswe kuko kuXhotyiso lweprojekthi yokwakha: kwiSibhedlela saseSomerset: eGreen Point	1	linyanga ezili-19	R236 328	1	1	1
	Inkonzo yobuNgcali	Ukuqeshwa umcebisi ukuqhuba uVavanyo lweMpembelelo yoXhotyiso neNgxelo yokuJoliswe kuko kuXhotyiso lweprojekthi yokwakha: kwiSikolo samaBanga aPhezulu eMoorreesburg	1	linyanga ezili-14	R219 330	1	1	1
	Inkonzo yobuNgcali	Ukuqeshwa komcebisi ukuba aqhube uVavanyo lweMpembelelo yoXhotyiso neNgxelo yokuJoliswe kuko kuXhotyiso lweprojekthi yokwakha: kwiMetro yeKapa: kwiSikolo samaBanga aPhantsi eWoodlands	1	linyanga ezili-14	R153 511	1	1	1
	Inkonzo yobuNgcali	Ukuqeshwa komcebisi ukuba aqhube uVavanyo lweMpembelelo kuXhotyiso (i-EMPIA) Ukuphunyezwa kokuJoliswe kuko (i-ETIR) zeprojekthi yokwakha: eRavensmead	1	linyanga ezili-18	R230 520	1	1	1
Zizonke ziphelele					R302 152 266			

Qaphela: 0 – malunga nenqanaba leBBBEE libhekisa kumnikeli ongathobeliyo.

Icandelo E: iNkcukacha ngezeMali

1 Ingxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele

Ingxelo kuphicotho-zincwadi zeengxelo ngezemali

Uluvo

1. Ndiziphicothile iincwadi zemali yeSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu laseNtshona Kapa njengoko kubekiwe kwiphepha lama-239 ukuya kwelama-335 okuquka ingxelo yolwabiwo mali, ingxelo yemeko yezemali ngokomhla wama-31 kweyoKwindla wama-2018, kwanengxelo yendlela esebenze ngayo imali, ingxelo ngotshintsho lwee-asethi eziseleyo kunye nengxelo yokuphuma nokungena kwemali kunyaka ophelileyo, kwakunye namanqaku akwiingxelo zemali, kuquka isishwankathelo esiphambili semigaqo nkqubo yocwangciso mali.
2. Ngokoluvo lwam, iingxelo zemali ziyanelisa, ngandlela zonke, ubume bezemali beSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu eNtshona Kapa ngokowama-31 kweyoKwindla wama-2019, nokusebenza kwemali nokungena nokuphuma kwemali kunyaka ophelileyo ngokuhambelana noMgangatho weMali eGuquliweyo (iMCS) emiselwe nguNondyebo kaZwelonke kunye neemfuno zoMthetho woLawulo lweMali yoLuntu lwaseMzantsi Afrika, we-1999 (uMthetho woku-1 we-1999) (iPFMA) kunye noMthetho woLwahlulo lweNgeniso eMzantsi Afrika, wama-2018 (uMthetho wama-31 wama-2018 (iDora)).

Isiseko soluvo

3. Ndiluhube uphicotho lwam ngokweMigangatho yeHlabathi yoPhicotho zincwadi (ii-ISA). Uxanduva lwam phantsi kwalo migangatho luchazwe ngakumbi kuxanduva lomphicothi zincwadi jikelele kuphicotho zincwadi lwecandelo leengxelo zemali zale ngxelo yomphicothi zincwadi.
4. Ndizimele kwisebe ngokungqinelana necandelo lama-290 nelama-291 le*Khowudi yokuziPhatha kwabacwangcisi mali abaziingcali* kunye necandelo loku-1 nelesi-3 le*Khowudi yokuziPhatha yeHlabathi yaBacwangcisi mali abaziiNgcali (kubandakanya iMigangantho yokuZimela yaMazwe ngaMazwe)* yeBhodi yeMingangatho yokuziPhatha yeHlabathi (iikhowudi ze-IESBA) kwakunye neemfuneko zokuziphatha ezifanelekileyo kuphicotho zincwadi lwam eMzantsi Afrika. Ndiluzalisekisile olunye uxanduva lwam lokuziphatha ngokungqinelana nezi mfuneko kunye neekhowudi ze-IESBA.
5. Ndiyakholelwa ukuba ubungqina endibufumeneyo banele kwaye bufanelekile ukuba ndibonelele ngesiseko soluvo lwam

Ugxininiso lomb

6. Nditsalela ingqalelo kulo mba ungezantsi. Uluvo lwam aluguqulwanga ngokuphathelele kulo mba.

Ukungaqiniseki okunxulumene nesiphumo sexesha elizayo lesimangalo

7. Isebe ngummangalelwa kwiingozi zendlela kunye namabango omonakalo afakwe ngabantu babucala njengoko kuchaziwe kwinqaku 17.1 kwiingxelo zemali. Isiphumo sala matyala avulekileyo achasene nesebe asinakumiselwa ngoku kwaye akukho lungiselelo lwalo naluphi na uxanduva olunokuthi lube neziphumo kwiingxelo zemali.

Omnye umba

8. Nditsalela ingqalelo kulo mba ungezantsi. Uluvo lwam aluguqulwanga ngokuphathelele kulo mba.

Ishedyuli ezongezelelweyo ezingaphicothwanga

9. Ulwazi olongezelelekileyo oluchazwe kwiphepha lama-338 ukuya kwelama-349 aluyonxalenye yeengxelo zemali kwaye luchazwa njengeenkukacha ezongezelelweyo. Khange ndiziphicothe ezi shedyuli kwaye, ngokufanelekileyo, andivezi luvo ngako oko.

Uxanduva lweGosa eliphendulayo ngeengxelo zemali

10. Igosa eliphendulayo linoxanduva lokulungiselelwa nokunikezelwa okufanelekileyo kweengxelo zemali ngokungqamana neMCS emiselwe nguNondyebo kaZwelonke kunye neemfuno zePFMA neDora kunye nolawulo lwangaphakathi njengoko igosa eliphendulayo libona kufanelekile ukwenza amalungiselelo eengxelo zemali ezingenamakhwiniba, nokuba kungenxa yobumenemene okanye impazamo.
11. Ekulungiseleleni iingxelo zemali, igosa eliphendulayo linoxanduva lokuvavanya isebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu eNtshona Kapa ukuze liqhubeke njengenxalabo eqhubekayo, lichaze, njengoko kufanelekile, imicimbi enxulumene nenxalabo eqhubekayo kunye nokusetyenziswa kwenxalabo eqhubekayo yoxanduva lokuphendula ngaphandle kokuba ulwakhiwo olufanelekileyo luceba ukuphelisa isebe okanye ukuyeka ukusebenza, okanye alunandlela yimbi yokwenyani ngaphandle kokwenza oko.

Uxanduva loMphicothi zincwadi Jikelele lokuphicothwa kweengxelo zemali

12. Iinjongo zam kukufumana ingqinisekiso efanelekileyo malunga nokuba ingaba iingxelo zemali zizonke azinamakhweniba, nokuba kungenxa yobumenemene okanye impazamo, nokukhupha ingxelo yomphicothi zincwadi ebandakanya uluvo lwam. Ingqinisekiso enengqiqo linqanaba eliphezulu lokuqinisekisa, kodwa ayisosiqinisekiso sokuba uphicotho zincwadi olwenziwe ngokungqinelana nee-ISA luya kuhlala lubona ingxelo engeyiyo xa ikhona. Amakhwiniba anokuvela kubumenemene okanye kwimpazamo kwaye athathwa njengezinto ezenziweyo ukuba, ngokuzimela okanye ngokudibeneyo, zinokulindeleka ngokufanelekileyo ukuba zibe nefuthe kwizigqibo zoqoqosho zabasebenzisi ezithathiweyo ngokwesiseko seengxelo zemali
13. Enye inkcazo yemisebenzi yam ekuphicothweni kweengxelo zemali ifakiwe kwisihlomelo sale ngxelo yomphicothi zincwadi.

Ingxelo kuphicotho zincwadi lwengxelo yomsebenzi wonyaka

Intshayelelo nobubanzi

14. Ngokuhambelana noMthetho woPhicotho zincwadi zikaRhulumente woMzantsi Afrika wama-2004 (uMthetho wama-25 wama-2004) (iPAA) kunye nesaziso ngokubanzi esikhutshwe ngokwemiqathango yawo ngoko oko, ndinoxanduva lokunika ingxelo kuncedo nokuthembeka kweenkcukacha zomsebenzi ezichaziweyo kuthelakiswa neenjongo ezimiselwe kwangaphambili zeenkqubo ezikhethiweyo eziboniswe kwingxelo yonyaka yokusebenza. Ndenze iinkqubo ukuchonga izinto ezifunyanisiweyo kuphicotho kodwa hayi ukuqokelela ubungqina bokuvakalisa ingqinisekiso
15. Iinkqubo zam zijongana noncedo nokuthembeka kweenkcukacha zokusebenza ezixeliweyo, ekufuneka zisekwe kumaxwebhu ochwangciso lomsebenzi ovunyiweyo wesebe. Khange ndikuvavanye ukugqibelela nokufaneleka kwezalathi zokusebenza ezifakwe kumaxwebhu ochwangciso. Iinkqubo zam azivavanyi ukuba ngaba amanyathelo athathiweyo lisebe enze ukuba unikezelo lweenkonzo lubenakho. Iinkqubo zam kwakhona azanandisi naluphi na ubhengezo okanye amabango ngokunxulumene neendlela ezicwangcisiweyo zokusebenza kunye neenkukacha malunga nexesha elizayo elinokuthi libandakanywe njengenxalenye yeenkcukacha zomsebenzi ezichaziweyo. Ngokunjalo, iziphumo zam zophicotho azigqitheli kule miba.
16. Ndikuvavanyile ukunceda nokuthembeka kweenkcukacha zokusebenza ezichaziweyo ngokungqinelana nendlela yokugweba ephuhlise kulawulo lokusebenza kunye nenkqubo sikhokelo yokunika ingxelo, njengoko kuchaziwe kwisaziso ngokubanzi, kwinkqubo ekhethiweyo elandelayo ethiwe thaca kwingxelo yokusebenza yonyaka yesebe kunyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019:

linkqubo	Amaphepha kwingxelo yonyaka yokusebenza
Inkqubo yesi-2 – Izibonelelo zophuhliso lwemisebenzi yoluntu	86 - 109
Inkqubo yesi-3 – Izibonelelo zophuhliso lwezothutho	110 - 117

17. Ndenze iinkqubo zokumisela ukuba ingaba iinkukacha zomsebenzi ezixeliweyo zaboniswa ngokufanelekileyo na nokuba umsebenzi uyahambelana na namaxwebhu ochwangciso okusebenza avunyiweyo. Ndenze enye inkqubo yokufumanisa ukuba ingaba izalathisi nokujoliswe kuko kunokulinganiswa na kwaye kuchanekile na, ndaze ndavavanya ukuthembeka kweenkcukacha zomsebenzi ezixeliweyo ukufumanisa ukuba ingaba zisemthethweni, zichanekile kwaye zigqibelele na.

18. Andiphakamisanga naziphi na izinto ezifunyanisiweyo ngokubaluleka nasekuthembekeni kweenkcukacha zomsebenzi ezixeliweyo zezi nkqubo zilandelayo:

- Inkqubo yesi-2 – Izibonelelo zophuhliso lwemisebenzi yoluntu
- Inkqubo yesi-3 – Izibonelelo zophuhliso lwezothutho

Eminye imiba

19. Nditsalela ingqalelo kulo mba ungezantsi.

Ukufezekiswa kokujoliswe kuko kocwangciso

20. Jonga ingxelo yonyaka yokwenziwa komsebenzi kwiphepha lama-86 ukuya kwele-109 kunye nele-110 ukuya kwele-117 ukufumana iinkcukacha kufezekiso okujoliswe kuko kocwangciso konyaka kunye neengcaciso ekubonelelwe ngako kufezekiso olungaphantsi okanye ngaphezulu kwini lokube kujoliswe kuko.

Ulungelwaniso lwamakhwiniba afumanekileyo

21. Ndalathe amakhwiniba afumanekileyo kwingxelo yokusebenza yonyaka engeniselwe uphicotho. La makhwiniba afumanekileyo abe kwiinkcukacha zokusebenza kwenkqubo yesi-2 – izibonelelo zophuhliso zemisebenzi yoluntu kunye nenkqubo yesi-3 - izibonelelo zothutho. Njengabaphathi abathe emva koko balungisa amakhwiniba, andizange ndikuphakamise nakuphi na okuthe kwafunyaniswa ekuncedeni nasekuthembekeni kweenkcukacha zokusebenza ezichaziweyo.

Ingxelo kuphicotho zincwadi kuthotyelo lomthetho

Intshayelelo nobubanzi

22. Ngokuhambelana nePAA kunye nesaziso ngokubanzi esikhutshwe ngokwemiqathango yazo, ndinoxanduva lokunika ingxelo ngeziphumo zophicotho kuthotyelo lwesebe ngemiba ethile kwimithetho ephambili. Ndenze iinkqubo zokwalatha izinto ezifunyanisiweyo kodwa hayi ukuqokelela ubungqina bokuvakalisa ingqinisekiso.

23. Andalathanga naziphi na izinto ezifumanekileyo kuthotyelo nemiba ethile kwimithetho ephambili ebekwe kwisaziso ngokubanzi esikhutshwe ngokumalunga nePAA.

Ezinye iinkcukacha

24. Igosa eliphendulayo linoxanduva lokufumana ezinye iinkcukacha. Ezinye iinkcukacha ziqulathe iinkcukacha ezibandakanyiweyo kwingxelo yonyaka equka igosa eliphendulayo kunye nengxelo yekomiti yophicotho zincwadi. Ezinye iinkcukacha azizibandakanyi iingxelo zemali, ingxelo yomphicothi zincwadi kunye neenkqubo ezikhethiweyo ezichazwe kwingxelo yokusebenza yonyaka ethe yaxelwa ngokukodwa kule ngxelo yomphicothi zincwadi.

25. Uluvo lwam kwiingxelo zemali kunye nokufunyaniswe kwiinkcukacha zokusebenza okuchaziweyo kunye nokuthotyelwa komthetho azigubungeli ezinye iinkcukacha kwaye andivezi luvo lophicotho zincwadi okanye naluphi na uhlobo lwesigqibo sengqinisekiso ngako oko.
26. Ngokunxulumene nophicotho zincwadi lwam, olwam uxanduva kukufunda ezinye iinkcukacha kwaye, ngokwenza njalo, ndiqwalasele ukuba ingaba ezinye iinkcukacha azihambelani na neengxelo zemali kunye neenkqubo ezikhethiweyo eziboniswe kwiingxelo yokusebenza konyaka, okanye ulwazi lwam olufunyenwe kuphicotho zincwadi, okanye kungenjalo luvele njengamakhwiniba afumanekileyo.
27. Ukuba, ngokusekelwe kumsebenzi endiwenzileyo, ndigqiba kwelokuba kukho amakhwiniba afumanekileyo kwezi zizezinye iinkcukacha, kufuneka ndinike ingxelo ngoko.
28. Andinto ndinganika ingxelo ngayo kule meko.

Ukusilela kolawulo lwangaphakathi

29. Ndiluthathele ingqalelo ulawulo lwangaphakathi njengolufanelekileyo kuphicotho zincwadi lwam lweengxelo zemali, iinkcukacha zokusebenza ezichaziweyo nokuthobela umthetho osebenzayo; nangona kunjalo, injongo yam yayingekuko ukubonisa naluphi na uhlobo lwengqiniseko kuyo. Andikhange ndibone nakuphi na ukusilela kulawulo lwangaphakathi.

Auditor-General

eKapa

Ngowama-31 kweyeKhala wama-2019



AUDITOR - GENERAL
SOUTH AFRICA

Auditing to build public confidence

2 IsiHlomelo – Uxanduva loMphicothi zincwadi Jikelele lokuphicotha

1. Njengexalenye yophicotho-zincwadi ngokungqinelana nee-ISA, ndisebenzisa isigwebo ngobuchule ndize ndigcine intandabuzo ngobugcisa kuphicotho lwam luphela lweengxelo zemali kwaye neenkqubo eziqhutyiweyo kwiinkcukacha zomsebenzi oxeliweyo wenkqubo nakuthotyelo lwesebe ngokubhekisele kwimiba yesihloko esikhethiweyo. Njengexalenye yophicotho ngokungqinelana nee-ISA, ndisebenzisa uthelekelelo olunobuchule nokusebenza ngokungenantandabuzo ngelixa ndisenza uphicotho lweengxelo zemali, kwaye iindlela zokwenza kwiinkcukacha zokusebenza ezixeliweyo zeenkqubo ezikhethekileyo nothothelo lwesebe ngokumalunga nemiba ethile ekhethiweyo.

lingxelo zemali

2. Ukongeza kuxanduva lwam lokuphicothwa kweengxelo zemali njengoko kuchaziwe kwingxelo yophicotho zincwadi, ndikwa:
 - chonga ndize ndivavanye umngcipheko wamakhwiniba afumanekileyo eengxelo zemali, nokokuba kungenxa yobumenemene okanye impazamo; ukuyila nokwenza iinkqubo zophicotho zincwadi eziphendula kulo mingcipheko; kwaye ndifumane ubungqina bophicotho zincwadi obaneleyo nobufanelekileyo ukunika isiseko soluvo lwam. Umngcipheko wokungafumani izinto ezingamakhwiniba abangelwa bubumenemene uphezulu kunalowo ubangwa yimpazamo, njengoko ubumenemene bunokuquka iyelenqe, inkohliso, ushiyo lwangabom, ukujijwa kwenyani okanye ukungananzwa kolawulo lwangaphakathi
 - fumana ukuluqonda ulawulo lwangaphakathi olufanele uphicotho zincwadi ukuze kuyilwe iinkqubo zophicotho zincwadi ezifanelekileyo kwiimeko, kodwa hayi ngenjongo yokuvakalisa uluvo ekusebenzeni kolawulo lwangaphakathi lwesebe
 - vavanya ukufaneleka kwemigaqo nkqubo yocwangciso mali esetyenzisiweyo kunye nokufaneleka koqikelelo locwangciso mali kunye nobhengezo olunxulumene noko kwenziwe ligosa eliphendulayo
 - qukumabela ngokufanelekileyo kokusebenzisa kwegosa eliphendulayo isiseko senkxalabo yocwangciso mali kulungiselelo lweengxelo zemali. Ndikwaqukumabela, ngokusekelwe kubungqina obufunyenwe kuphicotho zincwadi, nokuba ngaba kukho ukungaqiniseki okukhoyo ngokunxulumene neziganeko okanye iimeko ezinokubangela ukuthandabuza okukhulu kwiSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu laseNtshona Kapa lokuqhubeka njengenkxalabo. Ukuba ndigqiba kwelokuba kukho ukungaqiniseki okukhoyo, kufuneka ndiqwalasele kwingxelo yam yophicotho zincwadi kwizibhengezo ezinxulumene noko kwiingxelo zemali malunga nokungaqiniseki kwezinto ezifumanekileyo okanye, ukuba ezo zibhengezo azonelanga, ukuguqula uluvo lwam kwiingxelo zemali. Izigqibo zam zisekelwe kwiinkcukacha endizifumanayo ngomhla wale ngxelo yomphicothi zincwadi. Nangona

kunjalo, iziganeko zexa elizayo okanye iimeko zinokubangela ukuba isebe liyeke ukusebenza njengenxalabo eqhubekayo

- vavanya inkcazo ntetho iyonke, ubume bayo kunye nomxholo weengxelo zemali, kubandakanya ubhengezo, kwaye kubonwe ukuba ingaba iingxelo zemali zimele intengiselwano kunye neziganeko ngendlela ephumeza ukuboniswa okufanelekileyo

Uthungelwano kunye nabo bamangalelwa ngorhulumento

3. Ndithethene negosa eliphendulayo malunga, phakathi kweminye imicimbi, ithuba elicwangcisiweyo nexesha lophicotho nokubalulekileyo okufunyenwe kuphicotho, kuquka nazo naziphi na iziphene ezibalulekileyo kulawulo lwangaphakathi endilubonileyo ngexesha lokuphicotha kwam.
4. Ndikwaqinisekise kwigosa eliphendulayo ukuba ndithobelene neemfuno ezisesikweni ezifanelekileyo malunga nokuzimela, nokuthungelana nabo bonke ubudlelwane neminye imiba enokuthi ibe nentsingiselo ecingelwa ukuba inomthelela ekuzimeleni kwam kwaye, apho kufanelekileyo, nokhuseleko olunxibelelanayo.

3 IINgxelo zeMali zoNyaka kunyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla wama-2018

Iziqulatho

Ingxelo yoLwabiwo	248
AmaNqaku kwiNgxelo yoLwabiwo	290
INgxelo ngendlela yokuSebenza kweMali	292
INgxelo ngoBume beMali	293
INgxelo ngoTshintsho kwii-Asethi eziShiyekileyo Assets	294
INgxelo ngoHanjiso lweMali	295
AmaNqaku kwiiNgxelo zeMali zoNyaka (kubandakanya imigaqo nkqubo yoCwangciso mali)	296
IziHlomelo	338